1. INGCACISO NGOKUBANZI ....5
2. ULUHLU LWEZISHUNQULELO/IZIFINYEZO ....6
3. INTSHAYELELO NGUSOMLOMO ....7
4. INGXELO YEGOSA ELINIKA INGXELO ....9
4.1 Uvavanyo ngokubanzi lwemisebenzi yePalamente yePhondo leNtshona Koloni ....9
4.2 Uvavanyo ngokubanzi lweziphumo zemali zePalamente yePhondo leNtshona Koloni ....11
4.2.1 Ezamkelweyo zeWCPP ....11
4.2.2 Inkqubo yeNkcitho ....12
4.2.3 ULawulo lwesiXokelelwano soNikezelo ....12
4.2.4 Izipho ezamkelweyo ezingeyomali ezivela kumaqela angahlangananga ....12
4.2.5 Ezikhululweyo nonxaxho olwamkelweyo oluvela kwiCandelo loLawulo-mali lweSizwe ....12
4.2.6 Imisitho eqhubeke emva komhla wokunikwa kwengxelo ....12
4.2.7 Uhambelwano kwiintlawulo ezenziwe kwisithuba seentsuku ezingama-30 ....12
4.2.8 Ukuvunywa/okanye uNcomo ....14
5. INGXELO YOXANDUVA NENGQINISEKISO YOKUCHANEKA KWENGXELO YONYAKA ....165
6. UVAVANYO NGOKUBANZI LWEQHINGA ....16
6.1 UMbono....16
6.2 UMnqophiso ....16
6.3 IiNqobo ezisesikweni ezingundoqo ....16
7. ISIGUNYAZISO ZOWISO-MTHETHO.... 17
7.1 IziGunyaziso zoMgaqo-siseko ....17
7.2 IziGunyaziso eziseMthethweni ....17
7.3 UMthetho weSehlo ....20
8. UBUME BOMBUTHO: WOGUNYAZIWE WOLAWULO NABALAWULI ABAPHEZULU ....23

ISIGABA B: INGCACISO YEMISEBENZI EYENZIWEYO

1. INGXELOYOMPHICOTHI ZINCWADI JIKELELE: IINJONGO EZIMISELWE KWANGAPHAMBILI ....24
2. UVAVANYO NGOKUBANZI LOMSEBENZI WE- WCPP ....24
2.1 INjongo yoqhelaniso yeQhinga 1....24
2.1.1 INjongo yeQhinga 3 ....24
2.2 INjongo yoqhelaniso yeQhinga 2....24
2.2.1 INjongo yeQhinga 1 ....24
2.2.2 INjongo yeQhinga 2 ....24
2.3 Ubume bokuhanjiswa kwenkonzo ....24
2.4 Ubume beziko ....24
3. INGCACISO YOMSEBENZI NGOKWENKQUBO ....25
3.1 INkqubo 1: Ulawulo ....26
3.1.1 INjongo ....26
3.1.2 Imisebenzi engundoqo ....26
3.1.3 IiNjongo zeqhinga ezijolise kumphumela; IiNkqutyana neeNjongo zeQhinga neMigqaliselo yeNjongo yeQhinga yoMsebenzi… ....26
3.1.4 IiMpumelelo ezishwankathelweyo ....28
3.1.5 Ukusebenza koNyaka ....31
3.1.5.1 INkqutyana: iOfisi kaSomlomo…… ....34
3.1.5.2 INkqutyana: iOfisi kaNobhala ....37
3.1.5.3 INkqutyana: yezeMali ....42
3.1.5.4 INkqutyana: ULawulo lwesiXokelelwano soNikezelo ....44
3.1.5.5 INkqutyana: ULawulo lwaNgaphakathi ....46
3.1.5.6 INkqutyana: EzaBasebenzi ....47
3.1.5.7 INkqutyana: UBuchwepheshe beTheknoloji ....49
3.1.5.8 INkqutyana: ULawulo loKhuselo neZibonelelo ....53
3.2 INkqubo 2: Izibonelelo zaMalungu namaQela ezoPolitiko ....55
3.2.1 INjongo ....55
3.2.2 IMisebenzi engundoqo ....55
3.2.3 IMigqaliselo yeNjongo yeQhinga yoMsebenzi; IiNkqutyana neeNjongo zeQhinga neMigqaliselo yeNjongo yeQhinga yoMsebenzi ....55

3.2.4 Iimpumelelo ezishwankathelweyo ........ 56
3.2.5 Ukusebenza koNyaka ........ 56
3.2.5.1 INkqutyana: Izibonelelo neenzuzo zaMalungu ........ 57
3.2.5.2 INkqutyana: AmaQela ezoPolitiko neeNkonzo zeNkxaso ........ 59
3.3 INkqubo 3: IiliNkonzo zePalamente ........ 60
3.3.1 Injongo ........ 60
3.3.2 IMisebenzi engundoqo ........ 60
3.3.3 IMigqaliselo yeNjongo yeQhinga yoMsebenzi; IiNkqutyana neeNjongo zeQhinga neMigqaliselo yeNjongo yeQhinga yoMsebenzi ........ 60
3.3.4 ISishwankathelo sokufezekisiweyo ........ 61
3.3.5 UkuSebenza koNyaka ........ 65
3.3.5.1 INkqutyana:iNkxaso kuCwangciso ........ 66
3.3.5.2 INkqutyana: iNkxaso kwiiKomiti ........ 69
3.3.5.3 INkqutyana: ukuFundiswa noFikelelo eLuntwini ........ 71
3.3.5.4 INkqutyana: iiNkonzo zoLwimi neHansard ........ 74
4. IINTLAWULO EZIKHUTSHELWEYO ........ 79
4.1 Iintlawulo ezikhutshelweyo kumaZiko angenzi nzuzo ........ 79
5. IINGXOWA-MALI ZOMNIKELO ........ 79
5.1 IiNgxowa-mali zoMnikelo ezamkelweyo zonyaka odlulileyo: ........ 79
6. UTYALOMALI LWENKUNZI ........ 79
6.1 Utyalo-mali lwenkunzi, isicwangciso solawulo nogcino lwempahla ........ 79

ISIGABA C: ULAWULO

1. INTSHAYELELO ........ 80
2. ULAWULO LOMNGCIPHEKO ........ 80
3. UBUQHINGA NORHWAPHILIZO ........ 81
4. UKUNCITSHISWA KWENGOZI YEDOLO ........ 81
5. IKHOWUDI YOKUZIPHATHA ........ 81
5.1 Amalungu ........ 81
5.2 ULawulo lwesiXokelelwano soNikezelo ........ 82
6. IMIBA YEMPILO, YOKHUSELO NEYENDALO ........ 82
7. IKOMITI YEMIGAQO ........ 83
8. IKOMITI YEPALAMENTE EYONGAMELEYO ........ 84
8.1 Report of the POC on the 2016/2017 Annual Report ........ 84
8.2 Information requested by the POC ........ 88
8.3 WCPP response to the POC recommendations ........ 88
9. ULUNGELELWANISO LWANGAPHAMBILI KWINGXELO ZOPHICOTHO-ZINCWADI ........ 89
10. IYUNITHI YOLAWULO LWANGAPHAKATHI ........ 89
11. IIKOMITI ZOPHICOTHO-ZINCWADI LWANGAPHAKATHI NOPHICOTHO-ZINCWADI ........ 90
12. INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI ........ 93

ISIGABA D: ULAWULO LWEMICIMBI YABASEBENZI

1. INTSHAYELELO ........ 95
2. IQHINGA LEMICIMBI YABASEBENZI ........ 95
3. UBUME BOMBUTHO ukuya kutsho ngomhla wama-31 kuMatshi 2018 ........ 97
4. INKCITHO ........ 98
4.1 Iindleko zabasebenzi ngokweNkqubo, 2017/18 ........ 98
4.2 Iindleko zabasebenzi ngokwamaNqanaba, 2017/18 ........ 98
4.2.1 Iindleko zabasebenzi ngokweQela laBemi, 2017/18 ........ 99
4.2.2 Iindleko zabasebenzi ngokweSini, 2017/18 ........ 99
4.3 Imivuzo, isibonelelo sokusebenza ngaphezulu kweeyure zomsebenzi, isibonelelo seZindlu kunye noNcedo loNyango ngokweNkqubo, 2017/18 ........ 99
4.4 Imivuzo, isibonelelo sokusebenza ngaphezulu kweeyure zomsebenzi, isibonelelo seZindlu kunye noNcedo loNyango ngokwamaNqanaba oMvuzo, 2017/18 ........ 100
4.5 Imivuzo, isibonelelo sokusebenza ngaphezulu kweeyure zomsebenzi, isibonelelo seZindlu kunye noNcedo loNyango

ngokwamaNqanaba oMvuzo, 2017/18 .......................................................101
5. INGQESHO NEZITHUBA EZINGAZALISWANGA .......................................................102
5.1 INgqesho nezithuba ezingazaliswanga ngokweNkqubo, 31 kuMatshi 2018: .......................................................102
5.2 INgqesho nezithuba ezingazaliswanga ngokwamaNqanaba oMvuzo, 31 kuMatshi 2018: .......................................................103
5.3 INgqesho nezithuba ezingazaliswanga ngokweMisebenzi eBalulekileyo, 31 kuMatshi 2018: .......................................................103
6. INGCACISO YENKONZO YABALAWULI ABAPHEZULU .......................................................103
6.1 Ukuzaliswa kweZithuba zeNkonzo yaBalawuli abaPhezulu: .......................................................103
7. UVAVANYO LOMSEBENZI .......................................................104
7.1 Uluhlu lwabasebenzi abazithuba zabo zihlaziyiweyo ngenxa yokuhlaziywa kwezikhundla zabo ngokovavanyo lomsebenzi: .......................................................104
7.2 Abasebenzi abamanqanaba emivuzo engaphezulu kwalawo amiselwe ngokovavanyo lomsebenzi:: .......................................................104
7.3 Uluhlu lwabasebenzi abanamanqanaba emivuzo engaphezulu kwaleyo imiselwe ngovavanyo lomsebenzi ..... .......................................................105
8. IINGUQU ZENGQESHO .......................................................105
8.1 Imilinganiselo yentengiso yonyaka ngokwenqanaba lomvuzo kwisithuba somhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018 .......................................................105
8.2 Imilinganiselo yentengiso yonyaka ngokomsebenzi obalulekileyo wesithuba somhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018.......................................................107
8.3 Izizathu ezibangela ukumka kwabasebenzi kwiWCPP .......................................................107
8.4 Ukunyuselwa kwabasebenzi ngokwemisebenzi ebalulekileyo: .......................................................107
8.5 Ukunyuselwa kwabasebenzi ngokwamanqanaba emivuzo: .......................................................107
9. UBULUNGISA ENGQESHWENI: .......................................................108
9.1 Inani elipheleleyo labasebenzi (kubandakanywa abasebenzi abalimeleyo) kwinqanaba lomsebenzi ngalinye kula alandelayo ukususela kumhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018: .......................................................108
9.2 Ukufunwa kwabasebenzi kwisithuba somhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018 .... ……….. ……..109
9.3 Ukunyuselwa kwabasebenzi kwisithuba somhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018……………….110
9.4 Ukurhoxiswa emsebenzini kwisithuba somhla woku- woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018 ………...110
9.5 Ululeko kwisithuba somhla woku- woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018 .......................................................110
9.6 Uphuhliso lwamakhonolwesithuba somhla woku- woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018:…………..111
9.6.1 Izifundo zoqeqesho ezinikezelweyo .......................................................111
9.6.2 Uncedo lokufunda olunikezelwe kwiMfundo eseSikweni .......................................................111
9.7 Ulwabiwo ngokwamaqela abemi ngomhla wama-31 kuMatshi 2018 .......................................................112
9.8 Uqulunqo ngokwesini: .......................................................113
9.9 Ubume ngokobudala: .......................................................113
10. AMABHASO OKWENZIWA KOMSEBENZI .......................................................114
10.1 Ukwanda kokwenziwa komsebenzi ngokweqela labemi, isini nokulimala, ngomhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018 ngokubhekiselele kunyaka-mali wama-2016/2017 .......................................................114
10.2 IiBhonasi zokuSebenza, zomhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018 ngokubhekiselele kunyaka-mali wama-2016/2017 .......................................................114
10.3 Ukusebenza kwiMisebenzi ebalulekileyo, kumhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018…………….115
11. ABASEBENZI BAMANYE AMAZWE .......................................................115
11.1 Abasebenzi bamanye amazwe, kumhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31kuMatshi 2018, ngokwenqanaba lomvuzo…………………………………………115
11.2 Abasebenzi bamanye amazwe, kumhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018, ngokomsebenzi ongundoqo .......................................................115
12. UKUSETYENZISWA KWEKHEFU .......................................................115
12.1 Ikhefu lokugula, kumhla woku-1 kuJanyuwari 2017 ukuya kumhla wama-31 kuDisemba 2017.......................................................115
12.2 Ikhefu lokulimala (okwethutyana nokulimala), umhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31kuMatshi 2018…………..117
12.3 Ikhefu lonyaka, umhla woku-1 kuJanyuwari 2017 ukuya kumhla wama-31 kuDisemba 2017: .......................................................117
12.4 Iintlawulo zekhefu zesithuba zomhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31kuMatshi 2018.......................................................118
12.5 Ikhefu eligcininiweyo lomhla woku-1 uEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018 .......................................................118
13. I-HIV/AIDS &NEENKQUBO ZOKUKHUTHAZWA KWEMPILO .......................................................118
13.1 Amanyathelo athatyathiweyo okunciphisa umngcipheko wokuchanatywa kumsebenzi: .......................................................118
13.2 Iinkcukacha zokuKhuthazwa kweMpilo neHIV/AIDS (2017/18): .......................................................119
14. UBUDLELWANE BABASEBENZI .......................................................119
14.1 Izivumelwano ezihlangeneyo, woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018 .......................................................119
14.2 Ukuziphatha gwenxa nokuphulaphulwa koluleko okuqukunjelweyo, komhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-

31kuMatshi 2018........................................................................................................................................ ……………….119
14.3 Iindidi zokuziphatha gwenxa eziqwalaselweyo, zomhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018…….119
**Error! Bookmark not defined.**
14.4 Izikhalazo ezingenisiweyo, kwisithuba somhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31kuMatshi 2018... ……………..120
14.5 Inkcazo engenisiweyo kumaBhunga kwisithuba somhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31kuMatshi 2018:…...120
14.6 Ugwayimbo kwisithuba somhla wo-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31kuMatshi 2018……………………………………120
14.7 Ukurhoxiswa kwamanyathelo ngenx' engaphambilikwisithuba somhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31kuMatshi 2018........................................................................................................................................ ……………...120
15. UPHUHLISO LWAMAKHONO ........................................................................................................... ……………...120
15.1 Iimfuno zoqeqesho ezichongiweyo kumhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31kuMatshi 2018....... ………………120
15.2 Uqeqesho olunikezelweyo ngomhla wo-1 kuEpreli 2017 ukuya kowama-31kuMatshi 2018............................ ………………121
16. UKWENZAKALA EMSEBENZINI ........................................................................................................... ………………121
16.1 Ukwenzakala emsebenzini, ngomhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kowama-31Matshi 2018 .......................... ………………121
17. UKUSETYENZISWA KWABACEBISI ........................................................................................................... ………………122
17.1 Ingxelo ngengqesho yabasebenzi kusetyenziswa iingxowa-mali ezabiweyo*: ................................................ ………………122
17.2 Uhlahlelo lwengqesho yabacebisi kusetyenziswa iingxowa-mali ezabiweyo, ngokuhambelana naBantu ababeVinjwe amathuba ngaPhambili (iiHDI): ........................................................................................................................................ ………………122
17.3 Ingxelo ngengqesho yabacebisi kusetyenziswa iingxowa-mali zomnikelo:........................................................ ………………122
17.4 Ukuhlahlelwa kwengqesho yabacebisi kusetyenziswa iingxowa-mali zomnikelo, ngokuhambelana naBantu ababeVinjwe amathuba ngaPhambili (iiHDI): ........................................................................................................... ………………122

ISIGABA E: INGCACISO NGEZIMALI

INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE KWIPALAMENTE YEPHONDO LENTSHONA KOLONI NGEVOTI YESI-2: IPALAMENTE YEPHONDO LENTSHONA KOLONI ................................................................................................ ………………123
IINGXELO ZEMALI ZONYAKA EZILUNGISELELWE UNYAKA OPHELA NGOMHLA WAMA-31 KUMATSHI 2018…………………129

**1. INGCACISO NGOKUBANZI**

| | |
|---|---|
| Idilesi yendawo: | Provincial Legislature Building<br>7 Wale Street<br>CAPE TOWN<br>8001 |
| Idilesi yeposi: | PO Box 648<br>CAPE TOWN<br>8000 |
| IiNombolo zomnxeba: | 021 487 1701 and 021 487 1702 |
| INombolo yefeksi: | 021 487 1674 |
| Idilesi ye-imeyile: | secretary@wcpp.gov.za |
| Idilesi yeWebhusayithi: | www.wcpp.gov.za |

**2. ULUHLU LWEZIFINYEZO**

| | |
|---|---|
| AO | IGosa eliNika iNgxelo |
| AC | IKomiti yoPhicotho-zincwadi zeMali |
| ACDP | African Christian Democratic Party |
| AGSA | uMphicothi zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika |
| ANC | African National Congress |
| AIDS | Acquired Immune Deficiency Syndrome |
| APP | ISicwangciso sokuSebenza soNyaka |
| AR | INgxelo yoNyaka |
| COPE | Congress of the People |
| DA | Democratic Alliance |
| D: ERM | ICandelo loLawulo leMingcipheko yoShishino |
| DoCS | iSebe lezoKhuseleko loLuntu |
| DoTP | iSebe leNkulumbuso |
| DTPW | iSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu |
| EFF | Economic Freedom Fighters |
| ERM | ULawulo loMngcipheko weShishini |
| ERMCO | IKomiti yoLawulo loMngcipheko weShishini |
| ERP | UCwangciso lweZibonelelo zeShishini |
| FMIP | IsiCwangciso sokuPhuculwa koLawulo |
| FMPPLA | UMthetho woLawulo lweMali yeZindlu zoWiso-mthetho zePalamente nePhondo, 2009 (uMthetho onguNombolo 10 wama-2009) |
| GRAP | IiNdlela zokuNikwa kweNgxelo eYamkelweyo ngokuBanzi |
| HDI | ABantu ababevinjwe aMathuba ngaPhambili |
| ICT | ITheknoloji yeNgcaciso noNxibelelwano |
| IFMS | INkqubo eHlangeneyo yoLawulo lweMali |
| LOGIS | INkqubo yoLungelelwaniso yeNgcaciso |
| LSS | INkxaso yeCandelo loWiso-mithetho |
| MOU | IMemorandam yeNgqiqo |
| NCOP | iBhunga leSizwe laMaphondo |
| PID | UXwebhu lokuQalisa iProjekti |
| PSRMF | IsiCwangciso-nkqubo soLawulo loMngcipheko seCandelo likaRhulumente Afrika |
| SCM | ULawulo lwesiXokelelwano soNikezelelo |
| SCOPA | IKomiti esiGxina yeeAkhawunti zikaRhulumente |
| SOP | INkqubo eSebenzayo eseMgangathweni |
| SLA | IsiVumelwano seNqanaba leNkonzo |
| TOR | IMiqathango yesiVumelwano |

**3. INTSHAYELELO NGUSOMLOMO**



Sharna Fernandez
uSomlomo

Kulilungelo elilodwa lam ukunikezela iNgxelo yoNyaka yePalamente yePhondo leNtshona Koloni yonyakamali ka 2017/18 ngokwemigaqo yecandelo 60(1) oMthetho woLawulo lweeMali zePalamente yeSizwe neziNdlu zoWiso-mithetho zaMaphondo, 2009 (FMPPLA).

Ndiyathemba ingxelo iyakunibonelela ngolwazi nokuthi niqonde iimpumelelo nemingeni egagene nayo iWCPP ngexesha lonyakamali ka 2017/18 kwakunye nokuqhubeka ekuzibopheleleni ngokubonelela ngepalamente esemgangathweni kunye nenkxaso emanyanisiweyo ukuze aMalungu azalisekise imisebenzi yawo yomgaqo-siseko.

Ngonyakamali ka 2017/18 iWCPP kwakhona ifumene uphicotho zincwadi zemali olungenachaza. Oku kubalulekile ngokukodwa njengokuba ibingunyaka wokuqala iWCPP iqulunqa iinkcazelo zemali zonyaka ezivumelana ngokupheleleyo necandelo 56(1) leFMPPLA, njengoMgaqo 8: iXabiso lee-Asethi alisenako nokusetyenziswa. Umbulelo owodwa kwiinkokheli nesitafu esibandakanyeka kuqulunqo lwenkcazelo yonyaka yemali, kwakunye nemibutho ngokubanzi, ngaphandle ngokuzibophelela nokuzimisela kulawulo olulungileyo oku bekungasoze kwenzeka ngaphandle kokusebenza ngamandla nangokusesikweni kunye nokuzibophelela kulawulo olufanelekileyo. Ndivuyisana nani kwaye nenze kakuhle!

Unyaka ka 2017/18 ubunemingeni nobunzima, noxa kunjalo ilixesha lovuseleleko eWCPP. IiProjekti ezimbini zisendleleni kungokunje, ekwakuthi xa zigqityiwe, ziyakuba nefuthe elibalulekileyo kwindlela eyakuthi iziphathe iphucule noshishino lwayo iWCPP ukuya phambili.  Enye yeeprojekti ezakuqalisa ngayo iWCPP kukusebenzisa ukongezwa komsebenzi apho iinkqubo zoshishino zayo, izibonelelo zolwakhiwo lweziko ziyakuphononongwa kwakho ukuze kufezekiswe kwenziwe ngeyona ndlela ilungileyo ukusebenza ngemfezeko.Noxa le nkqubo ingagqitywanga ekupheleni kuka-2017/18, kulindeleke ukuba isifundo siyakuqukunjelwa ngonyakamali 2018/19. IWCPP ijonge phambili ngoko ke ukuba iphucule ulwakhiwo oluya kwandisa kwkhona iinkonzo ezibonelelwa yiWCPP kowona mgangatho uphezulu. IProjekti yesibini esele iqalisile ngayo iWCPP kukuphumeza iNkqubo yoLawulo lweZibonellelo zoShishino. Ekupheleni konyak ka 2017/18, iWCPP ibikwisigaba socwangciso sokugqibela kwaye iqikelele ukuya kopapasho ngqo kwinkqubo kwiveki yokuqala kuEpreli 2018. I WCPP ingxamele ukubona iinzuzo zenkqubo ye iERP nefuthe eyakuba nalo kwindlela iWCPP ephatha ngayo ushishino lwayo ukuya phambili.

IWCPP iqhubile ngokusebenza izibandakanya kwimisebenzi yecandelo lowiso-mithetho kwaye iWCPP iyamelwa kwiintlanganiso zeLegislative Sector Support Programme Cluster.

Ngexesha lonyaka ophelileyo ukuqondisa okwenyukileyo kwenziwe ngokubaluleka nokufuneka kweenkqubo kunye neendibano zemiba enxulumene nesini. Ngexesha lonyaka ophantsi kohlolo amalungu angaMakhosikazi ePalamente yeManyano yezizwe ezinobudlelane eWCPP abe yinxalenye yeNkomfa yaMakhosikazi yeZizwe ngoAgasti 2017 kunye nencoko yaMakhosikazi ngoSeptemba 2017. IWCPP kwakhona ibambe inkqubo ngempumelelo ngoNovemba 2017 eyenzeke ngexesha elinye noququzelelo lweeNtsuku ezi 16 zokulwa nobundlobongela obujoliswe kuMakhosikazi naBantwana.

Okokugqibela ilizwi elilodwa lombulela kwiKomiti yePalamente eyoNgameleyo phantsi kosihlalo oHloniphekileyo Wiley ngendima ayidlalileyo ukuqinisekisa nokugcina ulongamela kulawulo lwemali yeWCPP. Kwakhona ndifuna ukubulela ababonelela besiqinisekiso bethu, uPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi, iKomiti yoPhicotho-zincwadi kunye noMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika, ngegalelo labo ukuqinisekisa iWCPP iyilawula kakuhle imingcipheko yayo nokuba ilawula kwaye ivumelane nowiso-mithetho olufaneleyo, imimiselo neepolisi.

Konke oko ithe yakufumanaEverything the iWCPP kunyaka ophelileyo bekungasoze kwenzeke ngaphandle kwenkxaso nokuzinikela kweqela leenkokheli nesitafu.. Ukuxabiseka kwam nombulelo onyanisekileyo uya kuSekela Somlomo, uNobhala neqela lakhe ngegalelo labo nokuzibophelela kunyaka ophelileyo. Unyaka ozayo ngokungathandabuzekiyo uzakuba neyawo imimngeni, kodwa ke ndiqinisekile sizakuzoyisa iziphazamisi kwanemingeni esakugagana nayo ngokubambisana.Siyakuqhubeka sisebenza kunye ukuqinisekisa ukuba iWCPP iyayifezekisa imbono yayo yokuba yipalamente Siyakuqhubeka sisebenza kunye ukuqinisekisa ukuba iWCPP iyayifezekisa imbono yayo yokuba yipalamente enamandla, esebenzayo nenobuchule exhasa idemokhrasi yomgaqo-siseko.

**USomlomo**
**Sharna Fernandez**
**Umhla: 21 Agasti 2018**

**4. INGXELO YEGOSA ELINIKA INGXELO**



UGqr Gilbert
Lawrence uNobhala

**4.1 Uvavanyo ngokubanzi lwemisebenzi yePalamente yePhondo**

Unyaka-mali ka 2017/18 ube neempumelelo ezininzi n nemingeni ethilef. Nangona kukho imingeni, iWCPP iyakuhlala izibbophelele ekuphumezeni iinjongo ezibekele zona.

Ngesithuba sonyaka-mali ka-2017/18 iWCPP ibe nemigqaliselo yesambuku senkqubo yokwenziwa komsebenzi ezingama-55 kunye nama-55 ekujoliswe kuko konyaka. IWCPP ifezekise ezingama-46 ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo kwisithuba sokunikwa kwengxelo ka-2017/18.

Le theyibhile ilandelayo idwelise ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka ngokuhambelana nenkqubo ze yabonisa ukuba ingaba kufezekisiwe na okanye hayi. Izizathu zeyantlukwano kwako konke ekujoliswe kuko okuthe akwafezekiswa kunako ukufunyanwa kwiSigaba B – Ingcaciso yokwenziwa koMsebenzi yale ngxelo.

| INkqubo | Inani lemigqaliselo yokwenziwa komsebenzi nekujoliswe kuko okucwangcisiweyo ngokuhambelana neAPP | Okufezekisiweyo | Akufezekiswanga okanye akufezekiswanga ngokupheleleyo |
|---|---|---|---|
| INkqubo 1: ULawulo | 36 | 30 | 6 |
| INkqubo 2: Izibonelelo zaMalungu namaQela ezoPolitiko | 3 | 3 | - |
| INkqubo 3: IiNkonzo zePalamente | 16 | 13 | 3 |
| **Zizonke** | **55** | **46** | **9** |

Ukusukela kumhla wama-31 kuMatshi 2018 iWCPP ibe nesambuku sezithuba ezivunyiweyo ezili-109 kuluhlu lwezithuba zayo, ekuthe ezibini zezikhundla (uMcebisi wezeMithetho eManyanisiweyo, iGosa lePalamente) bezingaxhaswanga ngemali yaye ezingama-103 zazaliswa.

Ngexesha lika 2017/18 iWCPP ibe nabaqeqeshwa engqeshweni abane kwingqesho yayo. Bababelwe kwezeMicimbi yaBasebenzi; uLwazi neThekhnoloji yoNxibelelwano, kunye noLwazi noNxibelelwano.

IWCPP iqhubeka ibonelela ngepalamente esemgangathweni kunye nenkxaso emanyanisiweyo ukunceda aMalungu azalisekise imisebenzi yawo yomgaqo-siseko nokuquqzelela intathonxaxheba

yoLuntu kwimiba yepalamente.

IWCPP kwakhona ifumene uphicotho zincwadi olungenachaphaza kunyakamali ka 2017/18, ngokunjalo kwakhona iibonakalisa ukuzibophelela kulawulo olulungileyo ukwenza imisebenzi yayo engundoqo ukuphumeza imbono yokuba namandla, ipalamente esebenzayo nenobuchule bokuxhasa idemokhrasi yomgaqo-siseko.

Ngo 2017/18 eyona ndawo bekugxilwe kuyo kukuphunyezwa kwenkqubo yoCwangciso lweMithombo yoShishino. IWCPP yehlelwe yimingeni yezibonelelo nemvumelwano nababonelela ngenkonzo okubangele ulibaziseko kukugqityezelwa kokuphunyezwa kwenkqubo iERP. Le miba yesivumelwano yaya yasonjululwa kwaye akukho maxabiso ongeziweyo kwiWCPP anxulumene noku. Umhla wokuba semoyeni iyakuba Epreli 2018.

IWCPP iqalise isifundo sokwandiswa kokusebenza esiqale ngexesha lekota yesithathu kunyakamali ka 2017/18. Oku kokokuqala iWCPP izakuhlola kwakhona iinkqubo zoshishino lwayo,izibonelelo kunye nobume bequmrhu oko kwango 2006.Injongo yesi senzo kukufezekisa nokuphucula ukusebenza ngenkuthalo kweeUnithi ezisebenzayo zeWCPP, kwisikhokelo sohlahlo lwabiwo-mali, ukuze ibe yipalamente yalamaxesha esimanjemanje lenkulungwane yama 21 ukuze ihambise iinkonzo ezibhetele kuMalungu.

Ngesi senzo iWCPP ifuna ukuqinisekisa ukuba njengequmrhu, inengqwalaselo, ephendulayo, ecinga ngekamva neneziphumo ezibonakalayo. IWCPP inembono yokuba isiphumo sesi senzo siyakukhuthaza ubambiswano ngakumbi kunye nendawo enenkxaso yokusebenza kwisitafu.

INtshona Koloni ijongene neyona mbalela yakhe yambi kwiminyaka emininzi. IWCPP ibe negalelo kwinkqubo yokulondoloza amanzi kwaye iye yaqinisekisa ukuba ukusetyenziswa kwamanzi kweli candela kuncitshisiwe. IWCPP ibisebenzisana neSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu ukuphumeza iphulo lokulondoloza amanzi. IWCPP, njengawo onke amasebe ephondo, iqulunqe isiCwangciso sokuQhubeka ngoShishino; lokuNqaba kwaManzi, enjongo yaso ikukunceda aMalungu ePalamente, uLawulo lweSigqeba kunye nesitafu ekwenzeni izigqibo ngokuiqiqileyo ngexesha elinokuthi lehle apho isibonelelo samanzi sisenokungafumaneki. . Esi sicwangciso siqinisekisa ukuba iiWCPP izilungiselele kwaye izakubanakho ukuphendula nokubuyela esimeni kusuka kumaxesha andisiweyo ophazamiseko lomthamo wamanzi, oko kuvumela iWCPP ukuba iqhubekeke neenkonzo zayo ezimandundu.

IMemorandam eSesikweni yokuQonda (MOU) yatyikitywa neSebe lezoKhuseleko loLuntu ngexesha lonyakamali ka 2017/18 ngokunikezela ngenkxaso yezokhuseleko kumanyelo zimvo zoluntu nakwiintlanganiso zolongamelo. IProjekti yokulinga yaqaliswa ngoOkthobha 2017, eye yayimpumelelo. ISebe lezoKhuseleko loLuntu libonelele ngenkxaso yabasebenzi bezokhuseleko abanxibe iyunifom kwizikhombisi zokungena kwindawo yendibano ngexesha lomanyelo zimvo. Akukho zehlo zixeliwe ngexesha lonyaka ophantsi kohlolo.

Ngokwemigaqo yenkxaso yenkqubo, inkqubo yokuhlaziywa kweMithetho kungokunje ikwinqanaba lokugqibela phambi kokuba isiwe kwiKomiti yeMithetho ukuze iyiqwalasele inike nengcebiso kwiNdlu ukuze iyiphumeze.

Ngokwemigaqo yemfundo yoluntu nofikelelo, iWCPP iqhubeke iphumeza amathuba oluntu ukuze lungene kwaye luthabathe inxaxheba ukwenza imithetho yayo kunye neenkqubo zolongamelo. Oku kwenzeka ngeendibano zangaphambi komanyelo-zimvo, amaphulo ezemfundo owiso-mithetho kunye nokuququzelela ubandakanyeko kumanyelo-zimvo uqobo. IWCPP iqhubeka ukuphendula kumaphulo ofikelelo eluntwini aququzelelwa licandelo lowiso-mithetho, kuquka iipalamente zamacandelo kunye nezehlo ezikhunjulwayo.

**4.2 Uvavanyo ngokutsha kweziphumo zemali zePalamente yePhondo leNtshona**

### 4.2.1 Ezamkelweyo kwiWCPP

| Ezamkelweyo | 2017/18 | | | 2016/17 | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | Uqikelelo | Isixa-mali esisiso esiqokele-lweyo | (Ngaphezulu)/nga-phantsi okuqokelelweyo | Uqikelelo | Isixa-mali esisiso esiqokelelweyo | (Ngaphezulu)/ngaphantsi okuqokelelweyo |
| | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 |
| Intengiso yempahla neenkonzo ngaphandle kwee-asethi eziyinkunzi | 5 | (67) | (62) | 5 | 62 | (57) |
| IiNtlawulo, izohlwayo, kunye neelahleko | - | - | - | - | 48 | (48) |
| Inzala, izahlulo kunye nerhente yomhlaba | 55 | 169 | (114) | 52 | 189 | (137) |
| INtengiselwano kwii-asethi eziyinkunzi | - | - | - | - | - | - |
| IiNtlawulo, izohlwayo, kunye neelahleko | - | 708 | (708) | - | 26 | (26) |
| **Zizonke** | **60** | **944** | **(884)** | **57** | **325** | **(268)** |

Ingeniso eqokelelweyo kwiWCPP ayibalulekanga yaye ayimanywanga kwingeniso eyamkelweyo evela kukupakwa kwemoto; ukuthengiswa kokutya kumaLungu; ukuthengiswa kwezipho zequmrhu; ikhomishini kwi-inshorensi; inzala kwi-akhawunti yebhanka; nokuthengiswa kwempahla endala/nephelelwe lixesha.

Umrhumo obiziweyo kukupakwa kwemoto usekwe kumgaqo-nkqubo yaye ungaphantsi kwexabiso lemarike. I WCPP igcina isahlulo semirhumo yokupaka kwemoto njengengeniso, emva kokuhlawula umrhumo ekuvunyelwene ngawo kwiSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente (DTPW).

Amalungu eWCPP ahlawulela izidlo ezilungiswe ngumnikezeli wenkonzo yokutya ekwindawo yokusebenza, eyenye yomthombo wengeniso. Izidlo zamaLungu arhuma ngokweSikhokhelo seZibonelelo zamaLungu esithe samkelwa yiKomiti yemiGaqo kunye noSomlomo.

I WCPP ibhengeza ingeniso kwinzala eyamkelweyo kumncono webhanka.

**4.2.2 Inkcitho yeNkqubo**

| Igama lenkqubo | 2017/18 | | | 2016/17 | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | Ulwabiwo lokugqibela | Inkcitho eyiyo | Inkcitho (Ngaphezulu)/ngaphantsi | Ulwabiwo lokugqibela | Inkcitho eyiyo | Inkcitho (Ngaphezulu)/ngaphantsi |
| | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 |
| Ulawulo | 64 822 | 59 213 | (5 609) | 61 769 | 55 228 | (6 541) |
| Izibonelelo zamaLungu namaQela | 47 865 | 46 526 | (1 339) | 44 238 | 43 035 | (1 203) |
| IiNkonzo zePalamente | 25 028 | 24 805 | (223) | 23 314 | 22 479 | (835) |
| **Iyonke** | **137 715** | **130 544** | **7 171** | **129 321** | **120 742** | **(8 579)** |

Kunyaka-mali ka 2017/18 kubekho inkcitho engaphantsi yezigidi R7 171.

**Ekhutshelweyo**

Isixa-mali sezigidi ezi R7, 171 (ephathelelene nenkcitho engaphantsi kwiingxowa-mali ezivotelweyo) kunye nesixa-mali sama-R892 000 (ephathelelene nokuqokelelwa okungaphezulu kwengeniso yayo) samkelwa okokuba sikhutshelwe.

**Ukukhutshelwa kwemali ebikuhlahlo-mali lwenye iNkqubo isiwe kwenye (iVayamenti)**

Akubangakho kukhutshelo kwemali ebikuhlahlo lwabiwo-mali lwenye inkqubo isiwe kwenye ngesithuba sovavanyo.

**INkcitho engafanelekanga, engenanzuzo, eneendleko kunye nengagunyaziswanga**

Akukho zindululo zamaxabiso zibongoziweyo ezifunyenweyo okanye eziqukunjelweyo kunyakamali ka 2017/18.a.

### 4.2.3 ULawulo lwesiXokelelwano soNikezelo (SCM)

ULawulo lwesiXokelelwano soNikezelo (SCM) ngumsebenzi ohlangeneyo oqwalasela ucwangciso, ukufunyanwa (okanye ukuthengwa) ukumiselwa kwempahla neenkonzo ezilungiselelwe iWCPP kummandla wowiso-mithetho.

Indima yeSCM yanda isuka ekuncedeni ngeenkcukacha zempahla okanye iinkonzo ezidingekayo, ngokusetyenziswa kwethenda nenkqubo yokufunwa kwexabiso kokwamkelweyo nokunikezelwa kwempahla yaye, apho impahla idingekayo ukulungiselela iinjongo zokufakwa kuluhlu lwempahla, ukugcinwa kwayo nokukhutshwa ukulungiselela ukusetyenziswa.

Umsebenzi wolawulo lwesivumelwano uhlala kwiSCM. Icandelo lilawula ze libek'iliso kuhambelwano nokusebenza kwesivumelwano. Kulo mba iSCM ibonelela ngengxelo S41 (imfuneko ye FMPPLA) yekota kwiGunya leSigqeba. ISCM iphinda iququzelele ulawulo lweeasethi zoluntu kunye nokulahla kwayo okulandelayol, xa kuyimfuneko, lo gama igcine iminqophiso nemigangatho emiselweyo.

Ngokwemigaqo yamalungiselelo ethutyana oguqulo eFMPPLA, uMgaqo 8 awusasebenzi kwaye, kuloko, zonke iiasethi zaxatyiswa ngokwemigaqo yeendleko zayo (okanye ngendleko ekubonwa ifanele oko, aphoi indleko zangaphambili bezingafumaneki) ukulungiselela irejista yeasethi ehambelana noGRAP.

### 4.2.4 Izipho ezamkelweyo ezingeyiyo imali ezivela kumaqela anganxulumananga

Akukhange kubekho zipho ezamkelweyo ezingeyiyo imali ezivela kumaqela anganxulumananga kwisithuba sonyaka-mali ka 2017/18.

### 4.2.5 Ezikhululweyo nezinxaxhileyo ezamkelweyo ezivela kwiCandelo loLawulo-mali

Azikho.

### 4.2.6 Imisitho emva komhla wokunikwa kwengxelo

Akubangakho misitho ebalulekileyo ethe yaqhubeka emva kokuphela konyaka-mali ukuya kumhla wolwamkelo lweengxelo zemali zoNyaka.

### 4.2.7 Uhambelwano kunye neentlawulo zeentsuku ezingama-30

Ngexesha lika 2017/18, ii-invoyisi ezintandathu, zibangele ixabiso elandileyo lama R78 048,90

eentlawulo ezenziwe sekudlule iintsuku ezingama 30. Uninzi lwezi zehlo lunxulumene nenkqubela yoqhagamshelwano nabanikezeli beenkonzo ukufumana ingcaciso nesisombululo kwizixamali ezikwi-invoyisi nokusilela kwenkonzo.

Unobangela wezi zehlo waphandwa ze wafunyanwa, ze amanyathelo olungiso nolawulo olwangezelelweyo, (apho kukho imfuneko), amiliselwa ukuthintela ukuphindwa kwezehlo ezinjalo.

**4.2.8 Ukuvunywa / nokuNcoma**

Ndithanda ukubulela uSomlomo, uSharna Fernandez, kunye noSekela Somlomo, uPiet Pretorius, ngenkxaso yaye nesikhokhelo. Umbulelo owodwa kwiqela lolawulo nakubasebenzi beWCPP ngenxa yokusebenza nzima okungaguqukiyo.

**IGosa eliNika iNgxelo**
**Gilbert Lawrence**
**Umhla: 21 Agasti 2018**

**5. INGXELO YOXANDUVA NENGQINISEKISO YOKUCHANEKA KWENGXELO YONYAKA**

Ngokolwazi lwam nenkolo, ndiyaqiniseka oku kulandelayo:

- Yonke ingcaciso nezixa-mali ezibhengeziweyo kuyo yonke ingxelo yonyaka zichanekile;
- Ingxelo yonyaka iphelele, ichanekile yaye ayinazinto zishiyelelweyo;
- Ingxelo yonyaka ilungisiwe, apho kufanelekileyo kwiWCPP,ngokuhambelana nezikhokhelo kwiingxelo zonyaka njengoko zikhutshwe liCandelo loLawulo-mali leSizwe;
- Iingxelo zemali zonyaka (iSigaba E) zilungisiwe ngokuhambelana nemigangatho yeGRAPnjengoko kuchaziwe licandelo 56 (1) leFMPPLA 2009 (uMthetho onguNombolo 10 ka-2009);
- IGosa eliNika iNgxelo libe noxanduva lokuqulunqa iingxelo zemali zonyaka kunye nezigwebo ezenziweyo kule ngcaciso;
- IGosa eliNika iNgxelo libe noxanduva lokuseka, nokumilisela inkqubo yolawulo lwangaphakathi oluthe lwayilelwa ukunika iingqinisekiso ezifanelekileyo ngemfezeko nokuthembeka kwengcaciso yomsebenzi, ingcaciso yemicimbi yabasebenzi kunye neengxelo zemali zonyaka; yaye
- Abaphicothi-zincwadi bangaphandle baqhagamshelwe ukuba banike imbono ezimeleyo ngeengxelo zemali zonyaka.

Ngokwembono yam, ingxelo yonyaka ibonakalisa imisebenzi, ingcaciso yomsebenzi, ingcaciso yemicimbi yabasebenzi kunye nemicimbi yemali yeWCPP ukulungiselela ukuphela konyaka-mali ka-31 kuMatshi 2018.

Othembekileyo

**IGosa eliNika iNgxelo**
**Gilbert Lawrence**
**Umhla: 21 Agasti 2018**

## 6. UVAVANYO NGOKUBANZI LWEQHINGA LOKUSEBENZA

### 6.1 UMbono

IPalamente evuselelayo, esebenzayo nefanelekileyo exhasa umgaqo-siseko wedemokhrasi.

### 6.2 UMnqophiso

Ulawulo lwepalamente luya kunikezela ngepalamente elungileyo nenkxaso emanyeneyo ukunceda amaLungu okokuba afezekise imisebenzi yawo yomgaqo-siseko nokuququzelela ubandakanyeko loluntu kwimisebenzi yepalamente:

- Ngokunikezela ngenkxaso efanelekileyo kwiNdlu yoWiso-mthetho;
- Ngokukhuthaza ilungelo lokufumana nokubandakanywa koluntu ekuqulunqweni komthetho nakwiinkqubo zokongamela;
- Ngokuqiniseka ngonxibelelwano olufanelekileyo kunye nabo bonke abachaphazelekayo;
- Ngokuqinisekisa ngeenkqubo zepalamente ezilungelelanisiweyo;
- Ngokutyalwa kwemali kubasebenzi abanamakhono afanelekileyo;
- Ngokunikezela ngobume obukhuselekileyo obuthi bulungele ukuxhotyiswa nokuncedwa kwamaLungu nabasebenzi;
- Ngokumiliselwa nokuhambelana neenkqubo zolawulo lwequmrhu olulungileyo neendlela zokubekwa kweliso; kunye
- Nangokulawula kwezibonelelo ngokufanelekileyo, ngokulungileyo nangokunoqoqosho.

### 6.3 IiNqobo ezisesikweni ezingundoqo

Kwimigudu yenkonzo esulungekileyo neendlela ezibalaseleyo zokusebenza abezoLawulo balandela ezi Nqobo ezisesikweni ezingundoqo zilandelayo:

**Ukuba selubala**: iWCPP emele uluntu lweNtshona Koloni, iza kuba selubala ngemisebenzi yayo nakwindlela yogcino-nkcukacha zayo. I WCPP inxibelelana ngendlela eselubala nekhethekileyo.

**Imfezeko:** I WCPP izibophelele kwintsulungeko yemisebenzi yayo, iinkqubo zayo, indlela yokuziphatha nendlela yokuphatha amahlakani entsebenziswano, ngaphakathi nangaphandle.

**Ukusebenza ngokusesikweni**: I WCPP izibophelele kwintsulungeko yemisebenzi yayo, kuthatho-zigqibo okusekelwe kulwazi nakwindlela yokuziphatha esesikweni ngokunika iingcebiso neenkonzo ezikudidi oluphezulu. I WCPPizamela ukusebenza ngesiseko semithetho yenkqubo ezinzileyo nesekiweyo, ngenyani, ngengqiqo namava.

**Ukungabi namkhethe**: I WCPP izama ukugcina isiko layo lokungabi namkhethe xa isenza imisebenzi yayo ngokuthi ingabi nadolo ngakwiqela elithile.

**Intsulungeko:** IWCPP izimisele ukuqinisekisa ukuba inikezela ngenkonzo esulungekileyo ngokuthi isebenzise izibonelelo zayo ngendlela efanelekileyo neyongayo.

## 7 IZIGUNYAZISO KUNYE NEZINYE ZOWISO-MITHETHO

### 7.1 IZigunyaziso zoMgaqo-siseko

Ezona njongo ziphambili zePalamente yePhondo leNtshona Koloni zisekelwe kwezi zigunyaziso zomgaqo-siseko zilandelayo:

**(i) UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996**

Izindlu zowiso-mthetho zephondo zisekwe ngokweSahluko 6 soMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996 ("uMgaqo-siseko").

(a) ICandelo 114 (1) loMgaqo-siseko linikezela ngamagunya okuqulunqa imithetho yezindlu zowiso-mthetho zephondo.

(b) ICandelo 114 (2) linikezela okokuba izindlu zowiso-mthetho zinikezele ngeendlela zephondo–

- Zokuqinisekisa ngento yokuba amaqumrhu esigqeba ephondo karhulumente anika ingxelo kuyo; yaye
- Zigcina ubeko-sweni kulo naliphi na iqumrhu lephondo likarhulumente kunye nokusebenzisa amagunya esigqeba sephondo kwiphondo, kuquka ukumiliselwa kwemithetho.

(c) ICandelo 115 loMgaqo-siseko libonelela, phakathi kokunye ngokukhuphela kweepalamente zamaphondo imisila yengwe nawuphi na umntu ukuba avele phambi kwayo anike ubungqina; ifune ukuba nawuphi na umntu okanye iqumrhu lephondo ukuba linike ingxelo kuyo; yamkele amaxwebhu ovakaliso-zimvo, izingeniso okanye ufako-ngxelo kubo nabaphi abantu abanomdla okanye amaqumrhu.

(d) ICandelo 116(1) loMgaqo-siseko linika iipalamente zamaphondo amagunya okuthatha izigqibo nokulawula izicwangciso zazo zangaphakathi neenkqubo inike izigqibo nemiyalelo malunga nokusebenza kwayo ithathela ingqalelo idemokhrasi yokumelwa koluntu nokuthatha kwalo inxaxheba, inkathalo, ukungabinamfihlo nokubandakanywa koluntu.

*IMithetho eSisigxina yePalamente yePhondo leNtshona Koloni*, njengoko ilungiswa kumaxesha ngamaxesha, inika ingcaciso kumagunya ewanikezelweyo licandelo le-116(1) loMgaqo-siseko.

(e) ICandelo 117 loMgaqo-siseko liquka phakathi kokunye, amaqithiqithi alunge kumaLungu ePalamente yePhondo. Ngokuqaphela ilungelo lokuzithethela malisetyenziswe nemicimbi yendlu yowiso-mithetho.

(f) ICandelo 118 loMgaqo-siseko linika uxanduva iipalamente zamaphondo lokuba ziququzelele intatho-nxaxheba yoluntu kuwiso-mithetho nezinye iinkqubo zayo zowiso-mthetho kwanokuba yenze umsebenzi wayo ngendlela ethembakeleyo ngokuthatha amanyathelo afanelekileyo.

**(ii) UMgaqo-siseko weNtshona Koloni, 1997**

INtshona Koloni kuphela kwephondo elinoMgaqo-siseko walo. Ngokuxhomekeke kuMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996 ngowona mthetho uphezulu eNtshona Koloni.

UMgaqo-siseko wePhondo ubonelela ngowiso-mithethooluthile olucacileyo nolwakhiwo lolawulo

olwahlukileyokulwakhiwo oluthile kuMgaqo-siseko. Umzekelo:

a. ICandelo 9(1) loMgaqo-siseko wePhondo ubhekiselela kwindlu yowiso-mthetho yephondo leNtshona Koloni njengePalamente yePhondo leNtshona Koloni, yaye icandelo le-13 linikezela ngento yokuba iPalamente yePhondo iqulunqwe ngamalungu angama-42;

b. Apho icandelo 111(1) loMgaqo-siseko ubonelela ngento yokokuba indlu yowiso-mthetho kufuneka inyule uSekela Somlomo, icandelo 20(3) loMgaqo-siseko wePhondo ulwenza unyulo lweSekela Somlomo wePalamente yePhondo lube lolokuzithandela; yaye

c. ICandelo 42 loMgaqo-siseko wePhondo libhekiselele kuBaphathiswa bePhondo ngeli thuba icandelo le-132 loMgaqo-siseko ubhekiselela kumalungu eBhunga loLawulo.

### 7.2 IZigunyaziso ngokoMthetho

IiNjongo zePalamente yePhondo leNtshona Koloni zisekelwe kwezi zigunyaziso ngokomthetho zilandelayo:

**(i) UMthetho woLawulo lweMali yePalamente neziNdlu zoWiso-mthetho zePhondo, 2009**

Lo Mthetho ulawula ulawulo lwemali yePalamente kunye neyezindlu zoWiso-mthetho, nokongamela ulawulo lwemali yePalamente nezindlu zowiso-mthetho zephondo.

**(ii) UMthetho ulawula lwemali yePalamente kunye neyezindlu zoWiso-mthetho, nokongamela ulawulo lwemali yePalamente nezindlu zowiso-mthetho zephondo, uMthetho wesi-9 ka-2009**

Lo Mthetho umisa imigaqo yolawulo lwemali yePalamente ze ubonelele ngemimiselo nemigqaliselo yolawulo lweemali zezindlu zowiso-mthetho zamaphondo.

**(iii) UMthetho weNkqubo zoGunyaziso zePhondo, uMthetho, 2008**

Lo Mthetho ubonelela ngenkqubo efanayo kwizindlu zowiso-mthetho zephondo ukuzinikezela amagunya okuvota egameni lazo kwiBhunga leSizwe lamaPhondo.

**(iv) UMthetho wamaNgqina weNtshona Koloni, 2006**

Lo Mthetho ucacisa iinkqubo zokukhutshelwa kwamangqina imisila yengwe ukuze avele phambi kweeKomiti okanye kwiNdlu yoWiso-mthetho.

**(v) UMthetho weZibongozo weNtshona Koloni, 2006**

Lo Mthetho ubonelela uluntu ukufaka izibongozo zalo kwiPalamente yePhondo nokuhlelwa kwamaxwebhu ezibongozo yiPalamente yePhondo.

**(vi) UMthetho wePhondo leNtshona Koloni wamaGunya, amaLungelo oMthetho weNdlu yoWiso-mthetho, 1995**

Lo Mthetho, njengoko ulungisiwe, ujongene nokuqeshwa kwaBasebenzi nokumisela imivuzo nguSomlomo.

**(vii) UMthetho wamaGunya, amaLungelo neNkululeko yePalamente yeNdlu yoWiso-mthetho yePhondo, 2004.**

Lo Mthetho ucacisa amacandelo ePalamente nezindlu zowiso-mthetho yephondo ze uchaze amagunya, amalungelo nenkululeko yePalamente nezindlu zowiso-mthetho zePhondo.

**(viii) UMthetho weNdlela yokuZiphatha wePalamente yePhondo leNtshona Koloni, 2002**

Lo Mthetho uxhasa icandelo 27 loMgaqo-siseko wePhondo ngokubonelela ngokumiswa koMgaqo wokuZiphatha olawula ukuziphatha kwamaLungu ePalamente yePhondo. INdlela yokuZiphatha elungiselelwe amaLungu ePalamente yePhondo leNtshona Koloni imiselwe kulo Mthetho.

**(ix) UMthetho weeLwimi zePhondo leNtshona Koloni,1998**

Lo Mthetho ubonelela ngokusetyenziswa kweelwimi ezintathu ezisesikweni zePhondo, isiBhulu, isiNgesi nesiXhosa yiPalamente yePhondo.

**(x) UMthetho weNtlawulo yeMivuzo yabaneZikhundla kwiOfisi kaRhulumente, 1998**

Lo mthetho wephondo obonelela ngesikhokelo sokumiselwa kwemivuzo nezibonelelo, zababambe izikhundla zikarhulumente.

**(xi) UMthetho wokuMiselwa kwaBathunywa (beBhunga leSizwe lamaPhondo), 1998**

Lo Mthetho wenza amalungiselelo okuzalisa izithuba ezivulelekileyo kubathunywa abasisigxina kwiBhunga laMaphondo leSizwe.

**(xii) UMthetho woNyulo, 1998**

Lo Mthetho ubonelela kunyulo lweNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe, zamaphondo kunye namabhunga oomasipala.

**(xiii) UMthetho weKhomishoni eziMeleyo yeNtlawulo yeMivuzo yabaneZikhundla eOfisini, 1997**

Lo Mthetho ubonelela ngokumiselwa kweKhomishoni yokwenza izindululo eziphathelele kwimivuzo, izibonelelo namaqithiqithi amalungu asezikhundleni.

**(xiv) UMthetho (weZithuba zaBathunywa abasiSigxina) beBhunga leSizwe lamaPhondo, 1997.**

Ukwenza amalungiselelo okuzalisa izithuba ezivulekileyo kubathunywa abasisigxina kwiBhunga laMaphondo leSizwe.

**(xv) UMthetho weNdawo enguNdoqo yeSizwe, 1980**

Lo Mthetho ubonelela ngokuchongwa kweendawo eziphambili esizweni kwanokugadwa kwezo ndawo. IPalamente yePhondo leNtshona Koloni, esenombolo 7 Wale Street, eKapa, yabhengezwa njengendawo engundoqo nguMphathiswa wamaPolisa.

**7.3 IMithetho efanelekilyo yamatyala**

Ezi zigwebo zilandelayo zibe nempembelelo ebonakalayo kwingcaciso yomgaqo-siseko nezigunyaziso zePalamente yePhondo.

**(i) Ukuqinisekiswa koMgaqo-siseko weNtshona Koloni 1997 [1997] ZACC 8 nokuQinisekiswa kwesiCatshulwa eseNziwe iZilungiso zoMgaqo-siseko weNtshona Koloni, 1997 [1997] ZACC 15**

Ezi zigwebo zifikelele ekuqinisekisweni koMgaqo-siseko wePhondo yiNkundla yoMgaqo-siseko.

**(ii) Doctors for Life International v uSomlomo weNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe nabanye (CCT 12/05)**

Esi sigwebo sijongene nenkcazelo yecandelo 118(1)(a) loMgaqo-siseko, nomsebenzi wendlu yowiso-mthetho yephondo ukuququzelela ukubandakanywa koluntu kwinkqubo ezisemthethweni nezinye zendlu yowiso-mthetho.

**(iii) UMthetho oSayilwayo iEx parte President of the Republic of South Africa: In re Constitutionality of the Liquor Bill2000 SA 732 CC**

Esi sigwebo sithathela ingqalelo umsebenzi weShedyuli 5 yamandla awodwa ezindlu zowiso-mthetho zamaphondo ngokukunika koMgaqo-siseko amagunya owiso-mithetho, sithathela ingqalelo ngakumbi umba umda onokuthathwa yimithetho yesizwe kula magunya amaphondo.

**(iv) Lindiwe Mazibuko, MP, iNkokeli yeQela eliPhikisayo kwiNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe v Max Vuyisile Sisulu, MP, uSomlomo weNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe nabanye [2013] ZACC 28**

IKweli tyala iNkundla yoMgaqo-siseko yema kwinto yokokuba indlu yowiso-mthetho kufuneka ichase amalungelo nezigunyaziso ezikhutshwe nguMgaqo-siseko yaye kufuneka ubonelele xa kuthe kwajongelwa phantsi amalungelo omgaqo-siseko kwindlu yowiso-mthetho mithetho yendlu yowiso-mthetho ayinakho ukubhangisa nokwenzela nzima ilungelo lomgaqo-siseko lamalungu.

**(v) Mario Gaspare Oriani-Ambrosini, MP v Maxwell Vuyisile Sisulu, uSomlomo weNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe ZACC27 [2012]**

Kwesi sigwebo iNkundla yoMgaqo-siseko ibambe into yokokuba indlu yowiso-mthetho ayinakuwanyina amagunya elungu ngalinye (elangasese) laloo ndlu yowiso-mthetho ukuba lingenise umthetho kuloo ndlu yowiso-mthetho.

**(vi) Mosiuoa Lekota kunye naBanye v noSomlomo weNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe naBanye (iNkundla ePhakamileyo) INombolo yeTyala: 14641/12**

Esi sigwebo sasijongene, kwasekuqaleni, nonyino olubekwe kwinkululeko yamalungu yokuthetha yemithetho yendlu yowiso-mthetho yaye, kwimeko elandelayo, ngonyino yokongama kwejaji kwizindlu zowiso-mthetho.

**(vii) INkulumbuso: IPhondo laseLimpopo v uSomlomo: iNdlu yoWiso-mthetho yePhondo nabanye ZACC 25 [2011]**

Esi sigwebo sijongene necandelo 104 loMgaqo-siseko kubume bekhono lezindlu zowiso-

mthetho zephondo ekulawulweni kwemicimbi yazo yemali.

**(viii) Stephen Segopotso Tongoane nabanye v noMphathiswa wezoLimo neMicimbi yeNdalo nokuyiNgqongileyo nabanyeCCT 100/09 [2010] ZACC 10**

Isigwebo siqinisekisa into yokuba nawuphi na uMthetho oSayilwayo ochaphazela iphondo ngokuvisayo kufuneka umiselwe ngokwemigaqo echazwe kwicandelo 76 loMgaqo-siseko.

**(ix) INkulumbuso yeNtshona Koloni nabanye v iKomishini yezoNyulo nabanye 1999 (11) BCLR 1209 CC**

Kwesi sigwebo iNkundla yoMgaqo-siseko ithe iPhondo linakho ukumisela inani lamalungu ezindlu zowiso-mthetho zalo kuMgaqo-siseko wephondo.

**(x) USomlomo weNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe v noPatricia de Lille, MP nabanye (INkundla yeZibheno) case no: 297/98**

Inkundla igqibe ekubeni ilungelo lokuthetha ngokukhululekileyo kwindlu yowiso-mthetho lisenokunyinwa yimigaqo nemiyalelo yendlu yowiso-mthetho, kuthathelwa ingqalelo ukuba unyino olo lufanelekile na kubameli nakwintatho-nxaxheba kulawulo lwentando yesininzi, kuthatho loxanduva nasekubandakanyeni uluntu.

**(xi) Economic Freedom Fighters v uSomlomo weNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe nabanyeCCT 143/15**

Kweli tyala iNkundla yoMgaqo-siseko yafumanisa ukuba amacandelo okanye imiqathango esentyenziswe yindlu yowiso-mthetho yokuba namandla okongamela amacandelo olawulo karhulumente kufuneka amiselwe yindlu yowiso-mthetho ngokwayo, kodwa loo miqathango injalo kufuneka ngenyani ibe yeyokongamela.

**(xii) Democratic Alliance v uSomlomo weNdlu-mthetho yeSizwe nabanye CCT 86/15**

Kweli tyala iNkundla yoMgaqo-siseko yafumanisa ukuba icandelo 11 lamaGunya, amaLungelo noMthetho wokungaChukunyiswa wePalamente neZindlu zoWiso-mthetho zePhondo, ka-2004, onika igunya lokubanjwa kwamalungu athe abangela okanye athabatha inxaxheba kwisidube-dube kwiNdlu yoWiso-mthetho, ayikho mthethweni. INkundla yafumanisa ngokunjalo into yokokuba ilungelo lamaLungu lokuthetha phandle linakho ukunyinwa kuphela yimithetho nemigaqo yendlu yowiso-mthetho.

**(xiii) Andries Molapi Tlouamma nabanye v uSomlomo weNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe nabanye (iNkundla yamatyala ePhakamileyo yaseNtshona Koloni) iNombolo yetyala: 3236/15**

Kweli tyala iNkundla iqwalasele isicwangciso-nkqubo somgaqo-siseko nesisemthethweni apho izindlu zowiso-mthetho zaseMzantsi Afrika zisebenza phantsi kwawo; igoca-goce ingqikelelo yolwahlulo lwamagunya; iqwalasele amagunya enkundla ngokuhambelana nomthetho-siseko wokungaphazanyiswa ngamanye amacandelo karhulumente kwiinkqubo zepalamente; ze yahlahlela igalelo le-Ofisi kaSomlomo kumthetho woMzantsi Afrika.

**(xiv) UDM v Speaker uSomlomo weNdlu yoWiso-mthetho nabanye (iNkundla yoMgaqo-siseko) INombolo yetyala: CCT 89/17**

Kweli tyala inkundla iqwalasele ukustyenziswa kwebalothi esidlangalaleni okanye ibe yimfihlo ePalamente.

**(xvi) IPrimedia Broadcasting (Pty) Ltd nananye v uSomlomo weNdlu yoWiso-mthetho nabanye (iNkundla ePhakamileyo yeZibheno) iNombolo yetyala: 784/2015**

Kweli tyala inkundla iqwalasele imithetho-siseko neempawu zentsulungekho ezixhasa iingxoxo zamalungelo oluntu kwiPalamente evulelekileyo.

**(xvii) Land Access Movement of South Africa nabanye v uSihlalo weBhunga leSizwe laMaphondo nabanye (iNkundla yoMgaqo-siseko) iNombolo yetyala: CCT 40/15**

Kweli tyala inkundla iqwalasele ukungabikho mthethweni kwamaxesha amiselweyo ashunquliweyo kwintathonxaxheba yoluntu.

**(xviii) Marius Llewellyn Fransman v uSomlomo wePalamente yePhondo leNtshona Koloni nabanye (iNkundla ePhakamileyo yaseNtshona Koloni) iNombolo yetyala: 13097/2014**

Kweli tyala inkundla ifumanise ukuba ayikokweejaji ukumisela amalungiselelo angaphakathi, eenkqubo nokuqhuba kwendlu yowiso-mithetho, kodwa ke le miba ibekelwe uMgaqo-siseko ukumisela izindlu zowiiso-mithetho ngokwazo. INkundla ifumanise kwakhona ukuba iinkqubo zekomiti yepalamente azihloleki kwisenzo sokuphatha phantsi koMthetho wokuPhakanyiswa koLawulo loBulungisa obizwa ngokuba yiPromotion of Administrative Justice Act, 2000.

## 1. INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE: IINJONGO EZIMISELWE KWANGAPHAMBILI

UMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika ngokwakaloku nje uqhuba iinkqubo ezithile zophicotho-zincwadi kwingcaciso yokwenziwa komsebenzi ukulungiselela ukunikezela ingqinisekiso ngohlobo lwezigqibo zophicotho-zincwadi. Izigqibo zophicotho-zincwadi ngendlela yokusebenza kuthelekiswa neenjongo ezimiselwe kwangaphambili ibandakanyiwe kwingxelo eya kulawulo, nokufunyenweyo okuchazwe phantsi kwesihloko iiNjongo eziMiselwe kwangaPhambili kwingxelo kwelinye icandelo elisemthethweni neemfuno ezilawulayo zeNgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele.

Khangela kwiphepha lama-98 iNgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele, epapashwe njengeCandelo E: iNgcaciso yeMali.

## 2. UVAVANYO NGOKUBANZI LOMSEBENZI WE-WCPP

Unyakamali ka 2017/18 ibe ngunyaka wesithathu wesiCwangciso –Qhinga sePalamente yePhondo leNtshona Kolonifi 2015/16 ukuya 2019/20. Ukulandela imbono yayo yokuba ivuselele, , isebenze ifanelekile ixhasa umgaqo-siseko wedemokhrasi, iWCPP imise iziphumo zobuchule ezimbini ezinenjongo yoqhelaniso neenjongo zobuchule ezintathu ezizezia:

### 2.1 INjongo yoqhelaniso kobuChule 1:

*Ukubonelela ngeenkqubo ezisebenzayo nenkxaso enxulumene noko kuMalungu, iikomiti, iNdlu ukwenza imithetho, ukhokelo lolongamelo nokuququzelela intathonxaxheba yoluntu*

Esi siphumo sobuchule sinenjongo yoqhelaniso sinxulumaniswe kwiNkqubo 3: iiNkonzo zePalamente.

#### 2.1.1 INjongo yobuchule 3:

Ukunyusa ukusebenza kunye neenkqubo ngexesha elililo nenkxaso enxulumene noko.

### 2.2 INjongo yoqhelaniso kobuChule 2:

*Ukuphumeza ulawulo oluphilileyo nokuphucula inkxaso emanyanisiweyo yobuchule*

Esi siphumo sobuchule sinenjongo yoqhelaniso sinxulumaniswe kwiNkqubo 1: Ulawulo nenkqubo 2: Izibonelelo zaMalungu namaQela ezoPolitiko.

#### 2.2.1 INjongo yobuchule 1:

Ukunyusa ulawulo oluphilileyo ngokusekwa kwezakhiwo, iinkqubo nokuqhuba okuvumelana nowiso-mithetho nemigaqo enxulumene noko.

#### 2.2.2 INjongo yobuchule 2:

Ukuphucula iinkonzo kwababandakanyekayo ngokubonelelea ngenkxaso yobuchule ngokuphumeza umanyaniso kunye nobambiswano olunamandla kunye neenkqubo zepalamente neendlela zokusebenza.

### 2.3 Ubume bokunikezelwa kwenkonzo

IWCPP inikwe igunya nguMgaqo-siseko ukuba yenze ulongamelo kwiSigqeba, yenze imithetho, iququzelele intathonxaxheba yoluntu kwimisebenzi yayo. Kulo mba, ulawulo lubonelele ngeenkqubo nenkxaso enxulumene noko kuMalungu, kwiikomiti nakwiNdlu.

Ngokunxulumene nolongamelo, ulawulo luxhase iintlanganiso zekomiti, utyelelo lolongamelo kunye, nokuhlala kweNdlu, imibuzo, izipahakamiso nemibuzo yoqhawuliso.

Ngokunxulumene nokwenziwa komthetho, ulawulo lubonelella ngenkxaso ngokumayela nowiso-mithetho kwizindlu zowiso-mithetho zephondo neyesizwe, okuquke nomanyelo zimvo zoluntu.

Ngakwicala lobandakanyo loluntu, iPalamente yePhondo leNtshona Koloni yongeze iinkqubo eziliqela ukuquka abantu bePhondo kwiinkqubo zayo zowiso-mithetho.

Oku kuquka ukiufundiswa koluntu ngendlela esebenza ngayo ipalamente, indlela yokwenza ingenelo kwanokwenza isikhalazo ngesimangalo. Bekusebenzisa kakhulu oku kumaphulo ecandelo.

**2.4 Ubume beziko**

UNobhala nabasebenzi beWCPP baqeshwa ngokwemiqathango yoMthetho oyi*Western Cape Law on the Powers and Privileges of the Provincial Legislatur*e, 1995 (uMthetho 3 ka 1995).

UNobhala uqeshwe ngesivumelwano sexesha elimiselweyo. ISithuba sikaSekela Nobhala: weeNkonzo zeNkqubo sisavulelekile (iGosa eliyiNtloko yePalamente libambe kwesi sithuba kwade kwangumhla wama 31 Janyuwari 2018).

IZithuba eseGosa eliyiNtloko yePalamente noManejala: weMfundo yoLuntu noFikelelo ziye zavuleleka ukusukela ngo 1 Februwari 2018 kunye 15 Matshi 2018 ngokwahluka-hlukeneyo.

IWCPP kungoku nje ihlola ulwakhiwo lweziko lalo kwaye le nkqubo iyakuqukunjelwa kunyakamali 2018/19.

# 3. INKCAZELO NGOKWENZIWA KOMSEBENZI NGOKWENKQUBO

## 3.1 INkqubo 1: ULawulo

### 3.1.1 INjongo

INjongo yale nkqubo lulawulo lobuchule lweli ziko nokubonelela ngeenkonzo zenkxaso ezisemgangathweni kwiWCPP.

### 3.1.2 IMisebenzi engundoqo

- Ukwenza imisebenzi ngokwemigaqo yezibonelelo ezimiswe ngokomthetho ezinxulumene noko;
- Ukunika iinkonzo zenkxaso zeofisi noonobhala kubasebenzi abongameleyo;
- Ukucacisa nokuphumeza umgaqo-nkqubo kunye nemigaqo-nkqubo esebenzayo;
- Ukuseka iminqophiso  nemigangatho ngokuvumelana nowiso-mithetho olunxulumene noko ngokusebenzayo;
- Ukulawula iinkonzo zenkxaso yenkqubo kunye nezimanyanisiweyo;
- Ukubonelela ngeenkonzo zolwazi nonxibelelwano; inkxaso yezomthetho; iinkonzo zolawulo lwemali; iinkonzo zolawulo lwesixokolelo sothungelwano;ulawulo lwangaphakthi , icandelo lezabasebenzi kunye neenkonzo zolawulo lwezibonelelo zaMalungua; iinkonzo zenkxaso yethekhnoloji yolwazi nolawulo kunye neenkonzo zolawulo lwezibonelelo nokhuseleko.

### 3.1.3 IiNjongo zeQhinga eziJolise kwiZiphumo; IiNkqutyana neeNjongo zeQhinga nemiGqalisela yokuSebenza yeNjongo yeQhinga

| IiNjongo zeQhinga eziJolise kwiZiphumo | INkqutyana | | IiNjongo zokuSebenza | IiNjongo zeQhinga nemiGqalisela yokuSebenza |
|---|---|---|---|---|
| Ukukhuthaza ulawulo olululo nokuphucula inkxaso yequmrhu neqhinga | 1.1 | iOfisi kaSomlomo | Ukwandisa ulawulo oluzinzileyo ngokusekwa kwamacandelo, iinkqubo ngokomthetho nezikhokhelo ezifanelekileyo | Ukusekwa kweendlela ngonyaka ngamnye ukubeka iliso kwimisebenzi yezigunyaziso |
| | 1.2 | IOfisi kaNobhala<br>• *ULawulo loMngcipheko* | | Ukugcinwa kophicotho-zincwadi olungenaziphene kulawulo |
| | | • *IOfisi kaNobhala*<br>• *UNxibelelwano neNgcaciso*<br>• *IThala leeNcwadi* | Ukuphuculwa kweenkonzo eziya kwabachaphazelekayo ngokunikezelwa kwenkxaso yeqhinga yaye nangokumiliselwa umanyaniso olulungelelanisiweyo kunye neenkqubo zepalamente. | Uphuculo lonyaka ngamnye kukusebenza nokufaneleka kombutho |
| | 1.3 | Ezemali | | Iziphumo zophicotho-zincwadi olungenaziphene |
| | 1.4 | Isixokelelwano soNikezelo | | |
| | 1.5 | ULawulo lwaNgaphakathi | | |
| | 1.6 | IMicimbi yaBasebenzi | | Ukuqulunqwa ngokutsha nokuhlanganiswa koLawulo lweMicimbi |

### 3.1.4 ISishwankathelo sokufezekisiweyo

**Ubunkokheli noLawulo**
IWCPP izibophelele kulawulo olulungileyo ukuphumeza imisebenzi yayo yokuqala. Oku kubonakala ekubeni iWCPP kwakhona ifumene uhlolo zincwadi olungenachaphaza kunyakamali ka 2017/18 .

***Ukulawulwa kwemidla yaMalungu***
IPlamente yePhondo leNtshona Koloni (iNdlu) yamkele ukonyulwa koMlawuli wethutyana wemidla yaMalungu, ozimeleyo kulawulo, ozakugcinwa iminyaka emibini ngokwemigaqo yecandelo 3 lloMthetho woMgaqo wokuziPhatha wePalamente yeNtshona Koloni, 2002 (uMthetho 3 ka 2002).

Umlawuli wemidla yaMalungu unoxanduva lokufumana imidla yezemali yaMalungu kunye nokuphanda ngokwaphulwa komgaqo wokuziphatha nezikhalazo.

***ULawulo loMngcipheko***
IGosa eliPhendulayo (AO) lePalamente yePhondo leNtshona Koloni lithwala uxanduva lokusebenzisa inkqubo yolawulo lomngcipheko, i*Enterprise Risk Management* (ERM) ngokwemigaqo yecandelo 7© loMthetho oyi Financial Management of Parliament and Provincial Legislatures Act, 2009, (FMPPLA), njengoko ulungisiwe nguMthetho 34 ka 2014 kunye neNational Treasury Public Sector Risk Management Framework (PSRMF).

Ngelokuthobela i-PSRMF nokuqinisa ulawulo lomngcipheko apha kweli ziko iWCPP iye yalandela umgaqo-nkqubo uLawulo loMngcipheko wezoShishino (ERM) owaye waphunyezwa ngowa 30 Matshi 2016 echaza injongo yeli ziko ngokubanzi ngokuphathelele kwi-ERM.

IWCPP iye yalandela isicwangciso esiliqili se-ERM nesiicwangciso i-ERM, esihlolwa ngonyaka saza saphunyezwa yi AO ngo 12 Epreli 2017.I-ERM safezekisa ukusetyenziswa komgaqo-nkqubo weWCPP oyi-ERM ocacisa izimvo zeziko kulawulo lomngcipheko.

IKomiti yoHlolo-zincwadi yabonelelwa ngeNgxelo yeKota yeERM ukuze iphumeze igunya layo lolongamelo oluzimeleyo phezu kwenkqubo yolawulo lomngcipheko laseWCPP. IKomiti yoHlolo-zincwadi ihlola inkqubo yolawulo lomngcipheko ngokwemigaqo yenkqubo yekota loBuchule neSicwangciso seiERM kunye nobuqhinga, ukusebenza nemingcipheko yeprojektielijonjene nazo iziko. Ulongamelo lweKomiti yoHlolo-zincwadi lugxile kuloo mingcipheko (ubuchule, imingcipheko yeeprojektiokanye ezisebenzayo) ingaphandle kwamanqanaba onyamezelo olungaphunyezwanga kunye nezenzo zolawulo okanye iimpendulo zokunciphisa iimingciphekokuloo manqanaba okunyamezela umngcipheko aphunyeziweyo.

IWCPP neKomiti yoLawulo loMngcipheko lweShishini esebenzayo (ERMCO) eyenza ulongamelo lwangaphakathi kumsebenzi weERM kwaye iyadibina ngekota ukuze ixoxe ngeqhinga, imingcipheko enxulumene neeprojektinokusebenza eziwele ngaphandle kumanqanaba onyamezelo afunekayo. IKomiti kwakhona icebisa emakwenziwe kubanini mngcipheko ukunciphisa imingcipheko ukuze bawele kumanqanaba onyamezelo afunekayo.

Ngokokusetyenziswa kweSicwangciso noBuchule beERM, ulawulo lweWCPP nobume bemeko yokusebenza bukhulile kwaye buphucukile.

IWCPP kungoku nje iphuhlisaisiSicwangciso sokuQhubeka nezoShishino (BCP) esya kwazisa izenzo ukuqinisekisa lohanjiso lwenkonzo oluqhubekayo. Ukufikelela kwesi siphelo, iziza ezizezinye imimandla yomasipala ezinamanzi akhuselekileyo zaye zachongwa ukuze ziqinisekise ukuhlala kweNdlu neentlanganiso zekomiti ezisigxina kuyaqhubeka nangona kungakho uphazamiseko lokufumaneka kwamanzi olwandisiweyo kunye nonqongophalo lwamanzi eKapa.

**Uhlolo-zincwadi lwangaphakathi**
IWCPP iqhubekekile isebenzisa iinkonzo zeSebe leNkulumbuso ngokumayela nomsebenzi wohlolo zincwadi wangaphakathi wayo.

IiNgxelo zoHlolo zincwadi zangaphakathi ezilishumi elinanye zakhutshwa ngo 2017/18, kulapho ezintlanu iingxelo ziye zalandela.

***IMigaqo yoboniswano***
Ngokwemigaqo yecandelo 17(1) loMthetho oyiFinancial Management of Parliament and Provincial Legislatures Act, isivumelwano seMigaqo yoBoniswano phakathi koMphathiswa wezeMali neGunya leSigqeba zagqitywa zatyikitywa ngonyakamali ka 2017/18. IMigaqo yoBoniswano icacisa ukucebisana neenkqubo zohlahlo lwabiwo-mali phakathi kweSebe likaNondyebo wePhondo neWCPP.

**Unxibelwano nolwazi**
Ukuqala ngoFebruwari 2018 iNtetho engoBume bePhondo, iWCPP iqalise usasazo ngqo llwako konke ukuhlala kweNdlu. Ngokubalulekileyo oku kunyuse abaphuhlaphuli abanelungelo kusasazo lweenkqubo zeNdlu kunye nokufikelela eWCPP. Lonke usasazo lulondolozwa kwijelo leli ziko elisemthethweni iYouTube kunye nemiyalezo kumajelo oluntu (social media) zithunyelwa kuqala phambi kokuba luqalise usasazo. Zonke ezi vidiyo nazo zendeliseliswe kwiwebhsayithi yaseburhulumenteni yaseWCPP.

Kuyaqhubeka kukho unyuko oluthe chu kwinani leeseshoni zewebhsayithi, izenzo zamajelo oluntu (social media) kunye, kwangaxesha nye, ukonyuka kwinani labalandeli.Kwakhona kukho uqwalaseo olwenyukileyo kunxibelelwano lwangaphakathi, umzekelo ii-imeyile ezikhutshwa rhoqo ngokunxulumene nemo emandundu yamanzi kwiPhondo, inkxaso yenkqubo yolawulo lwenguqu iProjektiJUMP okanye iERP.

Impendulo eyakhayo iyaqhubeka ifunyanwa kubaxhasi ngokunxulumene neebhulethini eziqulethe ulwazi rhoqo kwiThala eencwadi eziyakuba nomphumela ogxile kuqilima lokuvelisa ezi zibonelelo zisebenza kuqala.

**Ulawulo lwemali**
IiNgxelo zemali zonyaka, kokwesithathu, zilungisiwe ngokuhambelana nemigangatho yeeNdlela zokuNikwa kweNgxelo eYamkelweyo ngokuBanzi (GRAP), njengoko kuchaziwe kwicandelo 56(1) loMthetho weFMPPLA.

Ukuqinisekisa uvumelwano neFMPPLA, ukuphunyezwa kweGRAP evumelana nenkqubo yeERP (Sage X3 kunye neSage People) ziyaphunyezwa ngexesha likaEpreli 2018. Uqeqesho oluqhubekayo nokukhutshelwa kwamakhono kwezeMali, uLawulo lwesiXokelelwano soNikezelo yaye amagosa eMicimbi yaBasebenzi namanye amalungu esitafu ziyaqhubeka.

**Icandelo lezabasebenzi**

***Uphuhliso lwezakhono***
Uphuhliso lwezakhono noqeqesho lwesitafu belubalulekile kwiminyaka edlulileyo. I WCPP yenze uhlolo lwezakhono olubanzi lwesitafu ngo 2015. Ukuhoyana nomsantsa kwizakhono, inkqubo yophuhliso lwezakhono yaye yayilwa. IProwjekthi GROW (inkqubo yophuhliso lwezakhono) yenzeke kwiminyaka emibini yaza yagqitywa ngoMeyi 2017.

Uqeqesho kwiGRAP nenkqubo ye-ERP luqhubekile ngexesha lonyakamalii ka 2017/18. Iiseshini zoqeqesho zokusebenza ezongeziweyo nazo zabanjwa kunyakamali ka 2017/18.

***Ukongezwa komsebenzi***
Njengoko bekukhankanyiwe ngaphambili, iWCPP iqalise isenzo sokongezwa kwemisebenzi kwiinzame zayo zokuphucula ukusebenza kwePalamente yePhondo. Esi senzo kulindelelke ukuba sigqitywe kunyakamali ka 2018/19.

***INkqubo ejongene nempilo yabasebenzi***
INkqubo ejongene nempilo yabasebenzi yaye yalungiswa ukugxila ngokuthe ngqo kwiimfuno zabaqeshwa. Kwilinge lokunceda istafu, inkqubo yepalamente yaye yalungiswa ukususa ixesha lentlanganiso yekomiiti 16:00 ukuya 18:00.

Imiqathango yabekwa ukuhlangabezana nokunika iiyure zokusebenza kumanqanaba athile xa abasebenzi beceliwe ukuba basebenze ngokuhlwa.

**Ulwazi neTekhnoloji yonxibelewano**

***Isicwangciso sezibonelelo zoshishino (ERP)***
Umgqaliselo ongundoqo wecandelo leICT ukusukela ngo 2016/17 ibe kukuphunyezwa kwenkqubo yeERP eyakuthi ekuhambeni kwexesha incede ukuphucula iinkqubo zokusebenza.

Ngexesha lesahlulo samva kunyakamali ka 2016/17 umboneleli ngenkonzo okanye umahlulelane wophumezo waye waqeshwa ukuba aphumeze inkqubo.

Indima ephucukileyo yenziwe ngokuphunyezwa kwale prowujekthi, kodwa ke, xa kusiwa ekupheleni kwenxalenye yonyakamalli 2017/18. Imingeni yesivumelwano yavakala kumboneleli ngenkonzo okanye umahlulelane wophumezo, eyaye yasonjululwa kungongezwanga xabiso kwiWCPP. Oku kwakhokelela ekubeni umhla wokuba semoyeni usiwe kuEpreli 2018.

***Ulwakhiwo lweICT***
Ngaphandle kweProjekti yeERP, ebigqamile kwiajenda yecandelo leICT, eli candela liqinisekise kwakhona ukufumaneka nozinzo lolwakhiwo lweICTkunye nenkqubo ehambisana noko, nokuba le imeyile, e-filing kunye neintanethi. Amandla okufumana intlekele aphunyezelwa inkqubo yeERP, ibe iplaftfom iyiliwe yaza yasekwa ukuhlangabezana nokufumaneka kwentlekele yeenkonzo neenkqubo zeICT yaseWPP iyonke.

Uhanjiso lwenkonzo kuMalungu neSitafu luyaqhuba njengoko icandelo leICT liqinisekisa ukuba ubizo oluthunyelwe ne-imeyile luyasonjululwa ngamaxesha abekiweyo eSivumelwano seNqanaba leNkonzos (SLA).

**UKhuseleko noLawulo lweZibonelelo**

***Indawo***
Umba wemingeni yendawo kwiWCPP ibe ngumcimbi wengxoxo isithuba seminyaka emininzi. Imingeni yendawo kubandakanywa isithuba sesakhiwo esilungiselelwe ulawulo kunye namaLungu, ukunganeli kwendawo yokuhlala kwigalari yoluntu, iindawo zokungena ekwabelwana ngazo, ukhuseleko, ummandla wepalamente ongaqaqanjiswanga nokunqongophala kolawulo kwimiba yezakhiwo, kubandakanywa ulolongo, indawo yokupaka iimoto, ukhuseleko nelungelo lokungena.

IWCPP kunye neDTPW ziseke iqela elizakusebenzisana, mayela nezigqibo zeKomiti yeMithetho, ukuphanda nokubonelela ngeempendulo kwiWCPP.

IQela elisebenzisanayo linike ingxelo yelikufumeneyo yeemfuno zendawo yeWCPP kwiKomiti yaMalungiselelo angaPhakathi (IAC). Ngexesha lonyakamali ka 2017/18, I-IAC inike ingxelo kwiKomiti yeMithetho, apho kwaye kwagqitywa ukuba ukhetho lwangaphandle malungaqwalaselwa konke konke,

kwanokuba isithuba esongezelekileyo seofisi masifumaneke kwiWCPP ngokuthi ifumane omnye umgangatho kwisakhiwo.

***UKhuseleko***

Ngexesha lika 2017/18, iWCPP kunye neSebe lezoKhuseleko loLuntu (DoCS) bangene kwisivumelwano sokubonelela ngoncedo lwezokhuseleko ngamaxesha otyelelo lolongamelo. Oku kuquka uhlolo kugrogriso lwezokhuseleko kunye nokhuseleko lomzimba kwiindawo zotyelelo. Eli phulo kufanyaniswe ukuba lingaphumelela.

### 3.1.5 Ukusebenza konyaka

**Imigqaliselo yokusebenza yeenjongo zeqhinga, imigqaliselo yokusebenza, ekujolisweni kuko okucwangcisiweyo kunye nezifezekiso ezizizo**

***IMigqaliselo yokusebenza yenjongo yeqhinga***

| **INkqubo 1: Ulawuo** | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **Imigqaliselo yokusebenza yeenjongo zeqhinga** | **Ufezekiso olululo 2016/17** | **Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2017/18** | **Ufezekiso olululo 2017/18** | **Iyantlukwano kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo luka 2017/18** | **Amagqabantshintshi / izizathu zeyantlukwano** |
| Inani lokusekwa kweendlela ngonyaka ngamnye ukubeka iliso kwimisebenzi yezigunyaziso | **Okufezekisiweyo:** Imiyalelo emibini eyamkelwe nguSomlomo: iQhinga lothatyatho lweNxaxheba noMgaqo-nkqubo wokoNgamela nepolisi yokuThatyathwa koXanduva**.** | 1 | **Okufezekisiweyo:** UMthetheoSisigxina ocetywayo phambi kweKomiti yeMithetho ukubeka emgangathweni iinkqubo nokuthunyelwa kwengxelo egunyaziweyo ngamasebe ngolwazi lokusebenza lekota kwiPalamente yePhondo | | |

| INkqubo 1: Ulawulo | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **Imigqaliselo yokusebenza yeenjongo zeqhinga** | **Ufezekiso olululo 2016/17** | **Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2017/18** | **Ufezekiso olululo 2017/18** | **Iyantlukwano evela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2017/18** | **Amagqabantshintshi / izizathu zeyantlukwano** |
| Iziphumo zophicotho-zincwadi olungenaziphene kulawulo nemiba yokusebenza | **Okufezekisiweyo:** Iziphumo zophicotho-zincwadi olungenaziphene 2016/17. | Iziphumo zophicotho-zincwadi olungenaziphene. | **Okufezekisiweyo:** Iziphumo zophicotho-zincwadi olungenaziphene. | | |
| Iziphumo zophicotho-zincwadi olungenaziphene | **Okufezekisiweyo:** Iziphumo zophicotho-zincwadi olungenaziphene 2016/17. | Iziphumo zophicotho-zincwadi olungenaziphene. | **Okufezekisiweyo:** Iziphumo zophicotho-zincwadi olungenaziphene. | | |
| Ukuqulunqwa ngokutsha nokuhlanganiswa koLawulo lweMicimbiyaBasebenzi | **Okufezekisiweyo:** Ngokuhambela nanetheknoloji, inkqubo yomiliselo ye-ERP iqalisile. Iinkonzo ezangezelela ixabiso zandiswa yaye iProjekti GROW sele kumbovu iqukunjelwe. | Ukuphunyezwa kwenkqubo yeERP. | **Akufezekiswanga** | **Iyantlukwano:**-2% 98% Uphunyezo lufezekisiwe. Uphunyezo olucwangcisiweyo lulungiselelwe uOkthobha 2017. Uphunyezo olululo ngeEpreli 2018.<br><br>**Iyantlukwano:** -2% Amanqanaba abalulekileyo 7 kunye nele 8 ekusele ukuba agqitywe. | Isicwangciso seProjektieza kuhoywa kwakhona ibesemoyeni 1 O Okthobha 2017ekungabanjelelwa kangenyanga. Ulibaziseko lubangelwe yimiba emibini ebalulukileyo: 1) Ukunqongophala kwezibonelelongabatheng isikukhokelele kulibaziseko lokuqala; kwayo 2) Ukungaboni ngasonye |

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| | | | | | nabathengisi ngokwemigaq oyezibonelelo zethird- party kukhokelele ekubeni iprojektiinqun yanyiswe kangangenya nga ezimbini. |
| Inguqu enyukileyo kwikhono lenqanaba lokuKhula kunyaka ngonyaka okusekwe kuLawulo lweeNjongo ezilungiselel we iNgcaciso yiTheknoloji (CObIT) noYilo lokuKhula. | **Okufezekis iweyo:** 2, 5: Ezinye iinkqubo ezichaziwe yo zikho**.** | 3 –-iiNkqubo ezichaziweyo . | **Okufezekisiwe yo:** 3 – IiNkqubo ezichaziweyo ezikhoyo. | | |

| INkqubo 1: Ulawulo | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **Imigqaliselo yokusebenza yeenjongo zeqhinga** | **Ufezekiso olululo 2016/17** | **Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2017/18** | **Ufezekiso olululo 2017/18** | **Iyantlukwano evela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2017/18** | **Amagqabantshintshi / izizathu zeyantlukwano** |
| Ipesenti yonyaka ngonyaka yokwenyuka kohlelo olukhutshwe yiNkumanda yokuhlola yangaphandle yokuhambela na kweWCPP noMthetho weNdawo enguNdoqo yeSizwe, 1980 (uMthetho 102 ka1980 | Imigqaliselo emitsha yokusebenza. | 2% | **Okufezekisiweyo:** **4%** yonyaka ngonyaka yokwenyuka kohlelo olukhutshwe yiNkumanda yokuhlola yangaphandle yokuhambelana kweWCPP noMthetho weNdawo enguNdoqo yeSizwe, 1980 (uMthetho 102 ka1980 | **Iyantlukwano:** 2% Ekujoliswe kuko ngama 92% kodwa ke icandelo lifezekise ama 94%ngokuhambena neemfuno noMthetho weNdawo enguNdoqo yeSizwe, 1980 (uMthetho 102 ka1980 | Iyantlukwano ibekho ngenxa yokusebenza kakuhle ngempumelelo. |

***Imigqaliselo yokwenziwa komsebenzi, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezifezekiso ezizizo***

**3.1.5.1 INkqutyana: IOfisi kaSomlomo**

Injongo yenkqutyana injengoku kulandelayo:

- Kukuqulunqa nokumilisela umgaqo-nkqubo ngokubhekiselele kulawulo lweWCPP;
- Ukwenza imisebenzi ngokwemiqathango yezibonelelo eisemthethweni ezifanelekileyo; kunye
- Nokunikezela ngeenkonzo zenkxaso yomabhalana ne-ofisi kumagosa achophela iintlanganiso.

| INkqutyana: iOfisi kaSomlomo | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **Umgqaliselo wokusebenza** | **Ufezekiso olululo 2016/17** | **Okujoliswe kuko okucwangcisiwe yo 2017/18** | **Ufezekiso olululo 2017/18** | **Iyantlukwano evela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2017/18** | **Amagqabantshintshi okanye izizathu zeyantlukwano** |
| Ipesenti yohambelwano kwizigunyaziso ezisemthethweni namalungiselelo ethutyana afanelekileyo ngokwemiqathango yeFMPPLA ngomhla wongeniso odingekayo | **Okufezekisiweyo:** 100%<br><br>Uhambelwano oluli-100% kuyo yonke imigqaliselo eli-19 echongiweyo yohambelwano. | 100% | **Okungafezekiswanga:** 95% uvumelwano lwesigqeba neemfanelo zowiso-mithetho ezimiselweyo kunye namalungiselelo otshintsho angqamene noko, ngokwemigaqo yeFMPPLA, ngomhla wongeniso odingekayo. | **Iyantlukwano:** -5%<br>Eli 18 kwi 19 imigqaliselo yovumelwano kuvunyelenwe nayo ngokupheleleyo.<br><br>Isetyhula yohlahl-mali yeSebe likaNondyebo wePhondo ibonise ukuba umhla wokuphelela wokungeniswa kwesiqulunqo soqikelelo eshlengahlengisiweyo ibingungumhla | Ngenxa yamaxesha anyiniweyo enkqubo yeyoQikelelo loHengahlengiso kunye neemfuneko ezisebenzayo zeGunya leSigqeba, amaxwebhu afunekayo afunyanwa yiOfisi kaSomlomo emva kwexesha ukuze atyiktywe kwaye andlalwe kungedluna inyanga enye ebekelwe oko yi FMPPLA |
| | | | | We 10 Novemba 2017. Uqikelelo oluhlengahlengisiwyo lwaya landlalwa ngowe 19 Novemba 2017 endaweni ye 10 Okthobha 2017T | |

| Inkqutyana: Ofisi kaSomlomo | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **Umgqaliselo wokusebenza** | **Ufezekiso olululo 2016/17** | **Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2017/18** | **Ufezekiso olululo 2017/18** | **Iyantlukwano evela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2017/18** | **Amagqabantshintshi / izizathu zeyantlukwano** |
| Inani lemiyalelo elamkelweyo ngokwemiqathango yokongamela, yoqulunqo lomthetho nokuthatyathwa kwenxaxheba luluntu | **Okufezekisiweyo:** Imiyalelo emibini eyamkelwe nguSomlomo: IQhinga lothatyatho lweNxaxheba noMgaqo-nkqubo wokoNgamela nokuThatyathwa koXanduva. | 1 | **Okufezekisiweyo:** UMthetho Sisigxina ocetywayo phambi kweKomiti yeMithetho ukubeka emgangathweni iinkqubo nokuthunyelwa kwengxelo egunyaziweyo ngamasebe ngolwazi lokusebenza lekota kwiPalamente yePhondo<br>Lo mba kwakubonisw ana ngawokwintla nganiso yokuqala noSihlalo weKomiti eSisigxina ngexesha lonyakamali ka 2018/19. | | |

***<u>IQhinga lokulungisa ukusebenza ngaphantsi kweqondo elilindelweyo</u>***

***Ipesenti yohambelwano kwizigunyaziso zomthetho nakumalungiselelo ethutyana afanelekileyo ngokwemiqathango yeFMPPLA, ngamaxesha elimiselwe oko.***

Ngokwemiqathango yecandelo 54(1) le FMPPLA ngokunxulmene nokunika ingxelo kunye noHlolo zincwadi, kufuneka landlale iingxelo zenyanga, ezekota kunye nezombindi wekota zingadlulanga iintsuku ezintlanu zokusebenza ekubeni beyifumene kwiGosa elinika iNkcazo. Ukuhoyana nokunahambelani okungentla, oku kungasentla kuyakusetyenziswa kwiSahluko8 seFMPPLA: Ucwangciso noHlahlo mali kunye nestyhula yangaphakathi enemihla emiselweyo yokucacisa, ukuthathela ingqalelo iintsuku ezintlanu zokusebenza kunye nemfuneko esebenzayo yeGunya leSigqeba azakuqokelelwa aphunyezwe ukuze amaxwebhu afumaneke ngethuba kwiOFISI

| |
|---|
| kaSomlomo ukuqinisekisa azakwandlalwa ngamaxesha amiselwe oko yiFMPPLA |

***Iinguqu kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo***
Akubanga kho zinguqu ezenziweyo kwimigqaliselo okanye ekujoliswe kuko yokwenziwa komsebenzi kwinkqutyana kwisithuba sokunikwa kwengxelo.

***Inkcitho yenkqutyana***

| IOfisi kaSomlomo | 2017/18 | | | 2016/17 | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | Ulwabiwo lokugqibela | Inkcitho eyiyo | Inkcitho (Ngaphezulu)/ngaphantsi | Ulwabiwo lokugqibela | Inkcitho eyiyo | Inkcitho (Ngaphezulu)/ngaphantsi |
| | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 |
| Iyonke | 5 238 | 4 832 | 406 | 5 206 | 4 404 | 802 |

**3.1.5.2 INkqutyana: IOfisi kaNobhala**
Injongo yenkqutyana injengoku kulandelayo:

- Ukuqulunqa imigaqo-nkqubo yokusebenza nokumiselwa ngokwemigqaliselo nemigangatho ngokuhambelana nemithetho neendlela ezifanelekileyo;
- Ukulawula iinkonzo zenkxaso yequmrhu nenkqubo;
- Ukunikezela ngeenkonzo zenkxaso kulawulo neekomiti; kunye
- Nokunikezela ngeenkonzo zonxibelelwano nengcaciso.

| INkqutyana: iOfisi kaNobhala | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **Umgqaliselo woMsebenzi** | **Ufezekiso olululo 2016/17** | **Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2017/18** | **Ufezekiso olululo 2017/18** | **Iyantlukwano evela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2017/18** | **Amagqabantshintshi / izizathu zeyantlukwano** |
| INani leenkqubo ezihloliweyo ziphunyeziwe ukuqhuba impucuko yokusebenza ngenkuthalo nangokuzimisela | **UMgqaliselo wokusebenza omtsha** Uvavanyo lwenziwe kwinkonzo yenkxaso lukhutshwe | 1 | **Okungafezekiswanga:** Ibenye ifomu yovavanyo eyenziwe kwinkonzo yenkxaso ikhutshwe ngabolawulo kwistafu. | | |

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| | ngabolawulo kuMalungu nesitafu.<br><br>Zibe mbini kuphela iifomu zovavanyo ezibuyiswe ngaMalungu. | | | | |
| IPesenti yokufezekisiwe ekujoliwe kokonyaka kwiAPP ecwangcisiweyo. | **Okungafezekiswanga:**<br><br>88% kokujoliswe kukokwafezekiswa | 96% | **Okungafezekiswanga:**<br><br>84% kokujoliswe kuko kwafezekiswa | **Iyantlukwano:**<br><br>-12% Ngaphezu kwetotali ekujoliswe kuzo ezicwangcisiweyo zonyaka ezi 55, ezi 46 ekujoliswe kuzo zifezekisiwe | Okuthunyelwe kwinkqutyana ngezizathu zeyantlukwano |

| **Inkqutyana: Ofisi kaSomlomo** | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| IPesenti ehambelana novavanyo lwesiCwangciso-nkqubo soLawulo loMsebenzi weeNkonzo zoMthetho | **Okufezekisiweyo:**<br>IsiCwangciso-nkqubo soLawulo loMsebenzi olulungiselelwe seeNkonzo zoMthetho sivavanyiwe saphunyezwa | 100% | **Okufezekisiweyo:**<br>100% Uhambelwano novavanyo nomiliselo lwesiCwangciso-nkqubo soLawulo loMsebenzi olulungiselelwe iiNkonzo zoMthetho es. | | |

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| Ipesenti yohambelwano liiGosa eliNika iNgxelo kwizigunyaziso ezisemthethweni namalungiselelo ethutyana afanelekileyo ngokwemiqathango yeFMPPLA ngomhla wongeniso odingekayo. | **Okungafezekiswanga:** 95% Uhambelwano kwizigunyaziso ezisemthethweni namalungiselelo ethutyana afanelekileyo ngokwemiqathango yeFMPPLA (iGosa eliNika iNgxelo) ngomhla wongeniso odingekayo | 100% | **Okufezekisiweyo:** 100% Uhambelwano kwizigunyaziso ezisemthethweni namalungiselelo ethutyana afanelekileyo ngokwemiqathango yeFMPPLA (iGosa eliNika iNgxelo) ngomhla wongeniso odingekayo. | | |

*I**<u>Qhinga lokulungisa ukusebenza ngaphantsi kweqondo elilindelweyo</u>***

**IOfisi kaNobhala:**

***IPesenti yeAPP ecwangcisiweyo ukufezekisa ekujoliswe kuko konyaka***

Kunyakamali ka 2018/19, iintlanganiso zogxininiso rhoqo noomanejala ziyabanjwa ukuxhasa nokuqinisekisa ufezekiso lokujoliswe kuko.

| Inkqutyana: iOfisi kaNobhala: Unxibelelwano noLwazi | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **Imigqaliselo yokusebenza** | **Ufezekiso olululo 2016/17** | **Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2017/18** | **Ufezekiso olululo 2017/18** | **Deviation from planned target to actual achievement for 2017/18** | **Amagqabantshintshi / izizathu zeyantlukwano** |
| Ipesenti yonyaka ngonyaka yokwanda kwiinkcukacha zamanani ewebhusayiti ngokubhekiselele kumathuba ewebhusayiti | **Okufezekisiweyo:** 10% yokwanda kwisiseko sonyaka ongaphambili kwiinkcukacha zamanani amathuba ewebhusayiti arekhodiweyo angama- 45 449. | 5% | **Okufezekisiweyo:** 17% ukwenyuka kokurekhodiweyo | **Iyantlukwano:** 12% 5 319 nangaphezulu iiseshoni zwebhusayithie zirekhodiwe kunezicwangcisiweyo | Okungacwangciswanga IProjektinemiba enxulumene noxinano kwiwebhsayithi. |

| INkqutyana: iOfisi kaNobhala: Unxibelelwano nolwazi | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **Imigqaliselo yokusebenza** | **Ufezekiso olulul0 2016/17** | **Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2017/18** | **Ufezekiso olululo 2017/18** | **Iyantlukwano evela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2017/18** | **Amagqabantshintshi / izizathu zeyantlukwano** |
| Ipesenti yonyaka ngonyaka yokwanda kubukho bopapasho lwentlalo nemisebenzi | **okufezekisiweyo:** 35% okwanda kwisiseko sonyaka ongaphambii kwimisebenzi yopapasho lwentlalo. Ama-918 eeThwitha Ama-1 002 ohlaziyo lweFacebook. | 5% | **Okufezekisiweyo:** 11% okwanda kwisiseko sonyaka ongaphambii kwimisebenzi yopapasho lwentlalo. Ama-1 029 eeThwitha Ama-1 098 ohlaziyo lweFacebook. | **Iyantlukwano:** 6% 65 ngaphezulu eeThwitha nama-46 ngaphezulu kuhlaziyo lweFacebook olurekhodiweyo ngaphezulu kolo belucwangcisiwe | Amathuba awongezelelweyo omsebenzi kupapasho lwentlalo, kubandakanywa ukubhiyozelwa kwephulo lesizwe unyaka wama-20 wokukhunjulwa koMgaqo-siseko woMzantsi Afrika neNCOP afezekise amanani anyukileyo. |
| Inani kunyaka ngonyaka lokwenyuka kwisicwangciso sefayile sokusetyenziswa kweeyunithi | **Okufezekisiweyo:** Ukwanda kwesi-7 kwisicwangciso sokusetyenziswa kwefayile ziiyunithi. | 6% | **Okufezekisiweyo:** Ukwanda kwesi-7 kwisicwangciso sokusetyenziswa kwefayile ziiyunithi. | **Iyantlukwano:** Iiyunithi e-1 ezingaphezulu isebenzisa isicwangciso sefayile kucwangciso. Impumelelo egqithisileyo engephi iye yafunyanwa. | Ukwanda kwengqwasela yokuqeqeshwa kwesitafu kube yiimpumelelo yokusetyenziswa ekufezekiseni ukwanda okukhulu kunoko bekulindelwe |

| iNkqutyana: iOfisi kaNobhala: iThala leencwadi | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **Imigqaliselo yokuseben za** | **Ufezekiso olululo 2016/17** | **Okujoliswe kuko okucwangcisiwe yo 2017/18** | **Ufezekiso olululo 2017/18** | **Iyantlukwano evela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2017/18** | **Amagqabants hintshi / izizathu zeyantlukwan o** |
| Inani lopapasho lweThala leeNcwadi ngonyaka | **Okufezekisiwey o:** Ama-76 opapasho lweThala leeNcwadi aveliswa. | | **Okufezekisiwey o:** Ama-83 opapasho lweThala leeNcwadi aveliswa. | **Iyantlukwano:**i-11 opapasho olungaphezulu lwethala leencwadi aveliswa ngaphezulu kobe kucwangcisiwe | IThala leencwadi lichonge amathuba awongezelelwey opapasho (iiflyers zolwazi ne eBulletin zeThala leencwadi |

***Iinguqu kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo***

*Akubanga kho ziinguqu zenziweyo kwimigqalisela yomsebenzi wenkqubo okanye ekujoliswe kuko kwisithuba sokunikwa kwengxelo.*

***Inkcitho yenkqutyana***

| IOfisi kaNobha la | 2017/1 8 | | | 2016/1 7 | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | **Ulwabiwo lokugqibela** | **Inkcitho eyiyo** | **Inkcitho (Ngaphezulu) /ngaphantsi** | **Ulwabiwo lokugqibela** | **Inkcitho eyiyo** | **Inkcitho (Ngaphezulu) /ngaphantsi** |
| | **R'000** | **R'000** | **R'000** | **R'000** | **R'000** | **R'000** |
| I-Ofisi kaNobhala | 12 341 | 11 627 | 714 | 10 934 | 10 873 | 61 |
| Unxibelelwan o noLwazi | 5 332 | 5 100 | 232 | 4 152 | 4 134 | 18 |
| IThala leeNcwadi | 1 610 | 1 595 | 15 | 1 519 | 1 517 | 2 |
| **Iyonke** | **19 283** | **18 322** | **961** | **16 605** | **16 524** | **81** |

### 3.1.5.3 Inkqutyana: ezeMali

INjongo yale nkqutyana kukunikezela ngeenkonzo zolawulo lwemali

| Inkqutyana: ezeMali | | | |
|---|---|---|---|
| **Imigqaliselo yokusebenza** | **Ufezekiso olululo 2016/17** | **Okujoliswe kuko okucwangcisiw eyo 2017/18** | **Ufezekiso olululo 2017/18** |
| Inani leeNgxelo zoNyaka yeMali eziqinisekisiweyo ezingeniswe ngomhla ofanelekileyo | **Okufezekisiweyo:** Inye iNgxelo yoNyaka yeMali eqinisekisiweyo engeniswe ngomhla ofanelekileyo osemthethweni**.** | 1 | **Okufezekisiweyo:** Inye iNgxelo yoNyaka yeMali eqinisekisiweyo engeniswe ngomhla ofanelekileyo |

| | | | |
|---|---|---|---|
| osemthethweni. | | | osemthethweni. |
| Inani loQikelelo oluQukunjelweyo lweNgeniso nenkcitho yePhondo engenisiweyo ngomhla ofanelekileyo osemthethweni. | **Okufezekisiweyo:** Inye iNgxelo yoNyaka yeMali eqinisekisiweyo yoQikelelo neNkcitho yePhondo engeniswe ngomhla ofanelekileyo osemthethweni. | 1 | **Okufezekisiweyo:** Inye iNgxelo yoNyaka yeMali eqinisekisiweyo yoQikelelo neNkcitho yePhondo engeniswe ngomhla ofanelekileyo osemthethweni. |
| Inani leengxelo zemali zethutyana eziqinisekisiweyo ngomhla wongeniso ofunekayo | **Okufezekisiweyo:** Zintathu iingxelo zemali zethutyana eziqinisekisiweyo ezingeniswe ngomhla wongeniso ofunekayo | 3 | **Okufezekisiweyo:** Zintathu iingxelo zemali zethutyana eziqinisekisiweyo ezingeniswe ngomhla wongeniso ofunekayo |
| Ipesenti yohambelwano kwiManyuwali yeMali | **Okufezekisiweyo:** 100% uhambelwano neManyuwali yeMali | 100% | **Okufezekisiweyo:** 100% uhambelwano neManyuwali yeMali |
| Inani leengxelo zeNkcazelo yoBeko-liso loNyaka lwarhoqo ngeKota (IYM) ukuulandela inkcitho nokuchonga ngethuba isilumkiso esichongiweyo | **Okufezekisiweyo:** Zine iiNgxelo zeNkcazelo yoBeko-liso lonyaka lwarhoqo ngekota (IYM) ukulandela inkcitho zokuchonga ngethuba isilumkiso esichongiweyo. | 4 | **Okufezekisiweyo:** Zine iiNgxelo zeNkcazelo yoBeko-liso lonyaka lwarhoqo ngekota (IYM) ukulandela inkcitho zokuchonga ngethuba isilumkiso esichongiweyo. |
| Ipesenti yeentlawulo ezihlawulwe kwababanjwa imali kwisithuba seentsuku ezingama-30 emva kokufunyanwa kwe-invoyisi | **Okufezekisiweyo:** Ama- 99% eentlawulo ezihlawulwe kwababanjwa imali kwisithuba seentsuku ezingama-30 emva kokufunyanwa kwe-invoyisi.<br><br>I-14 eentlawulo kwezingama-1988 awazange ahlawulwe kwisithuba seentsuku ezingama-30. | 99% | **Okufezekisiweyo:** Ama 99, 74% eentlawulo ezihlawulwe kwababanjwa imali kwisithuba seentsuku ezingama-30 emva kokufunyanwa kwe-invoyisi.<br><br>I-6 seentlawulo kwezingama-2 291 awazange ahlawulwe kwisithuba seentsuku ezingama-30. |

***Iinguqu kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo***
Akubangakho zinguqu ezenziweyo kwimigqaliselo okanye ekujoliswe kuko kumsebenzi wale nkqutyana.

***Inkcitho yenkqutyana***

| EzeMali | 2017/18 | | | 2016/17 | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | **Ulwabiwo lokugqibela** | **Inkcitho eyiyo** | **Inkcitho (Ngaphezulu)/ngaphantsi** | **Ulwabiwo lokugqibela** | **Inkcitho eyiyo** | **Inkcitho (Ngaphezulu)/ngaphantsi** |
| | **R'000** | **R'000** | **R'000** | **R'000** | **R'000** | **R'000** |
| Iyonke | 3 959 | 3 871 | 88 | 4 087 | 3 957 | 130 |

**3.1.5.4 Inkqutyana: ULawulo lwesiXokelelwano soNikezelo**
Injongo yenkqutyana kukunikezela ngeenkonzo zolawulo lwesixolelelwano sonikezelo.

| **INkqutyana: uLawulo lwesiXokozelwano soNikezelo** | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **Imigqaliselo yokusebenza** | **Ufezekiso olululo 2016/17** | **Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2017/18** | **Ufezekiso olululo 2017/18** | **Iyantlukwano evela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2017/18** | **Amagqabantshintshi / izizathu zeyantlukwano** |
| Ipesenti yee-asethi ezilungelelaniswayo kwiRejista ye-Asethi | **Okungafezekiswanga:** Ama 90, 11% yee-asethi ezi zizo ezilungelelaniswe kwiRejista yee-Asethi. Iiasethi ezi-670 kwisambuku sama-6 776 (ezinkulu nezincinane) azilungelelaniswanga. | 100% | **Okungafezekiswanga** 94, 68% yee-asethi zilungelelaniswe kwiRejista yee-Asethi. | **Iyantlukwano**: -5,32% Kwi 356 ee-asethikwi sambuku sama-6 556 (ezinkulu nezincinane) azilungelelaniswanga. | INgenelo lizakwenziwa kwiPolisi yoLawulo lweeAsethi ezakucela ukususwa ngokupheleleyo iiasethi eziphelelweyo ukusukelakwiintsuku zokuphunyezwa kweLOGIS |

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| Ipesenti yohambelwano nemigangatho yokunikezelwa kwenkonzo, njengoko ilungisiwe, ithatha ingqwalasela kuGRAP | **Okungafezekiswanga:** 84, 15% uhambelwano nemigangatho yokunikezelwa kwenkonzo.<br><br>1 046 uhambelwano nemigangatho yokunikezelwa kwenkonzo kwisambuku 1 243 yaqulunqwa. | 85% | **Okungafezekiswanga:** 74, 72% uhambelwano nemigangatho yokunikezelwa kwenkonzo. | **Iyantlukwano**: -10,28% 1 138 uhambelwano nemigangatho yokunikezelwa kwenkonzo kwisambuku 1 523 yaqulunqwa. | Iyantlukwano ibekho ngenxa yonqngophalo lomthamo wabantu ixesha elide. IiMfuneko ezisebenzayo zijongwa ngokunxulumene nemigangatho yenkonzo kwaye aba 3 kwaba 7abasebenzi abasebenzela iSCM (oko kwenza am43%) khange bafumaneka kangangexesha elide |
| | | | | | Omnye ebekwikhefu lokubeleka kwaye ababini bathunyelwe kumacandelo angamanye eWCPP). |
| Ipesenti yohambelwano neManyuwali yoLawulo lwesiXokelelwano soNikezelo | **Okufezekisiweyo:** 100% Uhambelwano neManyuwali yoLawulo lwesiXokelelwano soNikezelo. | 100% | **Okufezekisiweyo:** 100% Uhambelwano neManyuwali yoLawulo lwesiXokelelwano soNikezelo. | | |

***<u>IQhinga lokulungisa ukusebenza ngaphantsi kweqondo elilindelweyo</u>***

***Ipesenti yee-asethi ezilungelelaniswe neRejista yeAsethi***

Uhlolo lwee-asethi lwarhoqo kusongezelelwa kubalo lwestokhwe olucwangcisiweyo. Abalawuli baya kwaziswa ngokubaluleka kokwazisa uLawulo lwesiXokelelwano soNikezelo ngokususwa kwee-asethi. IWCPP iya kumilisela inkqubo yeERP eya kuphucula unikezelo lweenkonzo kunye namaxesha okubuyisa alandelayo.

***Ipesenti yohambelwano neManyuwali yoLuhlu lokuHlola yoLawulo lwesiXokelelwano soNikezelo***

IWCPP isaxhomekeke kwiLOGIS. Ngokumiliselwa kwenkqubo yeERP, uhambelwano oluhamba kunye nemigangatho yonikezelo luya kuphucuka.

***Iinguqu kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo***

Akukho zinguqu ezenziweyo kwimigqaliselo yenkqutyana yomsebenzi okanye okujoliswe kuko kwisithuba sokunikwa kwengxelo.

***Inkcitho yenkqutyana***

| IsiXokelelwane soNikezelo | 2017/18 | | | 2016/17 | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | Ulwabiwo lokugqibela | Inkcitho eyiyo | Inkcitho (Ngaphezulu)/ngaphantsi | Ulwabiwo lokugqibela | Inkcitho eyiyo | Inkcitho (Ngaphezulu)/ngaphantsi |
| | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 |
| Iyonke | 4 770 | 4 815 | -45 | 4 667 | 4 624 | 43 |

**3.1.5.5 Inkqutyana: ULawulo lwaNgaphakathi**

Injongo yale nkqutyana kukuchonga ukusilela kwenkqubo nokunika ingcebiso yemiqathango yolungiso ukubhangisa iziphene nokuququzelela iinkonzo zolawulo lomngcipheko.

| **INkqutyana: uLawulo lwaNgaphakathi** | | | |
|---|---|---|---|
| Inani leengxelo zenkqubela phambili kuthelekiswa nesicwangciso soPhuculo loLawulo lweMali | **Okufezekisiweyo:** Zimbini iingxelo zenkqubela phambili kuthelekiswa nesicwangciso soPhuculo loLawulo lweMali | 2 | **Okufezekisiweyo:** Zimbini iingxelo zenkqubela phambili kuthelekiswa nesicwangciso soPhuculo loLawulo lweMali |
| Inani leengxelo zohlolo ezikhutshiweyo ezichonga izithuba kulawulo kwiinkqubo | **Okufezekisiweyo:** Zintathu iingxelo zohlolo ezikhutshiweyo ezichonga izithuba kulawulo kwiinkqubo | 3 | **Okufezekisiweyo:** Zintathu iingxelo zohlolo ezikhutshiweyo ezichonga izithuba kulawulo kwiinkqubo |
| Inani leengxelo zohlolo lokulandela elibonisa inkqubela phambili kwingcebiso yomiliselo | **Okufezekisiweyo:** Zintathu iingxelozohlolo lokulandela elibonisa inkqubela phambili kwingcebiso yomiliselo | 3 | **Okufezekisiweyo:** Zintathu iingxelo zohlolo lokulandela elibonisa inkqubela phambili kwingcebiso yomiliselo |
| Ipesenti yeevawutsha zentlawulo ezichanatywe kuphicotho-zincwadi lwamva | **Okufezekisiweyo:** I-100% yeevawutsha zentlawulo ezichanatywe kuphicotho-zincwadi lwamva Isambuku seentlawulo zevawutsha ezingama-2244 zachanatywa kuphicotho-zincwadi lwakamva. | 100% | **Okufezekisiweyo:** I-100% yeevawutsha zentlawulo ezichanatywe kuphicotho-zincwadi lwamva.<br><br>Isambuku seentlawulo zevawutsha ezingama-2450 zachanatywa kuphicotho-zincwadi lwakamva. |

***Iinguqu kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo***

Akukho zinguqu ezenziweyo kwimigqaliselo okanye okujoliswe kuko yokusebenza kwenkqutyana ngethuba lokunikwa kwengxelo.

***INkcitho yeNkqutyana***

| Ulawulo lwaNgaphakathi | 2017/18 | | | 2016/17 | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | Ulwabiwo lokugqibela | Inkcitho eyiyo | Inkcitho (Ngaphezulu)/ngaphantsi | Ulwabiwo lokugqibela | Inkcitho eyiyo | Inkcitho (Ngaphezulu)/ngaphantsi |
| | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 |
| IYonke | 4 180 | 4 464 | -284 | 3 928 | 3 927 | 1 |

**3.1.5.6 Inkqutyana: IMicimbi yaBasebenzi**

Injongo yenkqutyana kukunikezela ngeenkonzo zolawulo lwezibonelelo zamaLungu

| **INkqutyana: IMicimbi yaBasebenzi** | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **Imigqaliselo yokusebenza** | **Ufezekiso olululo 2016/17** | **Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2017/18** | **Ufezekiso olululo 2017/18** | **Iyantlukwano evela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2017/18** | **Amagqabantshintshi / izizathu zeyantlukwano** |
| INani loqeqesho olusesikweni ekujoliswe kulo kwizithuba zamakhono ezichongiweyo nobume | **Okungafezekiswanga:** Lithoba INani loqeqesho olusesikweni ekujoliswe kulo kwizithuba zamakhono ezichongiweyo olwenziweyo. | 7 | **Okufezekisiweyo:** Sisixhenxe INani loqeqesho olusesikweni ekujoliswe kulo kwizithuba zamakhono ezichongiweyo **olwenziweyo** Ezi seshoni zisixhenxe zikaProjektiGROW zonke zigqitywe | | |
| INani leefomu zobuyiselo zoqinisekiso olulungileyo olusemgangathweni | Umgqalisela omtsha wokusebenza | 80 | **Okungafezekiswanga** | **Iyantlukwano:** -100%. | Emva kothweso-zidanga ngo Agasti 2017akukhange kubekho manyathelo angamanye okuqinisekisa ukuxabiseka. |

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| | | | | | Oku kungenxa yobandakanyeko olunzulu lweProjektiJUMP kunye nokwandiswa nexesha lomhla wokubasemoyeni ongowo 1 Okthobha 2017. |
| INani leeseshoni zoqeqesho kwinkqubo yeERP ziququzelelwe | Umgqalisela omtsha wokusebenza<br><br>Isiseko esilungiselelwe unyaka ka 2016/17: 1 | 5 | **Okufezekisiweyo:** Zintlanu iiseshoni zolwazi ekujoliswe ekongezeni ixabiso leziko noququzelelo lwabasebenzi balo | **Iyantlukwano:** Okufezekisiweyo kokujoliswe kuko ngo 31 Matshi 2018 hayi ngekota yokuqala njengoko bekucwangcisiwe. | |
| INani leeseshoni zolwazi elujoliswe ekongezeni ixabiso leziko noququzelelo lwabasebenzi balo | Umgqalisela omtsha wokusebenza<br><br>Isiseko esilungiselelwe unyaka ka 2016/17: 3 | 4 | **Okufezekisiweyo:** Zintlanu iiseshoni zolwazi ekujoliswe ekongezeni ixabiso leziko noququzelelo lwabasebenzi balo | **Iyantlukwano**: 1 Inye nangaphezu luiiseshoni yolwazi eququzelweyo kunokuba kucwangcisiwe. | Kubekho amathuba ongezelelekiyo okwabelana ngolwazi kwiiseshoni zolwazi zesitafu. |

***<u>IQhinga lokulungisa ukusebenza ngaphantsi kweqondo elilindelweyo</u>***

***INani leefomu zobuyiselo zoqinisekiso umgangatho olulungileyo***

Ukwandiswa kweProjektiJUMP nokuqaliswa kokweNyuswa koMsebenzi kube nefuthe kukufumaneka kwabasebenzi ukufezekisa kokujoliswe kuko. Oku kucwangciselwe unyakamali ka 2018/19.

***Iinguqu kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo***

Akubangakho zinguqu ezenziweyo kumgqalisela wokusebenza kwenkqutyana okanye ekujoliswe kuko ngesi sithuba sokunikwa kwengxelo.

***INkcitho yeNkqutyana***

| IMicimbi yezaBase benzi | 2017/18 | | | 2016/17 | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | Ulwabiwo lokugqibela | Inkcitho eyiyo | Inkcitho (Ngaphezulu) /ngaphantsi | Ulwabiwo lokugqibela | Inkcitho eyiyo | Inkcitho (Ngaphezulu) /ngaphantsi |
| | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 | R'000 |
| Total | 7 840 | 6 420 | 1 420 | 6 192 | 6 177 | 15 |

### 3.1.5.7 Inkqutyana: ITekhnoloji yeNgcaciso noNxibelelwano

Injongo yenkqutyana kukunikezela ulawulo kunye neenkonzo zenkxaso yomsebenzisi nokwandisa nokulolonga isibonelelo setheknoloji yengcaciso.

| INkqutyana: ITekhnoloji yeNgcaciso noNxibelelwano | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **Imigqaliselo yokusebenza** | **Ufezekiso olululo 2016/17** | **Okujoliswe kuko okucwangcisi weyo 2017/18** | **Ufezekiso olululo 2017/18** | **Iyantlukwano evela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2017/18** | **Amagqabants hintshi / izizathu zeyantlukwan o** |
| Ipesenti yophuculo lonyaka ngonyaka lwenkxaso yenkonzo enikezelweyo kuthelekiswa nenqanaba lesivumelwano senkonzo (SLA) | **Okufezekisiwe yo:**<br><br>**15%** yophuculo lonyaka ngonyaka lwenkxaso yenkonzo enikezelweyo kuthelekiswa nenqanaba lesivumelwano senkonzo (SLA**)**<br><br>Inani: Ukutsalelwa komnxeba ezingama-955 okwenziweyo, okuphendulwe yo nokusonjululwe yo kwiSLA. Inani elingaphantsi: Ama-1391 okutsalwa komnxeba okwenziweyo | 5% | **Okufezekisiwe yo:**<br><br>15% yophuculo lonyaka ngonyaka lwenkxaso yenkonzo enikezelweyo kuthelekiswa nenqanaba lesivumelwano senkonzo (SLA**)**<br><br>Inani: Ukutsalelwa komnxeba ezingama-1452 okwenziweyo, okuphendulwe yo nokusonjululwe yo kwiSLA. Inani elingaphantsi: Ama-1997 okutsalwa komnxeba okwenziweyo | **Iyantlukwano:** 10%<br><br>Okujoliswe kuko ngasentla<br><br>Isiseko sika-2015/16 sasingama-60%.<br><br>Ekujoliswe kuko okucwangcisiwe yo kuka 2016/17 bekunga 63% kodwa ke ufezekiso olululo lube nga 69%Ekubekelwe ekujoliswe kuko ngo 2017/18 ngama 66, | |

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| | | | | 15% kodwa ke ufezekiso olululo luka 2017/18 ngama 72, 71% | |
| Ukuphunyezwa nokuqhutywa kokufunyanwa kwakhona kwentlekele | Umgqaliselo wokusebenza omtsha | Ukuphunyezwa nokuqhutywa kokufunyanwa kwakhona kwentleke kulungiselelwa iERP, isicwangciso sennkqubo engeyiyoiERP. | **Okufezekisiwe yo:**<br><br>Ukuphunyezwa nokuqhutywa kokufunyanwa kwakhona kwentleke Ukuphunyezwa nokuqhutywa kokufunyanwa kwakhona kwentleke kulungiselelwa iERP kunye nesicwangciso seenkqubo ezingeyo ERP.<br><br>Ukufunyanwa kwakhona kweNtlekele yeenkqubo zeERP zibhalwe phantsi zaza zamkelwa. Uqeqesho lwesitafu seICT lugqityiwe, uviwo lwenziwe lwaza lwatyikitywa. | | |

| **INkqutyana: ITekhnoloji yeNgcaciso noNxibelelwano** | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **Imigqaliselo yokusebenza** | **Ufezekiso olululo 2016/17** | **Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2017/18** | **Ufezekiso olululo 2017/18** | **Iyantlukwano evela kokujoliswe kuko ukuya kufezekiso olululo 2017/18** | **Amagqabantshintshi / izizathu zeyantlukwano** |
| | | | Ukufunyanwa kwakhona kwentleke yeERP kwaphunyezwa kwazakwenziwa iimvavanyo phambi kokuba iqalise emoyeni. Uhlahlo-mali nezicwangciso zagqitywa nokufunyanwa kkwezixhobo kwaqaliswa. | | |
- Impahla yekhompyutha – isimo esilungileyo yaye uhlaziyo lwakutsha nje lwempahla yeICT (desktop computers) lwamiliselwa ngekota yesine yonyaka-mali ka-2017/18.
- Ifanitshala – isimo esifanelekileyo; isetyenziswe ngokubanzi de kufikelelwe esiphelweni sobomi bayo bokuba luncedo yaye, ukuba kunakho, ubomi bayo bokuba luncedo buyandiswa ukuqinisekisa ngento yokuba ixabiso lemali liyafunywanwa ngokubhekiselele koko; kunye
- Ngokunxulumene nezixhobo – izixhobo zeodiyo zahlaziywa ngoMatshi 2018.

## 1. INTSHAYELELO

IWCPP inakana ukuba ulawulo lomngcipheko olufanelekileyo kunye nemimiselo yolawulo lwangaphakathi zibalulekile kulawulo olusebenzayo nempatho elungileyo. Ngoko ke iWCPP izibophelele ekugcineni imigangatho ephakamileyo yolawulo yaye ilubona ulawulo olulungileyo njengesiseko kulawulo lweemali nezibonelelo zikarhulumente. IWCPP inamacandelo akhoyo ukulungiselela ukusebenzisa izibonelelo zayo ngokusebenzayo ngokufanelekileyo nangoqoqosho, ezixhaswa ngemali ngabahlawuli berhafu.

## 2. ULAWULO LOMNGCIPHEKO

Ukumilisela uLawulo loMngcipheko weShishini (ERM) ngokuhambelana necandelo lesi-7(c) loLawulo lweMali yePalamente loMthetho weNdlu yoWiso-mthetho yePhondo (FMPPLA), uMthetho we-10 ka-2009, kunye nesiCwangciso-nkqubo soLawulo loMngcipheko weCandelo likaRhulumente leCandelo loLawulo-mali leSizwe (PSRMF),luxanduva lweGosa eliNika iNgxelo (AO) lePalamente yePhondo leNtshona Koloni (WCPP)

IWCPP yamkele uMgaqo-nkqubo woLawulo loMngcipheko weShishini (ERM) owathi wamkelwa ngomhla wama-30 kuMatshi ka-2016 nothi thaca injongo epheleleyo yeziko ngokubhekiselele kwi-ERM.

IWCPP yamkele iQhinga le-ERM kunye nesiCwangciso soMiliselo seERM, esivavanya rhoqo ngonyaka esathi samkelwa liGosa eliNika iNgxelo (AO) ngomhla we-12 kuMatshi ka-2017. IQhinga leERM nesiCwangciso soMiliselo sinika intsingiselo yoMgaqo-nkqubo we-ERM yeWCPP othi uchaze uluvo lweziko ngokubhekiselele kulawulo lomngcipheko.

Imingcipheko enokuthi ibe nempembelelo kufezekiso lweenjongo zeWCPP, kwinqanaba lomngcipheko leqhinga nelokusebenza neleprojektirhoqo ngekota. Le mingcipheko yabekwa phambili kusekwe kwikhono layo nakwimpembelelo (ehamba nawo nezishiyekileyo) kwiinjongo zeWCPP. Imingcipheko emitsha/evelayo yachongwa kwisithuba seenkqubo zovavanyo ngekota.

IWCPP ineKomiti esekiweyo yoLawulo loMngcipheko weShishini (ERMCO) ukunceda iGosa eliNika iNgxelo (AO) ekumiliseni uxanduva lwakhe olunxulumene nolawulo lomngcipheko. Ikomiti isebenza phantsi kweMigqaliselo neSikhokhelo (TOR). I ERMCO iyahlangana rhoqo ngekota ze ixoxe ngemingcipheko yeqhinga, yokusebenza neyeprojekti ethe yangaphandle kwamanqanaba afunekayo okunyamezeleka ze icebise imisebenzi engaphezulu kubanini bomngcipheko ukuzisa imingcipheko kumlinganiselo wonyamezeleko odingekayo.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi inikezele ngeNgxelo yaRhoqo ngeKota yeERM ekulungiselela ukumiliselwa kwesigunyaziso sayo solongamela kwinkqubo yoLawulo loMngcipheko yeWCPP. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ivavanya inkqubo yolawulo lomngcipheko, ngokuhambelana nenkqubela phambili yarhoqo ngekota kuthelekiswa neQhinga lonyaka leERM nesiCwangciso kunye nemingcipheko yeqhinga, yokusebenza neyeprojekti ethi ijamele iziko. Ulongamelo lweKomiti yoPhicotho-zincwadi ijolise kuloo mingcipheko (imingcipheko yeqhinga, yokusebenza okanye yeprojekti) ithe yangaphandle kwamanqanaba afunekayo okunyamezela kunye nemisebenzi yolawulo okanye iimpendulo ukudambisa imingcipheko eze nalo kuloo manqanaba onyamezelo lomngcipheko avunyiweyo.

### Impembelelo kukusebenza kweziko

Ulawulo lomngcipheko lubandakanywe kulo lonke ucwangciso nakumaqhinga eWCPP ngenxa yokwanda kweengqikelelo zomngcipheko nokungaqiniseki. Ngokusekwe kumiliselo lweQhinga leERM nesiCwangciso kunyaka-mali odlulileyo, ulawulo lweziko nobume bomsebenzi bukhulile yaye

buphucukile. IWCPP iqikelela okokuba ukwenziwa ngokupheleleyo kolawulo lomngcipheko kubume bethu obubalulekileyo ukwandisa uphuculo lweziko nokuhlangabezana neenjongo zeziko ngokuzinzileyo, kobu bume bukhoyo bezemali obunezithintelo.

## 3. UBUQHINGA NORHWAPHILIZO

UMgaqo-nkqubo woThintelo lobuQhinga weWCPP wahlaziywa ngokutsha ekupheleni kuka 2016/17 kulungiselelwa unyakamali ka 2017/18. UMgaqo-nkqubo woThintelo lobuQhinga wanikezelwa kubo bonke abasebenzi ze wafumaneka kwiNkqubo yoLawulo lwamaXwebhu. I WCPP igcine isimo sokungalunyamezeli urhwaphilizo nemisebenzi yobuqhinga, nokokuba lungaphakathi okanye lungaphandle, ze izibophelelo ekulandeleni ngamandla ze itshutshise naliphi na iqela, ingazo zonke iindlela ezisemthethweni ezikhoyo, kulowo uzihlanganise okanye ozama ukuzihlanganisa ngeendlela ezinjalo.

Iimvavanyo zomngcipheko wobuqhinga zaqhutywa ukuchonga imingcipheko yobuqhetseba, kunye nokuvavanya imingcipheko yobuqhetseba ekhoyo rhoqo ngekota. IMingcipheko yobuqhetseba echongiweyo yoNganyelwe rhoqo ngekota yiERMCO.

IiSeshoni zolwazi lobuqhinga aqhutywa nabasebenzi kuchazwa ulawulo lwengqikelelo zeenqobo ezisesikweni, iziphumo zokuziphatha zolawulo lwengqikelel zenqobo ezisesikweni (ubuqhetseba norhwaphilizo) kunye neenkqubo zokunikwa kwengxelo zangaphakathi nezangaphandle zeWCPP. ISeshoni ezimbini zokunikezelwa kwengcaciso zaqhutywa yiOfisi yoMkhuseli woLuntu yaye incwadana yendaba yangaphakathi yasetyenziswa ukwanzisa nokufundsa abasebenzi ngokuthintelwa kobuqhinga. Abasebenzi babonise ukuzibophelela kwabo kwiKhowudi yokuZiphatha yaseWCPP ngokuthi basayine irejista yokuzibophelela kwiKhowudi yokuZiphatha.

UHlobo lweMpilo yoBuqhinga ngokusetyenziswa kovavanyo lwenziwa kunye nabasebenzi kwikota yesithathu yonyaka-mali ka-2017/18. Njongoko bekunjalo nakunyaka ongaphambili, oku kuncedile ekufumaneni ingqiqo ekwinqanaba eliphezulu lobungakanani bolwazi lwabasebenzi ngolawulo lobuqhetseba. Iziphumo zasetyenziswa ukwazisa ngoMgaqo-nkqubo woThintelo loBuqhinga, iQhinga nesiCwangciso sonyakamali ka-2017/18 esathi samkelwa ngomhla wama-26 kuMatshi 2018.

## 4. UKUNCITSHISWA KWEMPIXWANO YEDOLO

Akukhange kubekho mpikiswano echongiweyo okanye exeliweyo kweli xesha liphantsi kohlolo.

## 5. IMIGAQO YOKUZIPHATHA KWAMALUNGU

### 5.1 AMalungu

***IiNtlanganiso***

Ngethuba liphantsi kovavanyo ngokutsha iKomiti yokuZiphatha ihlangene amathuba amahlanu

**Ubhengezo loMdla wamaLungu**

Umhla omiselweyo ukulungiselela ukungeniswa kweefomu zezibhengezo ngonyakamali ka 2017/18 ibe ngumhla wama-30 kuEpreli 2017. Onke amalungu azingenisile iifomu zawo zesibhengezo ngomhla omiselweyo.

***Ingcebiso kumaLungu ngeMigaqo yokuZiphatha***

UMgcini-zincwadi unikezele ngengcebiso noncedo kumaLungu ali 14 ngokuzaliswa ngokufanelekileyo kweefomu zokubhengeza.

***Ilungelo lokungena kwisahlulo sikarhulumente seefomu zobhengezo***
Kubekho izicelo ezntandathu zokubona isahlulo sikarhulumente kwiifomu zobhengezo.

***IZikhalazo***
Ngethuba eliphantsi kohlolo, Umgcini-zincwadi uphande izityholo zolwaphulo lweMigaqo ezintandathu wanika ingxelo kwiKomiti yeMigaqo yokuZiphatha.

**5.2 ULawulo lwesiXokelelwano soNikezelo**
Abasebenzi boLawulo lweSixokelelwano balufezekisile uDizo lweMidla kunyaka ophantsi lohlolo.

**6. IMIBA YEMPILO, UKHUSELO NEYENDALO**

***IKomiti yezeMpilo noKhuseleko***
IPalamente yePhondo ineKomiti yezeMpilo noKhuseleko esebenzayo. Ikomiti ihlangene amatyeli amane ngexesha lonyakamali ophantsi kohlolo (21 Juni 2017, 27 Septemba 2017, 8 Disemba 2017 Kunye nowa 26 Matshi 2018).

***ISicwangciso eSiqhubekayo sezoShishino kwimeko eMandundu yaManzi (BCP)***
Kwasekwa iKomiti yeSicwangciso eSiqhubekayo sezoShishino kwimeko eMandundu yaManzi ukuququzelela iinzame zeWCPP, ngokubambisana neSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu.IKomiti ihlole kwakhona iSicwangciso eSiqhubekayo sezoShishino kwimeko eMandundu yaManzi. IKomiti ihlangene amatyeli amane ngexesha lonyakamali ophantsi kohlolo.

***Uhlaziyo lwezokhuseleko lweendawo ezingundoqo zesizwe (NKP)***
Uhlaziyo lwezokhuseleko lwakhokelwa ngowe 10 Okthobha 2017. I-NKP yafikelela kumanqaku anga 94% ewonke kunyaka ka 2017 njengoko ubhaliwe ekhalendeni.

***IKomiti yoCwangciso eDibeneyo (JPC)***
Ikomiti yoCwangciso eDibeneyo ihlangene amatyeli amane kunyakamali ophantsi kohlolo (9 Juni 2017, 21 Agasti 2017, 12 Disemba 2017 kunye14 Februwari 2018).

Le miba ilandelayo ihoyiwe kwiJPC:

- Ukuphucla unxibelelwano phakathi kwabadlala indima enkullu (SAPS neWCPP) ngokumayela noqhankqalazo elujoliswe eWCPP.
- Amalungiselelo ezoKhuseleko nawokungekehli kwiNtetho engoBume bePhondo yeNkulumbuso ngo 2018.
- Inkxalabo yaMalunga ngokhuseleko lwawo kwiindibano zomanyelo zimvo zoluntu. Njengenxalenye yemisebenzi yecandelo lezokhuseleko, yonke imiba enxulumene nezokhuseleko kwiindibano zomanyelo zimvo zoluntu nangexesha lotyelelo lolongamelo ziyachazwa.
- Ngenxa yeso sizathuiWCPP iqalise iprojektielingwayo neSebe lezoKhuseleko loLuntu ngexesha elsukela kuOKthobha ukuya kuDisemba 2017. Indibano yokulinga yaba yimpumelelo kwaye, iWCPP yangena kwiMOU neSebe lezoKhuseleko loLuntu izibonelelo ukuba zifumaneke kumanyelo zimvo ngalunye kunye notyelelo lolongamelo. Phambi komanyelo zimvo okanye utyelelo lolongamelo, tiSebe lezoKhuseleko loLuntu kwakho libonelelele ngengxelo yohlolo lwezoKhuseleko kwiWCPP.

***UKukhutshwa ngokukhuselekileyo***
IWCPP ibenoqheliso lokukhutshwa ngokukhuselekileyo olungacwangciswanga kunye nokuqhelisa kokukhutshwa okukhuselekileyo kathathu okungacwangciswanga, oku kwenzeke emva kokuba

kuchukunyiswe isilumkiso.

Uqheliso lokukhutshwa ngokukhuselekileyo ngexesha likaxakeka kwenzeke ngowe 3 Okthobha 2017. IWCPP bingumququzeleli oyintloko iyiyo emele uqheliso lwesakhiwo sonke.

UKukhutshwa ngokukhuselekileyo kathathu okungacwangciswanga, okuthe kwenzeka ngexesha lonyamali, kuthabathe inxaxheba ngowe 4 Novemba 2017, 8 Februwari 2018 kunye nowe 15 Matshi 2018.

## 7. IKOMITI YEMITHETHO

IKomiti yeMithetho ihlangene kane kulo nyaka uphatsi kohlolo (26 Meyi 2017, 22 Septemba 2017, 1 Februwari 2018 kunye nowe 16 Matshi 2018). Kwakhona iKomiti yeMithetho ifumene iingxelo ezisuka kwiikomitana, aMalungiselelo angaPhakathi kunye neKomitana tezeMithetho.

***UQulunqo loMthetho oSayilwayo weCandelo loWiso-mithetho***

IKomiti yeMithetho yanikwa isishwankathelo ngowa 26 May 2017 nguSomlomo kuQulunqo loMthetho oSayilwayo weCandelo loWiso-mithetho. IKomiti yeMithetho iqaphela ngenkxalabo uwiso-mithetho lesizwe olucetywayo olusongela ngokujongela phantsi ukuzimela kwamaziko ezindlu zowiso-mithetho zamaphondo, njengoko kuboniwe ngaphambilu kwicandelo 116 loMgaqo-siseko woMzantsi Afrika, 1996, kwaye ixhasa uSomlomo ukuthatha amanyathelo afanelekileyo ukukhuseala ukuzimela kweziko.

***IMeko eMandundu yaManzi***

Ngowo1 Februwari 2018, IKomiti yeMithetho yanikwa isishwankathelo liSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu ngemeko emandundu yamanzi eNtshona Koloni kunye nendlela eyachaphazela ngayo iWCPP. TIKomiti ivumile ukuba kufuneka kubanjwe intlanganiso ukuxoxa ngesiCwangciso esiQhubekayo soShishino (BCP) ukulungiselela i 7 kunye ne 15 Wale Street.

Ngowe 16 Matshi 2018 ulawulo lunikeze iKomiti iBCP.IKomiti ivumile ukuba ulawulo lwepalamente lucelwe, ngokubambisana neSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu nabanye ababandakanyekayo, baqhubekeke besenbenza kunye kule meko yamanzi imandundu.

Eminye imiba exeliweyo yile ilandelayo:

***Indawo yokuhlala***

IKomitana yaMalungiselelo angaPhakathi ibinombono wokuba ukhetho lwangaphandle lungaqwalaselwa nokuba kucetyiswe ukuba indawo zeofisi ezongeziweyo zifunwe ngokuthi kufunyanwe omnye umgangathokwalapha kwisakhiwo. IKomit yeMithetho igqibe ukuba uSomlomo awuxoxe lo mba namasebe anxulumene noko.

***Ulungiselelo lokutya kwaMalungu***

INgxelo eceba ulungiselelo lokutya ixoxiwe. IKuvunyelwene ukuba amaxabiso okutya ache emiswe de ingxelo epheleleyo yababandakanyekayo ibe igqityiwe.

***Uhlaziyo lweMithetho***

IKomiti yeMithetho yanyule iKomiti yeThutyana, ekhokelwa nguSekela Somlomo, ukujongana nokuhlaziywa kwemithetho. IKomiti yeThutyana incedwe lulawulo ngophando lwemithetho.. Amaqela ezopolitiko nawo acelwe ukuba afake amangenelo ngababhexeshi babo. IKomitana ibambe iintlanganiso ezine (4 Okthobha 2017, 18 Okthobha 2017, 2 Novemba 2017 kunye 13 Februwari 2018). USekela Somlomo yokuba ikomitana yenze inkqubelaphambili entle kwaye uzakunika ingxelo kwikomiti nje ukuba umsebenzi ugqitywe.

## 8. IKOMITI YOKONGAMELA YEPALAMENTE (POC)

IKomiti yokoNgamela yePalamente iqhube umsebenzi wokongamela iwenze kwiPalamente yePhondo leNtshona Koloni ngonyaka-mali wama-2017/18.

Ukongamela kunyaka-malkiu kubandakanye le miba ilandelayo:

- Inkqubo yokwenziweyo ngekota yiWCPP;
- Iingxelo zezimali zeWCPP; kunye
- NeNgxelo yoNyaka yeWCPP yonyaka-mali wama-2016/17.

### 8.1 Ingxelo yePOC ngowama-2016/17 yonyaka-mali ibhalwe apha ngezantsi:

***INGXELO YEKOMITI YOLONGAMELO KWINGXELO YONYAKA KA-2016/17 YEPALAMENTE YEPHONDO LENTSHONA KOLONI YOWE-17 NOVEMBA 2017***

***1. Intshayelelo***

*INgxelo yoNyaka yonyaka-mali wama-2016/17 yaziswa kumaphepha-ndaba kumenywa ukuba abathathi nxaxheba namalungu oluntu abekho yaye athabathe inxaxheba kwiingxoxo.*

*INgxelo yoNyaka yePalamente yePhondo leNtshona Koloni (WCPP) yathiwa thaca yonyaka-mali wama-2016/17 phantsi kwecandelo 60(1) koMthetho woLawulo lweMali yePalamente kunye neziNdlu zoWiso-mthetho zePhondo, [uMthetho we-10 wama-2009], (FMPPLA) yaze yathunyelwa kwiKomiti yokoNgamela yePalamente ngoLwesine, wama-31 Agasti 2017 (Jonga kwi"ATC 55-2017").*

*INgxelo yoNyaka (AR) yeWCPP yenza inkcazelo yokwenzekileyo nokusebenza koLawulo lwe WCPP kwakhona kukukhuthaza ukuthathwa koxanduva ngezigqibo ngethuba lonyaka-mali ophantsi koqwalaselo. Ukusebenza kweWCPP kuthelekiswa namanqanaba okusebenza kunye nohlahlo lwabiwo-mali oluchaziweyo kwisiCwangciso seQhinga kwakunye nesiCwangciso soNyaka sokuSebenza seWCPP.*

*Injongo yoMthetho kukulawula ulawulo lwemali yePalamente kunye nezindlu zowiso-mthetho zephondo ngendlela elungelelaniswe kunye newonga layo ngokuhambelana noMgaqo-siskeo, ukuqinisekisa ngento yokokuba yonke ingeniso, inkcitho, ii-asethi namatyala ePalamente nezindlu zowiso-mthetho zephondo zilawulwa ngokufanelekileyo, ngokusebenzayo nangokuphandle, ukulungiselela ukunikela kuxanduva lwabantu abaphathiswe ulawulo lwemali nokubonelela kwimiba enxulumene noko. Ngohambelwano nomoya wecandleo lesi-4 loMthetho, iKomiti iqwalasele iAR yeWCPP ukulolonga ulongamelo lolawulo lwemali lweWCPP ukulungiselela unyaka-mali ekuthethwa ngawo.*

*Amalungu eKomiti yoloNgamelo yePalamente (POC) iye yaxoxa malunga namaCandelo eNgxelo yoNyaka yeWCPP wama-2016/17 yonyaka-maliu ngoku hlobo:*

*ICandelo A: INgcaciso ngokuBanzi,*
*ICandelo B:  INgcaciso yemiSebenzi eYenziweyo,*
*ICandelo C: ULawulo,*
*ICandelo D: ULawulo lwe Micimi*
*yabaSebenzi, kunye*
*ICandelo E: INgcaciso yeMali.*

***2. Uvavanyo ngokubanzi***

*IKomiti ihlangene ngomhla we-27 Oktobha 2017 ngentsimbi yesi-8 apho yachazelwa nguMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (emva kwangoko eya kuba "yiAGSA") ngemiphumela yophicitho-zincwadi lweFMPPLA lonyaka-mali ka-2014/15 elungiselelwe iWCPP. Emva kwenkcazelo yiKomiti ka-AC yanikwa inkcazelo yiKomiti yoPhicotho-zincwadi (apha eyaziwa njenge "AC") egalelo layo ikukuqinisekisa ngento yokokuba iWCPP isebenza ngokuhambelana nemithetho-siseko yolawulo olulungileyo, ihambelana nemigangatho yokunikwa kwengxelo nophicotho-zincwadi yaye ibeka iliso kwinto yokuba amalungiselelo lawo afanelekileyo olawulo lomngcipheko akho. I-AC ibeka iliso ngokunjalo ukwanela nokuthembeka kwengcaciso yemali okunikezelwa yiWCPP.*

*Indlela yeKomiti yayikukuhlangana nala maqumrhu kuqala ukulungiselela ukufumana kokufunyenweyo ngawo kunye neenkxalabo ezinokuthi zibekho ukunceda iKomiti okokuba ibe nonxibelelwano lokongamela olwakhayo neWCPP.*

*IKomiti ihlangene neWCPP apho amagqabantshintshi okutshayelela enziwa nguSomlomo kunye noNobhala kwiPalamente. Ingxoxo yokongamela ekwiphepha ngalinye iqhubekile kunye nabalawuli beWCPP.*

*Kuqhutywe ingxoxo yokongamela ngephepha ngalinye oku kusenziwa nabolawulo lweWCPP.*

***3. Igalelo loluntu***

*Amalungu oluntu anikwe ithuba lokuba abuze imibuzo okanye atsho ngomlomo, oku ekwenza ngokuphathelelene kokuqulathwe kwiNgxelo yonyaka yeWCPP yowe-2016/17. Kambe, kwakungekho malungu oluntu ayekho ukubuza imibuzo okanye okutsho ngomlomo.*

***4. Okufunyenweyo***

*4.1 IKomiti iqaphele okokuba uMphicotho-zincwadi Jikelele:*

*4.1.1 I-WCPP igcine uphicotho-zincwadi olungenaziphene kungekho okufunyanisiweyo kwiinjongo ezimiselwe kwangaphambili okanye uhambelwano nemithetho nemimiselo.*

*4.1.2 I-WCPP yenze inkcitho ephambi kokulindelweyo ngezigidi ezingama- R11, 4 (6, 9%).*

*4.2 IKomiti iqaphele ngokweKomiti yoPhicotho ukuba:*

*4.2.1 UPhicotho lwangaPhakathi luchonge isiCwangciso soBuyekezo lweNtlekele (Disaster Recovery Plan) njengommandla osemngciphekweni wentlekele enkulu,*

*4.2.2 Kwachongwa ezintlekele zivelayo, nezifuna ukubekwa iliso yiWCPP, ezi zezi:*

*4.2.2.1 I GRAP: Umyalelo 8 – Ingxelo edlulayo yaye amalungiselelo ethutyana wama-2017/2018 aphele. I-WCPP mayiqinisekise ukuba ingxelo epheleleyo yenziwe ngoMatshi 2018.*

*4.2.2.2 Amalungiselelo adlulayo eFMPPLA: ICandelo 14 loMthetho liyakusebenza emva konyulo lokuqala leNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe okokoko wasebenza uMthetho.*

*4.2.2.3 Eminye imiba yoLawulo lwesiXokelelwano soNikezelo (SCM) efana noVimba ongeeNkcukacha zolwazi ezikwi-ofisi ePhezulu, izatifikethi zeBBEE, uVimba ongeeNkcukacha kwiphondo usadlala indima ebalulekileyo kwiWCPP. Oku kunokuguquka kwixa elizayo xa umiliselo lweFMPPLA lusenziwa.*

*4.2.2.4 Ngethuba lophicotho zincwadi lwangaphakathi ngowama-2016/17, kwachongwa imingcipheko engama-79 phakathi kwiWCPP. Kule ingama-79 yemingcipheko, ama-50 afuna ukhuselo lwe-inshorensi.*

*4.2.3 Iphulo loCwangciso lweZibonelelo zeShishini (ERP), lwalumiselwe umiliselwa ngowama-2016/17, lwaza lwamiselwa unyaka-mali wama-2017/18 ngenxa yemiceli-mngeni kwezobuchwepheshe.*

*4.2.4 I-WCPP yafumana imiba yezicwangciso ekujoliswe kuyo engama-50 kwengama-57 kunyaka-mali wama-2016/17.*

*4.2.5 IZiko lithathe inxaxheba kwimiba yezowiso-mthetho yesizwe kwakunye neminye yokuxelenga, efana neyeePalamente zoLutsha nezamaKhosikazi, iKomiti esekwel ukujongana nemicimbi yePalamente yePhondo (NCOP), iVeki yoTyelelo kwiPhondo kunye nothethwano neGqiza leZinga eliPhezulu.*

*4.2.6 Kumiswe iziko lenkqubo ngonyaka-mali ophantsi kophengululo, ukuncedisa uNobhala njengeGosa eliyiNtloko ukuphucula izibonelelo zezolawulo neenkqubo kwiintlanganiso ezipheleleyo, imisebenzi yeeKomiti namalungu ngokubanzi eWCPP.*

*4.2.7 I-WCPP ichaze malunga ne-100% kufezekiso lweemfuno zeFMPPLA.*

*4.2.8 Iziko lizisebenzisile iinkonzo ze-inshorensi zeSebe lePrimiya ngokuphathelele kumsebenzi wophicotho zincwadi wangaphakathi. Kukhutshwe iingxelo ezine zophicotho kunyaka-mali wama-2016/17 ophantsi kovavanyo.*

*4.2.9 I-WCPP isamkele yasimilisela isixokelelwano soLawulo loMngcipheko weShishini neNkqubo-qhinga.*

*4.2.10 INkqubo yokoNgamela yoThatho-xanduva, kwakunye neQhinga loThatho-nxaxheba lukaWonke-wonke yagqitywa zavaleliswa liGunya eliPhezulu leZiko.*

*4.2.11 Ifomu ediza uchaphazeleko yeLungu elinye zange ingeniswe njengoko kulindelekile kwisithuba seentsuku ezingama- 60.*

*4.2.12 IZiko liqalise ngenkqubo yokhuliso olusebenzayo, nalapho kuqinisekiswa ukusetyenziswa kakuhle nangokufezekileyo kwemithombo yezoncedo.*

*4.2.13 I-WCPP ichaze ngoqokelelo lwezimali zayo (ingeniso) engama-R325 000. Oku kwande ngemali engama-R268 000, ukususela ngowama-2016/17 ekuqaleni konyaka-mali bekuthelekelelwa ama-R57 000 liZiko.*

*4.2.14 Ngonyaka-mali wophengululo, uLawulo lwesiXokelelwano soNikezelo alufumananga zindululo zokufunwa kwamaxabiso ezingabongozwanga okanye naziphi na ekugqitywe kuzo.*

*4.2.15 IZiko lihlawule ama-99% zee-invoyisi zalo ebezifunyenwe phakathi kweentsuku ezingama-30.*

*4.2.16 IZiko libonise ukujongana nobukho be-asbestos kummandla wepalamente.*

***5. Izindululo***

5.1 *IKomiti indulule into yokuba:*

5.1.1 *I-WCPP kunye neKomiti yoPhicotho zincwadi uyichazele ngokuphathelele kwiKomiti yoPhicotho-zincwadi, njengoko kuvunyiwe yiKhabhinethi, ekuxhaseni umsebenzi wophicotho wangaphakathi weZiko ukulawula ungcipheko oluchongiweyo lwaza lwafakwa kwirejista yangaphakathi yomngcipheko, oku kubandakanya nayiphi na imimandla emikhulu yokuphuculwa.*

5.1.2 *I-WCPP ichonge umngcipheko onokwenzeka kwirejista yayo yomngcipheko, ukurhoxiswa kumzuzu wokugqibela koqeqesho lwamalungu xa sele onke amalungiselelo enziwe ukuba kuyiwe kumaziko afana neYunivesithi yaseWitwatersrand. Olu rhoxiso lungaphembelela ekubeni oku kuthatyathwa njengenkcitho-mali engenampumelelo neyinkcitho njee.*

5.1.3 *I-WCPP icingisise, ngazo zonke izicwangciso ezizayo zonyaka zokusebenza iimali ezizinikezelo ezifunyenwe yi WCPP.*

5.1.4 *IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyichazele ngothethwano ngoqinisekiso olwathi lwamkelwa*

*laza lagqitywa kwisicwangciso sophicotho lwangaphakathi kunyaka-mali wama-2016/17.*

5.1.5 *IKomiti yophicotho-zincwadi ichaze ngochongo nokugqitywa komngcipheko ochongiweyo ngethuba lonyaka-mali wama-2015/16 nowama-2016/17.*

5.1.6 *IKomiti yoPhicotho zincwadi ichaze ngeziCwangciso zokubuyekezwa kwiNtlekele kuPhicotho lwe-ICT oluqatshelwe kuphicotho lwangaphakathi ngethuba lonyaka-mali wama-2016/17.*

5.1.7 *I-WCPP ichaze ukuba kungani na ukuba kungekho bacebisi abaqeshiweyo ngokomba wabantu ababesayakuvinjwa amathuba.*

5.1.8 *IKomiti yemigaqo ithethane neWCPP malunga neNkqubo yokoNgamela nokuThatha uxanduva kwakunye nesiCwangciso Qhinga sothatho-nxaxheba koluntu lukawonke-wonke.*

5.1.9 *IWCPP idlane iindlebe nePOC, rhoqo ngekota, malunga nephulo loCwangciso lweziBonelelo zeShishini (ERP).*

***6. INgcaciso eceliweyo:***

*6.1 IKomiti icele into yokuba i WCPP iyibonelele ngoku kulandelayo:*

6.1.1 *Ingxelo malunga nenkqubo yokwandiswa kokusebenza, oku kudibanisa amanqanaba okumilisela kwephulo nenkqubo eyenziweyo ukuza kuthi ga ngoku. Ingxelo ibandakanye iiseshoni zothethwano nabathathi-nxaxheba ezithe ezenziweyo nezibonelelweyo ngethuba lephulo.*

6.1.2 *Ingxelo eqaqambisa amagunya nemiqathango enxulumene nobonelelo ngezimali olufunyenweyo kwiCandelo leNkxaso yoWiso-mthetho (LSS) kwakunye nenkcitho eyenziweyo ukuqinisekisa uqeqesho lwamalungu.*

6.1.3 *Ingxelo yokuqinisekisa inani lilonke lemisebenzi apho bekukho amathuba emibuzo eya kwiNkulumbuso kunganikwanga silumkiso, kubandakanya ingxelo yokuqinisekisa inani lilonke lemisebenzi apho bekukho izihloko zengxoxo ezingenisiweyo kwingxoxo.*

6.1.4 *Ingxelo ebonakalisa ubungqina besicwangciso-qhinga semigqaliselo yokusebenza obayamene nesiCwangciso soNyaka kwiphepha lama-30 kwiNgxelo yonyaka-mali yeZiko yowama-2016/17, kubandakanya indlelka oku kuya kuphunyezwa ngako ngo-2020.*

6.1.5 *Ingxelo ngeehambo zasekhaya nezamazwe athe uSomlomo wazithatha ngonyaka-mali ophantsi kovavanyo.*

6.1.6 *Ingxelo echaza umgqalisela wokusebenza "yepesenti ethotyelweyo ngokoluhlu lwemimiselo olukwincwadi yoLawulo lwesiXokelelwano soNikezelo"; njengoko kubonisiwe kwiphepha 37 leNgxelo yoNyaka-mali.*

6.1.7 *Details of the legal advice that was provided by the respective legal consultants, as outlined in Table 17.1 on page 90 of the Annual Report.*

6.1.8 *Ingxelo kwingxelo-manani edityaniswe nengqiniselo yeZiko ngomngcipheko omkhulu, ngokongamela ukumiliselwa kwemithetho-siseko ehlangeneyo yengqiniseko, njengoko iqaqanjisiwe kwiphepha 4 loxwebhu lwengcaciso yeKomiti yoPhicotho-zincwadi.*

***7. Ukuqukumbela***

*IKomiti income iWCPP ngokugcina uphicotho-zincwadi olungenaziphene kungekho okufunyenweyo kwiinjongo ezimiselwe kwangaphambili okanye uhambelwano nemithetho nemimiselo.*

*IKomiti iya kuqhuba inxulumana neziko ngohlahlo lwabiwo-mali lwalo, ngomiliselo lweFMMPLA kunye nemiba engenziwanga ethe yachongwa kumacandelo achazwe ngaphambili, aqulathe*

*izigqibo zeKomiti nezicelo zengcaciso.*

*Ngaphezulu, iziko liyanconywa ngokungenisa iingxelo zemali ezingenaziphene.*

***8. Uncomo***

*USihlalo wenze umbulelo weKomiti ngeengcebiso zabachaphazelekayo abahlukeneyo, abafaa noMphicothi-zincwadi woMzantsi Afrika kunye neKomiti yoPhicotho-zincwadi, ukwandisa umsebenzi wokongamela weKomiti onxulumene neNgxelo yoNyaka yeWCPP elungiselelwe unyaka ophela ngomhla wama- 31 kuMatshi 2017.Ngaphezulu, iKomiti ibulele amagosa awongameleyo kunye nabalawuli beWCPP ngeenzame zabo neminikelo kulo mba.*

**8.1 INgxelo yePOC kwiNgxelo yoNyaka ka 2026/2017**

**8.2 Ingcaciso ecelwe yiPOC**

I- WCPP ingenise yonke ingcaciso ecelwe yiPOC ngokuhambelana nomhlathi 6.1 wengxelo.

**8.3 Impembelelo yeWCPP kwizindululo ze POC**

Impendulo yeWCPP kwizindululo ngokuhambelana nomhlathi 5.1 wengxelo injengoku kulandelayo:

| Izindulululo | | Impendulo eyenziwe yiWCPP | Isonjululwe? Ewe/Hayi |
|---|---|---|---|
| 8.3.1 | I WCPP kunye neKomiti yoPhicotho-zincwadi ilwazisile ngemiqathango nezikhombisi zeKomiti yoPhicotho-zincwadi, njengokwamkelwe yiKhabhinethi, ngokuxhasa umsebenzi wophicotho-zincwadi lwangaphakathi weziko ukulungiselela ukulawula imingcipheko ethe yachongwa yaze yafakwa kwirejista yemingcipheko yangaphakathi, kubandakanya nayiphi na imimandla engundoqo kulungiselelwa ukuphuculwa. | I POC kufuneka ibe nentlanganiso neKomiti yoPhicotho-zincwadi ukuyinika ingxelo. | Hayi |
| 8.3.2 | I WCPP ichonge umngcipheko ongakho kwirejista yayo yomngcipheko, urhoxiso lomzuzu wokugqibela loqeqesho lwamaLungu xa onke amalungiselelo ebesele eqinisekisiwe ukulungiselela ukuzinyaswa kumaziko afana neYunivesiti yaseWitwatersrand. Olu rhoxiso lunganomphumela ongakho wenkcitho engenaziqhamo nengenamsebenzi. | I WCPP iwubona lo mngcipheko njengomngcipheko wokusebenza. | Ewe |
| 8.3.3 | I WCPP ibonisa, kuzo zonke izicwangciso zayo zexa elizayo zokusebenza zonyaka, iingxowa-mali zomnikelo ezithe zamkelwa yiWCPP. | IWCPP iya kubonisa inkxaso-mali yomnikelo kwizicwangciso zexa elizayo zomsebenzi wonyaka. | Iyaqhubeka |

| | | | |
|---|---|---|---|
| 8.3.4 | IKomiti yoPhicotho-zincwadi inike ingxelo ngoxibelelwano lwengqinisekiso lwesakhiwo eyathi yamkelwa yaze yaqukunjelwa kwisiCwangciso soPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi lonyaka-mali wama-2016/17. | I POC kufuneka ibe nentlanganiso neKomiti yoPhicotho-zincwadi ukuyinika ingxelo. | Hayi |
| 8.3.5 | IKomiti yoPhicotho-zincwadi inike ingxelo ngokuchongwa nokuqukunjelwa kwemingcipheko ethe yachongwa ngesithuba seminyaka-mali yowama-2015/16 nowama-2016/17. | I POC kufuneka ibe nentlanganiso neKomiti yoPhicotho-zincwadi ukuyinika ingxelo. | Hayi |
| 8.3.6 | IKomiti yoPhicotho-zincwadi inike ingxelo ngesiCwangciso sokuLungiswa kweNtlekele esilungiselelwe uPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi ngesithuba sonyaka-mali wama-2016/17. | I POC kufuneka ibe nentlanganiso neKomiti yoPhicotho-zincwadi ukuyinika ingxelo. | Hayi |
| 8.3.7 | IWCPP inika ingxelo ngesizathu sokuqeshwa kwabacebisi ngokuhambelana nenqobo yokukhetha yabantu ababevinjiwe amathuba ngaphambili. | IPOC yanikwa ingxelo ngomhla we-13 kuEpreli 2018. | Ewe |
| 8.3.8 | IKomiti yeMigaqo inxibelelene neWCPP ngoMgaqo-nkqubo wokoNgamela nokuThatyathwa koXanduva, ngokunjalo neQhinga lokuThatyathwa kweNxaxheba luLuntu. | IKomiti yeMiqathango ilungiselele intlanganiso. | Hayi |
| 8.3.9 | IWCPP inike ingxelo kwiPOC, rhoqo ngekota, ngeprojekti yoCwangciso lweZibonelelo zeShishini (ERP). | I- WCPP isoloko inika ingxelo kwiPOC ngenqanaba leprojekti ye-ERP. Unikezelo lwengxelo lokugqibela lube ngomhla we-13 kuEpreli 2018. | Iyaqhubeka |

## *9.* ULUNGELELWANISO LWAPHAMBILI KWIINGXELO ZOPHICOTHO-ZINCWADI

Akubangakho lulungelelwaniso lwangaphambili kwiingxelo zophicotho-zincwadi ngesithuba sonyaka-mali wama-2017/18.

## *10.* IYUNITHI YOLAWULO LWANGAPHAKATHI

IYunithi yoLawulo lwaNgaphakathi lujolise ekuchongeni izithuba kulawulo ngokusetyenziswa kohlolo nokunceda kulungiselelo lophicotho-zincwadi lwasemva kophicotho-zincwadi lwawo onke amaxwebhu entengiselwano.

Le mimandla ilandelayo yagqitywa apha enyakeni ophantsi kovavanyo:

- Ulawulo lwetyala
- Ulawulo lwedesika yoncedo

- Ulawulo lweerekhodi

Uhlolo olulandelayo lwaqhutywa kokufunyenwe kunyaka ongaphambili ukulungiselela ukuqinisekisa ngenkqubela phambili nomiliselo apho bekukho izicwangciso zokusebenza zolawulo.

Iyunithi ithe rhoqo ngokulandela kwizicwangciso zokusebenza kolawulo ezivela kokufunyenwe nguMphicotho-zincwadi Jikelele kunyaka ongaphambili, ngokunjalo nakwiingxelo zoPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi ezikhutshiweyo.

Uphando lokulahleka kolawulo kujongwana nalo ngoLawulo lwaNgaphakathi. Lwakuba luqhutyiwe uphando ngcoselelo lwagqitywa, iingcebiso ziyenziwa kwiGosa eliNika iNgxelo ukuba licime okanye lifumane ilahleko.

## *11.* UPHICOTHO-ZINCWADI LWANGAPHAKATHI KUNYE NEEKOMITI ZOPHICOTHO-ZINCWADI

UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi lunikezela abalawuli ngengqiniseko ezimeleyo nengakhethi cala kunye neenkonzo zothethwano eziyilelwe ukwangezeleIa ixabiso nokuqhubeka kuphuculwa imisebenzi yeziko. Lunceda iziko ekubeni lifezekise iinjongo zalo ngokuzisa indlela elungelelanisiweyo, enocwangco ukulungiselela ukuvavanya nokuphucula ukusebenza kakuhle kweenkqubo zoLawulo, uLawulo loMngcipheko nothintelo.

Le misebenzi ingundoqo ilandelayo yenziwa kule meko:

- Ukuvavanya nokwenza izindululo ezifanelekileyo kulungiselelwa ukuphuculwa kweenkqubo zolawulo ekufezekiseni iinjongo zeziko;
- Ukuvavanya ukwanela nokusebenza kakuhle nokunikela kuphuculo lwenkqubo yolawulo lomngcipheko;
- Ukunceda iGosa eliNika iNgxelo ekugcineni ulawulo olufanelekileyo nokusebenzayo ngokuvavanya olo lawulo ukumisela ukusebenza kwalo nokufaneleka, nangokuphuhlisa izindululo ukulungiselela ukwandisa okanye ukuphucula.

**Amalungiselelo engqinisekiso alandelayo amkelwa aze aqukunjelwa kwisiCwangciso soPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi sowama-2017/18:**

- IKomiti yeNkxaso
- Unxibelelwano
- INtlawulo eziKhutshelweyo
- IiNkonzo zeHansard
- ULawulo lwe-Akhawunti yoMsebenzisi woThungelwano
- UkuFuduswa kweeNkcukacha zaManani

IKomiti yoPhicotho-zincwadi isekwe njengequmrhu lokongamela, elinikezela ulongamelo oluzimeleyo kulawulo, ulawulo lomngcipheko kunye neenkqubo zolawulo kwiziko, olubandakanya ulongamelo noxanduva olunxulumene:

- Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi;
- Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwaNgaphandle (uMphicothi-zincwadi woMzantsi Afrika – AGSA);
- Ubalo-mali nokunikwa kwengxelo;
- IMigaqo-nkqubo yoBalo-mali
- Uvavanyo lolawulo lwe-AGSA kunye nengxelo yophicotho-zincwadi;
- Uvavanyo loBeko-liso lwaseNyakeni;
- ULawulo loMngcipheko;
- ULawulo lwaNgaphakathi;

- Iinjongo ezimiselwe kwangaphambili;
- INqobo ezisesikweni noPhando lwaseNkundleni.

Itheyibhile engasezantsi ibhengeza ingcaciso efanelekileyo ngamalungu ekomiti yophicotho-zincwadi:

| Igama | Iziqini sekiso | Ngaphakathi okanye Ngaphandle | Ukuba ngaphakathi, isikhundla kwisebe | Umhla wokuqeshwa | Umhla wokurhoxa | Inani leeNtlanganiso ezizinyasiweyo |
|---|---|---|---|---|---|---|
| Mr Mervyn Burton | B Compt; B Compt (Hons); CA(SA) | Ngaphandle | N/A | 01 Janyuwari 2015 (ikota yesi-2) | Ikota yesi-2*P P* Ephela ngomhla wama-31 kuDisemba 2017 | 6 |
| Mnu. Kerry Raymond Larkin | B Compt; ND FIS; FIIASA CIA; CRMA; CCSA | Ngaphandle | N/a | 01 Janyuwari 2018 (ikota yoku-1) | N/a | 2 |
| Nksk. Merle Kinnes | BA; LLB; Higher Certificate in Forensics Examination; Attorney of the High Court | Ngaphandle | N/A | 01 Janyuwari 2016 (ikota yoku-1) | N/a | 8 |
| Mnu. Mohamed Yaseen Ismail | BCom, PGDA, Certificate in Advanced Taxation, Certificate in Forensic and Investigative auditing, CA(SA), RA(SA), CFE | Ngaphandle | N/A | 01 Meyi 2016 (ikota yoku-1) | N/a | 8 |

**12. INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI**

Sanelisekile kukunikezela ingxela yethu elungiselelwe unyaka-mali ophela ngomhla wama-31 kuMatshi 2018.

**UXanduva lweKomiti yoPhicotho-zincwadi**

IKomiti yoPhicotho-zincwadi inika ingxelo yokokuba iqulunqe uxanduva lwayo oluvela kwiCandelo **48** loMthetho woLawulo lweMali yiPalamente neZindlu zoWiso-mthetho zePhondo **(FMPPLA)**. IKomiti yoPhicotho-zincwadi inike ingxelo ngokunjalo yokokuba yamkele iMiqathango neSikhokhelo esifanelekileyo esisesikweni, ilungelelanise imicimbi yayo ukulungiselela ukuhambelama nale miqathango yaye ilunikezele lonke uxanduva lwayo njengoko luqulathwe apha.

**Ukusebenza kakuhle koLawulo lwaNgaphakathi**

Ngokuhambelana neFMPPLA, uPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi lunikezela iKomiti yoPhicotho-zincwadi kunye noLawulo kunye nengqinisekiso efanelekileyo yokokuba ulawulo lwangaphakathi lwanele yaye luyasebenza. Oku kufezekiswa ngesicwangciso sophicotho-zincwadi lwangaphakathi olwamkelweyo olusekwe kumngcipheko, uPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi oluvavanya ukwanela kolawulo oluthintela imingcipheko kunye neKomiti yoPhicotho-zincwadi ibeka iliso kumiliselo lwemisebenzi yolungiso.

Le misebenzi ilandelayo yamkelwa yiKomiti yoPhicotho-zincwadi ze yaqukunjelwa luPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi enyakeni ophantsi kovavanyo:

- INkxaso yeKomiti
- UNxibelelwano
- IiNtlawulo ezikhutshelweyo
- IiNkonzo zeHansard
- ULawulo lwe-Akhawunti yoThungelwano loMsebenzisi
- UkuFuduka kweeNkcukacha zolwazi

Imimandla yophuculo, njengoko kuchatshazelwe luphicotho-zincwadi lwangaphakathi ngethuba lokwenza umsebenzi wabo, kugqitywe ngayo lulawulo. Ikomiti yophicotho-zincwadi ibeka iliso kumiliselo lwemisebenzi ekuvunyelwene ngayo rhoqo ngekota.

**ULawulo lwaseNyakeni kunye neNgxelo yaRhoqo ngenyanga okanye Rhoqo ngekota**

IKomiti yoPhicotho-zincwadi yanelisekile kokuqulathiweyo kunye nokulunga kolawulo lwasenyakeni lwarhoqo ngekota kunye neengxelo zomsebenzi ezikhutshwe kunyaka ophantsi kovavanyo ligosa eliNika iNgxelo yeWCPP ngokuhambelana neFMPPLA.

**Uvavanyo lweengxelo zemali**

IKomiti yoPhicotho-zincwadi:

- izivavanyile ze yazixoxa iiNgxelo zoNyaka zeMali eziPhicothoweyo ekufanele zibandakanywe kwiNgxelo yoNyaka, kunye noMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (AGSA) kunye neGosa eliNika iNgxelo;
- iyivavanyile iNgxeloo yoLawulo ye- AGSA kunye neempendulo zoLawulo ngoko;
- izivavanyile iinguqu kwimigaqo-nkqubo yokunikwa kwengxelo neendlela njengoko kuchaziwe kwiiNgxelo zoNyaka zeMali;
- ikuvavanyile ulungelelwaniso lwemathiriyeli oluphuma kuphicotho lweziko.

**Uhambelwano**
IKomiti yoPhicotho-zincwadi izivavanyile iinkqubo zeWCPP zohambelwano nezibonelelo zomthetho nezilawulayo. Siqaphela iimpendulo zabo.

**Ingcaciso yomsebenzi**
IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyivavanyile ingcaciso kwiinjongo ezimiselwe kwangaphambili kwiNgxelo yoNyaka.

**INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika**
Sithe rhoqo ngekota savavanya isicwangciso somiliselo seziko esiphakanyiswe kunyaka ongaphambili. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ihlangene ne-AGSA ukuqinisekisa ngento yokokuba akukho miba engasonjululwanga ethe yavela kuphicotho-zincwadi lolawulo.
Imiqathango yolungiso kwiinkcukacha zokufunyenweyo ephakanyisiweyo ngu-AGSA iya kuqhubeka ibekwe iliso yiKomiti yoPhicotho-zincwadi rhoqo ngekota.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyavumelana yaye iyayamkela imbono yoMphicothi-zincwadi woMzantsi Afrika ephathelelene neeNgxelo zoNyaka zeMali, yaye icebise okokuba ezi Ngxelo zoNyaka zeMali zoPhicotho-zincwadi mazamkelwe zifundwe kunye nengxelo yazo yophicotho-zincwadi.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi incoma iZiko ngokugcina imbono yophicotho-zincwadi engenaziphene ekungkeho okufunyenweyo.

**Mnu Kerry R. Larkin**
**USihlalo weKomiti yoPhicotho-zincwadi**
**IPalamente yePhondo leNtshona Koloni**
**21 Agasti 2018**

## 1. INTSHAYELELO

Unyaka-mali wama-2017/18 ube ngoxakeke kakhulu kwiCandelo leMicimbi yaBasebenzi leWCPP ngomiliselo lweSage X3 njengenxalenye yeprojekti JUMP, ngokunjalo nokuqaliswa kweprojekti engokwandiswa kokusebenza. Kukho imbonakalo yenguqu engumangaliso ekufuneka yenzekile kwiminyaka-mali emibini elandelayo yaye unyaka ophantsi kovavanyo ngokwenene ubeke isiseko esilungiselelwe oko.

**QAPHELA:** *Nceda uqaphele into yokokuba kuyo yonke ingcaciso yeenkcukacha zamanani ezinikezelweyo amanani aya kubhekiselele kubo bonke abasebenzi ababeqeshwe kwisithuba sonyaka-mali wonke. Ngaphandle kwalapho kuthe kwachazwa "Njengoko kunjalo ngomhla wama-31 kuMatshi 2017 okanye ngomhla woku-1 kuEpreli 2018" apho amanani aya kubonisa ubume bolo suku.*

## 1. IQHINGA LEMICIMBI YABASEBENZI

Unyaka-mali ophantsi kovavanyo, 2017/18, yayingunyaka xa ukwenziwa kutsha kwakusembindini wayo yonke imisebenzi yeCandelo leMicimbi yaBasebenzi. Abe mathathu amacandelo angundoqo okwenziwa kutsha athe agcina abasebenzi kwiCandelo leMicimbi yaBasebenzi, angala yinkqubo yokumiliselwa kweQonga lweZibonelelo zeShishini, iSage X3; iprojekti engokwandiswa kokusebenza, nokuqaliswa kwenkqubo ehlaziyiweyo yempilo-ntle yomsebenzi.

Ngokuhambelamna nomiliselo lwee-Sage X3, inkqubo iqale ngamaxwebhu eemfuno zokusebenza ahambelana neenkcukacha zeemfuno. Ngeli thuba ixesha lobuchule leqabane lomiliselo lalixakekile liqulunqa inkqubo ngokweemfuno zethu, iWCPP yaqalisa ngokufuduswa kweenkcukacha zamanani ukususela kwiinkqubo ezindala ezinqamlezileyo. Ukufuduswa kweenkcukacha zamanani ibe yinkqubo enzima, apho zonke iinkcukacha zamanani kwafuneka zicocwe (umzekelo ukususwa kophinda-phindo), zicholwa-cholwe ze ziqinisekiswe zithelekiswa neerekhodi zakuqala. Oku kwalandelwa kukuhlolwa kolwamkelo lomsebenzisi, apho inkqubo equlunqiweyo yalinganiswa kuthelekiswa neemfuno. Uhlolo nokukhutshwa kweengxaki kwenziwa ngamandla ngabanikezeli benkonzo kunye nabasebenzi beHR.

Emva kokuba kuqeshwe umnikezeli wenkonzo, iprojekti yokwandiswa komsebenzi yaqaliswa. Inqanaba lokuqala leprojekti yayiluhlahlelo lwesimo. Oku kubandakanya abasebenzi abaphuma kumacandelo awahlukeneyo. Iingcali zonikezelo lwenkonzo ziqhube uthelekiso kunye neepalamente eziyeleleneyo eMzantsi Afrika, e-Afrika naphesheya koolwandle.

INkqubo yeMpilo-ntle yaBasebenzi yayilwa ngokutsha emva kodliwano-ndlebe nabasebenzi ukumisela iimfuno ezizizo zabasebenzi ngokwemiqathango yenkxaso yempilo-ntle. I-WCPP igqibe ngokunjalo ngento yokokuba impilo-ntle yomsebenzi kufuneka isekwe phezu kweenqobo ezisesikweni zeWCPP kunye nemithetho-siseko evela kwiProject GROW. I-WCPP yamkele ngokunjalo indlela yokuhlanganisa inkqubo yempilo-ntle yomsebenzi kunye nenkqubo yombutho ukulungiselela ukwandisa uthatyatho-nxaxheba nempembelelo.

Ngasezantsi ngumboniso wetheyibhle yemigqalisela ethile kulawulo lwemicimbi yabasebenzi kunye nembonakalo yombutho kwisithuba seminyaka esibhozo edlulileyo:

| | 2010/11 | 2011/12 | 2012/13 | 2013/14 | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **Inkcitho yabasebenzi** | 24,5 izigidi | 27 izigidi | 32 izigidi | 39 izigidi | 46 izigidi | 49 izigidi | 53 izigidi | 57 izigidi |
| **Umlinganiselo wezithuba ezingazaliswanga** | 10% | 17% | 9,3% | 6,6% | 3,8% | 4,8% | 8,6% | 3,7% |
| **Inani elipheleleyo labasebenzi** | 78 | 78 | 88 | 99 | 101 | 99 | 96 | 103 |
| **Abaqeshiweyo** | 15 | 12 | 16 | 15 | 11 | 12 | 5 | 17 |
| **Abarhoxileyo** | 6 | 9 | 4 | 3 | 5 | 5 | 9 | 3 |
| **Umndilili wekhefu lokugula** | 8,6 | 7,04 | 5 | 6 | 8,18 | 9 | 9,2 | 8,6 |

## 4. INKCITHO

I WCPP ilumisela uhlahlo lwabiwo-mali lwayo ngokwemiqathango yeennkqubo ezichazwe kakuhle. IiTheyibhile ezilandelayo zishwankathela inkcitho yokugqibela ephicothiweyo ngokwenkqubo (ITheyibhile 4.1) nangamanqanaba emivuzo (ITheyibhile 4.2). Ingakumbi, zibonelela ngengqiqo yesixa-mali esichithiweyo kwiindleko zabasebenzi ngokuhambelana neenkqubo nganye okanye ngamanqanaba omvuzo.

**AMANQAKU ABALULEKILEYO:**

a) Abanye abasebenzi babaqeshwe kwinqanaba elinye lomvuzo kwisithuba sonyaka-mali. Baya kuboniswa ngoko kwinqanaba elingaphezulu kwelinye okunomphumela wesambuku sabasebenzi abonakala ngathi awalingani.

b) Kukho umahluko phakathi kwenkcitho yabasebenzi kwiingxelo yemali kunye nenkcitho yabasebenzi kwingxelo yonyaka. Oku kube ngumphumela woguqulelo olusuka kubalo-mali lwemali ezinkozo elungelelanisiweyo ukuya kubalo-mali lokufumana. Iingxelo zemali zibandakanya izibonelelo ezilungiselelwe izibonelelo zabasebenzi ezingezizo iintlawulo ezizizo, phakathi kwezinye.

### 4.1 IiNdleko zaBasebenzi ngokweNkqubo, 2017/18

| Inkqubo | Inkcitho yabasebenzi (R'000) | Inkcitho epheleleyo (R'000) | Indleko zabasebenzi ngokwe-% yenkcitho epheleleyo | Inkcitho yoqeqesho (R'000) | Umndilili wendleko zenkcitho ngomsebenzi ngamnye (R'000) |
|---|---|---|---|---|---|
| Inkqubo 1 ULawulo | 38 826 | 59 213 | 65.6% | 348 | 562 |
| Inkqubo 3 IiNkonzo zePalamente | 18 520 | 24 805 | 74.6% | 171 | 544 |
| **IYonke** | **57 346** | ***84 018** | **68.2%** | **519** | **556** |

** Esi sixa-mali asibandakanyi ulwabiwo-mali olusemthethweni olulungiselelwe amaLungu eWCPP kunye neNkqubo 2: Izakhiwe neZibonelelo zamaLungu namaQela ezoPolitiko.*



INkqubo 3 ngokwembali inabasebenzi abambalwa kuneNkqubo 1 ngenxa yamacandelo amaninzi aqulathwe yiNkqubo 1. La abandakanya ii-ofisi ekaSomlomo nekaNobhala. Ngomhla wama-31 kuMatshi 2018, kukho abasebenzi abangama-69 kwiNkqubo 1 nama-34 kwiNkqubo 3.

### 4.2 IiNdleko ngokwamaNqanaba eMivuzo, 2017/18

| AmaNqanaba eMivuzo | Inani labasebenzi | Inkcitho yabasebenzi R'000 | Ipesenti yeendleko ezipheleleyo zabasebenzi | Umndilili wendleko zenkcitho ngomsebenzi ngamnye R'000 |
|---|---|---|---|---|
| Abangenakhono ngokupheleleyo(Inqanaba A1 – B1) | 4 | 1 048 | 2% | 262 |
| Abanamakhono aphezulu (Inqanaba B2 – C3) | 68 | 26 043 | 45.4% | 382 |
| Amagcisa anekhono (Inqanaba C4-C5) | 15 | 11 187 | 19.5% | 447 |
| Abalawuli abaphezulu (Inqanaba D1 – D3) | 14 | 13 271 | 23% | 947 |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Abalawuli abayiNtloko (Inqanaba D4 – E2) | 4 | 5 650 | 9.9% | 1412 |
| Abaqeqeshwa besengqeshweni | **4** | 146 | **0.2%** | **36.5** |
| Bebonke | **109** | **57 346** | **100%** | **526** |

**4.2.1 IiNdleko ngokwamaQela abemi, 2017/18**

| Ubume babaxhamli | Inani labasebenzi | Iindleko zabasebenzi ngokwesini (R'000) | Ipesenti yenkcitho ngomsebenzi ngamnye |
|---|---|---|---|
| AbaNtsundu | 22 | 10 593 | 18% |
| Ama-Indiya | 5 | 3 629 | 6.8% |
| AbeBala | 63 | 33 805 | 59% |
| AbaMhlophe | 15 | 9 173 | 16% |
| **Abaqeqeshwa besengqeshweni** | 4 | 146 | 0.2% |
| **Bebonke** | **109** | **57 346** | **100%** |

**4.2.2 IiNdleko ngokweSini, 2017/18**

| Ubume babaxhamli | Inani labasebenzi | Iindleko zabasebenzi ngokwesini (R'000) | Ipesenti yenkcitho ngomsebenzi ngamnye |
|---|---|---|---|
| Amadoda | 50 | 32 528 | 57% |
| Amabhinqa | 55 | 24 672 | 43% |
| **Abaqeqeshwa besengqeshweni** | **4** | 146 | **0.25%** |
| **Bebonke** | **109** | **57 346** | **100%** |

Iitheyibhile ezilandelayo zinikezela ngesishwankathelo ngokwenkqubo (iTheyibhile 4.3) kunye namanqanaba emivuzo ngokwepesenti yeendleko ezipheleleyo zabasebenzi (iTheyibhile 4.4),kunye namanqanaba emivuzo njengepesenti yeendleko ezipheleleyo zabasebenzi ezilungiselelwe loo manqanaba (iTheyibhile 4.5) enkcitho eyenziweyo ngenxa yemivuzo, imbuyekezo yokusebenza ngaphezulu kwexesha, isibonelelo sezindlu nenkxaso yonyango. Ezi theyibhile azibandakanyi abafunda besengqeshweni.

**4.3 Imivuzo, Intlawulo yokusebenza ngaphezulu kwexesha elimiselweyo, Isibonelelo sezindlu noNcedo loNyango ngokwenkqubo, 2017/18**

| Inkqubo | Imivuzo | | Intlawulo yokusebenza ngaphezulu kwexesha elimiselweyo | | Isibonelelo sezindlu (HOA) | | UNcedo loNyango | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | Isixa-mali R'000 | Imivuzo njenge- % yeendleko zabasebenzi ngokwe-nkqubo | Isixa-mali R'000 | Intlawulo yokusebenza ngaphezulu kwexesha elimiselweyo njenge-% yeendleko zabasebenzi | Isixa-mali R'000 | HOA njenge-% yeendleko zabasebenzi | Isixa-mali R'000 | UNcedo loNyango njenge-% yeendleko zabasebenzi |
| Inkqubo 1 | 27 537 | 71% | 119 | 0.43% | 2 121 | 7.7% | 561 | 2% |

| | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| Inkqubo 3 | 12 963 | 70% | 221 | 1.2% | 1 393 | 11% | 358 | 1.9% |
| **IYonke** | **40 500** | **71%** | **340** | **0.6%** | **3 514** | **6.1%** | **919** | **1.6%** |

**4.4 Imivuzo, Intlawulo yokusebenza ngaphezulu kwexesha elimiselweyo, Isibonelelo sezindlu noNcedo loNyango ngokwamanqanaba emivuzo, 2017/18 (ipesenti yeendleko ezipheleleyo zabasebenzi)**


| AmaNqanaba eMivuzo | Imivuzo | | Intlawulo yokusebenza ngaphezulu kwexesha elimiselweyo | | Isibonelelo sezindlu (HOA) | | UNcedo loNyango | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | Isixa-mali R’000 | Imivuzo njenge- % yeendleko zabasebenzi ngokwe-nkqubo | Isixa-mali R’000 | Intlawulo yokusebenza ngaphezulu kwexesha elimiselweyo njenge-% yeendleko zabasebenzi | Isixa-mali R’000 | HOA njenge-% yeendleko zabasebenzi | Isixa-mali R’000 | UNcedo loNyango njenge-% yeendleko zabasebenzi |
| Abangenakhono ngokupheleleyo (Inqanaba A1 – B1) | 618 | 1.1% | 27 | 0.47% | 184 | 0.32% | - | - |
| Abanamakhono aphezulu (Inqanaba B2 – C3) | 18 366 | 32% | 144 | 0.25% | 2 451 | 4.3% | 395 | 0.69% |
| Amagcisa anekhono (Inqanaba C4-C5) | 8 008 | 14% | 155 | 0.27% | 879 | 1.5% | 337 | 0.58% |
| Abalawuli abaphezulu (Inqanaba D1 – D3) | 9 286 | 16% | 16 | 0.03% | - | - | 153 | 0.26% |
| Abalawuli abayiNtloko (Inqanaba D4 – E2) | 4 222 | 7.4% | - | - | - | - | 34 | 0.06% |
| **IYonke** | **40 500** | **71%** | **342** | **0.6%** | **3 514** | **6.1%** | **919** | **1.6%** |

**4.5 Imivuzo, Intlawulo yokusebenza ngaphezulu kwexesha elimiselweyo, Isibonelelo sezindlu noNcedo loNyango ngokwamanqanaba emivuzo, 2017/18 ipesenti yamanqanaba emivuzo awahlukeneyo)**

| AmaNqanaba eMivuzo | Imivuzo | | Intlawulo yokusebenza ngaphezulu kwexesha elimiselweyo | | Isibonelelo sezindlu (HOA) | | UNcedo loNyango | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | Isixa-mali R'000 | Imivuzo njenge- % yeendleko zabasebenzi ngokwe-nkqubo | Isixa-mali R'000 | Intlawulo yokusebenza ngaphezulu kwexesha elimiselweyo njenge-% yeendleko zabasebenzi | Isixa-mali R'000 | HOA njenge-% yeendleko zabasebenzi | Isixa-mali R'000 | UNcedo loNyango njenge-% yeendleko zabasebenzi |
| Abangenakhono ngokuphelelеyo (Inqanaba A1 – B1) | 618 | 59% | 27 | 4.4% | 184 | 29% | - | - |
| Abanamakhono aphezulu (Inqanaba B2 – C3) | 18 366 | 70.5% | 144 | 0.8% | 2 451 | 13% | 395 | 2.15% |
| Amagcisa anekhono (Inqanaba C4-C5) | 8 008 | 71.6% | 155 | 1.9% | 879 | 11% | 337 | 4.2% |
| Abalawuli abaphezulu (Inqanaba D1 – D3) | 9 286 | 70% | 16 | 0.2% | - | - | 153 | 1.6% |
| Abalawuli abayiNtloko (Inqanaba D4 – E2) | 4 222 | 74.7% | - | - | - | - | 34 | 0.8% |
| **IYonke** | **40 500** | **71%** | **342** | **0.84 %** | **3 514** | **8.6%** | **919** | **2.3%** |

## 5. INGQESHO NEZITHUBA EZIKHOYO

Ezi theyibhile zilandelayo zishwankathela inani lezithuba, (ezixhaswa ngemali nezingaxhaswa ngamali), kuluhlu lwabasebenzi, inani labasebenzi kunye nemilinganiselo yezithuba ezingazaliswanga. Ingcaciso ethiwe thaca ngokuhambelana nemiba emithathu engundoqo, okt. Inkqubo (iTheyibhile 5.1), inqanaba lemivuzo (iTheyibhile 5.2) nemisebenzi ebalulekileyo.




Kubekho ukuhla kumlinganiselo weWCPP wezithuba ezingazaliswanga ukususela ku-2007/2008.

### 5.1 INgqesho neziThuba ezingazaliswanga ngokweNkqubo, umhla wama-31 kuMatshi 2018:

| Inkqubo | Inani lezithuba | Inani lezithuba ezixhaswa ngemali | Inani lezithuba ezizalisiweyo | Umlinganiselo wezithuba ezingazaliswanga | Umlinganiselo wezithuba ezingazaliswanga ezilungiselelwe izithuba ezixhaswa ngemali |
|---|---|---|---|---|---|
| Inkqubo 1 | 73 | 72 | 69 | 5.5% | 1.4% |
| Inkqubo 3 | 36 | 35 | 34 | 5.5% | 2.7% |
| **IYonke** | **109** | **107** | **103** | **5.5%** | **3.7%** |

**5.2 INgqesho neziThuba ezingazaliswanga ngokwamaNqanaba, umhla wama-31 kuMatshi 2018:**

Ingcaciso kwimeko nganye ibonisa isimo ukuza kuthi ga ngomhla wama-31 kuMatshi 2018. Ukulungiselela ukubonisa utshintsho kubasebenzi ngethuba eliphantsi kovavanyo, nceda ubhekiselele kwiCandelo 7 lale ngxelo.

| Inqanaba lomvuzo | Inani lezithuba | Inani lezithuba ezixhaswa ngemali | Inani lezihuva ezizalisiweyo | Umlinganiselo wezithuba ezingazaliswanga | Umlinganiselo wezithuba ezingazaliswanga ezilungiselelwe izithuba ezixhaswa ngemali |
|---|---|---|---|---|---|
| Abangenakhono ngokupheleleyo (Inqanaba A1 – B1) | 4 | 4 | 4 | - | - |
| Abanamakhono aphezulu (Inqanaba B2 – C3) | 65 | 64 | 64 | 1.5% | - |
| Amagcisa anekhono (Inqanaba C4-C5) | 19 | 19 | 18 | 5.2% | 5.2% |
| Abalawuli abaphezulu (Inqanaba D1 – D3) | 16 | 15 | 14 | 12.5% | 6.25% |
| Abalawuli abayiNtloko (Inqanaba D4 – E2) | 5 | 5 | 3 | 40% | 40% |
| **IYonke** | **109** | **107** | **103** | **5.5%** | **3.7%** |

**5.3 INgqesho neziThuba ezingazaliswanga ngokweMisebenzi ebalulekileyo, umhla wama-31 kuMatshi 2018:**

Akubangakho misebenzi ibalulekileyo ethe yachongwa ekuqaleni konyaka-mali ka-2017/18.

## 6 INGCACISO YENKONZO YABALAWULI ABAPHEZULU

**6.1 Ukuzaliswa kweZithuba zeNkonzo yaBalawuli abaPhezulu:**

Iitheyibhile ezikweli candelo zinikezela ngengcaciso engengqesho nezithuba ezingazaliswanga njengoko ibhekiselele kumalungu eNkonzo yabalawuli abaPhezulu ngokwenqanaba lomvuzo. Inikezela ngokunjalo ngengcaciso kupapasho nokuzaliswa kwezithuba zeNkonzo yaBalawuli abaPhezulu. Imiqathango yemithetho yeNkonzo kaRhulumente ayisebenzi kwiWCPP yaye, ngoko, akunikwanga ngxelo ngayo.

**Ingcaciso yezithuba zeNkonzo yaBalawuli abaPhezulu njengoko injalo ngomhla wama-31 kuMatshi 2018**

| Inqanaba leSMS | Inani lezithuba zeSMS ezixhaswa ngemali | Inani lezithuba zeSMS ezizalisiweyo | I-% lezithuba zeSMS ezizalisiweyo | Inani elipheleleyo lezithuba zeSMS ezixhaswa ngemali | I-% lezithuba zeSMS ezingazaliswanga |
|---|---|---|---|---|---|
| E2 | 1 | 1 | 100% | - | - |
| E1 | 2 | 1 | 50% | 1 | 50% |
| D4 | 2 | 1 | 50% | 1 | 50% |
| **IYonke** | **5** | **3** | **66,7%** | **2** | **40%** |

**Ukupapashwa nokuzaliswa kwezithuba zeNkonzo yaBalawuli abaPhambili zesithuba somhla wama-1 kuEpreli 2017 nomhla wama-31 kuMatshi 2018**
Akukho lupapasho.

## 7 UVAVANYO LOMSEBENZI

Akubanga kho zithuba zivavanywayo kunyaka-mali wama-2017/18.

### 7.1 Imbonakalo yabasebenzi abazithuba zabo zihlaziyiweyo ngenxa yokuba izithuba zabo zihlaziyiwe:

| Imisebenzi | Inani labasebenzi | Inqanaba lokuqala | INqanaba loVavanyo loMsebenzi |
|---|---|---|---|
| - | - | - | - |

Itheyibhile elandelayo ishwankathela inani lezehlo apho amanqanaba omvuzo athe ayidlula igreyidi emiselwe luvavanyo lomsebenzi. Izizathu zeyantlukwano zinikezelwe kwisehlo ngasinye.

### 7.2 Abasebenzi abanamanqanaba emivuzo engaphezulu kwalawo amiselwe luvavanyo lomsebenzi ngokomsebenzi:

| Imisebenzi | Inani labasebenzi | Inqanaba lovavanyo lomsebenzi | Inqanaba lomvuzo | Izizathu zeyantlukwano |
|---|---|---|---|---|
| UMabhalane | 1 | B3 | B5 | Historical grade creep |
| **Ipesenti yabo baqeshiweyo** | | | | **1%** |

*Lo msebenzi urhangqwe bomvu kunye nemithetho-siseko ethe ngqo esebenzayo kumvuzo wakhe.*

Itheyibhile elandelayo ishwankathela abaxhamli yoku kungasentla ngokohlanga, isini nabalimeleyo.

**7.3 Imbonakalo yabasebenzi abanamanqanaba emivuzo angaphezulu kulawo amiliselwe luvavanyo lomsebenzi**

| Umxhamli | AbaNtsundu | Ama-Indiya | AbeBala | AbaMhlophe | Bebonke |
|---|---|---|---|---|---|
| Amabhinqa | - | - | 1 | - | 1 |
| Amadoda | - | - | - | - | - |
| **Bebonke** | **-** | **-** | **1** | **-** | **1** |
| **Abasebenzi abalimeleyo** | - | - | - | - | - |

| | |
|---|---|
| **Inani elipheleleyo labaqeshwa elimivuzo yalo idlule igreyidi elimiselweyo luvavanyo lomsebenzi ngowama-2017/18** | **1** |

**8 IINGUQU ZENGQESHO**

Eli candelo linikezela ngengcaciso ezi ngeenguqu kwingqesho kwisithuba sonyaka-mali. Umlinganiselo wengeniso ubonisa iindlela kwimbonakalo yengqesho yeWCPP. Itheyibhile ezilandelayo zinikezela ngesishwankathelo semilinganiselo yengeniso ngokwenqanaba lemivuzo.

**8.1 Imilinganiselo yengeniso yonyaka ngokwenqanaba lemivuzo kwisithuba somhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018:**


| Inqanaba lomvuzo | Inani lezithuba ngokwenqanaba lomvuzo njengoko injalo ngomhla woku-1 kuEpreli 2017 | INgqesho nokukhutshelwa kwiWCPP | | Ukurhoxiswa nokukhutshwa kwiWCPP | Umlinganiselo wengeniso |
|---|---|---|---|---|---|
| | | Ngaphakathi | Ngaphandle | | |
| Abangenakhono ngokupheleleyo (Inqanaba A1 – B1) | **4** | - | - | - | - |
| Abanamakhono aphezulu (Inqanaba B2 – C3) | 58 | 3 | 11 | 1 | 1.7% |
| Amagcisa anekhono (Inqanaba C4-C5) | 14 | - | 1 | - | - |
| Abalawuli abaphezulu (Inqanaba D1 – D3) | 12 | 1 | 1 | 1 | 8.3% |
| Abalawuli abayiNtloko (Inqanaba D4 – E2) | 4 | - | - | 1 | 25% |
| **Inani labasebenzi elipheleleyo** | **92** | **4** | **13** | **3** | **3.2%** |
| Abaqeqeshwa besengqeshweni | 4 | - | 1 | 3 | 100% |

I WCPP ibe nakho ukuguquka kakhulu ngokubhekiselele kwingqesho nokurhoxa kwisithuba seminyaka emithandathu edlulileyo.

| | 2011/12 | 2012/13 | 2013/14 | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **Ingqesho** | 12 | 19 | 15 | 5 | 11 | 5 | 17 |
| **Ukurhoxa** | 9 | 5 | 3 | 3 | 5 | 9 | 3 |
| **Umndilili** | 4:3 | 3.8:1 | 5:1 | 1.7:1 | 2.2:1 | 1:1.8 | 5.6:1 |

I-WCPP iwufezekisi; le umlinganiselo ophantsi wezithuba ezingazaliswanga ukususela kulo nyaka wama-2008.

| | 2011/12 | 2012/13 | 2013/14 | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **Umlinganiselo wezithuba ezingazaliswanga** | 16% | 8% | 6.6% | 3.8% | 4.8% | 8.65% | 3.7% |




Uluhlu lwabasebenzi lweWCPP lwandile kwisithuba salo nyaka-mali. Balishumi elinesixhenxe abalishumi elinesithathu babo bebengaphandle, benziwa, ngeli thuba abasebenzi abathathu bathe barhoxa kwiziko.

**8.2 Imilinganiso yonyaka yengeniso ngengqesho ebalulekileyo elungiselelwe isithuba somhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018:**

Ayikho.

**8.3 Izizathu ezibangela abasebenzi bayishiye iWCPP**

| Uhlobo lokurhoxa | Inani | % yesambuku |
|---|---|---|
| Ukubhubha | - | - |
| Ukurhoxa | 3 | 100% |
| Ukuphela kwesivumelwano | - | - |
| Ukugxothwa – izizathu zokusebenza | - | - |
| Ukugxothwa – ukungaziphathiu kakuhle ngokwanelisayo | - | - |
| Ukuyekiswa ngenxa yokungaphili | - | - |
| Ukuhlala phantsi | - | - |
| Okunye | - | - |
| Ukukhutshelwa kwamanye amasebe eNkonzo kaRhulumente | - | - |
| **Zizonke** | **3** | **100%** |
| Inani elipheleleyo labasebenzi abemkileyo njenge-% yengqesho epheleleyo | | 2.7% |
| Abaqeqeshwa besengqeshweni | 3 | 66.7% |

| | 2011/12 | 2012/13 | 2013/14 | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **Umlinganiselo wezithuba ezingazaliswanga** | 16% | 8% | 6.6% | 3.8% | 4.8% | 8.65% | 3.7% |

**8.4 Ukunyuselwa ngesithuba esibalulekileyo:**

UMgaqo-nkqubo wokuFunwa nokuKhethwa kwabasebenzi awenzanga sibonelelo sokunyuselwa kwisithuba sonyaka-mali ophantsi kovavanyo. Kwesi sithuba akukho zithuba zibalulekileyo ezithe zachongwa.

**8.5 Ukunyuselwa ngokwamanqanaba emivuzo:**

UMgaqo-nkqubo wokuFunwa nokuKhethwa kwabasebenzi awenzanga sibonelelo sokunyuselwa kwisithuba sonyaka-mali ophantsi kovavanyo.


## 9 UBULUNGISA ENGQESHWENI

QAPHELA: Ngeenjongo zale ngxelo, amagcisa achazwa njengemisebenzi ethi ifune ukubhaliswa kwiqumrhu lobugcisa ukulungiselela ukuba uqeshwe kwiWCPP.

### 9.1 Inani elipheleleyo labasebenzi (kubandakanywa abasebenzi abalimeleyo) kwinqanaba ngalinye lomsebenzi kula alandelayo ukususela kumhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018:

| Amanqanaba omsebenzi | Amadoda | | | | Amabhinqa | | | | Bebonke |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | AbaNtsundu | AbeBala | Ama-Indiya | AbaMhlophe | AbaNtsundu | AbeBala | Ama-Indiya | AbaMhlophe | |
| Abalawuli abaPhezulu abayiNtloko (Amanqanaba D4 – E2) | 1 | 1 | - | - | - | 1 | - | - | 3 |
| Abalawuli abaPhezulu (Inqanaba D1 – 3) | 1 | 5 | 2 | 2 | - | 1 | - | 2 | 13 |
| Baqinisekisiwe ngobugcisa yaye ngamachule anamava nabalawuli abakwinqanaba eliphakathi (Amanqanaba C 4- 5) | 1 | 6 | 2 | 2 | 2 | 3 | - | 2 | 15 |
| Abasebenzi abanamakhono obugcisa nabaneziqinisekiso, abalawuli abakwinqanaba eliphantsi, abaphathi, iforimani nabongamelo (Amanqanaba B2 – C3) | 5 | 12 | 2 | 2 | 11 | 25 | - | 4 | 61 |
| Abangenamakhono ngokupheleleyo nokwenziwa kwesigqibo sengqiqo (Inqanaba A1 - B1) | - | 4 | - | - | - | - | - | - | 4 |
| **Ewonke** | **8** | **28** | **6** | **6** | **13** | **30** | **-** | **8** | **96** |
| Abasebenzi bethutyana (abasebenzi abangaqeshwanga sigxina) | - | 4 | - | 1 | - | 3 | - | 1 | 9 |
| **ISambuku esipheleleyo** | **8** | **32** | **6** | **7** | **13** | **33** | **-** | **9** | **105** |
| **Abaqeqeshwa besengqeshweni** | **-** | **1** | **-** | **-** | **3** | **-** | **-** | **-** | **4** |
| Abantu abalimeleyo babandakanywe kwiinkcukacha zamanani ngasentla | | | | | | | | | |
| Abangenamakhono ngokupheleleyo nokwenziwa kwesigqibo sengqiqo (Inqanaba A & B) | 1 | - | - | - | - | - | - | - | 1 |

Igrafu engasezantsi ibonise inani labasebenzi, kubandakanywa abasebenzi abangaqeshwanga isigxina, kodwa akubandakanywa abaqeqeshwa besengqeshweni, ngokwenqanaba lomvuzo kwiWCPP kwesi sithuba.




**9.2 Ukufunwa kwabasebenzi kwisithuba somhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018:**

| Amanqanaba omsebenzi | Amadoda | | | | Amabhinqa | | | | Bebonke |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | AbaNtsundu | AbeBala | Ama-Indiya | AbaMhlophe | AbaNtsundu | AbeBala | Ama-Indiya | AbaMhlophe | |
| Abalawuli abaPhezulu abayiNtloko (Amanqanaba D4 – E2) | - | - | - | - | - | - | - | - | - |
| Abalawuli abaPhezulu (Inqanaba D1 – 3) | - | - | - | - | - | 1 | - | 1 | 2 |
| Abanamakhono aphezulu (Inqanaba C4-C5) | - | 1 | - | - | - | - | - | - | 1 |
| Abasebenzi abanamakhono (Inqanaba B2 – C3) | 1 | 4 | - | - | 3 | 4 | - | 2 | 14 |
| Abasebenzi abanamakhono aphantsi (Inqanaba A1 – B1) | - | - | - | - | - | - | - | - | - |
| **Bebonke** | **1** | **5** | **-** | **-** | **3** | **5** | **-** | **3** | **17** |
| **Abaqeqeshwa besengqeshweni** | **-** | **1** | **-** | **-** | **3** | **-** | **-** | **-** | **4** |
| Abasebenzi abalimeleyo | - | - | - | - | - | - | - | - | - |

**9.3 Ukunyuselwa kwisithuba somhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018:**

Khangela 8.5 ngasentla.

**9.4 Ukurhoxa emsebenzini kwisithuba somhla woku-1 kuEpreli 2017ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018:**

| Amanqanaba omsebenzi | Amadoda | | | | Amabhinqa | | | | Bebonke |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | AbaNtsundu | AbeBala | Ama-Indiya | AbaMhlophe | AbaNtsundu | AbeBala | Ama-Indiya | AbaMhlophe | |
| Abalawuli abaPhezulu abayiNtloko | 1 | - | - | - | - | - | - | - | 1 |
| Abalawuli abaPhezulu | - | 1 | - | - | - | - | - | - | 1 |
| Baqinisekisiwe ngobugcisa yaye ngamachule anamava nabalawuli abakwinqanaba eliphakathi | - | - | - | - | - | - | - | - | - |
| Abasebenzi abanamakhono obugcisa nabaneziqinisekiso, abalawuli abakwinqanaba eliphantsi, abaphathi, iforimani nabongamelo | - | 1 | - | - | - | - | - | - | 1 |
| Abangenamakhono ngokupheleleyo nokwenziwa kwesigqibo sengqiqo | - | - | - | - | - | - | - | - | - |
| **Bebonke** | **1** | **2** | **-** | **-** | **-** | **-** | **-** | **-** | **3** |
| Abasebenzi abalimeleyo | - | - | - | - | - | - | - | - | - |

**9.5 Ululeko kwisithuba somhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018**

| Ululeko | Amadoda | | | | Amabhinqa | | | | Bebonke |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | AbaNtsundu | AbeBala | Ama-Indiya | AbaMhlophe | AbaNtsundu | AbeBala | Ama-Indiya | AbaMhlophe | |
| | - | - | - | 1 | 1 | - | - | - | **2** |

**9.6 Uphuhliso lwamakhono kwisithuba somhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018**:

**9.6.1 Izifundo zoqeqesho ezinikezelweyo**

| Amacandelo omsebenzi | Amadoda | | | | Amabhinqa | | | | Bebonke |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | AbaNtsundu | AbeBala | AbaNtsundu | AbeBala | AbaNtsundu | AbeBala | AbaNtsundu | AbeBala | |
| Abalawuli, amagosa aPhezulu nabaphathi (1) | - | 3 | 1 | - | - | - | - | 1 | 5 |
| Amagcisa (2) | - | - | - | - | - | - | - | - | - |
| Amachule nabaneziqinisekiso (3) | 5 | 14 | 3 | 5 | 8 | 17 | - | 4 | 56 |
| Oomabhalane (4) | 7 | 3 | 1 | - | 6 | 4 | - | - | 21 |
| Abasebenzi benkonzo (5) | - | 4 | - | - | - | - | - | - | 4 |
| **Bebonke** | **12** | **24** | **5** | **5** | **14** | **21** | **-** | **5** | **86** |
| Abaqeqeshwa besengqeshweni | - | - | - | - | 3 | - | - | - | 3 |
| Abasebenzi abalimeleyo | 1 | - | - | - | - | - | - | - | - |


**Qaphela:**
Nceda uqaphele into yokokuba oku kubonisa uqeqesho ingengabo abantu ngabanye abazimase uqeqesho Iinkqubo zoqeqesho lwangaphakathi zibandakanyiwe.

**9.6.2 Inkxaso yokufunda elungiselelwe iMfundo esesikweni**

| Amacandelo omsebenzi | Amadoda | | | | Amabhinqa | | | | Bebonke |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | AbaNtsundu | AbeBala | Ama-Indiya | AbaMhlophe | AbaNtsundu | AbeBala | Ama-Indiya | AbaMhlophe | |
| Abalawuli, amagosa aPhezulu nabaphathi (1) | - | - | - | - | - | - | - | - | - |
| Amagcisa (2) | - | - | - | - | - | - | - | - | - |
| Amachule nabaneziqinisekiso (3) | 1 | 3 | - | - | 1 | 1 | - | - | 6 |
| Oomabhalane (4) | | 1 | | | 1 | 3 | | | 5 |
| Abasebenzi benkonzo(5) | - | - | - | - | - | - | - | - | - |
| **Bebonke** | **1** | **4** | **-** | **-** | **2** | **4** | **-** | **-** | **11** |
| Abasebenzi abalimeleyo | - | - | - | - | - | - | - | - | - |

| | 2011/12 | 2012/13 | 2013/14 | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **Uphuhliso lwamakhono** | 329 | 136 | 247 | 186 | 169 | 339 | 86 |
| **Inkxaso yokufunda** | 19 | 12 | 12 | 13 | 12 | 17 | 6 |
| **Abaqeqeshwa besengqeshweni** | 5 | 5 | 1 | 2 | 1 | 3 | 3 |

**9.7 Ulwahlulo lwamaqela abemi ukuza kuthi ga ngomhla wama-31 kuMatshi 2018**





Kubasebenzi abali-103 kwingqesho yeWCPP ukuza kuthi ga ngomhla wama-31 kuMatshi 2018, bavela kwiqela loluntu lwabaNtsundu, abangama-62 bevela kwiqela labemi abangabeBala, abali-14 bevela kwiqela labemi abaMhlophe ze aba-5 bavele kwiqela labemi abangama-Indiya.

| | **WCPP** | **Western Cape** |
|---|---|---|
| **AbaNtsundu** | 21% | 32.8% |
| **AbeBala** | 60% | 48.8% |
| **AbaMhlophe** | 14% | 15.7% |
| **Ama-Indiya** | 5% | 1% |

*Stats SA 2011

| | **2011/12** | **2012/13** | **2013/14** | **2014/15** | **2015/16** | **2016/17** | **2017/18** |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **AbeBala** | 56% | 58% | 55.6% | 56% | 58% | 60% | 60% |
| **AbaNtsundu** | 31% | 28.4% | 26.3% | 24% | 24% | 21% | 21% |
| **AbaMhlophe** | 12% | 12.5% | 13.1% | 13% | 12% | 14% | 14% |
| **Ama-Indiya** | 1% | 1.1% | 5% | 7% | 5% | 5% | 5% |


**9.8 Ukuqulunqwa kwesini:**





Ngomhla wama-31 kuMatshi 2018, ama-55 kubasebenzi abangama-105 abakwingqesho yeWCPP ibingamabhinqa ze ama-50 ibe ngamadoda.

| | WCP P | Western Cape | RSA |
|---|---|---|---|
| **Amabhinqa** | 52% | 50.9% | 51.5% |
| **Amadoda** | 48% | 49.1% | 48.5% |

**9.9 Ubume ngobudala:**




Umndilili wobudala babasebenzi beWCPP wawuyiminyaka engama-44.ngomhla wama-31 kuMatshi 2018.




## 10 AMABHASO OKUSEBENZA

Ukukhuthaza indlela yokusebenza elungileyo, iWCPP inikezele ngala mabhaso okusebenza kakuhle alandelayo kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo.Ingcaciso inikezelwe ngokuhambelana neqela labemi, isini nokulimala namanqanaba emivuzo.

### 10.1 Ukwanda kwendlela yokusebenza ngokweqela labemi, isini nokulimala, ngomhla woku-1 kuEpreli 2017 ngomhla wama-31 kuMatshi 2018 ngokubhekiselele kunyaka-mali wama-2016/17:

Akubangakho kwanda kumsebenzi okuthe kwanikezelwa ngokubhekiselele kunyaka-mali wama-2016/17. Abangamashumi asibhozo anesine bafumene unyuselo lomvuzo lwe-1% emva kokuba kufunyenwe umlinganiselo wokusebenza omalunga nama-60%.

### 10.2 IiBhonasi zendlela yokusebenza, ngomhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya ngomhla wama-31 kuMatshi 2018 ngokubhekiselele kunyaka-mali ka-2016/17:

| Inqanaba lomvuzo | Inani lemisebenzi (31 kuMatshi 2018) | Inani labaxhamli | Abantsundu | | AbeBala | | AbaMhlophe | | Ama-Indiya | | Indleko | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | Indoda | Ibhinqa | Indoda | Ibhinqa | Indoda | Ibhinqa | Indoda | Ibhinqa | Indleko R'000 | Umndilili wendleko ngokomsebenzi R'000 |
| Abangenakhono ngokupheleleyo (Inqanaba A1 – B1) | 4 | 1 | - | - | 1 | - | - | - | - | - | 6 | 6 |
| Abanamakhono aphezulu (Inqanaba B2 – C3) | 65 | 34 | 3 | 5 | 7 | 14 | 1 | 2 | 1 | - | 383 | 11 |
| Amagcisa anekhono (Inqanaba C4- | 19 | 8 | 1 | - | 3 | 1 | 3 | 2 | - | - | 127 | 16 |

| | | | | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| C5) | | | | | | | | | | | | |
| Abalawuli abaphezulu (Inqanaba D1 – D3) | 16 | 9 | 1 | - | 2 | 1 | 1 | 1 | 2 | - | 137 | 15 |
| Abalawuli abayiNtloko (Inqanaba D4 – E2) | 5 | 4 | 1 | - | 2 | 1 | 1 | - | - | - | 87 | 22 |
| **Bebonke** | **109** | **56** | **6** | **5** | **15** | **17** | **6** | **5** | **3** | **-** | **740** | **13** |

**10.3 Ukenziwa komsebenzi ngemisebenzi ebalulekileyo, kumhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018:**

Akubanga kho misebenzi ibalulekileyo echongiwe kwisithuba somhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018.

## 11 ABASEBENZI BAMANYE AMAZWE

Ingcaciso engasezantsi ishwankathela ingqesho yabantu bamanye amazwe kwiWCPP.

**11.1 Abasebenzi bamanye amazwe, ngomhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya ngomhla wama-31 kuMatshi 2018, ngokwenqanaba lomvuzo:**

Akukho basebenzi bamanye amazwe abaqheshiweyo.

**11.2 Abasebenzi bamanye amazwe, ngomhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya ngomhla wama-31 kuMatshi 2018, ngokwemisebenzi engundoqo:**


Akukho basebenzi bamanye amazwe abaqheshiweyo.


## 12 UKUSETYENZISWA KWEKHEFU

IItheyibhile ezilandelayo zibonisa ukusetyenziswa kwekhefu lokugula, elinoqikelelo lweendleko. Ukusetyenziswa kwekhefu lonyaka neentlawulo zekhefu lonyaka kunikezelwe ngokunjalo.

**12.1 IKhefu lokugula, ngomhla woku-1 Janyuwari 2017 ukuya ngomhla wama-31 kuDisemba 2017**

| Inqanaba lomvuzo | Inani leensuku | I-% yeentsuku ezinesatifikethi sokugula | Inani labasebenzi elisebenzisa ikhefu lokugula | I-% yabasebenzi boke ngenqanaba abasebenisa ikhefu lokugula | Umndilili weentsuku ngomsebenzi ngamnye* | Indleko eziqikelelweyo (R'000) |
|---|---|---|---|---|---|---|
| Abangenakhono ngokupheleleyo (Inqanaba A1 – B1) | 32 | 31% | 3 | 75% | 10.66 | 27 |
| Abanamakhono aphezulu (Inqanaba B2 – C3) | 442 | 28% | 52 | 76% | 8.50 | 574 |
| Amagcisa anekhono (Inqanaba C4-C5) | 187 | 21% | 16 | 88% | 11.68 | 473 |
| Abalawuli abaphezulu | 48 | 23% | 10 | 71% | 4.80 | 175 |




**12.2 IKhefu lokulimala (okwethutyana nokusigxina), lomhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018:**

Alikho.

**12.3 IKhefu lonyaka, ngomhla woku-1 Janyuwari 2017 ukuya ngomhla wama-31 kuDisemba 2017:**

| Inqanaba lomvuzo | Iintsuku zonke ezithatyathiweyo | Umndilili ngomqeshwa ngamnye |
|---|---|---|
| Abangenakhono ngokupheleleyo (Inqanaba A1 – B1) | 130.85 | 32.7 |
| Abanamakhono aphezulu (Inqanaba B2 – C3) | 1202.91 | 17.7 |
| Amagcisa anekhono (Inqanaba C4-C5) | 312.6 | 17.4 |
| Abalawuli abaphezulu (Inqanaba D1 – D3) | 275.64 | 21.2 |
| Abalawuli abayiNtloko (Inqanaba D4 – E2) | 71.84 | 14.37 |
| **Bebonke** | **1993.84** | **18.99** |

**12.4 Iintlawulo zekhefu zesithuba somhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018:**

| Inqanaba | Inani elipheleleyo labasebenzi | Zizonke iindleko (R'000) | Umndilili wendleko ngokomsebenzi (R'000) |
|---|---|---|---|
| Abangenakhono ngokupheleleyo (Inqanaba A1 – B1) | - | - | - |
| Abanamakhono aphezulu (Inqanaba B2 – C3) | 2 | 15 | 7 |
| Amagcisa anekhono (Inqanaba C4-C5) | 1 | 17 | 17 |
| Abalawuli abaphezulu (Inqanaba D1 – D3) | 1 | 28 | 28 |
| Abalawuli abayiNtloko (Inqanaba D4 – E2) | 1 | 42 | 42 |
| **Bebonke** | **5** | **102** | **21** |
| Abaqeqeshwa besengqeshweni | 2 | 2 | 1 |

** Esi sixa-mali asibandakanyi isibonelelo sexesha elivunyelweyo lokungabikho emsebenzini esihlawulwe kubasebenzi xa berhoxa emsebenzini.*

**12.5 Ikhefu eligciniweyo kumhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama-31 kuMatshi 2018:**

| Inqanaba lomvuzo | IIntsuku zekhefu eligciniweyo ezithathiweyo | Inani labasebenzi elisebenzisa ikhefu eligciniweyo | Umndilili weentsuku ezithathiweyo ngoko mqeshwa omnye | Umndilili wekhefu eligciniweyo ngokomqeshwa omnye njengoko unjalo ngomhla wama-31 kuMatshi 2018 |
|---|---|---|---|---|
| Abangenakhono ngokupheleleyo (Inqanaba A1 – B1) | - | - | - | - |
| Abanamakhono aphezulu (Inqanaba B2 – C3) | - | - | - | 101.15 |
| Amagcisa anekhono (Inqanaba C4-C5) | - | - | - | 22.65 |
| Abalawuli abaphezulu (Inqanaba D1 – D3) | - | - | - | 57.7 |
| Abalawuli abayiNtloko (Inqanaba D4 – E2) | - | - | - | 86 |
| **Bebonke** | **-** | **-** | **-** | **267.5** |

## 13. IHIV/AIDS & NEENKQUBO ZOKUKHUTHAZWA KWEMPILO

### 13.1 Amanyathelo athatyathiweyo ukunciphisa umngcipheko wokuchanatywa kumsebenzi:

Njengoko bekunikwe ingxelo kunyaka ophelileyo, imiqathango yeUniversal Infection Control iyagcinwa.

**13.2 Iinkcukacha zokuKhuthazwa kweMpilo neHIV/AIDS (2017/18):**

Imisebenzi yempilo-ntle yomsebenzi elungiselelwe unyaka-mali ka-2016/17 ibandakanya le misitho ingundoqo:

- Uluhlu lwemibuzo ngemikhwa yomntu
- Ucweyo lokwenza ulungelelwaniso
- Iphulo lokukhupha uxinzelelo emzimbeni
- Ulawulo lwamatyala
- Ucwangiso lomhlala-phantsi
- USuku lweMpilo

## 14 UBUDLELWANE ENGQESHWENI

**14.1 Izivumelwano zesininzi, ngomhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya ngomhla wama-31 kuMatshi 2018:**

| Umcimbi | Umhla |
|---|---|
| 2017/18 IsiVumelwano semivuzo | 4 Meyi 2017 |

**14.2 Ukungaziphathi kakuhle nokuphula-phulwa koluleko kuqukunjelwe, ngomhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya ngomhla wama-31 kuMatshi 2018:**

| Iziphumo zokuphula-phulwa koluleko | Inani | I-% yesambuku |
|---|---|---|
| Ingcebiso yokulungisa | - | - |
| Isilumkiso somlomo | - | - |
| Isilumkiso esibhaliweyo | 2 | 100% |
| Isilumkiso esibhaliweyo sokugqibela | - | - |
| Ukurhoxiswa ungahlawulwa | - | - |
| Isohlwayo | - | - |
| Ukuthotywa esikhundleni | - | - |
| Ukugxothwa | - | - |
| Ukufunyanwa ungenatyala | - | - |
| Ukucinywa kwetyala | - | - |
| **Zizonke** | **2** | **100%** |

**14.3 Iindidi zokungaziphathi kakuhle ezichotshelweyo, ngomhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya ngomhla wama-31 kuMatshi 2018:**

| Uhlobo lokungaziphathi kakuhle | Inani | I-% yesambuku |
|---|---|---|
| Ukungezi mfanelo emsebenzini | - | - |
| Ucalulo/Iintetho ezinyelisayo | 1 | 100% |
| Ulwimi olungafanelekanga | 1 | 100% |
| Ukusebenza kakubi | - | - |
| Ukungakhathali usilele ukulandela iinkqubo zeWCPP | - | - |
| Ukungaphangeli | - | - |
| Ukungaligcini ixesha | - | - |
| Inkcitho engalungelelananga | - | - |
| Ukuguqula ngobuqhinga amaxwebhu asesikweni | - | - |
| Ukungathobeli imithetho nabaphathi | - | - |
| Ukusetyenziswa gwenxa kwepropati yePalamente | - | |
| **Zizonke** | **2** | **100%** |

**14.4 Izikhalazo ezingenisiweyo kwisithuba somhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya ngomhla wama-31 kuMatshi 2018:**

Zilithoba izikhalazo ezingenisiweyo kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo. Ezisixhenxe zibhekiselele kumabhaso okusebenza.

**14.5 Impixwano engenisiweyo kumaBhunga kwisithuba somhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya ngomhla wama-31 kuMatshi 2018:**

| Impixwano | Inani | I-% yesambuku |
|---|---|---|
| Inani lempixwano elamelweyo | - | - |
| Inani lempixwano elichithiweyo | 3 | 100% |
| **Inani elipheleleyo lempixwano ezingenisiweyo** | **3** | **100%** |

**14.6 Ugwayimbo lwesithubasomhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya ngomhla wama-31 kuMatshi 2018:**

Akubangakho lugwayimbo luqhubekileyo kwesi sithuba siphantsi kovavanyo.

**14.7 Ukurhoxiswa okulumkelweyo kwisithuba somhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya ngomhla wama-31 kuMatshi 2018:**

Kunye.

**15 UPHUHLISO LWAMAKHONO**

**15.1 Iimfuno zoqeqesho ezichongiweyo ngomhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya ngomhla wama-31 kuMatshi 2018:**

| Amacandelo omsebenzi | Isini | Iimfuno zoqeqesho ezichongiweyo | Zizonke iimfuno zoqeqesho ezichongiweyo |
|---|---|---|---|
| Abalawuli, amagosa aphezulu nabaphathi | Ibhinqa | 1 | 5 |
| | Indoda | 4 | |
| Amagcisa memisebenzi enxulumene nawo (3) | Ibhinqa | 29 | 56 |
| | Indoda | 27 | |
| Abasebenzi bolawulo noomabhalane | Ibhinqa | 10 | 21 |
| | Indoda | 11 | |
| Abasebenzi benkonzo (5) | Ibhinqa | - | 4 |
| | Indoda | 4 | |
| **Isambukwana** | **Ibhinqa** | **40** | |
| | **Indoda** | **46** | |
| **Ewonke** | | **86** | **86** |

** Uqeqesho lwangaphakathi lwasemsebenzini lunikezelwe kwabaqeqeshwe besengqeshweni.*

**15.2 Uqeqesho olunikezelweyo ngomhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya ngomhla wama-31 kuMatshi 2018:**

| Amacandelo omsebenzi | Isini | Inani labasebenzi njengoko benjalo ngomhla wama-31 kuMatshi 2018 | Iinkqubo zamakhono nezinye izifundo ezifutshane | Zizonke |
|---|---|---|---|---|
| Abalawuli, amagosa aphezulunabaphathi (1) | Ibhinqa | 4 | 1 | 64 |
| | Indoda | 14 | 4 | |
| Amagcisa(2) | Ibhinqa | - | - | - |
| | Indoda | - | - | |
| Amagcisa memisebenzi enxulumene nawo (3) | Ibhinqa | 31 | 29 | 180 |
| | Indoda | 27 | 27 | |
| Oomabhalane (4) | Ibhinqa | 18 | 10 | 84 |
| | Indoda | 5 | 11 | |
| Abasebenzi benkonzo (5) | Ibhinqa | - | - | **11** |
| | Indoda | 4 | 4 | |
| **Isambukwana** | **Ibhinqa** | **53** | **40** | |
| | **Indoda** | **50** | **46** | |
| **Ewonke** | | **103** | **86** | **86** |
| **Abaqeqeshwa besengqeshweni** | Ibhinqa | 1 | 1 | |
| | Indoda | 1 | 1 | |

**16 UKWENZAKALA ENGQESHWENI**

**16.1 Ukwenzakala engqeshweni, ngomhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya ngomhla wama-31 kuMatshi 2018:**

| Uhlobo lokwenzakala emsebenzini | Inani | I-% yesambuku |
|---|---|---|
| Abadinga unyango lwesiseko kuphela | - | - |
| Ukulimala kwethutyana | - | - |
| Ukulimana okusigxina | **-** | **-** |
| Ukubhubha | **-** | **-** |
| **Kukonke** | **-** | **-** |

**17 UKUSETYENZISWA KWABACEBISI**

**17.1 Ingxelo ngokuqeshwa kwabacebisi kusetyenziswa iingxowa-mali ezabiweyo:**

| Isihloko seprojekti | Inani elipheleleyo labacebisi abathi basebenze kwiprojeki | Isimo seBBBEE | Ixesha: umsebenzi weentsuku | Ixabiso lesivumelwano ngeerandi (R'000) |
|---|---|---|---|---|
| Uvavanyo lokufunwa kwabasebenzi | The Assessment Toolbox | Inqanaba 4 | Ngesicelo | 4 560,00 |
| Uvavanyo lokufunwa kwabasebenzi | PriceWaterHouseCoopers | Inqanaba 1 | Ngesicelo | 53 598,60 |
| Ukwandiswa okusebenzayo | PriceWaterHouseCoopers | Inqanaba 1 | SLA | 658 625,00 |
| Uguqulelo nokuKhutshelwa | EOH Legal Services | Inqanaba 1 | Ngesicelo | 811 645,12 |
| Uguqulelo nokuKhutshelwa | 12 independent translators | Alikho | Ngesicelo | 1 083 490,53 |
| Ingcebiso yomthetho | Webber Wentzel | Alikho | Ngesicelo | 205 979,84 |
| Ingcebiso yomthetho | Department of Justice and Constitutional Development | Alikho | Ngesicelo | 339,15 |
| Ingcebiso yomthetho | Anton Meyer | Alikho | Ngesicelo | 17 500,00 |
| **Inani elipheleleyo leeprojekti** | **8** | | **Varies** | **2 835 738,24** |

**17.2 Uhlahlelo lwengqesho yabacebisi kusetyenziswa iingxowa-mali ezabiweyo, ngokuhambelana neBroad-Based Black Economic Empowerment Act (BBBEE):**

Jonga iTheyibhile 17.1.

**17.3 Ingxelo yengqesho yabacebisi kusetyenziswa iingxowa-mali zomnikelo:**

Ayikho.

**17.4 Uhlahlelo lwengqesho yabacebisi kusetyenziswa iingxowa-mali zomnikelo, ngokuhambelana neBroad-Based Black Economic Empowerment Act (BBBEE):**

Alukho.

**INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE KWIPALAMENTE YEPHONDO LENTSHONA KOLONI NGEVOTI 2: IPALAMENTE YEPHONDO**

## INgxelo engophicotho-zincwadi lweengxelo zemali

**Imbono**

1. Ndiye ndaphicotha iingxelo zemali zePalamente yePhondo leNtshona Koloni ezikwiphepha 106 ukuya kwelama-169, eliquka ingxelo yobume bemali ukuza kuma ngomhla wama-31 kuMatshi 2018, ingxelo yokusebenza kwemali, ingxelo yokutshintsha kwee-asethi eziseleyo, ingxelo yokuhamba kwemali ezinkozo kunye nengxelo yothelekiso lwengcaciso lolwabiwo-mali kunye namanani kunyaka ophelileyo, kwakunye namanqaku, aquka isishwankathelo semigaqo-nkqubo ebalulekileyo yokunika ingxelo nezinye iinkcukacha ezinika ingcaciso.

2. Ngokoluvo lwam, iingxelo zemali zinyanisekile, kuwo onke amaxwebhu, kubume bemali yePalamente yePhondo leNtshona Koloni ukuza kuma ngomhla wama-31 kuMatshi 2018 nokusebenza kwemali nokuhamba kwemali ezinkozo kunyaka ophelileyo ngokwe-SA Standards of GRAP nokufunekayo ngokweFMPPLA ngokweeNdlela zokuNikwa kweNgxelo eYamkelekileyo ngokuBanzi (SA Standards of GRAP) kunye neemfuno zoMthetho woLawulo lweMali yePalamente neZindlu zoWiso-mthetho zePhondo, ka-, 2009 (Act No. 10 of 2009) (FMPPLA).

**Isiseko sembono**

3. Ndiluqhube uphicotho-zincwadi lwam ngokuhambelana neMigangatho yeHlabathi yoPhicotho-zincwadi (ii-ISA). Uxanduva lwam phantsi kwaloo migangatho ichazwe ngaphezulu kuxanduva lomphicothi-zincwadi jikelele olulungiselelwe kwicandelo lophicotho-zincwadi lweengxelo zemali lengxelo yam.

4. Ndizimele kwipalamente ngokuhambelana neBhodi yeMigangatho yeeNqobo eziseSikweni ezilungiselelwe iKhowudi yeenqobo ezisesikweni yaBabala-mali elungiselelwe zibuchule bababali-mali (ikhowudi IESBA) kunye neemfuno zenqobo ezisesikweni ezithi zifaneleke kuphicotho-zincwadi lwam loMzantsi Afrika. Ndiluzalisekisile uxanduva lwam olulolunye lwenqobo ezisesikweni ngokuhambelana nezi mfuno kunye nekhowudi ye-IESBA.

5. Ndinenkolo yokokuba ubungqina bophicotho-zincwadi endibafumeneyo banele yaye bufanelekile ukunika isiseko sembono yam.

**Ugxininiso kumcimbi**

6. Nditsala ingqiqo kumba ongasezantsi. Imbono yam ayilungelelaniswanga ngokubhekiselele kulo mcimbi.

**Imathiriyeli yenkcitho engaphantsi yohlahlo lwabiwo-mali**

7. Njengoko kubhengeziwe kwiNgxelo yoThelekiso loHlahlo Lwabiwo-mali kunye neZixa-mali eZizizo yaye kwinqaku 39 kwiingxelo zemali, indlu yowiso-mthetho ichithe ngaphantsi kohlahlo lwabiwo-mali xa kuthelekiswa kwisixa-mali sezigidi ezili-R10,9 (6%) kuso izigidi ezi-R3,7 (2%) zibhekiselele kwiingxowa-mali ezisemthethweni kufuneke zinikezelwe kwingxowa-mali

yengeniso, njengoko ibiyinkcitho engaphantsi yeengxowa-mali ebezabelwe ngqo imivuzo yamalungu.

**Uxanduva lwegosa elinika ingxelo ngeengxelo zemali**

8. Igosa elinika ingxelo linoxanduva lokulungisa nokunikezela okulungileyo ngeengxelo zemali ngokuhambelana neMigangatho yeSA yeGRAP, iimfuno zeFMPPLA kunye nolawulo olunjalo lwangaphakathi njengoko igosa elinika ingxelo limisele okuyimfuneko ukunceda ulungiselelo lweengxelo zemali ezingenazo iziphene, nokokuba kungenxa yobuqhophololo okanye impazamo.

9. Ekulungiseleleni iingxelo zemali, igosa elinika ingxelo linoxanduva lokuvavanya ikhono lePalamente yePhondo leNtshona Koloni ukuqhubeka njengenkxalabo eqhubekayo, ukubhengeza, njengoko kufanelekile, imicimbi enxulumene nenkxalabo eqhubekayo nokusebenzisa isiseko senkxalabo eqhubekayo yokubalwa kwemali ngaphandle kokuba kukho injongo nokokuba kuhlawulwa ipalamente okanye ukuyekwa kwemisebenzi, okanye akukho enye into efanelekileyo kodwa ukwenza njalo.

**Uxanduva loMphicothi-zincwadi olulungiselelwe uphicotho-zincwadi lweengxelo zemali**

10. Iinjongo zam kukufumana ingqinisekiso efanelekileyo yokokuba ingaba iingxelo zemali ngokupheleleyo azinaziphene na, nokokuba kungenxa yobuqhophololo okanye impazamo, nokukhupha ingxelo yomphicothi-zincwadi ethi ibandakanye imbono yam. Ingqinisekiso efanelekileyo yingqinisekiso ekwinqanba eliphezulu, kodwa ayisiso isiqinisekiso sokokuba uphicotho-zincwadi oluqhutywe ngokuhambelana neeISA iya kusoloko yachonga iziphene xa zither zakho. Iingxelo ezigwenxa zinakho ukuvela kubuqhophololo okanye kwimpazamo yaye bayimathiriyeli eqwalaselwayo ukuba ngaba, zizodwa okanye zingumdilili, zinakho ukulindeleka okokuba ziphembelele izigqibo zoqoqosho zabasebenzisi ezithatyathwe ngesiseko sezi ngxelo zemali.

11. Inkcazelo engaphezulu yoxanduva ukulungiselela uphicotho-zincwadi lweengxelo zemali ibandakanyiwe kwisihlomelo sale ngxelo yomphicothi-zincwadi.

## Ingxelo kuphicotho-zincwadi lwengxelo zonyaka zomsebenzi

**Intshayelelo kubungakanani bomsebenzi**

12. Ngokuhambelana noMthetho woPhicotho-zincwadi lukaRhulumente woMzantsi Afrika, 2004 (uMthetho onguNombolo 25 ka-2004) (PAA) kunye nesaziso ngokubanzi esikhutshwe ngokwemiqathango yokokuba ndinoxanduva lokuxela konke okufunyenweyo kwingcaciso exeliweyo yomsebenzi kuthelekiswa neenjongo ezimiselwe kwangaphambili ezilungiselelwe iinkqubo ezikhethiweyo ezithiwe thaca kwingxelo yonyaka yomsebenzi. Ndenze iinkqubo zokuchonga okufunyenweyo kodwa kungaqokelelwanga ubungqina bokunika ingqinisekiso.

13. Iinkqubo zam zilungisa ingcaciso exeliweyo yomsebenzi ekufuneke isekwe kumaxwebhu awamkelweyo ocwangciso lomsebenzi wepalamente. Andikuvavanyanga ukuphelela nokufaneleka kwemigqaliselo yomsebenzi ebandakanywa kumaxwebhu ocwangciso. Iinkqubo zam azendanga ngokunjalo zayo nakuziphi na izibhengezo okanye ukubanga ubunyaniso obuphathelelene namaqhinga acwangcisiweyo omsebenzi kunye nengcaciso

ngokubhekiselele kumathuba exa elizayo enokuthi ibandakanywe njengenxalenye yengcaciso exeliweyo yomsebenzi. Ngokunjalo, okufunyenweyo akubandakanyi le micimbi.

14. Ndikuvavanyile ukuba luncedo nokuthembeka kwengcaciso exeliweyo yomsebenzi ngokuhambelana neenqoobo ezisesikweni eziphuhliswe kulawulo lomsebenzi nesicwangciso-nkqubo sokunikwa kwengxelo, njengoko kuchaziwe kwisaziso jikelele, ukulungiselela iinkqubo ezilandelayo ezikhethiweyo ezithiwe thaca kwingxelo yonyaka yomsebenzi wepalamente wonyaka ophela ngomhla wama-31 kuMatshi 2018:

| **Iinkqubo** | **Amaphepha kwingxelo yonyaka yomsebenzi** |
|---|---|
| INkqubo 3: IiNkonzo zePalamente | 53 - 60 |

15. Ndizenzile iinkqubo ukumisela into yokokuba ingaba ingcaciso yomsebenzi ekunikwe ingxelo ngayo yanikezelwa ngendlela eyiyo nento yokokuba ingaba umsebenzi owenziweyo wawuhambelana na kunye namaxwebhu ocwangciso lomsebenzi owamkelweyo. Ndenze ezinye iinkqubo ezingaphezulu ukumisela into yokokuba ingaba imigqalisela kunye nekujoliswe kuko okunxulumeneyo kube nokulinganiswa yaye kufanelekile, yaye kuvavanyiwe ukuhlola ukuthembeka kwengcaciso yomsebenzi ekunikwe ingxelo ngawo ukumisela into yokokuba ingaba ibisasebenza, ichanekile yaye iphelele.

16. Andikhange ndifumanise zinto zisilelayo ekubeni zibe luncedo okanye ukuthembeka kwinkqubo yokusebenza kule nkqubo ilandelayo:
    - INkqubo 3: IiNkonzo zePalamente

**Omnye umba**

17. Nditsala ingqiqo kumba ongasezantsi.

**Impumelelo kobe kujoliswe kuko**

18. Jonga kwingxelo yonyaka yomsebenzi kumaphepha elama-53 ukuya kwelama-60 ukulungiselela ingcaciso yofezekiso lokujoliswe kuko okucwangcisiweyo kulo nyaka.

**Uhlenga-hlengiso lweengxelo ezingezizo**

19. Ndichonge iingxelo ezingezizo kwingxelo yonyaka yomsebenzi engeniselwe uphicotho-zincwadi. Ezi ngxelo zingezizo zibe kwingcaciso zichaziweyo zomsebenzi zeenkonzo zepalamente. Njengabalawuli ekugqibeleni bazilungisile iingxelo ezingezizo. Andiphakamisanga nakuphina okufunyenweyo okungokuba luncedo nokuthembeka kwengcacso exeliweyo yokusebenza.

## Ingxelo ngohambelwano lophicotho-zincwadi nomthetho

**Intshayelelo nobungakanani**

20. Ngokuhambelana nePAA kunye nesaziso jikelele esikhutshiweyo ngokwemiqathango ngoko endinoxanduva lokunika ingxelo ngokufunyenweyo kuhambelwano lwepalamente ngemicimbi ethile kumthetho ongundoqo. Ndisebenzise iinkqubo ukuchonga okufunyenweyo kodwa ingekuko ukuqokelela ubungqina ukunika ingqinisekiso.

21. Andikhange ndichonge nawaphi na amathuba okungahambelani ngokubhekiselele kwiinqobo ezisesikweni zohambelwano ezilungiselelwe imiba esebenzayo.

## Enye ingcaciso

22. Igosa elinika ingxelo lePalamene yePhondo leNtshona Koloni linoxanduva lenye ingcaciso. Enye ingcaciso iqulathe ingcaciso ebandakanywe kwingxelo yonyaka. Enye ingcaciso ayibandakanyi iingxelo zemali, ingxelo yomphicothi-zincwadi kunye nezo nkqubo zikhethiweyo ezithiwe theca kwengxelo yonyaka yomsebenzi ethe yaxelwa kwingxelo yomphicothi-zincwadi.

23. Imbono yam kwiingxelo zemali nokufunyanisiweyo kwingcaciso exeliweyo yomsebenzi nohambelwano nomthetho ayibandakanyi enye ingcaciso yaye andiniki mbono yophicotho-zincwadi okanye naluphi na uhlobo lwesigqibo sengqiniseko apho.

24. Ngokubhekiselele nophicotho-zincwadi lwam, uxanduva lwam kukufunda enye ingcaciso ze, ngokwenjenjalo, ndicamngce okokuba ingaba enye ingcaciso iyahambelana kunye neengxelo zemali kunye neenkqubo ezikhethiweyo ezithiwe thaca kwingxelo yonyaka yomsebenzi, okanye ulwazi lwam olufunyenwe kuphicotho-zincwadi, okanye olubonakale luneziphene.

25. Andiyifumananga enye ingcaciso phambi komhla wale ngxelo yomphicotho-zincwadi. Emva kukufumana nokufunda le ngcaciso, yaye ukuba ndigqiba ngokuba kukho ingxelo engeyiyo, ndinyanzelekile okokuba ndiwuchaze umba kwabo banoxanduva lolawulo ze ndicebe into yokokuba enye ingcaciso mayilungiswe. Ukuba ngaba enye ingcaciso ayilungiswanga, ndinganyanzeleka ukuyibuyisela umva le ngxelo yomphicothi-zincwadi ze ndikhuphe enye ingxelo elungisiweyo njengefanelekileyo. Nangona kunjalo, ukuba ngaba ilungisiwe oku akusayi kuba yimfuneko.

## Intsilelo kulawulo lwangaphakathi

26. Ndilubona ulawulo lwangaphakathi lufanelekile kuphicotho-zincwadi lwam lweengxelo zemali, kwingcaciso exeliweyo yokusebenza nohambelwano nemithetho esebenzayo, nangona kunjalo, injongo yam asiyiyo eyokunika naluphi na uhlobo lwengqinisekiso apho. Andikhange ndiconge nayiphi na intsilela kulawulo lwangaphakathi.

Auditor-General

IKapa
31 Julay 2018

SOUTH AFRICA

*Auditing to build public confidence*

**Isihlomelo – Uxanduva loMphicothi-zincwadi Jikelele lophicotho-zincwadi**

1. Njengenxalenye yophicotho-zincwadi ngokuhambelana neISA, ndisebenzisa umbono wam wobugcisa yaye ndigcina ukuthandabuza kobugcisa kulo lonke uphicotho-zincwadi yeengxelo zemali, kunhye neenkqubo ezenziweyo kwingcaciso exeliweyo yomsebenzi kulungiselelwa iinkqubo ezikhethiweyo nangohambelwano lwepalamente ngokubhekiselele kwimicimbi ekhethiweyo.

**Iingxelo zemali**

2. Ngaphezulu kuxanduva lwam lokuphicothoa iingxelo zemali njengoko kuchaziwe kwingxelo yophicotho-zincwadi, ngokunjalo:
   - ndichonge yaye ndavavanya imingcipheko yeziphene zeengxelo zemali nokokuba kungenxa yobuqhinga okanye ngempazamo, uyilo nokusabela kweenkqubo ezenziweyo zophicotho-zincwadi kuloo mingcipheko, nokufunyanwa kobungqina bophicotho-zincwadi obaneleyo yaye obufanelekileyo okokuba bunikezele isiseko sembono yam. Umngcipheko wokungazichongi iziphene ezingumphumela wobuqhinga ungaphezulu kunalo ubangelwe yimpazamo, njengoko ubuqhinga bunokubandakanya iyelenqe, inkohliso, usiselo lwangabom, ubugqwetha okanye ukungananzwa kolawulo lwangaphakathi
   - ndifumene ingqiqo yolawulo lwangaphakathi olufanelekileyo kuphicotho-zincwadi ukulungiselela ukuyila iinkqubo zophicotho-zincwadi ezifanelekileyo kwezi meko, kodwa ingezizo ezenjongo yokunika imbono ngokufaneleka kolawulo lwepalamente lwangaphakathi.
   - ndivavanye ukufaneleka kwemigaqo-nkqubo yobalo-mali esetyenzisiweyo nokulunga kweengqikelelo zobalo-mali kunye nezibhengezo ezinxulumeneyo ezenziweyo ligosa elinika ingxelo.
   - ndiqukumbele ukufaneleka kokusetyenziswa ligosa elinika ingxelo lwenkxalabo eqhubekayo kwisiseko sobalo-mali ekulungiseleleni iingxelo zemali. Ndigqibe ngokunjalo, ngokusekwa kubungqina obufunyenweyo bophicotho-zincwadi, nokokuba kukungaqiniseki okukhoyo kweziphene okunxulumene nezehlo okanye imiqathango enokuzisa iintandabuzo ebonakalayo kwihono lePalamente yePhondo leNtshona Koloni ukuqhubeka njengnekxalabo eqhubekayo. Ukuba ngaba ndigqiba okokuba ukungaqiniseki kobukho beziphene, ndidingeka okokuba nditsale ingqwalasela kwingxelo yam yophicotho-zincwadi okanye, ukuba ngaba izibhengezo ezinjalo azanelanga, ukuguqula imbono yam ngeengxelo zemali. Izigqibo zam zisekwe kwingcaciso ekhoyo kum ngomhla wophicotho-zincwadi. Nangona kunjalo, izehlo zexa elizayo okanye imiqathango inokubangela ukuba ipalamente iyeke ukusebenza njengenkxalabo eqhubekayo.
   - ndivavanye unikezelo ngokupheleleyo, isino nokuqulathiweyo kwiingxelo zemali, kubandakanywa izibhengezo, nokokuba ingaba iingxelo zemali zimele iintengiselwano ezikhoyo nezehlo ngendlela apha efezekisa unikezelo olulungileyo.

Unxibelelwano kwabo banikwe igunya lolawulo

3. Ndinxibelelene negosa elinika ingxelo ngokuphathelelene, phakathi kweminye imicimbi, ubungakanani obucwangcisiweyo kunye nesithuba sophicotho-zincwadi nokufunyenweyo okubalulekileyo kuphicotho-zincwadi, kubandakanywa nasiphi na iintsilelo ezibonakalayo

kulawulo lwangaphakathi endithe ndaluchonga ngethuba lophicotho-zincwadi lwam.

4. Ndiqinisekisa ngokunjalo kwigosa elinika ingxelo into yokokuba ndihambelene neemfuno ezifanelekileyo zenqobo ezisesikweni eziphathelelene nokuzimela, nonxibelelwano lwabo bonke ubudlelwane kunye neminye imicimbi enokuthi kucingwe ukuba ifanelekile enokuchaphazela ukuzimela kwam nalapho kufanelekileyo, enxulumene nokuzikhusela.

**INgcaciso Ngokubanzi**

**IINGXELO ZEMALI EZILUNGISELELWE UNYAKA OPHELA NGOMHLA WAMA-31 KUMATSHI 2018**

| | |
|---|---|
| Uhlobo loshishino nemisebenzi ephambili | Iinkonzo eziphambili ezibonelelwa yiPalamente yePhondo leNtshona Koloni yile ilandelayo:<br><br>- Ukugcina uzinziso lwenkqubo yokuyila imithetho elungileyo nenobulungisa<br>- Ukubonelela ngenkxaso yobek' iliso olumandla kwisiGqeba<br>- Ukubonelela ngesimo esincedayo kuMaLungu khon' ukuze asebenze ngokufanelekileyo<br>- Amaziko ezolawulo kwezoqoqoso, anesiqhamo, nafezekileyo lwezibonelelo<br>- Ukuqinisekisa ngolawulo olulungileyo<br>- Intatho-nxaxheba yoluntu enesiqhamo nenentsingiselo, imfundiso nokuqonda.<br><br>Ulawulo lwePalamente yePhondo, ngokuxhasa oku, lubonelela ngesimo esincedayo kuMalungu khon' ukuze aphumelele ekufezekiseni iinjongo zawo zomgaqo-siseko. |

| | |
|---|---|
| USomlomo | Fernandez, SG |
| USekela Somlomo | Pretorius, PJC |
| UNobhala | Lawrence, GA |
| USekela Nobhala: IiNkonzo eziManyeneyo | Hindley, RG |
| USekela Nobhala Obambeleyo: IiNkonzo zeNkqubo | Asizaliswanga (Lawrence, GA – uBambele) |
| IGosa eliyiNtloko leMali | Petersen, NL |
| IGosa eliyiNtloko lePalamente | Asizaliswanga t (Nkabinde, J - uBambele) |
| Idilesi yoShishino<br>7 Wale Street CAPE TOWN 8001 | Provincial Legislature Building |
| Idilesi yePosi | PO Box 648 CAPE TOWN 8000 |
| Iibhanki | Nedbank |
| Abaphicothi-zincwadi | Auditor-General of South Africa |

**Isalathisi**

Iingxelo ezithiwe thaca ngasezantsi ziqulathe iingxelo zonyaka zemali ezinikezelwe kwiKomiti yePalamente eyoNgameleyo:


| **Isalathisi** | **Iphepha** |
|---|---|
| UXanduva lweGosa eliCwangcisa iincwadi noLwamkelo | 105 |
| INgxelo yoBume beMali | 106 |
| INgxelo yokuSebenza kweMali | 107 |
| INgxelo yeeNguqu kwiiAsethi zeNtsilelo | 108 |
| INgxelo yokuNgena nokuPhuma kweMali | 109 |
| INgxelo yoThelekiso loHlahlo Lwabiwo-mali neZixa-mali eZizizo | 110 |
| ImiGaqo-nkqubo yokuCwangciswa kweMali | 111 - 134 |
| AmaNqaku kwiiNgxelo zoNyaka zeMali | 135 - 169 |

**UXanduva lweGosa loCwangciso-mali kunye nokuphumeza**

IGosa locwangciso-mali lilindeleke ngokoMthetho woLawulo lweMali yePalamente neZindlu zoWiso-mthetho, ka-2009 (uMthetho unguNombolo 10 ka-2009), ligcine ngokufanelekileyo iirekhodi zocwangciso-mali yaye unoxanduva lokuqulathiweyo nemfezeko yeengxelo zemali zonyaka kunye nengcaciso yezimali konke okuqulathwe kule ngxelo. Luxanduva legosa elinika ingxelo ukuqinisekisa ukuba iingxelo zemali zonyaka zibonisa ngokufanelekileyo isimo semicimbi yendlu yowiso-mthetho ekupheleni konyaka-mali yaye neziphumo zomsebenzi kwakunye nkuhamba kwemali ezinkozo ngeli thuba liphelileyo. AbaPhicothi-mali bangaphandle bathathelwe ukwenza uluvo lwabo oluzimeleyo malunga neengxelo zonyaka zezimali yaye banikwe elingenazithintelo lokungena kuzo zonke iirekhodi noovimba abayeleleneyo.

Iingxelo zonyaka zemali zilungiswe ngokwemiqathango yeeNdlela zokuNikwa kweNgxelo eYamkelweyo ngokuBanzi (GRAP) ebandakanya ingcaciso, izikhokelo kunye nemiyalelo ekhutshwe yiBhodi yemiGangatho yoCwangciso-mali.

Iingxelo zonyaka zemali zisekelwe kwimigaqo-nkqubo echanekileyo yocwangciso-mali esetyenziswa ngokungaguqu-guqukiyo yaye lixhaswa luqikelelo lwentelekelelo ezifanelekileyo nezinobulumko.

Igosa elinika ingxelo iya kwamkela ukuba ekugqibeleni yiyo enoxanduva lwenkqubo yolawulo lwangaphakathi lwezimali olusekwe yimo yoqulunqo-mthetho yaye oku kubeka ukubaluleka okukhulu kwimo yokuqinisekisa ngemo emandla yolawulo.Khon’ ukuze igosa locwangciso-mali limelane nolu xanduva, iziphatha-mandla /abasemagunyeni kwezocwangciso-mali imisela imigangatho yolawullo lwangaphakathi olujoliswe ekunciphiseni impazamo yomngcipheko okanye ukususela kwimo yenkonzo engqamene neendleko. Le migangatho ibandakanya ukuphathiswa uxanduva okufanelekileyo nokusekelwe kubume obuchazwe ngokucacileyo, iinkqubo zocwangciso-mali ezisebenzayo kunye nolwahlulo-hlulo olwaneleyo lwemisebenzi ukuqinisekisa umgangatho owamkelekileyo womngcipheko. Olu lawulo lisoloko lubekw’ iliso kulo lonke uqulunqo-mthetho yaye bonke abasebenzi kufuneka bagcine imigangatho eyona iphezulu yeenqobo ukuqinisekisa ukuba umsebenzi woqulunqo-mthetho.Ukuqhutywa wenziwe ngohlobo kangangoko kunokwenzeka olunentsulungeko kwisimo. Ugqaliso lolawulo lomngcipheko kuqulunqo-mthetho lusekubeni kuchongwe, kuvavanywe, kulawulwe, kwakhona kubekw’ iliso kuzo zonke imeko ezaziwayo zomngcipheko jikelele kulo lonke uqulunqo-mthetho. Nakubeni lungenakupheliswa lonke ungcipheko, kambe uqulunqo-mthetho liyazama ukulucutha ngokuqinisekisa ukuba iinkonzo ezisisiseko, ulawulo, iinkqubo kwakunye nemo yokuziphatha eneenqobo konke oku kubekelelwe ze kulawulwe kusetyenziswa iinkqubo, ezimiswe kwangaphambili nemiqobo nezithintelo.

Igosa elinika ingxelo linoluvo, olusekelwe kwingcaciso neenkcazelo ezivela kubalawuli, lokuba inkqubo yolawulo lwangaphakathi ibonelela ngoqinisekiso olufanelekileyo lokuba iirekhodi zezimali kunokuthenjelwa kuzo kumsebenzi wokulungiselela ukuqulunqwa kwengxelo yonyaka yonyaka-mali.Kambe, nayiphi inkqubo yolawlo lwangaphakathi yezimali inakho ukubonelela kuphela ngokufaneleka hayi ngokupheleleyo, ingqinisekiso ngokuchasene neempazamo okanye ukusilela/intsilelo.


Igosa elinika ingxelo liphinde lakuqwalasela uqikelelo lokuhamba kwemali ezinkozo esetyenziswayo yonyaka ukuya kuma kowama-31 kuMatshi 2019 kwaye, ngenxa yolu qwalaselo kwakhona, kwakunye nemeko yezimali, wanelisekiile kukuba imigangatho yezolawlo inawo amaziko emithombo awonelayo okuqhubela phambili ze kungapheli ukusebenza kwixesha elizayo.

.

Indlu yowiso-mthetho ixhomekeke ngokupheleleyo kwiCandelo lolawulo-mali likazwelonke ekubeni libonelelwa ngemali yokuqhuba umsebenzi. Ingxelo yonyaka yonyaka-mali iyenziwa ngokusekwe

ekubeni indlu yowiso-mthetho isoloko iqhubekeka yaye iCandelo lolawulo-mali likaZwelonke alinanjongo okanye mfuneko yokuba lutshitshise izinga lowiso-mthetho.

Iingxelo zonyaka zemali zichazwe ukusuka kwiphepha 106 ukuya kuma-169, zilungiswe ngokuhamba kwamaxesha, zivunyiwe ngabasemagunyeni boniko-ngxelo ngowama-31 kuMeyi 2018.



**Hindley, RG**
**UNobhala oBambeleyo**

**INgxelo yoBume bezeMali**

| Amanani ngeRandi | Amanqaku | 2018 | 2017 Kuchaziwe kwakhona * |
|---|---|---|---|
| **IiAsethi** | | | |
| **IiAsethi ezikhoyo** | | | |
| Imali ezinkozo neziqikelelweyo | 3 | 13 367 703 | 13 606 209 |
| Uluhlu lwempahla | 4 | 856 115 | 935 369 |
| Ezamkelwe zivela kwintengiselwano yokungatshintshiselwa | 5 | 62 400 | 66 349 |
| Ezamkelweyo ezivela kwintengiselwano zotshintshiselwano | 6 | 126 113 | 327 368 |
| Iintlawulo zangaphambili | 7 | 827 194 | 652 466 |
| | | **15 239 525** | **15 587 761** |
| **Ii-asethi ezingezizo ezangoku** | | | |
| Ezamkelweyo zethuba elide ezivela kwiintengiselwano ekungatshintshiselwanayo | 8 | 15 341 | 17 741 |
| Ezamkelweyo zethuba elide ezivela kwiintengiselwano ekungatshintshiselwanayo | 9 | - | - |
| Ipropati, umzi-mveliso nezixhobo | 10 | 13 196 085 | 13 223 391 |
| Ii-asethi ezingabambekiyo | 11 | 3 029 116 | 2 118 417 |
| Ii-asethi zelifa lemveli | 12 | 4 473 702 | 4 489 095 |
| | | **20 714 244** | **19 848 644** |
| **Ii-Asethi zizonke** | | **35 953 769** | **35 436 405** |
| **Amatyala** | | | |
| **Amatyala akhoyo** | | | |
| Iintlawulo evela kwintengiselwano zotshintshiselwano | 13 | 1 249 398 | 1 626 249 |
| Amatyala athe ngqo abiziweyo | 14 | 3 683 291 | 2 491 870 |
| Izigunyaziso zengqeshiso yemali | 15 | 337 750 | 179 995 |
| Izigunyaziso zesibonelelo somsebenzi | 16 | 10 005 118 | 9 608 272 |
| | | **15 275 557** | **13 906 386** |
| **Amatyala angendawo awangoku** | | | |
| Izigunyaziso zengqeshiso yemali | 15 | 1 752 278 | 1 980 348 |
| Izigunyaziso zesibonelelo somsebenzi | 16 | 52 095 000 | 46 535 000 |
| | | **53 847 278** | **48 515 348** |
| **Amatyala ewonke** | | **69 122 835** | **62 421 734** |
| **Intsalela (Amatyala)** | | **(33 169 066)** | **(26 985 329)** |
| Intsilelo eyandisiweyo | | (33 169 066) | (26 985 329) |

* Jonga iNqaku 38

**INgxelo yokuSebenza kweziMali**

| Amanani ngeRandi | Amanqaku | 2018 | 2017 Kuchazwe kwakhona * |
|---|---|---|---|
| **Ingeniso** | | | |
| **Ingeniso evela kwintengiselwano zotshintshiselwano** | | | |
| Ezifunyenweyo | 17 | 673 263 | 23 173 |
| Inzala eyamkelweyo | 18 | 290 298 | 268 179 |
| Enye ingeniso | 19 | 60 863 | 49 065 |
| **Iyonke ingeniso evela kwintengiselwano yontshintshiselwano** | | **1 024 424** | **340 417** |
| **Ingeniso evela kwintengiselwano yokungatshintshiselani** | | | |
| **Ingeniso ekhutshelweyo** | | | |
| Inkonzo engahlawulwa ngamali: Irhente | 37 | 9 531 936 | 8 825 867 |
| Irhafu, Izohlwayo nezilahlekileyo | | - | 47 927 |
| Ulwabiwo-mali lonyaka | 20 | 128 812 846 | 124 762 876 |
| Ulwabiwo-mali olusemthethweni | 20 | 41 113 000 | 39 155 000 |
| **Iyonke ingeniso evela kwintengiselwano yontshintshiselwano** | | **179 457 782** | **172 791 670** |
| **Iyonke ingeniso** | | **180 482 206** | **173 132 087** |
| **INkcitho** | | | |
| Indleko enxulumene nomsebenzi | 21 | (57 476 421) | (54 082 802) |
| Umvuzo wamaLungu | 22 | (46 770 417) | (46 345 330) |
| Ukuhla kwamaxabiso, ukuhlawulwa kwamatyala nezinciphiso | | (2 940 643) | (2 440 842) |
| Iindleko zemali | 23 | (679 776) | (465 522) |
| Irhente yengqeshiso kuqeshiso olusebenzayo | 24 | (285 799) | (389 944) |
| Iintlawulo ezikhutshelweyo | 25 | (40 184 599) | (37 004 563) |
| Inkcitho ngokubanzi | 26 | (26 950 296) | (22 069 505) |
| Inkonzo engahlawulwa ngamali: Irhente | 37 | (9 531 936) | (8 825 867) |
| **Inkcitho iyonke** | | **(184 819 887)** | **(171 624 375)** |
| **Umncono (intsilelo) osebenzayo** | | **(4 337 681)** | **1 507 712** |
| Ilahleko kwii-asethi ezilahliweyo | | (34 765) | (92 100) |
| Ingeniso zothelekelelo | 16 | 1 872 000 | 2 935 000 |
| | | **1 837 235** | **2 842 900** |
| **Umncono phambi kokuba iingxowa-mali zinikezelwe** | | **(2 500 446)** | **4 350 612** |

**INgxelo yokuTshintsha kwii-Asethi zeNethi**

| Amanani ngeRandi | Amanqaku | INtsilela ehlanganisiweyo |
|---|---|---|
| Umncono wokuvula njengoko zichaziwe ngaphambili | (16 722 980) | (16 722 980) |
| Ulungelelwaniso lwesithuba somlinganiselo (isibonelelo sethutyana) | (3 373 091) | (3 373 091) |
| Ulungelelwaniso lonyaka ongaphambili | (8 748 000) | (8 748 000) |
| **Umncono njengoko unjalo ngomhla woku-01 kuEpreli 2016 uchazwe kwakhona*** | **(28 844 071)** | **(28 844 071)** |
| Umncono wonyaka | 1 858 742 | 1 858 742 |
| **Umncono njengoko unjalo ngomhla woku-01 kuEpreli 2017 uchazwe kwakhona *** | **(26 985 329)** | **(26 985 329)** |
| Umncono wonyaka | (6 183 737) | (6 183 737) |
| **Umncono njengoko unjalo ngomhla wama-31 kuMatshi 2018** | **(33 169 066)** | **(33 169 066)** |

* Jonga iNqaku 38

**INgxelo yokuHamba kweMali**

| Amanani ngeRandi | Inqaku (ama) | 2018 | 2017 Kuchazwe kwakhona * |
|---|---|---|---|
| **Ukungena nokuphuma kwemali ezinkozo** | | | |
| **Ezamkelweyo** | | | |
| Imali ezinkozo eyamkelweyo evela kwiinkozo | | 748 371 | 684 447 |
| Imali ezinkozo eyamkelweyo evela kulwabiwo-mali | | 169 925 846 | 163 917 876 |
| Inzala yengeniso | | 290 298 | 268 179 |
| | | 170 964 515 | 164 870 502 |
| **Iintlawulo** | | | |
| Imali ehlawulweyo kubasebenzi namalungu | | (96 417 993) | (91 041 558) |
| Imali ehlawulweyo kubanikezeli benkonzo | | (67 498 608) | (59 855 079) |
| Iingxowa-mali ezinikezelweyo | | (2 491 870) | (1 545 754) |
| Iindleko zemali | | (679 776) | (465 522) |
| | | (167 088 247) | (152 907 913) |
| **Intsalela yokungena nokuphuma kwemali ezinkozo ezivela kwimisibenzi** | 27 | **3 876 268** | **11 962 589** |
| **Ukungena nokuphuma kwimisebenzi yotyalo-mali** | | | |
| Ukuthengwa kwepropati, umzi-mveliso nezixhobo | 10 | (2 426 812) | (2 810 635) |
| Ingeniso evela kwintengiso yepropati, umzi-mveliso nezixhobo | 10 | 6 900 | 14 176 |
| Ukuthengwa kwezinye iiasethi ezingabambekiyo | 11 | (1 529 188) | (2 293 528) |
| Ezamkelweyo zexesha elide ezivela kwiintengiselwano eyokungatshintshiselani | | 2 400 | 2 400 |
| Ezamkelweyo zexesha elide ezivela kwiintengiselwano zokutshintshiselana | | 914 | 1 320 |
| **Intsalela yokungena nokuphuma kwemali ezinkozo ezivela kwimisibenzi yotyalo-mali** | | **(3 945 786)** | **(5 086 267)** |
| **Ukungena nokuphuma kwemali okuvela kwimisebenzi yemali** | | | |
| Izigunyaziso zengqeshiso yemali | | (168 988) | (180 150) |
| **Ukwanda kwentsalela/(ukuhla) kwimali ezinkozo nolinganiso** | | **(238 506)** | **6 696 172** |
| Imali ezinkozo nolinganiselo ekuqaleni konyaka | | 13 606 209 | 6 910 037 |
| **Imali ezinkozo nolinganiselo ekupheleni konyaka** | 3 | **13 367 703** | **13 606 209** |

## 1. Ukwaziswa kweNgxelo yoNyaka-mali

Ingxelo zonyaka zemali zenziwe ngokwemigangatho yeStandards of Generally Recognise Accounting Practice (GRAP), ekutshwa yiBhodi yeMigangatho yoNiko-ngxelo ngokweCandelo 56 loMthetho iFinancial Management of Parliament and Provincial Legislators Act, 2009 (uMthetho Nomb. 10 ka 2009).

Ezi Ngxelo zonyaka zemali ziqulunqwe ngokwesiseko sokongezeka kucwangciso-mali yaye kuhamba ngokwesithethe sokuxabisa ngokwembali njengesiseko somlinganiso, ngaphandle kokuba kucaciswa ngendlela yimbi. Iboniswe ngokweRandi yoMzantsi Afrika. Onke amanani alinganiselwe aya kuma ngeRandi.

Isishwankathelo seenkqubo ezibalulekileyo zocwangciso-mali zichazwe apha ngezantsi.
Ezi nkqubo zocwangciso-mali zihambelana nezethuba
elidlulileyo.

### 1.1 Ekulindeleke kuyenzeka nokuyinkxalabo esoloko ikho

Ezi ngxelo zonyaka zemali ziqulunqwe ngokuxhomekeka kukuba nolindeleko lokuba indlu yowiso-mthetho iya kuqhuba isebenza isithuba seenyanga ezili-12 ezilandelayo.

### 1.2 Iintelekelelo ezibalulekileyo

Ekuqulunqeni ingxelo yonyaka-mali, umlawuli ulindeleke ukuba enze uqikelelo kwakunye nentelekelelo echaphazela izambuku ezichazwe kwingxelo yonyaka-mali kunye nezibhengezo eziyeleleneyo. Ukusetyenziswa kwentelekelelo kunxamnye nokuqulunqwa kwengqikelelo. Iziphumo ezizezona zexesha elizayo zinokwahluka kule ngqikelelo enokuba yebalulekileyo kwingxelo yonyaka-mali. Intelekeleko ebalulekileyo ibandakanya:

**Iimali ezityalwayo**

Indlu yowiso-mthetho ixabisa imali etyalwa yona ukuze ithothiswe ekupheleni kwethuba ngalinye lokwenza ingxelo. Ukukhangela ekubeni ilahleko yothothiso mayichazwe kusinina kwintshiyekela okanye kwimali engaphelelanga, indlu yowiso-mthetho iyakhangela ekubeni kukho iinkcukacha ezibonwayo ezichaza ukuncipha okunokulinganiswa kuqikelelo lwemali ezinkozo esetyenziswayo kwi-asethi yezimali.

Ukuthathiswa kwemali etyalwayo kubalwa ngokwesikhundla, kusikwe kulinganiselo lwembali yelahleko, ehlenga-hlengiswe ngokweemeko zezoqoqosho zikazwelonke kunye noshishino oluthile kwakunye nezinye izikhombisi ezikhoyo kumhla wengxelo ezihambelana nokusilela kwisikhundla.Le lahleko yonyaka yomlinganiselo isetyenziswa kumncono wemboleko kwisikhundla ukuze inyuselwe kwithuba elivelayo lelahleko eqikelelweyo.

**Uvavanyo lothothiso**

Izambuku ebezilahlekile zaphinda zafunyanwa zeeyunithi ezenza imali ezinkozo kunye nee-asethi ezinganye nganye zimiselwe zisekelwa kwixabiso eliphezulu kusetyenziso loqikelelo kunye nexabiso elilungileyo kuthatyathwe indleko yokuthengisa. Olu balo lufuna ukusetyenziswa koqikelelo nokulindelekileyo.

IXabiso losetyenziso lwee-asethi ezingenisa imali:

Indlu yowiso-mthetho ivavanye yaze yahlola ixabiso elithwalwa zii-asethi xa imisitho okanye iinguqu kwiimeko zibonisa okokuba isixa-mali esithwelweyo asisayi kufumaneka kwakhona. Ii-asethi zibekwa ngamaqela kwinqanaba elisezantsi apho kungena nokuphuma kwemali ezinkozo kuchongwayo akuxhomekekanga ikakhulu kukungena nokuphuma kwezinye ii-asethi namatyala. Ukuba kukho imiqondiso ebonakalisa into yokuba ukunciphisa kunokuba kwenzekile, uqikelelo luqulunqwe ngokungena nokuphuma kwemali ezinkozo yexa elizayo olulindelweyo kwiqela ngalinye lwee-asethi. Ukungena nokuphuma kwemali ezinkozo okulindelweyo kwexa elizayo ukumisela ixabiso elisetyenziswayo kwenkolelo nee-asethi ezibambekayo akuqinisekanga yaye kungaguquka ngokuhamba kwexesha. Zichatshazelwe kakhulu yimiba emininzi ebandakanya ezoqoqosho ezifana nokunyuka kwamaxabiso nenzala.

Ixabiso losetyenziso lwee-asethi ezingeniso okungeyiyo imali:

Indlu yowiso-mthetho ivavanye yaze yahlola ixabiso elithwalwa zii-asethi xa imisitho okanye iinguqu kwiimeko zibonisa okokuba isixa-mali esithwelweyo asisayi kufumaneka kwakhona. Ukuba ngaba kukho imigqalisela yokokuba okulahlekileyo kunokuba kwenzekile, ikhono lenkonzo eseleyo le-asethi limiselwe. Indlela eyiyo ikakhulu ekhethiweyo yokumisela ikhono eliseleyo lenkonzo ixhomekeke ekufunyanweni kweenkcukacha zamanani nohlobo lokulahleka.

**Ubomi obunoncedo bepropati, umzi-mveliso nezixhobo nezinye ii-asethi**

Ulawulo lwendlu yowiso-mthetho lumisela ubomi boncedo obuqikelelweyo kunye nemirhumo enxulumene nokuhla kwexabiso lepropati, lomzi-mveliso nezixhobo nezinye ii-asethi. Ulawulo luya kwandisa umrhumo wokuhla kwexabiso apho ubomi obuluncedo bungaphantsi kobomi boncedo obebuqikelelwe ngaphambili.

**Izibonelelo zasemva kokuthatyathwa komhlala-phantsi**

Ixabiso elikhoyo logunyaziso lasemva kokuthatyathwa komhlala-phantsi lixhomekeke kwinani lemiba ethi imiselwe kwisiseko sokuthelekelelwa kwesixa-mali kusetyenziswa inani leengqikelelo. Iingqikelelo ezisetyenziswe ekumiliseni indleko zemali esesandleni (ingeniso) kubandakanywa umlinganiselo wesaphulelo. Naziphi na iinguqu kwezi ngqikelelo ziya kuba nempembelelo kwisixa-mali esikhoyo sezigunyaziso zasemva kokuthatyathwa komhlala-phantsi.

Ezinye iingqikelelo eziphambili ezilungiselelwe izigunyaziso zomhlala-phantsi zisekwe kwiimeko zemarike ezikhoyo. Ingcaciso engaphezulu ibhengezwe kwiNqaku 16.

**Umlinganiselo osebenzayo wenzala**

Indlu yowiso-mthetho isebenzisa umlinganiselo wemali mboleko karhulumente ukwaphulela ukungena nokuphuma kwemali ezinkozo kwexa elizayo.

**Imali evunyelweyo yokunciphisa**

Kwezamkelweyo ilahleko yomonakalo iqondakala kumncono nakwilahleko xa kukho ubungqina obufanelekileyo bokokuba yonakele. Umonakalo ulinganiswa njengomahluko phakathi kwesixa-mali esithwelwe ngokwamkelweyo kunye nexabiso elikhoyo loqikelelo lokungena nokuphuma kwexa elizayo kwemali ezinkozo eyaphulelwe kumlinganiselo osebenzayo wenzala, othelekelelwe kulwamkelo lokuqalisa.

### 1.3 Ipropati, umzi-mveliso nezixhobo

Ipropati, umzi-mveliso nezixhobo zii-asethi ezibambekayo ezithi zagcinwa kwimveliso okanye kunikezelo lwempahla okanye iinkonzo, kwirhente eya kwezinye, okanye ezilungiselelwe iinjongo zolawulo, yaye zilindeleke ukuba zisetyenziswe ngethuba nakumathuba angaphezulu ethuba lokunikwa kwengxelo.

Indleko umba wepropati, umzi-mveliso nezixhobo uqondwa njenge-asethi xa:
- mhlawumbi usisibonelelo soqoqosho sexa elizayo okanye inkonzo enekhono enxulunyaniswe kunye nomba oya kuqukuqelela kwindlu yowiso-mthetho; yaye
- indleko okanye ixabiso elilungileyo lomba zinakho ukulinganiswa ngokuqinisekileyo.

Ipropati, umzi-mveliso nezixhobo zilinganiswa kuqala ngendleko.

Indleko zomba wepropati, umzi-mveliso nezixhobo zilixabiso lokuthenga yaye ezinye iindleko zibhekiselele ekuzisweni kwe-asethi kwindawo nobume obuyimfuneko bokokuba inalo ikhono lokusebenza ngendlela exhitywe ngabalawuli. Izaphulelo zorhwebo nembuyekezo ziyathatyathwa kwixabiso lokufika.

Apho i-asethi ithe yafunwa ngaphandle kwendleko, okanye ngeendleko ezingephi, ixabiso layo iba lixabiso elilungileyo njengomhla eyafunyanwa ngayo.

Apho into yepropati, yomzi-mveliso nezixhobo iyafuneka ngotshintshiselwano ne-asethi engeyiyo imali okanye ii-asethi zemali, okanye intlanganisela yee-asethi eziyimali nezingeyiyo imali, i-asethi efuniweyo ilinganiswa kuqala ngexabiso elilungileyo (ngendleko), ngaphandle ixabiso elilungileyo layo nayiphi na i-asethi eyamkelweyo okanye i-asethi enikezelweyo ibe ilinganiswe ngokuthembekileyo. Ukuba ngaba into efunyenweyo ayilinganiswanga kwixabiso elilungileyo, iindleko zayo zilungiswa kwisixa-mali esithwelweyo se-asethi ekunikezelwe ngayo.

Xa amacandelo abalulekileyo ento yepropati, umzi-mveliso nezixhobo zinobomi obahlukeneyo boncedo, kunikwa ingxelo ngayo njengezinto ezahlukeneyo (amacandelo angundoqo) epropati, omzi-mveliso nezixhobo.

Iindleko zibandakanya iindleko ezenziwe kuqala ekufunyanweni okanye kulwakhiwo lwale nto yepropati, yomzi-mveliso nezixhobo kunye neendleko ezenziwe kamva zokongezelela, zokufakelwa kwelungu, okanye ukulungiswa kwayo. Ukuba indleko zokufakelwa ziqondakala kwisixa-mali esithwelweyo sento yepropati, yomzi-mveliso nezixhobo, isixa-mali sokuthwala selungu elifakelweyo asiqondakali.

Ukuqwalaselwa kweendleko kwisixa-mali esithwelweyo somba wepropati, umzi-mveliso kuyaphela xa umba ukwindawo nesimo esiyimfuneko yokokuba sibe nakho ukusebenza ngendlela ekuxhitywe yona lulawulo.

Izinto ezifana nezixhobo ezibekiweyo, izixhobo ezilindileyo kunye nezixhobo zolungiso zibonwa xa zihlangabezana nenkcazelo yepropati, umzi-mveliso nezixhobo.

Iindleko ezingudoqo zohlolo ezingumqathango wokuqhubeka ngokusetyenziswa komba wepropati, umzi-mveliso nezixhobo nezihlangabezanayo nenqobo zengqwalasela engasentla zibandakanywa njengezibekwe kwiindleko zomba wepropati, womzi-mveliso nezixhobo. Naziphi na iindleko zohlolo eziseleyo kuhlolo olungaphambili azinikwa ngqwalasela.

IPropati, umzi-mveliso nezixhobo ziyaqhutywa ngendleko ezingaphantsi kokuhla kwamaxabiso okukhulayo nayo nayiphi na ilahleko.

IPropati, umzi-mveliso nezixhobo zihla amaxabiso kuhlobo lomgca othe ngqo kwisithuba sobomi obuluncedo olulindelweyo ukuya kwixabiso eliyintsalela eliqikelelweyo.

Ubomi obuluncedo besakhiwo, bomzi-mveliso nesixhobo buvavanyiwe ngolu hlobo lulandelayo:

| Umba | Indlela yokuhla kwexabiso | Umndilili wobomi obuluncedo |
|---|---|---|
| IFanitshala nezixhobo ze-ofisi | Umgca othe ngqo | Iminyaka emi-2 ukuya kuma-25 |
| Abanye oomatshini nezixhobo | Umgca othe ngqo | Iminyaka emi-2 ukuya kuma-23 |
| Izixhobo zekhompyutha | Umgca othe ngqo | Iminyaka emi-2 ukuya kuma-20 |
| Iiasethi zengqeshiso yemali (izithuthi) | Umgca othe ngqo | Iminyaka emi-4 ukuya kwesi-7 |
| Iiasethi zengqeshiso yemali (iselula) | Umgca othe ngqo | Iminyaka emi-2 ukuya kwemi-5 |

Isixa-mali esihlayo se-asethi sabiwa kwisiseko esizinzileyo kubomi bayo obuluncedo.

Isahlulo ngasinye sepropati, somzi-mveliso nezixhobo zinendleko ibonakalayo xa kuthelekiswa neendleko ezipheleleyo zento leyo ihla ixabiso ngokwahlukeneyo.

Imethodi yokuhla kwexabiso esetyenzisiweyo ibonisa ipateni apho izibonelelo zoqoqosho ze-asethi zexa elizayo okanye ikhono lenkonzo lilindeleke ukuba iginywe yindlu yowiso-mthetho. Imethodi yokuhla kwexabiso esetyenziswa kwi-asethi iyavavanywa ubuncinane rhoqo ngomhla wokunikezelwa kwengxelo yaye, ukuba ngaba kukho inguqu ebonakalayo kwipateni elindelweyo yokusetyenziswa kwezibonelelo zoqoqosho oluzayo okanye ikhono lenkonzo eliqulathwe kwi-asethi, imethodi iyatshintshwa ukulungiswa ukuboniswa kwepateni eguqulweyo. Inguqu enjalo kunikwa ingxelo ngayo njengoko inguqu ikuqikelelo lokubalwa kwamanani.

Indlu yowiso-mthetho ivavanya kumhla wokunikezelwa kwengxelo ngamnye okokuba ingaba sikhona na isiboniso sokokuba okulindelweyo yindlu yowiso-mthetho okumalunga nentsalela yexabiso kunye nobomi obuluncedo be-asethi buguqukile ukususela kumha ongaphambili wokunikwa kwengxelo. Ukuba ngaba isiboniso esinjalo sikho, indlu yowiso-mthetho ihlaziya ubomi obulindelweyo bokuba luncedo kunye/okanye ixabiso eliyintsalela ngokufanelekileyo. Inguqu kunikwa ingxelo ngayo njengenguqu kuqikelelo lokubalwa kwamanani.

Umrhumo wokuhla kwexabiso wesithuba ngasinye uyaboniswa kwindlu yowiso-mthetho okanye intsilelo ibe ibandakanywe kwisixa-mali esithwelweyo senye i-asethi.

Izinto zendlu yowiso-mthetho azibalwa xa i-asethi ilahliwe okanye apho kungekho zibonelelo zingaphezulu zoqoqosho okanye ikhono lenkonzo elilindelweyo ekusetyenzisweni kwe-asethi.

Ingeniso okanye ilahleko evela ekungabalwa kwesakhiwo, somzi-mveliso nakwizixhobo libandakanya kwindlu yowiso-mthetho okanye kwintsalela xa into leyo ingasabalwa. Ingeniso okanye ilahleko evela kwipropati, umzi-mveliso nezixhobo imiselwa njengomahluko phakathi kwengeniso yemali ezinkozo elahliweyo, ukuba ikho, kunye nesixa-mali esithweleyo sento leyo.

**1.4 Ii-asethi ezingabambekiyo**

I-asethi ichazwa ngokuba:

- iyakwazi ukwahlulwa, okt. Inakho ukwahlulwa okanye ukwahlulwa kwicandelo ze ithengiswe, ikhutshelwe, inikwe iphepha-mvume, irentwe okanye kutshintshiselwano, mhlawumbi iyodwa okanye ziddityanisiwe kwisivumelwano esinxulumeneyo, kwii-asethi ezinokuchongwa okanye eziityala, nokokuba indlu yowiso-mthetho ixhibe ukwenza njalo; okanye
- ivela kumalungiselelo abophelelayo (kubandakanywa amaungelo avela kwiizivumelwano), nokokuba loo malungelo akhutshelwe okanye ahlukanisiwe kwindlu yowiso-mthetho okanye avela kwamanye amalungelo noxanduva.

Amalungiselelo abophelelayo achaza amalungiselelo athi anikezele ngamalungelo noxanduva oluyeleleneyo kumaqela kuwo abe ngathi akubume besivumelwano.

I-asethi engabambekiyo iqondwa xa:

- mhlawumbi izibonelelo zoqoqosho eziindelekileyo zelixa elizayo okanye ikhono leenkonzo ezibalelwa kwi-asethi ziya kuqukuqelela kwindlu yowiso-mthetho; yaye
- indleko okanye ixabiso elilungileyo le-asethi linokulinganiswa ngokuthembekileyo.

Indlu yowiso-mthetho ivavanya okunokuthi kwenzeke kwizibonelelo ezilindelekileyo zoqoqosho lwexa elizayo okanye ikhono lenkonzo kusetyenziswa uqikelelo olufanelekileyo noluxhasekayoi oluthi lumele uqikelelo olulungileyo lolawulo lwemiqathango ebekiweyo yoqoqosho eya kuthi ibekho kubomi boncedo lwe-asethi.

Ii-asethi ezingabambekiyo ziqondwa ngendleko.

Xa ithe i-asethi engabambekiyo yafunyanwa ngaphandle kwendleko okanye ngeendleko ezingephi, ixabiso layo lixabiso elilungileyo njengoko lililo ngomhla wokufunyanwa.

Inkcitho kuphando (okanye kwinqanaba lophando lweprojekti yangaphakathi) ibonwa njengenkcitho xa yenziwe.

I-asethi engabambekiyo evela kuphuhliso (okanye kwinqanaba lophuhliso lweprojekti yangaphakathi) iqonda xa:

- kufanelekile ukuyiqukumbela i-asethi ukulungiselela ukuba iya kufumaneka uuba isetyenziswe okanye ithengiswe.
- kukho injongo yokuyiqukumbela nokuyisebenzisa nokuyithengisa.
- kukho ikhono lokuyisebenzisa okanye lokuyithengisa.
- inokuvelisa mhlawubi izibonelelo zoqoqosho zexa elizayo okanye ikhono lenkonzo.
- kukho izibonelelo zobuchule, zemali nezinye ukuqukumbela uphuhliso nokusetyenziswa nokuthengiswa kwe-asethi.
- inkcitho inokubalelwa kwi-asethi ngethuba lophuhliso lwao inakho ukulinganiswa ngentembeko.

Iindleko nezingabambekiyo zithwalwa kwiindleko ngaphantsi kwemali eyandisiweyo ebekelwe ukuhlawula amatyala kunye nayiphi na ilahleko.

I-asethi engabambekiyo ithatyathwa njengenobomi obungapheliyo xa, kusekwe kuyo yonke imiba efanelekileyo, kungekho lunyino luqikelelwayo kwisithuba apho i-asethi ilindelwe ukuba ivelise ukungena kwemali ezinkozo okanye ikhono lenkonzo. Ukuhlawulwa kwamatyala akulungiselelwanga kwezi asethi zingabambekiyo, kodwa kuhloliwe kulungiselelwa ukuncitshitswa rhoqo ngonyaka ngalo

lonke ixesha kukho imbonakalo yokokuba i-asethi inakho ukuncitshiswa. Ukulungiselela zonke ezinye ii-asethi ezihgabambekiyo ukuhlawulwa kwamatyala kubonelelwa kwisiseko somgca othe ngqo kubomi bazo zokuba luncedo.

Isithuba sokuhlawulwa kwetyala kunye nemethodi yokuhlawulwa kwetyala kulungiselelwa ii-asethi ezingabambekiyo iyahlaziywa kumhla ngamnye wokunikwa kwengxelo.

Ukuvavanywa kobomi obuluncedo be-asethi engabambekiyo kunye nobomi obupheleleyo obuluncedo emva kokuhlelwa njengaqinisekanga ngumqondiso wokokuba i-asethi isenokuba ilahlekile saye isixa-mali esiseleyo sihlawulwe kubomi baso obuluncedo.

Iintlobo ezivelisiwe ngaphakathi, izibonelelo, izihloko zopapasho, uluhlu lwabathengi kunye nezinto eziyeleleneyo azibonwa njengee-asethi ezingabambekiyo.

Ukuhlawulwa kwetyala kunikezelwe ukulungiselela ukubhalwa phantsi kwee-asethi ezingabambekiyo, kumgca ohe ngqo, kumaxabiso azo asileleyo njengoku kulandelayo:

| Umba obuluncedo | Imethodi yokuhla kwexabiso | Umndilili wobomi |
|---|---|---|
| Iinkqubo zekhompyutha | Umgca othe ngqo | Iminyaka om-1 ukuya kweli-10 |

Iiasethi ezingabambekiyo ziyayekwa ukuqwalaselwa:

- ngokulahlwa; okanye
- xa kungekho izibonelelo zoqoqosho zexa elizayo okanye ikhono lenkonzo zilindelekile kusetyenziso lwazo okanye kukulahlwa kwazo.

Ingeniso okanye ilahleko evela kwii-asethi ezingabambekiyo kumiselwa njengomahluko phakathi kwengeniso yokulahlwa kwempahla esesandleni ukuba ikho, kunye nesixa-maliu esithwelweyo se-asethi engabambekiyo. Umahluko onjalo uqwalaselwa kwindlu yowiso-mthetho okanye intsilelo xa i-asethi engabambekiyo ingaqwalaselwa.

### 1.5 Ii-asethi zelifa lemveli

Ii-asethi zelifa lemveli zii-asethi ezinembonakalo yenkcubeko, yendalo yembali, yenzululwazi, yetheknoloji nezobugcisa yaye zibanjwe ngokungenaziphelo ukulungiselela isibonelelo sezizukulwana zangoku nezexa elizayo.

**Ulwamkelo**

Indlu yowiso-mthetho iqonda i-asethi yelifa lemveli njenge-asethi ukuba ingaba nezibonelelo zoqoqosho zexa elizayo okanye ikhono lenkonzo elinxulunyaniswa ne-asethi iya kuqukuqelela kwindlu yowiso-mthetho, yaye indleko okanye ixabiso elilungileyo le-asethi linakho ukulinganiswa ngokuthembekileyo.

Apho indlu yowiso-mthetho igcine i-asethi yelifa lemveli, kodwa kwingqiqo yokuqala ayizifezekisi iinqobo zengqiqo kuba ayinakulinganiswa ngokuthembekileyo, ingcaciso kle asethi injalo yelifa lemveli ibhengezwe kwinqaku 12 lee-asethi zeLifa lemveli.

**Umlinganiselo wokuqala**

Ii-asethi zelifa lemveli zilinganiswa ngendleko.

Apho i-asethi yelifa lemveli ifunyenwe ngentengiselwano yokungatshintshiselwana, indleko zayo ilinganiswa kwixabiso layo elungileyo njengoko belinjalo kumhla wokufunyanwa.

**Umlinganiselo olandelayo**

Emva kwengqwalasela njenge-asethi, uhlobo lwee-asethi zelifa lemveli zithwalwa kwiindleko kuthatyathwa ilahleko eyenziweyo.

**Ukulahleka**

Indlu yowiso-mthetho ivavanya kumhla ngamnye wokunikwa kwengxelo okokuba ingaba kukho isiboniso sokokuba inokulahleka, ukuba ngaba isiboniso esinjalo sikho, indlu yowiso-mthetho iqikelela isixa-mali esifunyenweyo okanye isixa-mali senkonzo esifunyenweyo kwi-asethi yelifa lemveli.

**Ukukhutshelwa**

Ukukhutshelwa okuvelakwii-asethi zelifa lemveli lwenziwa kuphela xa i-asethi ethile ayisayifezekisi inkcazelo ye-asethi yelifa lemveli.Ukukhutshelwa kwii-asethi zelifa lemveli lwenziwa kuphela xa i-asethi ifezekisa inkcazelo ye-asethi yelifa lemveli.

Indlu yowiso-mthetho iyazitshitshisa ii-asethi zisakuchithwa, okanye xa kungasekho nzuzo yezoqoqosho okanye mandla anokubakho enkonzo alindelekileyo kusetyenziso okanye ekuchithweni kwazo.

Inzuzo okanye ilahleko esuka ekutshitshisweni kwee-asethi zemveli elilifa imiselwa njengomahluko phakathi kwengeniso kwintengiso yee-asethi, ukuba ikhona, nesixa-mali esisencwadini see-asethi zemveli elilifa.Umahluko ololo hlobo kwindlu yowiso-mthetho njengesixa-mali esiyintsilelo xa i-asethi yemveli elilifa zitshitshiswa.

**1.4 Izixhobo zemali**

Isixhobo semali siso nasiphi na isivumelwano esithi sivelise i-asethi yemali yecandelo elinye kunye netyala lemali okanye intsalela yenzala yelinye icandelo likarhulumente.

**Ucazululo (Classification)**

Indlu yowiso-mthetho inezi ntlobo zee-asethi zemali zilandelayo (iintlobo namacandelo) njengoko ebonisiwe ngaphambili kwingxelo yobume bemali okanye kumanqaku ayo:

| **Uhlobo** | **Icandelo** |
| --- | --- |
| Ezamkelweyo ezivela kwiintengiselwano ezingatshintshwayo | I-asethi yemali elinganiswayo kwindleko zokuhlawulwa kwamatyala |
| Ezamkelweyo kwiintengiselwano ezitshintshwayo | I-asethi yemali elinganiswayo kwindleko zokuhlawulwa kwamatyala |
| Imali ezinkozo noqikelelo lwemali ezinkozo | I-asethi yemali elinganiswayo kwindleko zokuhlawulwa kwamatyala |

Indlu yowiso-mthetho inezi ntlobo zilandelayo zamatyala emali (iintlobo namacandelo) njengoko ibonisiwe kwingxelo yobume bemali okanye kumanqaku akhoyo:

| **Uhlobo** | **Icandelo** |
|---|---|
| Iintlawulo ezivela kwiintengiselwano zotshintshiselwano | Ityala lemali elilinganiswa kwiindleko zokuhlawulwa kwamatyala |
| Isigunyaziso sengqeshiso yemali | Ityala lemali elilinganiswa kwiindleko zokuhlawulwa kwamatyala |
| I-ovadrafti yebhanka | Ityala lemali elilinganiswa kwiindleko zokuhlawulwa kwamatyala |
| Intlawulo ngqo yetyala | Ityala lemali elilinganiswa kwiindleko zokuhlawulwa kwamatyala |

**Ulwamkelo lokuqala**

Indlu yowiso-mthetho inakana i-asethi yemali okanye ityala lemali kwingxelo yayo yobume bemali xa indlu yowiso-mthetho iba liqela kwizibonelelo zesivumelwano zesixhobo.

Indlu yowiso-mthetho inakana ii-asethi zemali kusetyenziswa ucwangciso-ncwadi lomhla worhwebo.

**Umlinganiselo wokuqala we-asethi yemali namatyala emali**

Indlu yowiso-mthetho iyilinganisa i-asethi yemali netyala lemali ngaphandle kwezi zilinganiswe kamva kwixabiso elilungileyo, ekuqaleni kwixabiso layo elilungileyo kudityaniswa neendleko zentengiselwano ezingabhekiselelwa ngqo ekufunyanweni okanye ekukhutshweni kwe-asethi yemali okanye yetyala lemali.

Indlu yowiso-mthetho ilinganisa i-asethi yemali namatyala emali ekuqaleni kwixabiso lazo [ukuba kulandelwa ngokulinganiswa kwixabiso lazo elilungileyo].

Indlu yowiso-mthetho iqala ivavanye isimo semali-mboleko evunyelweyo ukuba ingaba ngenene yimali-mboleko na. Kwingqwalaselo yayo yokuqala, indlu yowiso-mthetho icazulula imali-mboleko ekuvunyelwene ngayo ibe zizintlu zamacandelo ize inike ingxelo ngecandelo ngalinye ngokwahlukeneyo. Indlu yowiso-mthetho inika ingxelo ngesahlulo semali-mboleko evunyelweyo ethe:

- yanesibonelelo sentlalo ngokuhambelana nesiCwangciso-nkqubo sokuLungiselelwa noKuthiwa Thaca kweeNgxelo zeMali, apho iyiyo ekhupha imali-mboleko; okanye
- eye yanengeniso engenalwananiso, ngokuhambelana noMgangatho weGRAP ongeNgeniso esuka kwiiNtengiselwano eziNgenalwananiso (iiRhafu noKhutshelo), apho ingumamkeli wemali-mboleko.

**Umlinganiselo olandelayo wee-asethi zemali namatyala emali**

Indlu yowiso-mthetho ilinganisa zonke ii-asethi zemali namatyala emali emva kokuqwalaselwa kokuqala kusetyenziswa la macandelo alandelayo:

- Izixhobo zemali kwixabiso elilungileyo.
- Izixhobo zemali kwiindleko ezihlawulwe ngemali ebekelwe oko.
- Izixhobo zemali kwiindleko.

Zonke ii-asethi zemali ezilinganisiweyo kwiindleko ezihlawulwe ngemali ebekelwe oko, okanye iindleko, zixhomekeke kuvavanyo ngokutsha oluncitshisiweyo.

Iindleko ezihlawulwe ngemali ebekelwe oko ze-asethi yemali okanye ityala lemali sisixa-mali ekulinganiswa kuso-iasethi yemali yetyala lemali kwingqwalaselo yokuqala kuthatyathwe iintlawulo zemalinkunzi, kongezelelwe okanye kuthatyathwe iindleko ezandileyo ezihlawulwe ngemali ebekelwe okoko kusetyenziswa indlela esebenzayo yenzala yawo nawuphi na umahluko phakathi kwesaa sixa-mali sokuqala nesixa-mali esivuthiweyo, ze kuthatyathwe naluphi na uncitshiso (oluthe ngqo okanye ngokusetyenziswa kwe-akhawunti yemali yesibonelelo) ukulungiselela ukuncitshiswa okanye ukungabi nakho ukuqokelelwa kwimeko ye-asethi yemali.

**Umlinganiselo olandelayo wee-asethi zemali namatyala emali**

Indlu yowiso-mthetho ilinganisa zonke ii-asethi zemali namatyala emali emva kokuqwalaselwa okokuqala kusetyenziswa la macandelo alandelayo:

- Izixhobo zemali kwixabiso elilungileyo.
- Izixhobo zemali kwiindleko ezihlawulwe ngemali ebekelwe oko.
- Izixhobo zemali kwiindleko.

Zonke ii-asethi zemali kwiindleko ezihlawulwe ngemali ebekelwe oko, okanye iindleko, zixhomekeke kuvavanyo ngokutsha oluncitshisiweyo.

Iindleko ezihlawulwe ngemali ebekelwe oko ze-asethi yemali okanye ityala lemali sisixa-mali ekulinganiswa kuso i-asethi yemali yetyala lemali ekuqwalaselweni okokuqala, kuthatyathwe iintlawulo zemalinkunzi, kongezelelwe okanye kuthatyathwe iindleko ezandileyo ezihlawulwe ngemali ebekelwe oko kusetyenziswa indlela esebenzayo yenzala yawo nawuphi na umahluko phakathi kwesaa sixa-mali sokuqala nesixa-mali esivuthiweyo, ze kuthatyathwa naluphi na uncitshiso (oluthe ngqo okanye ngokusetyenziswa kwe-akhawunti yemali esisibonelelo) ukulungiselela ukuncitshiswa okanye ukungabi nakho ukuqokelelwa kwimeko ye-asethi yemali.

**Iingcamango zokulinganiswa kwexabiso elilungileyo**

Obona bungqina bugqwesileyo bexabiso elilungileyo ngamaxabiso abiziweyo kwimarike esebenzayo. Ukuba imarike elungiselelwe isixhobo semali ayisebenzi, indlu yowiso-mthetho imisela ixabiso elilungileyo ngokusebenzisa indlela yokuqikelela ixabiso. Injongo yokusebenzisa indlela yokuqikelela ixabiso kukufumana ukuba beliyintoni na ixabiso lentengiselwano ngomhla wokulinganisa kutshintshiselwano lwexesha elide oluvuselelwe ziingcamango zokusebenza. Iindlela zokuqikelelwa kwexabiso zibandakanya ukusetyenziswa kweentengiselwano zakutshanje zemarike yexesha elide phakathi kwamaqela anolwazi nazimiseleyo, ukuba akho, kukhangelwa kwixabiso langoku elilungileyo lwesinye isixhobo esibanzi ngokufanayo, ucazululo lokuphuma nokungena kwemali ezinkozo okunesaphulelo noyilo olulolunye lokunikwa kwexabiso. Ukuba ngaba kukho indlela eqhelekileyo ukusetyenziswa yoqikelelo lwexabiso ngabathabatha inxaxheba kwimarike ukunika ixabiso isixhobo yaye loo ndlela ibonisiwe ekubeni inika uqikelelo oluthembekileyo lwamaxabiso afunyanwa kwiintengiselwano ezizizo zemarike, icandelo lisebenzisa ezo ndlela. Indlela ekhethiweyo yoqikelelo lwamaxabiso izisa iziphumo ezigqwesileyo zokusetyenziswa kwemarike yaye iqamele kancinane kwiziphumo ezithe ngqo zecandelo. Iqulathe yonke imiba abathathi-nxaxheba kwimarike abanokuthi bayicinge xa bebeka ixabiso yaye iyahambelana neendlela ezamkelekileyo zoqoqosho ezilungiselelwe izixhobo zemali. Ngethuba elithile, indlu yowiso-mthetho ilinganisa ububanzi bendlela yoqikelelo ze ibuhlole ukulungiselela ukulunga kusetyenziswa amaxabiso avela nakuziphi na iintengiselwano ezinokubonwa ezikhoyo zemarike kwisixhobo esinye (ok.t. Ngaphandle kokulungiswa okanye kokupakishwa ngokutsha) okanye esisekwe nakuziphi na iinkcukacha zamanani emarike anokuqwalaselwa nafumanekayo.

Ezamkelweyo zexesha elifutshane nezihlawulwayo azinasaphulelo apho isithuba sokuqala setyala

ebesinikezelwe okanye esamkelweyo sihambelana nemiqathango esetyenziswa kwicandelo likarhulumente, mhlawumbi ngokusekwa kweendlela okanye uwiso-mthetho.

**Inzuzo nelahleko**

Inzuzo okanye ilahleko evela kwinguqu kwixabiso elilungileyo le-asethi yemali okanye ityala lemali elilinganiswe kwixabiso elilungileyo libonakaliswa kwixabiso elilungileyo kuwiso-mthetho okanye kwintsilelo.

Kwii-asethi zemali namatyala emali alinganiswe kwiindleko ezihlawulwa ngemali ebekelwe oko, okanye indleko, ibonwa kuwiso-mthetho okanye kwintsilelo xa i-asethi yemali okanye ityala lemali lingamkelwa okanye lincipha, okanye kusetyenziswa inkqubo yokuhlawulwa kwendleko ngemali ebekelwe oko.

Kwii-asethi zemali namatyala emali alinganiswe kwindleko ezihlawulwa ngemali ebekelwe oko, okanye indleko iqatshelwa kuwiso-mthetho okanye kwintsilelo xa i-asethi yemali okanye ityala lemali litshitshiswa okanye lincipha, okanye ekusetyenzisweni kwenkqubo yokuhlawulwa kwendleko ngemali ebekelwe oko.

**Ukuncipha nokungaqokelelwa kwee-asethi zemali**

Indlu yowiso-mthetho ekupheleni kwethuba ngalinye lokunika ingxelo nokokuba kukho nabuphi na ubungqina obukhoyo bokokuba i-asethi yemali okanye iqela lee-asethi zemali zinciphile.

Ii-asethi zemali ezilinganiswe kwiindleko ezihlawulwa ngemali ebekelwe oko:

Ukuba ngaba, kukho ubungqina obukhoyo bokokuba ilahleko yokuhla kwexabiso lee-asethi zemali ezilinganiswe kwiintlawulo ezenziwe ngemali emiselwe oko kuye kwenzeka, isixa-mali selahleko silinganiswa njengomahluko phakathi kwesixa-mali esithweleyo see-asethi kunye nexabiso elikhoyo lokungena nokuphuma kwemali ezinkozo eziqikelelweyo zexa elizayo (kungabandakanywa iilahleko zetyala zexa elizayo ekungakhange kungenwe kuzo) eyaphulwe kumlinganiselo wenzala osebenzayo wee-asethi zemali zokuqala. Isixa-mali esithwelweyo see-asethi sincitshiswa ngqo OKANYE ngokusetyenziswa kwe-akhawunti ejongene nezibonelelo. Isixa-mali selahleko sichazwa kwindlu yowiso-mthetho nakwintsilelo.

Ukuba, kwixesha elizayo, isixa-mali selahleko enciphileyo sihlile yaye ukuhla kunokunxulunyaniswa nomsitho owenzeke emva kokuba ukuncitshiswa kwamkelwe, ilahleko yangaphambili eyamkelweyo yelahleko enciphileyo ibuyiswa umva ngokulungelelaniswa kwe-akhawunti ejongene nezibonelelo. Ukubuyiselwa umva akukhokeleli kwisixa-mali esithwelweyo se-asethi yemali esithi sizidlule iindleko zentlawulo ngemali ebekelwe oko ukuba beziya kuba njani ukuba ngaba ukuncipha bekungaqatshelwanga ngomhla ukuncipha kubuyiselwa umva. Isixa-mali sokubuyiselwa umva sichazwa kwindlu yowiso-mthetho okanye kwintsilelo.

Apho ii-asethi zemali zincitshiswe ngokusetyenziswa kwe-akhawunti yemali evunyelweyo, isixa-mali selahleko samkelwa kwintsalela egqithisileyo okanye kwintsilelo kwakwiinkcitho zokusebenza. Xa ii-asethi zemali ezinjalo zicinyiwe, ukucinywa kwenziwa kwi-akhawunti yemali ejongene nezibonelelo efanelekileyo. Okufunyenweyo okulandelayo kwezixa-mali ebezicinyiwe ngaphambili zifakwa kwiinkcitho zokusebenza.

Ii-asethi zemali ezilinganiswe kwindleko:

Ukuba ngaba kukho ubungqina obukhoyo bokokuba ilahleko encitshisiweyo ibekho kutyalo-mali kwinzala eshiyekileyo engakhange ilinganiswe kwixabiso elilungileyo kuba ixabiso layo elilungileyo lingenakulinganiswa ngokuthembekileyo, isixa-mali selahleko encitshisiweyo ilinganiswa njengomahluko phakathi kwesixa-mali esithwelweyo se-asethi yemali kunye nexabiso elikhoyo lokungena nokuphuma kwemali eqikelelweyo yexa elizayo enesaphulelo kumlinganiselo okhoyo wemarike yembuyekezo elungiselelwe i-asethi yemali eyeleleneyo. Iilahleko ezincitshisiweyo ezinjalo azibuyiselwa mva.

**Ukutshitshiswa kwee-asethi zemali**

**Ii-asethi zemali**

Indlu yowiso-mthetho izitshitshisile ii-asethi zemali kusetyenziswa ukunikwa kwengxelo-mali yomhla worhwebo.

Indlu yowiso-mthetho iyitshitshisa i-asethi yemali kuphela xa:

- amalungelo esivumelwano sokungena nokuphuma kwemali ezinkozo kwi-asethi yemali ephelelwa, ehlawulwe okanye erhoxisiwe;
- Intlawulo eyenziwa yindlu yowiso-mthetho kwelinye iqela ngokubanzi yayo yonke imingcipheko nokuyinzuzo yobunini be-asethi yemali; okanye
  Indlu yowiso-mthetho, nangona igcine imingcipheko ebonakalayo nokuyinzuzo yobunini be-asethi yemali, igqithisele ulawulo lwe-asethi kwelinye iqela yaye elinye iqela linesakhono sokuthengisa i-asethi iyonke kwiqela lesithathu elinganxulumananga, yaye inakosebenzisa eso sakhono ngokwayo ingakhange idinge ukufaka zithintelo zongezelelweyo kwinkqubo yokuhlawulwa kwee-asethi. Kule meko, indlu yowiso-mthetho:
  - itshitshisa i-asethi; yaye
  - yamkela ngokuzimeleyo nawaphi na amalungelo nezigunyaziso ezenziweyo okanye ezigciniweyo kwintlawulo eyenziweyo.

Izixa-mali ezithwelweyo ze-asethi ehlawuliweyo zabiwa phakathi kwamalungelo okanye izigunyaziso ezigciniweyo nezo zihlawulweyo ngenxa yamaxabiso azo alungileyo ngomhla wentlawulo. Amalungelo nezigunyaziso ezenziweyo zilinganiswa kumaxabiso azo alungileyo ngaloo mhla. Nawuphi na umahluko phakathi kweengcamango ezingatshitshiswanga nezitshitshisiweyo zichazwa kwindlu yowiso-mthetho okanye kwintsilelo ngexa lentlawulo.

Izixa-mali ezithwelweyo ze-asethi ekhutshelweyo zabiwe phakathi kwamalungelo nezigunyaziso ezigciniweyo kunye nezo zihlawulweyo ngenxa yamaxabiso azo alungileyo ngomhla wentlawulo. Amalungelo nezigunyaziso ezenziweyo zilinganiswa kumaxabiso azo alungileyo ngaloo mhla. Nawuphi na umahluko phakathi kweengcamango ezamkelweyo zichazwa kwintsalela egqithisileyo okanye kwintsilelo.

**Amatyala emali**

Indlu yowiso-mthetho iyalisusa ityala lemali (okanye inxalenye yetyala lemali) kwingxelo yayo yobume bemali xa licinywayo — okt. Xa isigunyaziso esichaziweyo kwisivumelwano senziwe, sirhoxisiwe, siphelelwe lixesha okanye kurhoxisiwe ilungelo lesigunyaziso.

Utshintshiselwano phakathi komboleki okhoyo nombolekisi wezixhobo zetyala kunye nemiqathango ebanzi eyahlukemeyo luchazwa njengolwenzekileyo kwityala lemali lakuqala yaye ityala elitsha lemali liyamkelwa. Ngokufanayo, ulungelelwaniso olubanzi lwemiqathango yetyala lemali elikhoyo okanye inxalenye yayo kunikwe

ingxelo ngalo njengolwenziweyo kwityala lemali lokuqala nokwamkela ityala lemali elitsha.

Umahluko phakathi kwesixa-mali esithwelweyo setyala lemali (okanye inxalenye yetyala lemali) esisetyenzisiweyo

okanye esihlawulwe kwelinye iqela yaye ingcamango ihlawulwe, kubandakanywa naziphi na ii-asethi ezingeyiyo imali ezinkozo ezihlawulweyo okanye amatyala aqikelelweyo, zamkelwa yenye indlu yowiso-mthetho kwintsilelo. Nawaphi na amatyala athi arhoxiswe axolelwe okanye athatyathwe yenye indlu yowiso-mthetho ngendlela yentengiselwano ekungatshintshiselwana ngayo abalwa ngokuhambelana noMgangatho weGRAP eyiNgeniso evela kwiiNtengiselwano ezingeloTshintshiselwano (iiRhafu neeNtlawulo ezenziweyo).

## 1.5 Iintlawulo ezamkelweyo ezisemthethweni Indlela eziqapheleka ngayo

Iintlawulo ezamkelweyo ezisemthethweni ziintlawulo ezamkelweyo ezithi zivele emthethweni, kwimithetho exhasayo okanye kwiindlela eziyeleleneyo; yaye zifuna ukuhlawulwa lelinye icandelo ngemali ezinkozo okanye ngenye i-asethi yemali.

Iintlawulo ezamkelweyo ezisemthethweni zibandakanya ingeniso evela kwirhafu yepropati, kwizohlwayo, kwiminikelo nemirhumo ebizwayo ngokwemiqathango yowiso-mthetho.

### Indlela eziqapheleka ngayo

Indlu yowiso-mthetho iziqaphela iintlawulo ezamkelweyo ezisemthethweni ngolu hlobo lulandelayo:

- ukuba intengiselwano yintengiselwano yotshintshiselwano, kusetyenziswa umgaqo-nkqubo ongeNgeniso evela kwintengiselwano yotshintshiselwano;
- ukuba intengiselwano yintengiselwano engelotshintshiselwano, kusetyenziswa umgaqo-nkqubo ongeNgeniso evela kwiintengiselwano ezingelotshintshiselwano (iiRhafu neentlawulo ezenziweyo); okanye
- ukuba intengiselwano yotshintshiselwano ayikho kwinkalo yemigaqo-nkqubo edweliswe ngentla okanye komnye uMgangatho weGRAP, iintlawulo ezamkelweyo ziqatshelwa xa inkcazelo ye-asethi ihlangatyeziwe yaye, kusenokwenzeka ukuba izibonelelo zoqoqosho zexa elizayo okanye inkonzo enokunxulunyaniswa ne-asethi iya kuqukuqelela kwindlu yowiso-mthetho yaye isixa-mali sentengiselwano sinokulinganiswa ngokuthembekileyo.

### Umlinganiselo wokuqala

Indlu yowiso-mthetho izilinganisa kuqala iintlawulo ezamkelweyo ezisemthethweni kwisixa-mali sentengiselwano sazo.

### Umlinganiselo wentlawulo olandelayo

Indlu yowiso-mthetho izilinganisa zonke iintlawulo ezamkelweyo ezisemthethweni emva kolwamkelo lokuqala kusetyenziswa indlela egxila kwiindleko.

Phantsi kwendlela egxila kwiindleko, umlinganiselo wokuqala wentlawulo eyamkelweyo uyatshintshwa emva kolwamkelo lokuqala olubonisa nayiphi na:

- inzala okanye ezinye iirhafu eziye zafumaneka kwintlawulo eyamkelweyo (apho kusebenzayo);
- ilahleko yokuhla kwexabiso lee-asethi; kunye
- nezixa-mali ezitshitshisiweyo.

### Ilahleko yokuhla kwexabiso lee-asethi

Indlu yowiso-mthetho ivavanya ekupheleni kwethuba ngalinye lokunikwa kwengxelo ukuba ingaba kukho ubungqina bokuba intlawulo eyamkelweyo esemthethweni, okanye iqela leentlawulo ezamkelweyo ezisemthethweni zibe zehlile.

Xa sekubonakala ukuba intlawulo eyamkelweyo karhulumente, okanye iqela leentlawulo ezamkelweyo zikarhulumente zinokuncitshiswa, indlu yowiso-mthetho iyilinganisa ilahleko yokuhla kwexabiso lee-asethi njengomahluko ophakathi kokungena nokuphuma kwemali ezinkozo kwexesha elizayo kunye nesixa-mali esithweleyo. Apho isixa-mali singaphezulu kunemali ezinkozo eqikelelwayo yexesha elizayo ephuma ingena, isixa-mali esithweleyo sentlawulo eyamkelweyo esemthethweni, okanye iqela leentlawulo ezamkelweyo ezisemthethweni, siyancitshiswa.

Nayiphi na ilahleko yokuhla kwexabiso lee-asethi ilungiswa ngqo okanye ngokulungiswa kwe-akhawunti ejongene nezibonelelo. Le nkqubo yokulungisa ayikhokeleli ekubeni isixa-mali sentlawulo eyamkelweyo esemthethweni okanye iqela leentlawulo ezamkelweyo ezisemthethweni liyagqithisa kwisixa-mali sentlawulo eyamkelweyo (seentlawulo ezamkelweyo) ebesiya kuba yiyo ukuba ilahleko yokuhla kwexabiso lee-asethi belingakhange liqatshelwe ngomhla okuye kwahlaziywa ngokutsha koku kuhla kwexabiso lee-asethi. Isixa-mali sako nakuphi na ukulungisa siyachazwa kwindlu yowiso-mthetho okanye kwintsilelo.

**Ukutshitshiswa kweentlawulo ezamkelweyo ezisemthethweni**

Indlu yowiso-mthetho itshitshisa intlawulo eyamkelweyo esemthethweni, okanye inxalenye yayo, xa:

- amalungelo aya kwiimali eziphumayo nezingenayo ezisuka kwintlawulo eyamkelweyo ayahlawulwa, aphelelwe lixesha okanye arhoxiswe;
- Intlawulo eyenziwa yindlu yowiso-mthetho kwelinye iqela ngokubanzi yayo yonke imingcipheko nokuyinzuzo yobunini be-asethi yemali; okanye
- Indlu yowiso-mthetho, nangona igcine imingcipheko ebonakalayo nokuyinzuzo yobunini be-asethi yemali, igqithisele ulawulo lwe-asethi kwelinye iqela yaye elinye iqela linesakhono sokuthengisa i-asethi iyonke kwiqela lesithathu elinganxulumananga, yaye inakosebenzisa eso sakhono ngokwayo ingakhange idinge ukufaka zithintelo zongezelelweyo kwinkqubo yokuhlawulwa kwee-asethi. Kule meko, eli ziko:
  - litshitshisa intlawulo eyamkelweyo; yaye
  - lamkela ngokuzimeleyo nawaphi na amalungelo nezigunyaziso ezenziweyo okanye ezigciniweyo kwintlawulo eyenziweyo.

Izixa-mali ezithwelweyo zazo naziphi na iintlawulo ezamkelweyo zikarhulumente zabiwe phakathi kwamalungelo nezigunyaziso ezigciniweyo kunye nezo zihlawulweyo ngenxa yamaxabiso azo alungileyo ngomhla wentlawulo. Eli ziko liqwalasela ukuba ngaba amalungelo nezigunyaziso ezisandula ukwenziwa zikumhlaba woMgangatho weGRAP ngokumalunga neZixhobo zeMali okanye omnye uMgangatho weGRAP. Nawuphi na umahluko phakathi kweengcamango ezingatshitshiswanga nezitshitshisiweyo zichazwa kwindlu yowiso-mthetho okanye kwintsilelo ngexa lentlawulo.

**1.6 Ukuqeshisa**

Ukuqeshisa kuhlelwa njengengqeshiso yemali ukuba ngaba itshintshela komnye yonke imingcipheko nezibonelelo ezihamba nobunini. Ingqeshiso ihlelwa njengengqeshiso esebenzayo ukuba ngaba ayitshintsheli ngokubanzi yonke imingcipheko namabhaso ahamba nobunini.

Xa ingqeshiso ibandakanya imiba yomhlaba nezakhiwo, iziko livavanya uhlelo lwento nganye ngokwahlukeneyo.

**Ingqeshiso yemali - umqeshi**

Ingqeshiso yemali iqatshelwa njengee-asethi namatyala kwingxelo yobume bemali ngezixa-mali ezilingana nexabiso elilungileyo lepropati eqeshiswayo okanye, ukuba ingaphantsi, ixabiso elikhoyo elisezantsi leentlawulo zengqesho. Ityala analo kumqeshisi alibandakanyiwe kwingxelo yobume bemali njengesigunyaziso sengqeshiso yemali.

Umlinganiselo wesaphulelo osetyenzisiweyo ekubaleni ixabiso elikhoyo lezona ntlawulo zengqesho zisezantsi ngumlinganiselo wenzala ochaziweyo kwingqesho.

Iintlawulo zengqesho ezisezantsi ziyahlulwa phakathi komrhumo wemali nokuncitshiswa kwetyala elingekahlawulwa. Umrhumo wemali wabiwa kwisithuba ngasinye kwixesla lengqesho ukulungiselela ukuvelisa umlinganiselo warhoqo ngethuba elithile elimisiweyo kwibhalansi eshiyekileyo yetyala.

Naziphi na iirenti ezijongene nokunokwenzeka njengenkcitho ngethuba elo zenzeka ngalo.

**Iingqeshiso ezisebenzayo - umqeshi**

Iintlawulo zengqesho ezisebenzayo ziqatshelwa njengenkcitho kumgca othe ngqo kwisithuba sengqesho. Umahluko phakathi kwezixa-mali ezichazwe njengenkcitho kunye neentlawulo zesivumelwano zichazwa njenge-asethi okanye njengetyala lengqesho.

Umndilili wesibonelelo senkuthazo ubonwa njengokuncitshishwa kweendleko zerente kwisithuba sengqesho kumgca othe ngqo kwixesha lengqeshiso.

**1.6 Izintlu zeempahla**

Izintlu zeempahla zilinganiswa kuqala kwiindleko ngaphandle kwemeko apho izintlu zeempahla zifunyenwe ngentengiselwano engelotshintshiselwano, ngoko iindleko zikwixabiso elilungileyo ngokomhla wokufunyanwa kweempahla.

Izintlu zeempahla ezilandelayo zilinganiswa kwindleko ephantsi kunye nexabiso elisezantsi elifezekisiweyo.

Izintlu zeempahla zilinganiswa kwiindleko eziphantsi neendleko ezikhoyo zembuyiselo apho zigcinwe khona ukuze;

- zinikezelwe ngaphandle kwemali okanye ngemali ephantsi; okanye
- zisetyenziswe kwinkqubo yokuveliswa kweempahla ekufuneka iziswe ngaphandle kwemali okanye ngemali engephi.

Ixabiso elinokufezekiswa elisezantsi lixabiso lokuthengisa eliqikelelwayo kwithuba lesiqhelo lokusebenza kuthatyathwe kulo iindleko eziqikelelweyo zokuqukumbela kunye neendleko eziqikelelweyo eziyimfuneko ukuqhuba intengiso, utshintshiselwano okanye ukuziswa kweempahla.

Iindleko zembuyiselo ezikhoyo ziindleko indlu yowiso-mthetho ezenzileyo ukufumana i-asethi ngomhla wokunikezelwa kwengxelo.

Indleko yezintlu zeempahla iqulathe zonke iindleko, iindleko zokutshintsha nezinye iindleko ekungenwe ekuziseni izintlu zeempahla kwindawo nakwimeko yangoku.

Indleko yezintlu zeempahla yezinto ekungatshintshiselwana ngazo ngokwesiqhelo neempahla okanye iinkonzo ezivelisiweyo zaze zahlulelwa iiprojektiezithile iyabiwa kusetyenziswa ukutyunjwa okuthe

ngqo kweendleko nganye.

Indleko yezintlu zeempahla yabiwe kusetyenziswa ifomyula yomndilili weendleko ezilinganisiweyo. Le fomyula

yeendleko inye isetyenziselwa zonke izintlu zempahla ezinobume obunye nomsebenzi omnye kwindlu yowiso-mthetho.

Xa izintlu zeempahla zithengiswa, izixa-mali ezithwelweyo zezo zintlu zeempahla ziqatshelwa njengenkcitho kwisithuba apho ingeniso enxulumeneyo isamkelwa. Ukuba akukho ngeniso inxulumeneyo, iindleko zazo ziqatshelwa xa iimpahla zizisiwe, okanye iinkonzo ezinxulumeneyo zenziwe. Isixa-mali sazo naziphi na izintlu zeempahla ezithotyiweyo kwixabiso elifezekisiweyo okanye indleko ezikhoyo zembuyiselo nazo zonke iilahleko kwizintlu zeempahla ziqatshelwa njengenkcitho ngethuba lokuthotywa kwamaxabiso eempahla okanye xa ilahleko isenzeka. Isixa-mali sako nakuphi na ukubuyiselwa umva kwazo naziphi na izintlu zeempahla ezithotywe amaxabiso, ezivela kukwanda kwexabiso elifezekisiweyo okanye iindleko ezikhoyo zembuyiselo, ziqatshelwa njengokuncitshiswa kubungakanani bezintlu zeempahla eziqatshelwe njengenkcitho kweli xesha lokwenzeka kwenkqubo yokubuyisela umva izinto.

### 1.7 Ukutshitshiswa kwee-asethi ezivelisa imali

Ii-asethi ezivelisa imali zezo asethi zilawulwa ngenjongo ephambili yokwenza ushishino olunengeniso. Xa ngaba i-asethi isenza ushishino olunengeniso xa isetyenziswe ngendlela ehambelanayo naleyo yamkelwe njengento karhulumente eyenza inzuzo.

**Indlela yokuqaphela oku**

Xa isixa-mali esithwele i-asethi evelisa imali sigqithisa kwisixa-mali esinokufunyanwa kwakhona, siyatshitshiswa.

Indlu yowiso-mthetho kumhla ngamnye wokunika ingxelo iyahlola ukuba akukho mqondiso wokuba i-asethi evelisa imali ingatshitshiswa. Ukuba nawuphi na umqondiso onjalo ukhona, indlu yowiso-mthetho iqikelela isixamali esinokufunyanwa kwakhona se-asethi.

Akukhathaliseki nokuba kukho umqondiso wotshitshiso lwee-asethi, indlu yowiso-mthetho kwakhona ihlola i-asethi engabambekiyo evelisa imali ngobomi obuluncedo obungaqingqwanga okanye i-asethi engabambekiyo evelisa imali engekafumaneki ukuba isetyenziselwe ukutshitshiswa ngonyaka ngokuthelekisa isixa-mali esithwalayo kunye nesixa-mali esinokufunyanwa.Olu hlolo lotshitshiso lwenziwa ngexesha elinye qho ngonyaka.Ukuba i-asethi engabambekiyo iqatshelwe kwangoko ngexesha lokunikwa kwengxelo yonyaka lowo, nokuba i-asethi engabambekiyo ihlolelwe ukutshitshiswa ngaphambi kokuphela kwethuba langoku lokunika ingxelo.

**Ixabiso kusetyenziso lwee-asethi ezivelisa imali**

Ixabiso kusetyenziso lwe-asethi evelisa imali lixabiso langoku lemali engenayo nephumayo eqikelelelwe ixesha elizayo ekulindeleke ukuba lifumaneke kusetyenziso lwe-asethi oluqhubekayo kwakunye nokulahlwa kwayo ekupheleni kobomi bayo obube luncedo.

Xa iqikelela ixabiso lokusetyenziswa kwe-asethi, indlu yowiso-mthetho iqikelela iimali ezingenayo neziphumayo zexesha elizayo ezinokufumaneka kusetyenziso oluqhubekayo lwe-asethi nasekulahlweni kwayo okokugqibela kwanokuba indlu yowiso-mthetho isebenzisa umlinganiselo wesaphulelo ofanelekileyo kwezo mali ziphumayo nezingenayo zexesha elizayo.

**Umyinge wesaphulelo**

Umyinge wesaphulelo ngumyinge waphambi kwerhafu obonakalisa uhlolo lwemarike lwangoku lwexabiso lexesha lemali, emelwe ngumlinganiselo ongenamngcipheko wangoku wenzala kunye nemingcipheko ekwi-asethi apho uqikelelo lwemali engenayo nephuma lwexesha elizayo lungakhange luhlenga-hlengiswe.

**Ukuqatshelwa nokulinganiswa (kwe-asethi nganye)**

Ukuba isixa-mali esinokufumaneka kwakhona se-asethi eyenza ingeniso singaneno kwisixa-mali saso esisithwalayo, isixa-mali esithweleyo se-asethi sicuthelwa kwisixa-mali esingafumaneka kwakhona. Olu cutho luyilahleko etshitshisiweyo.

Ilahleko etshitshisiweyo iqatshelwa ngoko kwindlu yowiso-mthetho okanye kwintsilelo.

Emva kokuqatshelwa kwelahleko encitshisiweyo, intlawulo yokuthoba ixabiso (izinga locutheko-tyala) le-asethi engenisa imali iyahlenga-hlengiswa kumaxesha ezayo ukwaba isixa-mali esisithwalayo esihlaziyiweyo se-asethi engenisa imali, nganeno kwexabiso eliyintsalela (ukuba likho), ngendlela enobuchule kubomi obushiyekileyo obuluncedo.

**Iiyunithi ezingenisa imali**

Ukuba kukho nawuphi na umqondiso obonisa ukuba i-asethi ingaba itshitshisiwe, isixa-mali esinokufamaneka kwakhona siqikelelwa kwi-asethi nganye. Ukuba akunakwenzeka ukuqikelelwa kwesixa-mali esinokufumaneka kwakhona kwi-asethi nganye, indlu yowiso-mthetho yiyo emisa isixa-mali esinokufumaneka kwakhona seyunithi engenisa imali apho i-asethi iyeyakhona (iyunithi ye-asethi engenisa imali).

Ukuba kukho imarike esebenzayo ekhoyo yesiveliso esiveliswa yi-asethi okanye iqela lee-asethi, loo asethi okanye eloo qela lee-asethi lichongwa njengeyunithi engenisa imali, nkqu nokuba yinxalenye okanye sisonke esi siveliso sisetyenziswe ngaphakathi. Ukuba ingeniso yemali eyenziweyo yiyo nayiphi na i-asethi okanye iyunithi engenisa imali ziyachaphazeleka lixabiso elithunyelwe ngaphakathi, indlu yowiso-mthetho isebenzisa uqikelelo olulolona lwabaphathi kwixabiso lexesha elizayo (kumaxabiso exesha elizayo anokuphumelela) elinokuphunyezwa kwiintengiselwano ezikufutshane kuqikelelo:

- imali engenayo yexesha elizayo isetyenziselwa ukumisela ii-asethi okanye ixabiso losetyenziso lweyunithi engenisa imali; kunye
- Imali ephumayo yexesha elizayo isetyenziselwa ukumisela ixabiso losetyenziso lwazo naziphi na ezinye ii-asethi okanye iiyunithi ezingenisa imali ezichaphazeleke lixabiso elihlawulweyo langaphakathi.

Iiyunithi ezingenisa imali zityunjwa ngokungaguqu-guqukiyo ukusuka kwisithuba sexesha ukuya kwelinye nge-asethi enye okanye iindidi zee-asethi, ngaphandle kokuba utshintsho lwenziwe ngezizathu ezibambekayo.

Isixa-mali esithwelweyo seyunithi engenisa imali simiselwe ngesiseko esihambelana mbo nendlela esimiselwe ngayo isixa-mali esinokufumaneka kwakhona seyunithi engenisa imali.

Ilahleko etshitshisiweyo iyaqatshelwa kwiyunithi engenisa imali ukuba isixa-mali esinokufumaneka kwakhona seyunithi singaphantsi kunesixa-mali esithweleyo seyunithi. Utshitshiso lwabelwe ukuthoba isixa-mali esithwelweyo see-asethi ezingenisa imali kwiyunithi ngokulungeleneyo, ngokusekelwe kwisixa-mali esithwelweyo se-asethi nganye kwiyunithi. Oku kuthotywa kwizixa-mali ezithweleyo kuthathwa njengelahleko etshitshisiweyo kwii-asethi nganye.

Kulwabiwo lwelahleko etshitshisiweyo, indlu yowiso-mthetho ayilithobi ixabiso elithwelweyo lale asethi ingezantsi ngaphezulu kakhulu:

- kweendleko eziphantsi zexabiso elifanelekileyo zayo (ukuba zinokumiselwa);
- its value in use (if determinable); and
- ixabiso losetyenziso lwayo (ukuba inokumiselwa); kunye
- nonothi.

Isixa-mali selahleko etshitshisiweyo ebesinokuthi ngenye indlela sabelwe i-asethi siye sabelwe ngokulungeleneyo nezinye ii-asethi ezingenisa imali zeyunithi.

Apho i-asethi engenzi ngeniso yamali inegalelo kwiyunithi eyenza imali, isahlulo sesixa-mali esithwelweyo saloo asethi engenzi ngeniso yamali siye sabelwe isixa-mali esithwelweyo seyunithi engenisa imali phambi koqikelelo lwesixa-mali esisenokufumaneka seyunithi engenisa imali.

**Ukubuyiselwa umva kwelahleko etshitshisiweyo**

Indlu yowiso-mthetho ivavanya ekupheleni kwethuba ngalinye lokunikwa kwengxelo ukuba ingaba kukho ubungqina obukhoyo na obuthi ilahleko etshitshisiweyo eqatshelwe kumaxesha adlulileyo e-asethi engenisa imali ekusenokuba ayisekho okanye seyancipha. Ukuba nawuphi na umqondiso onje ukho, eli ziko liqikelela isixa-mali esinokufunyanwa kwakhona salo asethi.

Ilahleko etshitshisiweyo eqatshelwe kumaxesha adlulileyo kwi-asethi engenisa imali ibuyiselwa umva ukuba kukho utshintsho kuqikelelo olusetyenziselwe ukumisela izixa-mali ezifumanekayo kwakhona zee-asethi oko ilahleko yokugqibela yaye yaqatshelwa. Isixa-mali esithwelweyo se-asethi siyanyuswa sibe sisixa-mali esinokufumaneka kwakhona. Unyuso kukubuyiselwa umva kwelahleko etshitshisiweyo.Ukunyuswa kwesixa-mali esithwelweyo se-asethi kunokubalelwa ekubuyiselweni umva kwelahleko etshitshisiweyo singadluli kwixabiso elithwelweyo ebelinokumiselwa (inethi yokwehla kwemali nezinga locutheko-tyala) engenalahleko itshitshisiweyo neye yaqatshelwa ye-asethi kumaxesha adlulileyo.

Ukubuyisela umva ilahleko etshitshisiweyo ye-asethi engenisa imali iqatshelwa kwindlu yowiso-mthetho okanye kwintsilelo.

Emva kokuba ukubuyiselwa umva kwilahleko etshitshisiweyo kuqatshelwe, intlawulo yokuthoba ixabiso (izinga locutheko-tyala) le-asethi engenisa imali iyahlenga-hlengiswa kumaxesha ezayo ukwaba isixa-mali esisithwalayo esihlaziyiweyo seasethi engenisa imali, nganeno kwexabiso elishiyekileyo (ukuba likho), kwisiseko sendlela emisiweyo phezu kobomi obushiyekileyo obuluncedo.

Ukubuyiselwa umva kwelahleko etshitshisiweyo yeyunithi engenisa imali yabelwe i-asethi engenisa imali yeyunithi yaze yalungelaniswa nezixa-mali ezithwelweyo zezo asethi. Oku kunyuka kwizixa-mali ezithwelweyo kuthathwa njengokubuyiselwa umva kwelahleko etshitshisiweyo yee-asethi nganye. Akukho nxalenye yesixa-mali sokubuyiselwa umva esinjalo esabelwe inkonzo yegalelo le-asethi engenzi ngeniso yamali kunokwenzeka kwiyunithi engenisa imali.

Kulwabiwo lokubuyiselwa umva kwelahleko etshitshisiweyo yeyunithi engenisa imali, isixa-mali esithwelweyo se-asethi asinyuswa ngaphezu kwesisezantsi:

- isixa-mali saso esinokufunyanwa kwakhona (ukuba sinokumiselwa); nokuba
- isixa-mali esithwelweyo besiya kuba simiselwe (inethi yezinga locutheko-tyala okanye ukwehla kwixabiso) besingenalahleko itshitshisiweyo siyaqatshelwa kwi-asethi kumaxesha adlulileyo.

Isixa-mali sokubuyiselwa umva kwelahleko etshitshisiweyo ebesinokuthi ngenye indlela sabelwe kwi-

asethi siye sabelwe ngokulungeleneyo kwezinye ii-asethi zeyunithi.

**1.8 Ukutshitshiswa kwee-asethi ezingangenisi mali**

Ii-asethi ezingangenisi mali zii-asethi ngokungaphandle kwee-asethi ezingenisa imali.

**Indlela yokuqaphela oku**

Xa isixa-mali esithwele i-asethi evelisa imali sigqithisa kwisixa-mali esinokufunyanwa kwakhona, sitshitshisiwe.

Indlu yowiso-mthetho kumhla ngamnye wengxelo ivavanya ukuba ngaba akukho mqondiso wokuba i-asethi engavelisi mali ingatshitshiswa. Ukuba umqondiso onjalo ukhona, indlu yowiso-mthetho iqikelela isixa-mali esinokufunyanwa kwakhona se-asethi.

Akukhathaliseki nokuba kukho nawuphi na umqondiso wotshitshiso, iziko kwakhona lihlola i-asethi engabambekiyo engavelisi mali ngobomi obuluncedo obungaqingqwanga okanye i-asethi engabambekiyo engavelisi mali engekafumaneki ukuba isetyenziselwe utshitshiso ngonyaka ngokuthelekisa isixa-mali esithwalayo kunye nesixa-mali esinokufunyanwa. Olu hlolo lotshitshiso lwenziwa ngexesha elinye qho ngonyaka. Ukuba i-asethi engabambekiyo iqatshelwe kwangoko ngexesha lokunika ingxelo lonyaka lowo, nokuba i-asethi engabambekiyo ibihloliwe ngokumalunga notshitshiso phambi kokuphela kwethuba lokunika ingxelo yalo nyaka.

**Ixabiso kusetyenziso lwee-asethi**

Ixabiso kusetyenziso lwe-asethi engavelisi mali lixabiso langoku lemali yee-asethi ezingavelisi mali ezisasele  zinako ukuzisa inzuzo kwi-asethi kwixesha elizayo.

Ixabiso langoku lokuba ii-asethi ezisasele zinako ukuzisa inzuzo kwi-asethi kwixesha elizayo lee-asethi ezingangenisi mali liyabonwa kusetyenziswa le ndlela ilandelayo:

**Inkqubo yokubuyisela kwakhona amaxabiso athotyiweyo**

Ixabiso langoku lamandla enkonzo eshiyekileyo e-asethi engenzi mali ibonwa njengendleko yokubuyiselwa kwakhona kokuthotywa kwexabiso le-asethi. Indleko yokubuyiselwa kwakhona kwe-asethi yindleko yamandla enkonzo xa yiyonke ye-asethi. Le ndleko kuthotywa ixabiso layo ukubonisa i-asethi kwimeko yayo xa sele isetyenzisiwe. I-asethi inako ukubuyiselwa kwakhona ngokuveliswa kwakhona (ngokuphinda yenziwe kwakhona) kwe-asethi ekhoyo okanye ngokubuyiselwa kwakhona amandla enkonzo yayo yexabiso eliphezulu. Ukubuyiselwa kwakhona kwexabiso le-asethi ethotywe ixabiso, nokuba yeyiphi na engezantsi kwenye, sele kuthatyathwe kuyo ixabiso elithotyiweyo eliqokeleleneyo elibalwe ngokusekelwe kwindleko ololo hlobo, ukubonisa amandla enkonzo ye-asethi esele isetyenzisiwe okanye esele iphelelwe lixesha.

Indleko yokubuyisela kwakhona nokuveliswa kwakhona kwe-asethi iqatshelwa ngokusekelwe "kwelona xabiso liphezulu". Isizathu soku kukuba indlu yowiso-mthetho ibingenako ukubuyisela okanye ukuvelisa kwakhona i-asethi ngaleyo ifanayo ukuba i-asethi leyo eza kubuyiselwa okanye eza kuveliswa kwakhona yenziwe yakumgangatho okanye yanamandla agqithisileyo. Ii-asethi ezenziwe zakumgangatho ogqithisileyo zii-asethi ezinamandla kakhulu kunokuba kuyimfuneko ukuhlangabezana nemfuno yeempahla okanye iinkonzo ezinikwa yi-asethi. Ukuqatshelwa kwendleko yokubuyisela kwakhona amandla okanye ukuveliswa kwakhona kwe-asethi ngokomgangatho

wexabiso eliphezulu ngaloo ndlela kubonisa amandla enkonzo afunekayo kwi-asethi.

**Ukuqatshelwa nomlinganiselo**

Ukuba isixa-mali esinokufumaneka kwakhona se-asethi engenzi ngeniso singaneno kwisixa-mali saso esisithwalayo, isixa-mali esithweleyo se-asethi sicuthelwa kwisixa-mali esingafumaneka kwakhona. Olu cutho luyilahleko etshitshisiweyo.

Ilahleko etshitshisiweyo iqatshelwa kwangoko kwindlu yowiso-mthetho tsalela okanye kwintsilelo.

Emva kokuqatshelwa kwelahleko etshitshisiweyo, intlawulo yokuthoba ixabiso (izinga locutheko-tyala) le-asethi engenisa imali iyahlenga-hlengiswa kumaxesha ezayo ukwaba isixa-mali esisithwalayo esihlaziyiweyo se-asethi engenisa imali, kuthatyathwe ixabiso elishiyekileyo layo (ukuba likho), ngendlela enobuchule kubomi obushiyekileyo obuluncedo bayo.

**Ukubuyiselwa umva kwelahleko etshitshisiweyo**

Indlu yowiso-mthetho ivavanya ekupheleni kwethuba ngalinye lokunikwa kwengxelo ukuba ingaba kukho ubungqina obukhoyo bokuba ilahleko etshitshisiweyo eqatshelweyo kumaxesha adlulileyo ye-asethi engavelisi mali kusenokuthi akusekho okanye kucuthekile. Ukuba ubungqina obunjalo bukho, indlu yowiso-mthetho iqikelela isixa-mali esinako ukufumaneka kwakhona senkonzo yaloo asethi.

Ilahleko etshitshisiweyo eqatshelwe kumaxesha adlulileyo e-asethi engavelisi mali ukuba kuye kwakho utshintsho kwiingqikelelo ezisetyenzisiweyo ukumisela isixa-mali se-asethi enako ukufunyanwa kwakhona ukususela kwilahleko etshitshisiweyo yokugqibela yaye yaqatshelwa. Isixa-mali esithwalayo sandisiwe ukuya kutsho kwisixa-mali esinokufumaneka kwakhona ukuya kutsho kwisixa-mali esinako ukufumaneka senkonzo. Ukwanda kukubuyiselwa kwakhona kwelahleko.

Indlu yowiso-mthetho kumhla ngamnye wengxelo iyahlola ukuba akukho mqondiso wokuba ilahleko etshitshisiweyo iye yaqatshelwa kumaxesha adlulileyo e-asethi engenisa imali ekusenokuba ayisekho okanye icuthekile.Ukuba umqondiso onje ukho, indlu yowiso-mthetho iqikelela isixa-mali esinokufunyanwa kwakhona se-asethi.

Isixa-mali esithwelweyo esinyukileyo se-asethi ethathwa njengokubuyiselwa kwakhona kwelahleko etshitshisiweyo asigqithi kwisixa-mali esithwalayo ebesinokumiselwa (umlinganiselo omncinane wokuhla kwexabiso le-asethi okanye ucutho-tyala) ukuba bekungakhange kubekho lahleko iqatshelwayo kwi-asethi leyo kumaxesha adlulileyo.

Ukubuyiselwa kwakhona kwelahleko etshitshisiweyo ye-asethi engenzi mali kuqatshelwa ngokukhawuleza kwindlu yowiso-mthetho okanye kwintsilelo.

Emva kokubuyiselwa kwakhona kwelahleko etshitshisiweyo, ukuthotywa kwexabiso lentlawulo (ucutho-tyala) ye-asethi engenzi mali iyalungelelaniswa kumaxesha ezayo ukwenzela ukwabela i-asethi engenzi mali isixa-mali esihlaziywe ngokutsha, kuthatyathwe ixabiso elishiyekileyo (ukuba likho) ngendlela enobuchule kubomi obushiyekileyo obuluncedo bayo.

### 1.9 Izibonelelo zabasebenzi

**Izibonelelo zabasebenzi zethuba elifutshane**

Izibonelelo zabasebenzi zethuba elifutshane zizibonelelo zabasebenzi omsebenzi (ezizezinye

ngaphandle kwezibonelelo zokuyeka emsebenzini) ekufaneleke ukuba zibe ziyahlawulwa kwisithuba seenyanga ezilishumi elinambini emva kokuphela kwethuba apho abasebenzi benza inkonzo enxulumene nazo.

Izibonelelo zabasebenzi zethuba elifutshane zibandakanya izinto ezifana nezi:

- umrholo, imivuzo nemirhumo yokhuseleko lwentlalo;
- ukungabikho emsebenzini okunembuyekezo yethuba elifutshane (okufana nekhefu lonyaka elihlawulwayo kunye nekhefu lokugula elihlawulelwayo) apho imbuyekezo yokungabikho emsebenzini ifaneleke ukuba ibe iyafezekiswa kwisithuba seenyanga ezilishumi elinambini emva kokuphela kwethuba lokunikwa kwengxelo apho abasebenzi benze inkonzo enxulumene neyabasebenzi;
- ibhonasi, inkuthazo neentlawulo ezinxulumene nokusebenza ezihlawulwa kwisithuba seenyanga ezilishumi elinambini emva kokuphela kwesithuba sokunikwa kwengxelo apho abasebenzi benza inkonzo enxulumene noko; kunye
- nezibonelelo ezingeyiyo imali (umzekelo, unonophelo lwempilo, iimpahla zasimhla okanye iinkonzo ezifana nobonelelo ngezindlu, iimoto neeselula) kulungiselela abasebenzi abasengqeshweni.

Xa umsebenzi ebonelela ngenkonzo kwindlu yowiso-mthetho ngethuba lokunika ingxelo, indlu yowiso-mthetho iqaphela isixa-mali esingenasaphulelo sezibonelelo zabasebenzi zethuba elifutshane ezilindeleke ukuba zihlawulwe kutshintshiselwano ngaloo nkonzo:

- njengetyala (inkcitho efunyenweyo), emva kokutsalwa kwaso nasiphi na isixa-mali esele sihlawulwe. Ukuba ngaba isixa-mali esele sihlawulwe siyadlula kwisixa-mali esingenasaphulelo sezibonelelo, indlu yowiso-mthetho iqaphela oko kungaphezulu njenge-asethi (inkcitho ehlawulwe ngaphambili) ukuya kutsho kwinto yokuba intlawulo eyenziwe ngaphambili iya kukhokelela, umzekelo uncitshiso kwiintlawulo zexesha elizayo okanye imbuyiselo yemali; kunye
- njengenkcitho, ngaphandle kokuba omnye uMgangatho ufuna okanye uvumele ukubandakanywa kwezibonelelo kwindleko ye-asethi.

Iindleko ezilindelekileyo zembuyekezo yokungabikho emsebenzini zibonwa njengenkcitho njengoko abasebenzi bebonelela ngeenkonzo ezithi zandise ibango labo okanye, kwimeko yokungabikho okungandiyo, xa ukungabikho emsebenzini kusenzeka. Indlu yowiso-mthetho izilinganisa iindleko ezilindelweyo zembuyekezo yokungabikho emsebenzini okwandayo njengesixa-mali esangezelelweyo ethi indlu yowiso-mthetho ilindele ukusihlawula ngenxa yebango elingasetyenziswanga elithe lakhula landa ngomhla wokunikwa kwengxelo.

Indlu yowiso-mthetho iqaphela iindleko ezilindelweyo zebhonasi, inkuthazo neentlawulo ezinxulumene nomsebenzi xa indlu yowiso-mthetho inesigunyaziso esikhoyo esisemthethweni nesakhayo ukwenza iintlawulo ezinjalo ngenxa yemisitho edlulileyo kunye noqikelelo oluthembekileyo lwesigunyaziso lunako ukwenziwa. Isigunyaziso sikho xa indlu yowiso-mthetho ingena nto iyenye ibambekayo ngaphandle kokwenza iintlawulo.

**Izibonelelo zasemva kwengqesho**

Izibonelelo zasemva kwengqesho zizibonelelo zabasebenzi (ezingaphandle kwezibonelelo zokuqhawula imvumelwano yomsebenzi) ezithi zihlawulwe emva kokuqukunjelwa kwethuba lengqesho.

Izicwangciso zesibonelelo sasemva kwengqesho ngamalungiselelo asesikweni nangekho sesikweni apho indlu yowiso-mthetho inikezela ngezibonelelo zasemva kwengqesho ezilungiselelwe umsebenzi omnye okanye abasebenzi abaninzi.

Izicwangciso zomqeshi ombaxa zizicwangciso zemirhumo ezichaziweyo (ngaphandle kwezicwangciso zikarhulumente neenkqubo ezidibeneyo zokhuseleko lwentlalo) okanye izicwangciso zezibonelelo ezichaziweyo (ngaphandle kwezicwangciso zikarhulumente) ezithi zihlanganise ii-asethi ezihlawulelwe ngamacandelo ahlukeneyo angekho phantsi kolawulo olunye zize zisebenzise ezo asethi ukunika izibonelelo kubasebenzi abakumaziko amaninzi, ngokusekelwe kuloo ntlawulo nakumanqanaba esibonelelo amiselwa kungakhathaliseki nokuba leliphi na iziko eliqeshe abo basebenzi bachaphazelekayo.

**Izibonelelo zasemva kwengqesho: Izicwangciso zezibonelelo ezichaziweyo**

Izicwangciso zezibonelelo ezichaziweyo zizicwangciso zasemva kwengqesho ezingabandakanyi zicwangciso zemirhumo ezichaziweyo.

Iinzuzo neelahleko zoqikelelo lomrhumo zibandakanya ulungelelwaniso lwamava (iziphumo zomahluko phakathi kweengcamango zoqikelelo lomrhumo zangaphambili nokuye kwenzeka ncakasana) kunye neziphumo zeenguqu kwiingqikelelo zomrhumo. Ukulinganisa ityala layo lesibonelelo esichaziweyo indlu yowiso-mthetho iqaphela inzuzo nelahleko yengqikelelo yomrhumo kumncono oshiyekileyo okanye kwintsilelo kwisithuba sokunikwa kwengxelo ethe yenzeka.

Indleko yenzala kukwanda kwithuba elikwixabiso langoku lesigunyaziso lesibonelelo esimiselweyo esivelayo kuba izibonelelo zikufutshane ngethuba elinye ekuhlawulweni zigqitywe.

Iindleko zenkonzo edlulileyo yinguqu kwixabiso langoku lesigunyaziso sesibonelelo esimiselweyo esilungiselelwe inkonzo yabasebenzi omsebenzi kumaxesh adlulileyo, athi akhokelele kwithuba langoku ekuqalisweni, okanye kwiinguqu, kwizibonelelo zasemva kwexesha lengqesho okanye ezinye izibonelelo zexesha elide lomsebenzi. Iindleko zenkonzo edlulileyo zinokuba zezincomekayo (xa izibonelelo zichazwa okanye ziguqulwa ukwenzela ukuba ixabiso langoku lesigunyaziso sesibonelelo esimiselweyo sande) okanye zibe zezingancomekiyo (xa izibonelelo ezikhoyo ziguqulwa ukulungiselela ukuba ixabiso langoku lesigunyaziso sesibonelelo libe liyehla). Ekulinganiseni ityala layo lesibonelelo esichaziweyo iziko lamkele iindleko zenkonzo edlulileyo njengenkcitho kweli thuba kunikwa ingxelo ngalo apho isicwangciso siye silungiswe.

Ii-asethi zesicwangciso zibandakanya ii-asethi ezigcinwe yingxowa-mali yezibonelelo zabasebenzi zexesha elide kunye nemigaqo-nkqubo ye-inshorensi efanelekileyo.

Ixabiso langoku lesigunyaziso sesibonelelo esimiselweyo lixabiso langoku, kungathatyathwanga naziphi na ii-asethi zesicwangciso, zeentlawulo zexesha elizayo ezilindelekileyo ezifunekayo ukuhlawula isigunyaziso esivela kwinkonzo yabasebenzi kumaxesha angoku nakulawo adlulileyo.

Imbuyekezo kwii-asethi zesicwangciso yinzala, izahlulo okanye ulwabiwo oluyeleleneyo kunye nenye ingeniso evela kwisicwangciso see-asethi, kunye nenzuzo okanye ilahleko efezekisiweyo nengafezekiswanga kwii-asethi zesicwangciso, kuthatyathwe naziphi na iindleko zokulawula isicwangciso (ngaphandle kwezo zibandakanywe kwiingqikelelo zoqokelelo lomrhumo ezisetyenzisiweyo ukulinganisa isigunyaziso sesibonelelo esimiselweyo) ukuze kuthatyathwe nayiphi na irhafu ehlawulweyo ngokwesicwangciso ngokwaso.

Isixa-mali esamkelweyo njengetyala lesibonelelo esimiselweyo sisambuku sentsalela sezi zixa-mali zilandelayo:

- ixabiso langoku lesigunyaziso sesibonelelo esichaziweyo ngomhla wokunikwa kwengxelo;
- kuthatyathwe ixabiso elilungileyo kwii-asethi zesicwangciso somhla wokunikwa kwengxelo (ukuba zikho) nalapho kuvela khona izigunyaziso emazihlawulwe ngqo;
- kudityaniswe naliphi na ityala elinokuthi livele ngenxa yeemfuno ezingumlinganiselo

osezantsi wenkxaso-mali

Isixa-mali esimiselweyo njengetyala lesibonelelo elimiselweyo singaba sesingancomekiyo (i-asethi). Indlu yowiso-mthetho ilinganisa i-asethi esisiphumo kwinqanaba elingezantsi:

- lesixa-mali esimiselwe ngasentla; kunye
- nexabiso langoku lazo naziphi na izibonelelo zezoqoqosho ezifumanekayo kwimo yeentlawulo eziyimbuyiselo evela kwisicwangciso okanye kuncitshiso kwiintlawulo zexesha elizayo kwisicwangciso. Ixabiso langoku lezi zibonelelo zoqoqosho limiselwa kusetyenziswa umlinganiselo owaphulelweyo oye ubonise ixabiso lemali ngokuhamba kwexesha.

Naluphi na uhlenga-hlengiso oluvela kulo mlinganiselo ongasentla luqatshelwa kwindlu yowiso-mthetho okanye kwintsilelo.

Indlu yowiso-mthetho imisela ixabiso langoku lezigunyaziso zezibonelelo ezimiselweyo kunye nexabiso elilungileyo lazo nazo naziphi na ii-asethi zezicwangciso ezihamba kunye nomthetho owaneleyo ukulungiselela ukuba izixa-mali eziqatshelweyo kwiingxelo zonyaka zemali azahlukanga kwizixa-mali eziya kumiselwa xa kunikwa ingxelo.

Indlu yowiso-mthetho iqaphela intsilelo xa iyonke yezi zixa-mali zilandelayo kwindlu yowiso-mthetho okanye kwintsilela, ngaphandle kokuba omnye uMgangatho ufuna okanye uvumela ukubandakanywa kwazo kwindleko ye-asethi:

- indleko yenkonzo yangoku;
- indleko yenzala;
- imbuyiselo elindelekileyo kwii-asethi zezicwangciso nakuwo nawaphi na amanye amalungelo embuyiselo-mali;
- iinzuzo neelahleko kuthelekelelo lomrhumo;
- indleko yenkonzo edlulileyo;
- isiphumo sazo naziphi na izithintelo okanye iintlawulo; kunye
- Isiphumo sokusetyenziswa kwesithintelo kwi-asethi yesibonelelo emiselweyo (ityala lesibonelelo esimiselweyo).

Indlu yowiso-mthetho isebenzisa iNdlela yeTyala leYunithi eliQikelelweyo ukumisela ixabiso langoku lezigunyaziso zayo zesibonelelo esichaziweyo kunye nendleko yangoku yenkonzo kunye, apho kuyimfuneko, nendleko yenkonzo edlulileyo. INdlela yeTyala leYunithi eliQikelelweyo (ngamanye amaxesha eyaziwa njengendlela yesibonelelo esongezelelweyo esilinganiswe ngaphambili kwinkonzo okanye njengesibonelelo/indlela yokuqaphela iminyaka yenkonzo enikiweyo) ilibona ithuba ngalinye lenkonzo njengelo livelisa iyunithi eyongezelelweyo yelungelo lesibonelelo kunye nemiqathango ethi iyunithi nganye ngokuzimeleyo yakhe isigunyaziso sokugqibela.

Ekumiseleni ixabiso langoku lezigunyaziso zezibonelelo zalo ezimiselweyo kunye nendleko yenkonzo yangoku enxulumeneyo kunye, apho kufanelekileyo, nendleko yenkonzo edlulileyo, indlu yowiso-mthetho iya kuzibalela izibonelelo kumathuba enkonzo phantsi kwefomyula yesicwangciso sezibonelelo. Nangona kunjalo, ukuba ngaba inkonzo yomsebenzi kwiminyaka yamva iya kukhokelela kwinqanaba eliphezulu lezibonelelo ngaphezulu kweminyaka yangaphambili, indlu yowiso-mthetho iya kusibalela isibonelelo kumgca othe ngqo ukususela:

- kumhla inkonzo yomsebenzi iqalisa ukukhokelela kwizibonelelo phantsi kwesicwangciso (nokokuba izibonelelo zinomqathango okanye azinawo kwinkonzo engaphezulu); de
- kube ngumhla xa inkonzo engaphezulu yomsebenzi iya kukhokhelela kwisixa-mali esingenambuyiselo sezibonelelo ezingaphezulu phantsi kwesicwangciso, ngaphandle kokwandiswa komvuzo ngaphezulu.

Iziphumo zoqikelelo lovavanyo lwexabiso lomrhumo luqhutywa rhoqo ngonyaka ngamagcisa azimeleyo oqikelelo lomrhumo ukulungiselela isicwangciso ngasinye. Iziphumo zoqikelelo lwexabiso

ziyahlaziywa ukulungiselela nayiphi na intengiselwano ebalulekileyo kunye nezinye iinguqu ezibalulekileyo kwiimeko (kubandakanywa neenguqu kumaxabiso emarike kunye nemilinganiselo yenzala) ukuza kuthi ga kumhla wokunikwa kwengxelo.

Indlu yowiso-mthetho iqaphela iinzuzo neelahleko kwizithintelo okanye kwintlawulo yesicwangciso sezibonelelo esimiselweyo isithintelo okanye intlawulo isenzeka. Inzuzo okanye ilahleko kwisithintelo okanye kwintlawulo iqulathe:

- nayiphi na inguqu evelayo kwixabiso langoku lesigunyaziso sesibonelelo esimiselweyo;
- nayiphi na inguqu evelayo kwixabiso elilungileyo lee-asethi zesicwangciso.

Phambi kokumiselwa kwesithintelo okanye yentlawulo, indlu yowiso-mthetho ilinganisa kwakhona isigunyaziso (kunye nee-asethi zesicwangciso ezinxulumene naso, ukuba sikho) isebenzisa iingqikelelo zangoku zoqikelelo lomrhumo (kubandakanywa imilinganiselo yangoku yenzala yemarike namanye amaxabiso akhoyo emarike).

Xa iphantse iqiniseke ukuba elinye iqela liya kuyihlawula inxalenye okanye yonke inkcitho efunekayo ukuhlawula ngokupheleleyo isigunyaziso sezibonelelo esimiselweyo, ilungelo kwintlawulo eyimbuyiselo iqatshelwa njenge-asethi ezimeleyo. I-asethi ilinganiselwa kwixabiso elilungileyo. Kuzo zonke ezinye iindlela, i-asethi ithatyathwa ngendlela enye njengee-asethi zesicwangciso. Kumncono oshiyekileyo okanye intsilelo, inkcitho kwisicwangciso sezibonelelo ezimiselweyo inikezelwe njengentsalela yesixa-mali esiqatshelweyo ukulungiselela imbuyiselo.

Indlu yowiso-mthetho ilinganisa i-asethi enxulumeneyo kwisicwangciso esinye netyala elinxulumene nesinye isicwangciso xa indlu yowiso-mthetho inelungelo elisemthethweni lokunyanzelisa ukusetyenziswa kwendlu yowiso-mthetho kwisicwangciso esinye ukuhlawula izigunyaziso eziphantsi kwesinye isicwangciso yaye igxile nokuba kusekuhlawuleni izigunyaziso ngentsalela, okanye ukufezekisa umncono kwesinye isicwangciso ukuhlawula isigunyaziso sayo esiphantsi kwesinye isicwangciso ngexesha elinye.

**Iingcamango zeengqikelelo zomrhumo**

Iingcamango zeengqikelelo zomrhumo azinamkhethe yaye ziyahambelana kakuhle.

Iingcamango zemali zisekelwe kokulindelweyo kwimarike, ngomhla wokunikwa kwengxelo, ukulungiselela isithuba aphi izigunyaziso kufuneka zihlawulwe.

Umlinganiselo osetyenzisiweyo ukwaphulela izigunyaziso zezibonelelo zasemva kwengqesho (ezixhaswa ngemali nezingaxhaswa ngamali) ubonisa ukuba ixabiso lemali ngokuhamba kwexesha. Imali esetyenziswayo kunye nexesha lesixhobo semali esikhethiweyo ukubonisa ixabiso lemali ngokuhamba kwexesha lokuba liyahambelana nemali yelizwe kunye nexesha eliqikelelweyo lezigunyaziso zezibonelelo zasemva kwengqesho.

Izigunyaziso zezibonelelo zasemva kwengqesho zilinganiswa kwimeko eye ibonise:

- uqikelelo lokunyuka komvuzo kwexa elizayo;
- izibonelelo ezibhalwe ngokwemiqathango yesicwangciso (okanye ezisisiphumo sesigunyaziso esivela kuso nasiphi na isigunyaziso esifanelekileyo esifikelela ngaphaya kwaloo miqathango) ngomhla wokunikwa kwengxelo; kunye
- noqikelelo lweenguqu zexesha elizayo kwinqanaba lazo naziphi na izibonelelo zikarhulumente eziye zichaphazele izibonelelo ezihlawulwa phantsi kwesicwangciso sesibonelelo esimiselweyo, ukuba, yaye kuphela xa, mhlawumbi:
- ezo nguqu bezenziwe umthetho phambi komhla wokunikwa kwengxelo; okanye
- kwimbali edlulileyo, okanye kobunye ubungqina obuthembekileyo, ebonisa into yokuba ezo

zibonelelo zikarhulumente ziya kuguquka ngendlela ebilindelekile, umzekelo, ngokuhambelana neenguqu kumanqanaba amaxabiso ngokubanzi okanye kumanqanaba omvuzo ngokubanzi.

Iingcamango malunga neendleko zonyango zithabathela ingqalelo iinguqu eziqikelelweyo zexesha elizayo kwiindleko zeenkonzo zonyango, okusisiphumo sokuhla kwexabiso lemali kunye neenguqu ezithile kwiindleko zonyango.

**Ezinye izibonelelo zabasebenzi zexesha elide**

Indlu yowiso-mthetho inesigunyaziso sokunikezela ngezibonelelo zemali zenkonzo yexesha elide kubo bonke abasebenzi bayo.

Ityala lendlu yowiso-mthetho lisekwe kuqikelelo lwexabiso lomrhumo. INdlela yeTyala leYunithi eliQikelelweyo isetyenziswa ukunika ixabiso kumatyala. Iinzuzo neelahleko zoqikelelo lomrhumo kumabhaso enkonzo yexesha elide zibonakaliswa kwingxelo zokusebenza kwemali.

Isixa-mali esiqatshelwe njengetyala ukulungiselela izibonelelo ezizezinye zabasebenzi zexesha elide yintsalela yemali iyonke yezi zixa-mali zilandelayo:

- ixabiso langoku lesigunyaziso sesibonelelo esimiselweyo kumhla wokunikwa kwengxelo;
- kuthatyathwe ixabiso elilungileyo ngomhla wokunikwa kwengxelo kwee-asethi zezicwangciso (ukuba zikho) kwezo izigunyaziso kuya kufuneka zihlawulwe ngqo.

Indlu yowiso-mthetho ibonakalisa isambuku sentsalela yezi zixa-mali zilandelayo njengenkcitho okanye ingeniso, ngaphandle kokuba omnye uMgangatho ufuna okanye uvumela ukubandakanywa kwazo kwindleko ye-asethi:

- indleko yenkonzo yangoku;
- indleko yenzala;
- imbuyiselo elindelekileyo nakuziphi na ii-asethi zezicwangciso nakulo naliphi na ilungelo lentlawulo eliqatshelwe njenge-asethi;
- iinzuzo neelahleko zoqikelelo lomrhumo, eya kuqatshelwa yonke ngoko nangoko;
- indleko yenkonzo edlulileyo, eya kuqatshelwa yonke ngoko nangoko; kunye
- nesiphumo sayo nayiphi na imiqathango okanye iintlawulo.

**Izibonelelo zokurhoxa emsebenzini**

Indlu yowiso-mthetho iqaphela izibonelelo zokurhoxa emsebenzini njengetyala nenkcitho xa indlu yowiso-mthetho ibonakala izibophelele mhlawumbi:

- kukurhoxisa ingqesho yomsebenzi okanye iqela labasebenzi phambi komhla wesiqhelo wokuthatha umhlala-phantsi emsebenzini; okanye
- kukunikezela ngezibonelelo zokurhoxa emsebenzini ngenxa yesibonelelo esenziweyo ukukhuthaza ukungafuneki emsebenzini kokuzithandela.

Indlu yowiso-mthetho ibonakalisa ukuzibophelela ekurhoxeni emsebenzini xa indlu yowiso-mthetho inesicwangciso esineenkcukacha esisesikweni ukulungiselela ukurhoxa emsebenzini yaye akukho themba lakurhoxisa isigqibo. Isicwangciso esineenkcukacha sibandakanya [njengomlinganiselo osezantsi]:

- indawo, umsebenzi, nenani elithelekelelweyo labasebenzi abankonzo zabo kufuneka zirhoxiswe;
- izibonelelo zokurhoxiswa ezilungiselelwa uhlelo lwesithuba okanye umsebenzi; kunye
- nexesha ekuya kumiliselwa ngalo isicwangciso

Ukuphunyezwa kwenziwa ngoko nangoko nangoko yaye ixesha lesithuba lokuqukumbela ukuphumeza kwenzeka ngendlela apha ekungasayi kubakho nathemba leenguqu kwisicwangciso.

Apho izibonelelo zokuyeka emsebenzini bezilindelele ukuba zihlawulwe kwisithuba seenyanga ezili-12 emva komhla wokunikwa kwengxelo, ziyafumaneka kusetyenziswa umlinganiselo ofumanekayo ofanelekileyo. Umlinganiselo osetyenziswayo ukwaphulela izibonelelo ubonisa ixabiso lexesha lemali.

Kwimeko apho isithembiso senziweyo ukukhuthaza ukungafuneki ngokuzithandelayo, umlinganiselo wezibonelelo zokurhoxa emsebenzini uya kusekwa kwinani labasebenzi ekulindeleke ukuba bamkele isithembiso.

### 1.10 Ulungiselelo nezehlo ezinokwenzeka

Ulungiselelo luqatshelwa xa:

- indlu yowiso-mthetho inesigunyaziso sangoku ngenxa yesehlo esidlulileyo;
- kuqikelelwa into yokokuba ukuphuma kwezibonelelo okuqulathe izibonelelo zoqoqosho okanye ikhono lenkonzo liya kufuneka ukuhlawula isigunyaziso; yaye
- uqikelelo oluthembekileyo lunokwenziwa kwisigunyaziso.

Isixa-mali solungiselelo luqikelelo olulungileyo lwenkcitho elindeleke ukuba ifuneka ukulungiselela ukuhlawula isigunyaziso esikhoyo ngomhla wokunikwa kwengxelo.

Apho isiphumo sexabiso lemali sifumaneka, isixa-mali solungiselelo lixabiso langoku lenkcitho elindeleke ukuba ifuneke ukuhlawula isigunyaziso.

Umlinganiselo wesaphulelo ngumlinganiselo waphambi kwerhafu othi ubonise iimvavanyo zemarike zangoku zexabiso lemali ngokuhamba kwexesha nemingcipheko ethe ngqo kwityala.

Apho inxalenye okanye yonke inkcitho efunekayo ukuhlawula ulungelelwaniso ilindeleke ukuba ihlawulwe lelinye iqela, intlawulo eyimbuyiselo iyaqwalaselwa ukuba, kuphela xa, kuqinisekisiwe ngento yokuba intlawulo iya kufumaneka ukuba indlu yowiso-mthetho ithe yahlawula isigunyaziso. Intlawulo eyimbuyiselo ithatyathwa njenge-asethi ezimeleyo. Isixa-mali esiqwalaselweyo sentlawulo asigqithi kwisixa-mali solungiselelo.

Ulungiselelo luvavanywe kwakhona ngomhla ngamnye wokunikwa kwengxelo ze walungelelaniswa ukuze kuboniswe uqikelelo olulungileyo. Ulungiselelo lubuyiselwa umva ukuba akukho themba lokuba ukuphuma kwezibonelelo kuqulathe izibonelelo zoqoqosho okanye ikhono lenkonzo liya kufuneka, ukuhlawula isigunyaziso.

Apho ulwaphulelo lusetyenzisiweyo, isixa-mali esithwelweyo solungiselelo siyanda kwisithuba ngasinye ukubonisa ukuhamba kwexesha. Oku kwanda kubonakaliswa njengenkcitho yenzala. Ulungiselelo lusetyenziswa kuphela kwiinkcitho apho ulungiselelo belwamkelwe khona ngaphambili. Ulungiselelo alwamkelelwa ukulungiselela inkcitho yokusebenza yexesha elizayo. Ukuba ngaba indlu yowiso-mthetho inesivumelwano esinzima, isigunyaziso sangoku (intsalela yokufunyenweyo) esiphantsi kwesivumelwano sibonwa yaye silinganiswa njengolungiselelo.

Isigunyaziso esakhayo sokwakha sivela kuphela xa indlu yowiso-mthetho:

- inesicwangciso esicacisiweyo esisesikweni esilungiselelwe ukwakha kwakhona, kuqatshelwa ubuncinane:
  - umsebenzi/iyunithi yokusebenza okanye inxalenye yomsebenzi/yeyunithi yokusebenza echaphazelekayo;
  - iindawo eziphambili ezichaphazelekayo;

- indawo, umsebenzi, nenani elithelekelelweyo labasebenzi abaya kubuyekezwa ngeenkonzo eziye zarhoxiswa;
- iinkcitho eziya kwenziwa; yaye
- ixesha isicwangciso esiya kuphunyezwa ngalo; yaye

- kuphakanyiswe umoya wokulindela ngethemba kwabo bachaphazelekayo okokuba iya kuqhuba ukulungisa ngokutsha ngokuqalisa ukuphumeza eso sicwangciso okanye ukupapasha iimpawu zalo ezingundoqo kwabachaphazeleka zizo.

Ulungiselelo lolwakhiwo ngokutsha lubandakanya kuphela iinkcitho ezithe ngqo ezivela kulwakhiwo ngokutsha, ezizezo ezithi:

- ziqulathwe ngokwakhiwa ngokutsha, kunye
- zinganxulunyaniswanga nemisebenzi eqhubekayo yendlu yowiso-mthetho.

I-asethi yezinto ezinokuthi zenzeke yi-asethi engakho ethi ivele kwizehlo ezidlulileyo nobukho bazo buya kuqinisekiswa kuphela sisenzo okanye kukungenzeki kwesehlo esinye okanye ezininzi zexesha elizayo ekungekho mntu unangqiniseko ngalo ezingekho kulawulo ngokupheleleyo lwendlu yowiso-mthetho.

Ityala lezinto ezinokwenzeka:

- sisigunyaziso esingakho esithi sivele kwizehlo zexesha elidlulileyo yaye ubukho bazo buya kuqinisekiswa kuphela zizenzo okanye ekungenzekini kwesehlo esinye okanye ezininzi zezehlo ekungekho bani unengqiniseko ngazo zexesha elizayo esingekho kulawulo ngokupheleleyo lwendlu yowiso-mthetho; okanye
- sisigunyaziso sangoku esithi sivele kwizehlo zexesha elidlulileyo kodwa asamkelwa kuba:
- akukho themba lokuba ingenzeka into yokuba ukuphuma kwezibonelelo eziqulathe izibonelelo zoqoqosho okanye ikhono lenkonzo eza kufuneka ukuhlawula isigunyaziso;
- sisixa-mali sesigunyaziso esingenako ukulinganiswa ngentembeko ngokwaneleyo.

### 1.11 Ingeniso evela kwiintengiselwano ezitshintshiselanayo

Intengiselwano yotshintshiselwano yenye apho indlu yowiso-mthetho ifumana ii-asethi okanye iinkonzo, okanye inamatyala acinyiweyo, ze inikezele ngqo malunga nexabiso elilinganayo(ncakasana ngokohlobo lweempahla, iinkonzo okanye ukusetyenziswa kwee-asethi) kwelinye iqela ngotshintshiselwano.

**Umlinganiselo**

Ingeniso ilinganiswa kwixabiso elilungileyo lengcamango eyamkelweyo okanye eyamkelekayo, intsalela yezaphulelo zorhwebo kunye nembuyekezo ngokuyinxalenye zomthamo.

**Intengiso yeempahla**

Ingeniso evela kwintengiso yeempahla iqatshelwa xa yonke imiqathango elandelayo iye yazalisekiswa:

- indlu yowiso-mthetho ikhuphele kumthengi imingcipheko ebonakalayo namabhaso obunini beempahla;
- indlu yowiso-mthetho ayigcinanga okanye iqhubeke ngokubandakanyeka kulawulo kwinqanaba elithande ukulingansiwa nobunini yaye ayilugcinanga ulawulo olusebenzayo kwiimpahla ezithengisiweyo;
- isixa-mali sengeniso sinokulinganiswa ngokuthembekileyo;
- kucingwa ukuba izibonelelo zoqoqosho okanye ikhono lenkonzo elinxulunyanisiwa nentengiselwano liya kuqukuqelela kwindlu yowiso-mthetho; yaye
- iindleko ezenziweyo okanye eziza kwenzeka ngokubhekiselele kwintengiselwano zinako ukulinganiswa ngokuthembekileyo.

**Ukunikezelwa kweenkonzo**

Xa isiphumo sentengiselwano sibandakanya ukunikezelwa kweenkonzo sinako ukuqikelelwa ngokuthembekileyo, ingeniso enxulunyaniswa nentengiselwano iqatshelwa ngesalathisi ukuya kwinqanaba lokuqukunjelwa kwentengiselwano kumhla wokunikwa kwengxelo. Isiphumo sentengiselwano sinako ukuqikelelwa ngokuthembekileyo xa yonke le miqathango ilandelayo yanezisiwe:

- isixa-mali sengeniso sinako ukulinganiswa ngokuthembekileyo;
- inokwenzeka into yokokuba izibonelelo zoqoqosho okanye ikhono lenkonzo elinxulunyaniswa nentengiselwano ziya kuqukuqelela kwindlu yowiso-mthetho;
- inqanaba lokuqukunjelwa kwentengiselwano kumhla wokunikwa kwengxelo lingalinganiswa ngokuthembekileyo; yaye
- iindleko ezenziweyo zentengiselwano kunye neendleko zokuqukumbela intengiselwano zinako ukulinganiswa ngokuthembekileyo.

Xa isiphumo sentengiselwano sibandakanya ukunikezelwa kweenkonzo singenako ukuqikelelwa ngokuthembekileyo, ingeniso iqatshelwa kuphela kubungakanani beenkcitho eziqatshelweyo eziye zifumaneke.

Ingeniso yenkonzo iqatshelwa ngokubhekiselela kwinqanaba lokuqukunjelwa kwentengiselwano kumhla wokunikwa kwengxelo. Inqanaba lokugqitywa limiselwa ngeesaveyi zomsebenzi owenziweyo.

**Inzala, imali ehlawulelwa ubunini nezahlulo**

Ingeniso evela kusetyenziso ngabanye becandelo lee-asethi elivelisa inzala, imali ehlawulelwa ubunini nezahlulo okanye unikezelo oluyeleleneyo iqatshelwa xa:

- kucingwa ukuba izibonelelo zoqoqosho okanye ikhono lenkonzo elinxulunyaniswa nentengiselwano liya kuqukuqelela kwindlu yowiso-mthetho; yaye
- isixa-mali sengeniso sinako ukulinganiswa ngokuthembekileyo;

Inzala iqatshelwa, kwindlu yowiso-mthetho okanye kwintsilelo, kusetyenziswa indlela yomlinganiselo wenzala esebenzayo.

**1.12 Ingeniso evela kwiintengiselwano ezingatshintshiselaniyo**

Ingeniso iqulunqwe ngokungena kwesambuku sezibonelelo zoqoqosho okanye ikhono lenkonzo eyamkelweyo nefunyenwe yindlu yowiso-mthetho, emela ukwanda kwee-asethi zentsilelo, ngaphandle kokwanda okunxulumene neminikelo evela kubanini.

Imiqathango kwii-asethi ezikhutshelweyo yimigqaliselo ecacisa ukuba izibonelelo zoqoqosho zexesha elizayo okanye ikhono lenkonzo eliqulathwe kwi-asethi kufuneka zisetyenziswe ngumamkeli njengoko kuchaziwe okanye izibonelelo zoqoqosho zexesha elizayo okanye ikhono lenkonzo kufuneka libuyiselwe kumkhupheli.

Iintengiselwano ekungatshintshiselwani ngazo ziintengiselwano ezingatshintshiselaniyo. Kwintengiselwano engatshintshiselaniyo, indlu yowiso-mthetho inokufumana ixabiso kwenye indlu yowiso-mthetho ingakhange inikezele ngqo malunga nexabiso elilinganayo kutshintshiselwano, okanye inike ixabiso kwenye indlu yowiso-mthetho ibe ingakhange yamkele ngqo malunga nexabiso elilinganayo kutshintshiselwano.

Imiqathango kwii-asethi ezikhutshelweyo zinkcazelo ezithi zinyine okanye zikhokhele injongo

ykukhutshelwa kwe-asethi enokusetyenziselwa kona, kodwa ingazichazi izibonelelo zoqoqosho zexesha elizayo okanye ikhono lenkonzo elidingekayo okokuba libuyiselwe kumkhupheli ukuba ngaba alimiselwa njengoko kuchaziwe.

Imiqathango kwii-asethi ezikhutshelweyo yimiqathango ekwimithetho okanye kummiselo, okanye amalungiselelo abophelelayo, anyanzeliswe kusetyenziso lwe-asethi ekhutshelweyo ngamaziko angaphandle kwindlu yowiso-mthetho enika ingxelo.

Isehlo esirhafelwayo sisehlo athi urhulumente, indlu yowiso-mthetho okanye abanye oogunyaziwe bamisele okokuba siya kuxhomekeka kukurhafelwa.

Iirhafu zizibonelelo zoqoqosho okanye ikhono lenkonzo elihlawulwa ngokunyanzelekileyo okanye ezihlawulwa kumaziko, ngokuhambelana nemithetho okanye imigaqo, emiselwe ukubonelela ngengeniso kurhulumente. Iirhafu azibandakanyi zohlwayo okanye ezinye izohlwayo ezinyanzeliswayo ngokwaphulwa komthetho.

Ukhutshelo ziimali ezingenayo zezibonelelo zoqoqosho zexesha elizayo okanye ikhono lenkonzo ezivela kwiintengiselwano ezingelotshintshiselwano, ngokungaphandle kweerhafu.

**Ulwamkelo**

Ukungena ngaphakathi kwezibonelelo ezivela kwintengiselwano engelotshintshiselwano eqatshelwa njenge-asethi iqatshelwa njengengeniso, ngaphandle kokuba ityala liyaqatshelwa ngokunjalo ngokubhekiselele ekungeneni ngaphakathi okunye.

Njengoko indlu yowiso-mthetho ifezekisa isigunyaziso sangoku esiqatshelwe njengetyala ngokubhekiselele ekungeneni ngaphakathi kwezibonelelo ezisuka kwintengiselwano engelotshintshiselwano eqatshelwe njenge-asethi, ithi inciphise isixa-mali esithwelweyo setyala esiboniweyo yaye siqatshelwa njengesixa-mali sengeniso esilingana nolo ncitshiso.

Ingeniso efunyenwe kwiminikelo ephuma phantsi kwemiqathango ethile, izipho nenkxaso-mali iqatshelwa njengengeniso kwimeko apho iziko lihambelana nazo naziphi na iikhrayitheriya, imiqathango, okanye izigunyaziso eziqulathwe kwimvumelwano. Ngokokude kwenzeke ukuba iikhrayitheriya, imiqathango okanye izigunyaziso azikahlangatyezwa ityala liyaqatshelwa.

**Umlinganiselo**

Ingeniso evela kwintengiselwano engelotshintshiselwano ilinganisa kwisixa-mali sokwanda kwintsalela yee-asethi efunyenweyo yindlu yowiso-mthetho.

Xa, ngenxa yentengiselwano engelotshintshiselwano, indlu yowiso-mthetho iqatshelwa njenge-asethi, ithi ngokunjalo iyiqaphele ingeniso eqikelelweyo kwisixa-mali se-asethi elinganisiweyo kwixabiso elilungileyo layo ngomhla wokufunyanwa, ngaphandle kokuba iyafuneka ukuba yamkele ityala. Apho ityala kufuneka liqatshelwe liya kulinganiswa njengoqikelelo olulungileyo lwesixa-mali esifunekayo ukuhlawula isigunyaziso ngomhla wokunikwa kwengxelo, yaye isixa-mali sokwanda kwii-asethi eziyintsalela, ukuba zikho, saqatshelwa njengengeniso. Xa ityala liye lancitshiswa kamva, kuba isehlo esitsalelwa irhafu senzekile okanye umqathango wanezisiwe, isixa-mali sokunciphisa kwityala siqatshelwa njengengeniso.

**Iingxowa-mali ezabiweyo**

Iingxowa-mali ezabiweyo zibandakanya izabelo zonyaka zendlu yowiso-mthetho ngokunjalo

nemirhumo ethe ngqo ejolise kwingxowa-mali yengeniso (okt. Ulwabiwo-mali olusethemthweni).

Iingxowa-mali ezabiweyo ziqatshelwa kwingxelo yokusebenza kwemali ngomhla oluthe ulwabiwo-mali lwasebenza. Ulungelelwaniso olwenziweyo ngokwemiqathango yolungelelwaniso lwenkqubo yohlahlo lwabiwo-mali luqatshelwa kwingxelo yokusebenza kwemali ngomhla ulungelelwaniso luye lwasebenza ngawo.

Isixa-mali esiyintsalela sazo naziphi na iingxowa-mali ezabiweyo kwingxowa-mali/okanye ezivela kwingxowa-mali yengeniso efanelekileyo ngomhla wokunikwa kwengxelo sibonwa njengentlawulo/njengeyamkelweyo kwingxelo yobume bemali.

**Izipho neminikelo, kubandakanywa neempahla oziphiweyo ungazihlawulelanga**

Izipho neminikelo, kubandakanywa neempahla oziphiweyo ungayihlawulelanga, zibonwa njengempahla nengeniso xa kusenokwenza ukuba izibonelelo zoqoqosho zexa elizayo okanye ikhono lenkonzo eliya kuqukuqelela kwindlu yowiso-mthetho yaye ixabiso elilungileyo leeasethi linakho ukulinganiswa ngokuthembekileyo.

**Iinkonzo ongazihlawulelanga**

Iinkonzo ongazihlawulelanga ziqatshelwe.

Indlu yowiso-mthetho iziqahela iinkonzo ongazihlawulelanga okokuba zibalulekile kwindlela yokusebenza kwazo kunye/okanye iinjongo zokwenziwa kwenkonzo njengee-asethi yaye kuqatshelwa ingeniso enxulumeneyo xa kubonakala ukuba izibonelelo zoqoqosho lwexesha elizayo okanye ikhono lenkonzo liya kuqukuqelela kwindlu yowiso-mthetho yaye ixabiso elilungileyo lee-asethi linako ukulinganisa ngokuthembekileyo.

Apho iinkonzo zingahlawulelwanga azibalulekanga kwimisebenzi yendlu yowiso-mthetho kunye/okanye kwiinjongo zokwenziwa kweenkonzo kunye/okanye azizanelisi iikhrayitheriya ezilungiselelwe ulwamkelo, indlu yowiso-mthetho ibhengeza ubunjani kunye nohlobo lweenkonzo ezamkelweyo ezingahlawulelwanga ngethuba lokunikwa kwengxelo.

**Imali-mboleko yemvumelwano efunyenweyo**

Imali-mboleko yemvumelwano yimali yemboleko enikwa okanye efunyanwa yindlu yowiso-mthetho ngokwemigaqo enganxulumenanga nemarike.

Isahlulo semali mboleko ethi ihlawulwe, nazo naziphi na iintlawulo zenzala, yintengiselwano yotshintshiselwano yaye kunikwe ingxelo ngayo ngokuhambelana noMgangatho weGRAP kwiZixhobo zeMali. Isahlulo semali-mboleko esingahambelani nemarike yentengiselwano engelotshintshiselwano. Isahlulo esingahambelaniyo nemarike semali-mboleko esithe samkelwa njengengeniso engelotshintshiselwano sengeniso esibalwa njengomahluko phakathi kwengeniso efunyenweyo evela kwimali-mboleko, kunye nexabiso elikhoyo lokungena nokuphuma kwemali yemvumelwano yemali-mboleko, eyaphuliweyo kusetyenziswa umlinganiso wenzala onxulumene nemarike.

Ulwamkelo lwengeniso lumiselwa luhlobo lwayo nayiphi na imiqathango ekhoyo kwimvumelwano yemali- mboleko engathi ikhokelele kwityala. Apho kukho ityala ingxelo yokungena nokuphuma kwemali ezinkozo iqaphela ingeniso xa ithe yayaneza imiqathango yemvumelwano yemali-mboleko.

**1.12 Iintlawulo zangaphambili**

Iintlawulo zangaphambili neentlawulo zaphambi kwexesha zibonwa kwingxelo yobume bemali xa indlu yowiso-mthetho iqaphele okanye ihlawula imali ezinkozo. Iintlawulo zangaphambili neentlawulo ezenziwa phambi kwexesha ziyalinganiswa ngaphambili nasemva kwindleko.

### 1.13 Iintlawulo ezikhutshelweyo

Iintlawulo ezikhutshelweyo zibandakanya zonke iintlawulo "ezingelotshintshiselwano" ezenziwe yindlu yowiso-mthetho. Intlawulo iba "yengelotshintshiselwano" xa indlu ingafumani nto ngqo njengembuyiselo yokhutshelo eya kwelinye iqela. Intlawulo ezikhutshelweyo ziboniswa njengenkcitho.

### 1.14 Ukuguqulwa kwemali yamanye amazwe

**Iintengiselwano ngemali yamanye amazwe**

Intengiselwano ngemali yamanye amazwe iyarekhodwa, kulwamkelo lokuqala ngeeRandi, ngokusetyenziswa kwesixa-mali semali yamanye amazwe umlinganiselo wotshintshiselwano phakathi kwemali yelizwe esebenzayo nemali yamanye amazwe kumhla wentengiselwano.

Kumhla ngamnye wokunikwa kwengxelo:

- izinto zemali yamanye amazwe ziyaguqulelwa kusetyenziswa umlinganiselo wokuvala wokuphela kwaloo mini;
- izinto ezingeyiyo imali ezinokuthi zilinganiswe ngokuhambelana nembali yendleko kwimali yamanye amazwe ziguqulelwa kusetyenziswa umlinganiselo wotshintshiselwano ngomhla wentengiselwano; yaye
- izinto ezingeyiyo imali ezithi zilinganiswe kwixabiso elilungileyo kwimali yamanye amazwe ziyaguqulelwa kusetyenziswa imilinganiselo yotshintshiselwano ngomhla xa ixabiso elilungileyo limiselwe.

Iiyantlukwano zotshintshiselwano ezivela kwintlawulo yezinto zemali okanye ngokuguqulelwa kwezinto zemali kwimilinganiselo eyahlukeneyo kwezo ebeziguqulelwe kuzo kuqatshelo lokuqala kwisithuba okanye kwiingxelo zonyaka zemali zangaphambili ziqatshelwa kwindlu yowiso-mthetho okanye kwintsilelo kwisithuba ezithe zavela ngaso.

### 1.15 Amanani othelekiso

Ingcaciso yesithuba esingaphambili sothelekiso ithiwe thaca kwiingxelo zemali zonyaka omiyo. Apho kuyimfuneko amanani abandakanywe kwiingxelo zemali zesithuba sangaphambili ahlelwe ngokutsha ukuqinisekisa into yokuba isakhelo ekuthiwe thaca ingcaciso ngaso siyahambelana nesakhelo seengxelo zemali zonyaka omiyo.

### 1.16 Inkcitho engagunyaziswanga

Inkcitho engagunyaziswanga ithetha:

- inkcitho engaphezulu kuhlahlo lwabiwo-mali olwamkelweyo lwePalamente okanye icandelo elingundoqo elikolo hlahlo lwabiwo-mali; yaye
- nayiphi na inkcitho evela kuhlahlo lwabiwo-mali olwamkelweyo lwePalamente okanye icandelo elingundoqo elikolo hlahlo lwabiwo-mali olulungiselelwe injongo olunganxulumananga nohlahlo lwabiwo-mali olwamkelweyo okanye icandelo elingundoqo, luxhomekeke kwicandelo 72; kunye
- nayiphi na inkcitho yeengxowa-mali zomnikelo ngeenjongo ezingachazwanga kwimvumelwano nomnikeli.

Yonke inkcitho enxulumene nenkcitho engagunyaziswanga iqatshelwa njengenkcitho kwingxelo yokusebenza kwemali kunyaka ekwenziwe ngawo le nkcitho. Inkcitho ihlelwa ngokuhambelana nohlobo lwenkcitho, yayo apho ifunyenweyo khona, ichazwa kamva njengengeniso kwingxelo yokusebenza kwemali.

### 1.17 INkcitho egqithisileyo nengenanzuzo

Inkcitho engenanzuzo ithetha inkcitho eyenzelwe ilize ebinako ukuthintelwa ukuba ngaba bekuthatyathwe inkathalo efanelekileyo.

Yonke inkcitho enxulumene nenkcitho egqithisileyo nengenanzuzo iqatshelwa njengenkcitho kwingxelo yomsebenzi wemali kunyaka ethe inkcitho yenziwa ngawo. Inkcitho ihlelwa ngokuhambelana nohlobo lwenkcitho, yaye xa ithe yafunyanwa, kunikwa ingxelo kamva njengengeniso kwingxelo yokusebenza kwemali.

### 1.18 Inkcitho engekho mgaqweni

UMthetho woLawulo lweMali yePalamente neyeZindlu zoWiso-mthetho zePhondo, ka-2009 uMthetho onguNombolo 10 ka-2009 uyichaza inkcitho engekho mgaqweni njengenkcitho, ngaphandle kwenkcitho engagunyaziswanga, eyenziwe kusaphulwa, okanye leyo ingahambelaniyo, neemfuno zawo nawuphi na umthetho kubandakanywa -

(a) lo Mthetho; okanye
(b) nawuphi na umthetho wephondo obonelela ngeenkqubo zokuthengwa kweempahla kuloo rhulumente wephondo.

Yonke inkcitho enxulumene nenkcitho engekho mgaqweni iqatshelwa njengenkcitho kwingxelo yokusebenza kwemali kunyaka ethe inkcitho yenziwa. Inkcitho ihlelwa ngokuhambelana nohlobo lwenkcitho, yaye apho ithe yabuyiselwa kwakhona, kunikwa ingxelo ngayo kamva njengengeniso kwingxelo yokusebenza kwemali.

### 1.19 Umncono owandileyo

Umncono owandileyo umele umahluko wentsalela phakathi kwesambuku see-asethi kunye nesambuku samatyala ecandelo. Nawuphi na umncono neentsilelo ezenziweyo kunyaka-mali othile ziidityaniswa/zithatyathwa kumncono/kwintsilelo eyandisiweyo. Ulungelelwaniso lonyaka ongaphambili, olunxulumene nengeniso nenkcitho, ludityaniswe/luthatyathwe kumncono owandileyo xa ulungelelwaniso olwenzeke kamva lwenziwe.

### 1.20 Iimbophelelo

Iimbophelelo zirekhodwa kwiindleko kumanqaku akwiingxelo zemali xa kukho ulungiselelo lwemvumelwano okanye ulwamkelo ngabalawuli ngendlela apha ethi ibangele ukulindela okufanelekileyo kokokuba indlu yowiso-mthetho iya kwenza uxanduva lwayo ngalo yokwenza inkcitho yexesha elizayo eya kuba nesiphumo sokuphuma kwemali ezinkozo.

### 1.21 Iminikelo yoncedo

Indlu yowiso-mthetho ikhuphele imali kubantu, imibutho namanye amacandelo karhulumente kumathuba ngamathuba. Xa isenza olu khuphelo, indlu yowiso-mthetho:

- ayifumani zimpahla okanye iinkonzo ezithe ngqo kuyo kwimbuyiselo, njengoko bekunokulindeleka kwintengiselwano yentengo okanye intengiso;

- ayilindelanga kuhlawulwa kwixesha elizayo; okanye
- ayilindele kufumana mbuyiselo yemali, njengoko bekuya kulindelwa kutyalo-mali.

Olu khutshelo lubonakaliswa kwingxelo yokusebenza kwemali njengeendleko kwithuba elo ekwaye kwakho umsitho obangele ukuba kwenziwe ukhutshelo.

## 1.22 Uthelekiso lohlahlo lwabiwo-mali

Ingxelo yokusebenza kwemali ikwimeko yokongezeleleka, ngeli thuba uhlahlo lwabiwo-mali luyimali ezinkozo. Ngoko ke izixa-mali ezizizo ngokweengxelo zemali zilungelelwanisiwe ukulungiselela ukuthelekiswa kuhlahlo lwabiwo-mali kwimeko yemali ezinkozo.

Uhlahlo lwabiwo-mali olwamkelweyo lubandakanya ithuba lokusebenza kwemali ukusuka ku-2017/04/01 ukuya ku-2018/03/31.

Iingxelo zonyaka-mali nohlahlo lwabiwo-mali asizinto zinye ngokocwangciso-zincwadi ngoko ke ulungelelwaniso phakathi kwengxelo yokusebenza kwemali nohlahlo lwabiwo-mali lubandakanyiwe kwiingxelo zonyaka zemali.

## 1.23 Amaqela anxulumeneyo

Iqela elinxulumeneyo ngumntu okanye iziko elinekhono lokulawula okanye ukulawula ngokuhlangeneyo elinye iqela, okanye libe nempembelelo ebonakalayo kwelinye iqela, okanye ngokuphendulelekileyo, okanye iziko elithi lixhomekeke kulawulo olunye okanye kulawulo oluhlangeneyo.

Abalawuli ngabo bantu banoxanduva lokucwangcisa, ukukhokela nokulawula imisebenzi yendlu yowiso-mthetho, kubandakanywa nabo banomsebenzi wolawulo lwendlu yowiso-mthetho ngokuhambelana nomthetho, kwiimeko apho kufuneka baqhube imisebenzi enjalo.

Amalungu osapho asondeleyo omntu athatyathwa njengaloo malungu osapho anokulindeleka ukuba abe nempembelelo, okanye baphenjelelwe, ngabo balawuli ekusingatheni kwabo imiba ebhekiselele kwindlu yowiso-mthetho.

Ziintengiselwano kuphela namaqela anxulumeneyo ezingenakubekelwa kude okanye lawo angaqhubi lushishino luqhelekileyo eziye zibhengezwe.

## 1.24 Imisitho emva komhla wokunikwa kwengxelo

Imisitho emva komhla wokunikwa kwengxelo yiloo misitho, efanelekileyo nengafanelekanga, eye yenzeke phakathi komhla wokunikwa kwengxelo nomhla xa iingxelo zemali zigunyaziswe ukuba mazikhutshwe. Iindidi ezimbini zemisitho enokuchongwa:

- yileyo iye inike ubungqina bemiqathango eye yakho ngomhla wokunikwa kwengxelo (imisitho yolungelelwaniso emva komhla wokunikwa kwengxelo); kunye
- naleyo iye ibonise imiqathango eye yavela emva komhla wokunikwa kwengxelo (imisitho engayoyalungelelwaniso emva komhla wokunikwa kwengxelo).

Indlu yowiso-mthetho iya kulungelelanisa isixa-mali esibonakaliswe kwiingxelo zemali ukubonisa imisitho elungelelanisiweyo emva komhla wokunikwa kwengxelo emva kokuba umsitho wenzekile.

Indlu yowiso-mthetho ibhengeza uhlobo lomsitho ize iqikelele ifuthe lemali okanye ingxelo

yokokuba uqikelelo olunjalo alunakuze lwenziwe ngokubhekiselele kuyo yonke imisitho engalungelelaniswanga, apho ukungabhengezwa kunganempembelelo kwizigqibo zoqoqosho zomsebenzisi ezithatyathwe ngokusekwe kwiingxelo zemali.

## 1. Imigangatho emitsha neenguqulelo

### 1.1 Imigangatho neenguqulelo ezikhutshiweyo, kodwa ezingekamiliselwa

Indlu yowiso-mthetho ayikayisebenzisi le migangatho neenguqulelo ezilandelayo, eziye zapapashwa yaye zinyanzelekile kumathuba ocwangciso-mali endlu yowiso-mthetho phambi okanye emva kowoku-01 kuTshazimpuzi 2018 okanye kumathuba asemva koko:

**IGRAP 18: UkuNikwa kweNgxelo ngokwamaCandelo**

Amacandelo achongwa ngendlela apho ingcaciso inikwa abalawuli, ngeenjongo zokuvavanya umsebenzi nokwenziwa kwezigqibo ngendlela yolwabiwo lwezibonelelo zexesha elizayo kwimisebenzi eyahlukeneyo eyenziwa yindlu yowiso-mthetho. Ukucazululwa okubalulekileyo kwemisebenzi echaziweyo kumaxwebhu ohlahlo lwabiwo-mali kuya kubonisa ngokwesiqhelo amacandelo elithi iziko linike ingcaciso eziingxelo kubalawuli.

Ingcaciso yecandelo ithiwa thaca isekwe kwinkonzo okanye kumacandelo eendawo. Amacandelo enkonzo abhekiselele kwicandelo elinokwahlulwa elithi linikezele ngeziphumo ezithe ngqo okanye lifezekise iinjongo ezithile zokusebenza ezithi zihambelane nomnqophiso ngokubanzi wendlu yowiso-mthetho. Amacandelo endawo abhekiselele kwiziphumo ezithe ngqo ezivelisiweyo, okanye kwiinjongo ezithile ezifezekisiweyo, liziko kwingingqi ethile.

Lo Mgangatho wamkelwe yiBhodi kodwa umhla wawo womiliselo awukamiselwa nguMphathiswa wezeMali. Umhla womiliselo obonisiweyo ngumhla wobambiso yaye unokuguqulwa kuxhonyekekwe kwisigqibo soMphathiswa wezeMali.

Umhla womiliselo lomgangatho wenzelwe iminyaka eqala okanye esemva kowoku-01 kuTshazimpuzi 2019.

Indlu yowiso-mthetho ilindele ukwamkela umgangatho okokuqala nje ukuba uqalise ukusebenza.

Amandla alo mgangatho ayavavanywa ngoku.

**IGRAP 20: Amaqela anxulumeneyo**

Injongo yalo mgangatho kukuqinisekisa ukuba iingxelo zonyaka zemali zeziko elinikezela ngengxelo ziqulathe izibhengezo eziyimfuneko ukutsala ingqalelo kokunokwenzeka ukuba ubume bemali balo nomncono oshiyekileyo okanye intsilelo inganako ukuba ibe ichatshazelwe bubukho bamaqela anxulumeneyo nangeentengiselwano nemincono engahlawulwanga kumaqela anjalo.

Indlu yowiso-mthetho iqulunqa ize ithi thaca iingxelo zemali phantsi kwesimo sokongezelelwa kokunikwa kwengxelo (kulo mgangatho kubhekiselelwe kuwo njengeziko elinika ingxelo) iya kusebenzisa lo mgangatho:

- ekuchongeni ubudlelane beqela elinxulumeneyo neentengiselwano;
- ekuchongeni imincono engahlawulwanga, kubandakanywa iimbophelelo, phakathi kwiziko namaqela anxulumene nalo;
- ekuchongeni iimeko apho izibhengezo zezinto eziku-(a) naku-(b) zifunekayo; kunye
- nokumisela ukuba izibhengezo mazenziwe ngezo zinto.

Lo mgangatho ufuna isibhengezo sobudlelane beqela elinxulumeneyo, iintengiselwano nemincono engahlawulwanga kubandakanywa iimbophelelo, kwiingxelo zemali ezidibeneyo nezahluliweyo zeziko elinika ingxelo ngokuhambelana noMgangatho weGRAP ngeeNgxelo zeMali eziDibeneyo neZahluliweyo. Lo mgangatho usetyenziswa kananjalo kwiingxelo zemali zonyaka nganye.

Izibhengezo zeentengiselwano zeqela elinxulumeneyo, imincono engahlawulwanga, kubandakanywa iimbophelelo, nobudlelane namaqela anxulumeneyo kunokuchaphazela iimvavanyo zomsebenzi wobume bemali nomsebenzi wecandelo elinika ingxelo nekhono lalo ekwenzeni iinkonzo ekuvunyelwene ngazo, kubandakanywa iimvavanyo zemingcipheko namathuba ajamelene neziko. Olu bhengezo luqinisekisa ngokunjalo ukuba icandelo elinika ingxelo lisekuhleni ngokumalunga nendlela yokusebenza kwalo namanye amaqela anxulumene nalo.

Lo mgangatho uchaza ukuba iqela elinxulumeneyo ngumntu okanye licandelo elinekhono lokulawula okanye ukulawula ngokuhlangeneyo nelinye iqela, okanye ukusebenzisa impembelelo enkulu kwelinye iqela, okanye ngokuphendulelekileyo, okanye iziko elixhomekeke kulawulo olunye, okanye kulawulo oluhlangeneyo. Njengomlinganiselo omncinane, la alandelayo athatyathwa njengamaqela anxulumeneyo eziko elinika ingxelo:

- Umntu okanye ilungu losapho elisondeleyo lwaloo mntu onxulumene nelo ziko linika ingxelo ukuba ngaba loo mntu:
  - unolawulo okanye unolawulo oluhlangeneyo kwiziko elinika ingxelo;
  - unempembelelo enkulu kwiziko elinika ingxelo;
  - ulilungu lolawulo leziko okanye leziko lalo elilawulayo.
- Iziko linxulumene neziko elinika ingxelo ukuba nawuphi na omnye wemiqathango elandelayo uyasebenza:
  - iziko lilungu leziko loqoqosho elinye (oko kuthetha ukuba iziko ngalinye elilawulayo, iziko elilawulwayo kunye nelinye iziko elilawulwayo, linxulumene namanye);
  - iziko elinye linobudlelane okanye linentsebenziswano ehlangeneyo nelinye iziko (okanye libambisene okanye lilungu elinentsebenziswano neziko loqoqosho apho elinye iqela lililungu);
  - omabini amaziko ayasebenzisana neqela lesithathu;
  - iziko elinye linentsebenziswano ehlangeneyo neziko lesithathu yaye elinye iziko linobudlelane neziko lesithathu;
  - iziko likwisicwangciso sesibonelelo sasemva kwengqesho ukulungiselela izibonelelo zabasebenzi beziko okanye iziko elinxulumene nalo; ukuba ngaba iziko elinika ingxelo likweso sicwangciso ngokwalo, umqeshi onikezela umnikelo unxulumene neziko;
  - iziko elilawulwa okanye lilawulwa ngokuhlangeneyo ngumntu ochongwe ku- (a); kunye
  - nomntu ochongwe ku-(a)(i) unempembelelo enkulu kwiziko elinjalo okanye ulilungu labalawuli belo ziko (okanye iziko elilawulayo lalo).

Umgangatho ngaphezulu uchaza into yokuba intengiselwano yeqela elinxulumeneyo kukukhutshelwa kwezibonelelo, iinkonzo okanye izigunyaziso phakathi kwecandelo elinika ingxelo neqela elinxulumene nalo, nokokuba ixabiso libiziwe.

Umgangatho uchaza ngokubanzi ngeenkcazelo nokuchongwa:

- kwelungu losapho lomntu osondeleyo;
- kwaBalawuli;
- kwamaqela anxulumeneyo;
- komvuzo, kunye
- nempembelelo ebonakalayo

Umgangatho ubhala phantsi iimfuno, phakathi kwezinye, ukulungiselela ubhengezo:

- Lolawulo;
- Lwentengiselwano zamaqela anxulumeneyo; kunye

- nemivuzo yaBalawuli

Ziintengiselwano kuphela ezinamaqela anxulumeneyo apho iintengiselwano zingaqukunjelwa ngeenkqubo zokusebenza eziqhelekileyo okanye ngemiqathango engancomekiyo kunemiqathango ebezinokuyisebenzisa ukuqukumbela iintengiselwano nelinye iziko okanye umntu ezithi zibhengezwe.

Umgangatho ufuna ukuba umvuzo wabalawuli mawubhengezwe ngomntu ngamnye

nangomndilili.

Umhla wokusebenza komgangatho kwiminyaka eqala phambi okanye emva kowoku-01 kuTshazimpuzi 2019.

Indlu yowiso-mthetho ilindele ukwamkela umgangatho okokuqala nje ukuba usebenze, kodwa sele iqulunqe umgaqo-nkqubo wokunikwa kwengxelo ukulungiselela eli thuba lokunikwa kwengxelo esekelwe kumgangatho.

Akulindelekanga ukuba umgangatho mawuchaphazele ngokubonakalayo iingxelo zemali zonyaka.

**IGRAP 32: AmaLungiselelo eMvume yeNkonzo: uMnikeli**

Umgangatho usebenza kumalungiselelo emvumelwano phakathi komnikeli nomsebenzi apho umsebenzisi esebenzisa i-asethi yenkonzo evunyelweyo ukunikezela ngomsebenzi ogunyazisiweyo egameni lomnikeli kulungiselelwa ixesha elithile elichaziweyo. Umsebenzisi onikezela ngomsebenzi ogunyazisiweyo egameni lomnikeli unako ukuba liqela labucala okanye elinye icandelo likarhulumente. Umgangatho usebenza kumnikeli kuphela. Iimvumelwano zePPP ezithi zilawulwe ngokwemiqathango yePFMA kunye neMFMA, ngamanye amalungiselelo awa phantsi komsebenzi weGRAP 32.

Nakwawaphi na amanye amalungiselelo athi afezekise iikhrayitheriya zolawulo njengoko abhaliweyo kumhlathi .07 weGRAP 32 imithetho-siseko kumgangatho ekunikweni kwengxelo yaloo malungiselelo anjalo iya kusebenza.
Umhla wokusebenza komgangatho kwiminyaka eqala phambi okanye emva kowoku-01 kuTshazimpuzi 2019.

I-asethi enikezelwe ngumsebenzisi, okanye uhlaziyo kwi-asethi esele ikho, iqatshelwa njenge-asethi evunyelweyo enetyala ehamba nalo, elisisigunyaziso somsebenzi, ukuba ngaba iikhrayitheriya nemiqathago iyahlangatyezwa.

Indlu yowiso-mthetho ilindele ukwamkelwa komgangatho okokuqala xa uthe waqalisa ukusebenza.

Akulindelekanga ukuba umgangatho uya kuba negalelo elibonakalayo kwiingxelo zemali zonyaka.

**IGRAP 108: Ezamkelweyo eziseMthethweni**

IGRAP 108 ijongana kuphela nezo zamkelweyo ezivela emthethweni okanye iindlela eziyelelene nazo, ezifana nemimiselo, imithetho kamasipala okanye amanye amaxwebhu akhutshwe ngokwemiqathango yomthetho, efana nemiyalelo yomphathiswa nekhabhinethi okanye izigqibo zebhuga likamasipala.

Ngoko ke ukulungiselela ukuba ibe semthethweni ngendalo umthetho othe ngqo ufuna ukuba iziko

liqalise iintengiselwano, ezifana nezo zichaza ukuba ngubani na ekufuneka ethwele uxanduva lwerhafu yaye kuwuphi umlinganiselo nezixa-mali.

Ezamkelweyo ezisemthethweni asizizo ezamkelweyo zemvumelwano, ezokugqibela zezi bezinokufezekisa inkcazelo ye-asethi yemali yaye ziya kuba kummandla woMgangatho weGRAP ongeZixhobo zeMali. Ezamkelweyo ezisemthethweni akungenwa nje kuzo ngokuzithandela njengezamkelweyo zemvumelwano kuba zivela ngenxa yeemfuno ezithile zomthetho.

Ezamkelweyo ezisemthethweni ziyalinganiswa kuqala kwisixa-mali sazo sentengiselwano ze kamva kusetyenziswe imethodi yeendleko.

Phantsi kwemethodi yeendleko, umlinganiselo wokuqala wezamkelweyo uyaguqulwa emva kolwamkelo lokuqala ukubonisa nayiphi na:

- inzala okanye ezinye iirhafu othe wazivelisa kwezamkelweyo (apho kuyimfuneko);
- iilahleko ezitshitshisiweyo; kunye
- nezixa-mali ezingamkelwanga.

Umhla wokusebenza komgangatho kwiminyaka eqala phambi okanye emva kowoku-01 kuTshazimpuzi 2019.

Indlu yowiso-mthetho ilindele ukwamkela umgangatho wokuba xa uthe waqalisa ukusebenza, kodwa sele uqulunqiwe umgaqo-nkqubo wocwangciso-zincwadi olungiselelwe eli thuba lokunikezelwa kwengxelo ngokusekelwe kumgangatho.

Impembelelo yalo mgangatho isavavanywa okwakalokunje.

**IGRAP 17: AmaLungiselelo eMvume yeNkonzo apha uMnikeli eLawula iNtsalela ebonakalayo yeNzala kwi-Asethi**

Le nkcazelo inika isikhokelo kumnikeli apho kuthe kwangenwa kulungiselelo lwemvume yenkonzo, kodwa ulawulo kuphela, kusetyenziswa ubunini, ilungelo lokuxhamla okanye elinye, intsalela ebonakalayo yenzala kwimvume yenkonzo ye-asethi ekupheleni kolungiselelo, apho ulungiselelo lungakhokeleli kwingqeshiso.

Ulungiselelo lwemvume yenkonzo lulungiselelo lwemvumelwano phakathi komnikeli nomsebenzisi apho umsebenzisi asebenzisa i-asethi yemvume yenkonzo ukunikezela umsebenzi wesigunyaziso egameni lomnikeli kwisithuba sexesha elixeliweyo. Umsebenzisi uyabuyekezwa ngeenkonzo zakhe kwisithuba solungiselelo lwemvume yenkonzo, mhlawumbi ngeentlawulo, okanye ngokufumana ilungelo lokwamkela ingeniso evela kubasebenzisi beqela lesithathu be-asethi yemvume yenkonzo, okanye umsebenzisi unikwa ilungelo kwenye i-asethi evelisa ingeniso yomnikeli ukuba ayisebenzise.

Phambi kokuba umnikeli anganako ukwamkela i-asethi yemvume yenkonzo ngokuhambelana noMgangatho weGRAP ongeNkonzo. AmaLungiselelo eMvume: UMnikeli, iikhrayitheriya njengoko ziqatshelweyo kumhlathi .01 wale ngcaciso kufuneka ufezekiswe. Kwamanye amalungiselelo emvume yenkonzo, umnikeli ulawula kuphela intsalela yenzala kwi-asethi yemvume yenkonzo ekupheleni kolungiselelo, yaye unako ngoko ukungayamkeli i-asethi yemvume yenkonzo ngokwemiqathango yoMgangatho weGRAP engamaLungiselelo eMvume yeNkonzo: UMnikeli. Inkcazelo equkunjelwe kulwamkelo lwesigunyaziso somsebenzi nelungelo lokufumana inzala ebonakalayo kwi-asethi yemvume yenkonzo.

Le ngcaciso iqukumbela ngokuqatshelwa kwesigunyaziso sokusebenza nelungelo lokwamkela inzala ebonakalayo kwi-asethi yemvumelwano yenkonzo.

Umhla wokusebenza kwale ngcaciso awukamiselwa nguMphathiswa wezeMali.

Indlu yowiso-mthetho ilindele ukwamkela ingcaciso okokuqala nje ukuba iqalise ukusebenza.

Akulindelekanga ukuba umgangatho mawuchaphazele ngokubonakalayo iingxelo zemali zonyaka.

**UCwangciso-ncwadi ngaBalawuli neeArhente**

Injongo yalo mgangatho kukuchaza imithetho-siseko ekufuneka isetyenziswe liziko ukuvavanya ukuba ngaba linobudlelane nolungiselelo lomlawuli ne-arhente, yaye ingaba ngumlawuli okanye yi-arhente eqalisa iintengiselwano ngokwemiqathango yamalungiselelo anjalo.

Umgangatho awuzisi kuqatshelwa kutsha okanye iimfuno zomlinganiselo ukulungiselela ingeniso, iindleko, ii-asethi kunye/okanye amatyala akhokelela kumalungiselelo omlawuli ne-arhente. Umgangatho unika noko kunjalo isikhokelo sokuba ingaba ingeniso, iindleko, ii-asethi kunye/okanye amatyala makaqatshelwe yi-arhente okanye ngumlawuli, kwakunye nokumisela ukuba yiyiphi ingcaciso emayibhengeziwe xa iziko ililo elingumlawuli okanye i-arhente.

Umhla wokusebenza komgangatho kwiminyaka eqala phambi okanye emva kowoku-01 kuTshazimpuzi 2019.

Indlu yowiso-mthetho ilindele ukwamkela umgangatho okokuqala nje ukuba uqalise ukusebenza.

**UMyalelo 12: UkuKhethwa kwesiCwangciso-nkqubo esiFanelekileyo sokuNikwa kweNgxelo ngamaSebe kaRhulumente**

Ngokwembali, amasebe karhulumente alungisa iingxelo zemali ngokuhambelana nendlela ngokubanzi eyamkelweyo yocwangciso-zincwadi, ngaphandle kokuba iBhodi yeMigangatho yoCwangciso-zincwadi (iBhodi) ikwamkele ukusetyenziswa ngokubanzi kwenkqubo yocwangciso-zimali yelo ziko. “Indlela ngokubanzi eyamkelweyo yocwangciso-ncwadi” ethatyathwa njengethetha iiNgxelo zeNdlela eYamkelekileyo ngokuBanzi yoCwangciso-zincwadi (iiNgxelo zeGAAP), okanye ezilungiselelwe amaziko athile, iMigangatho yokuNikwa kweNgxelo yeMali yeHlabathi (ii-IFRS) ezikhutshwe yiBhodi yeMigangatho yoCwangciso-zincwadi yeHlabathi. Njengoko iiNgxelo zeGAAP zirhoxisiwe ukususela kumhla woku-1 kweyoMnga 2012, amasebe karhulumente kuya kufuneka asebenzise esinye isicwangciso-nkqubo sokunikwa kwengxelo kwixesha elizayo.

Injongo yalo Myalelo kukumisela iikhrayitheriya ekuya kufuneka zisetyenzisiwe ngamasebe karhulumente ekukhetheni nasekusebenziseni isicwangciso-nkqubo esifanelekileyo sokunika ingxelo.

Umhla wokusebenza komyalelo kwiminyaka eqala phambi okanye emva kowoku-01 kuTshazimpuzi 2018.

Indlu yowiso-mthetho ilindele ukwamkela umyalelo okokuqala kwiingxelo zonyaka zemali

zika-2019. Umyalelo awusayi kuba nampembelelo kwiingxelo zonyaka zemali zendlu

yowiso-mthetho.

**IGRAP 105: Ukukhutshelwa kweMisebenzi Phakathi kwamaSebe aphantsi koLawulo oluNye**

Injongo yalo mgangatho kukusekwa kwemithetho-siseko yocwangciso-zincwadi ukulungiselela umbuzi nomkhupheli kukhutshelo lwemisebenzi phakathi kwamasebe aphantsi kolawulo olunye.

Imisebenzi ekhutshelweyo phakathi kwamasebe aphantsi kolawulo olunye kukulungiselelwa ngokutsha kunye/okanye ulwabiwo ngokutsha lwemisebenzi phakathi kwamasebe athi ekugqibeleni alawulwe lisebe elinye phambi nasemva kokhutshelo lwemisebenzi.

Kwimeko apho ukhutshelo lwemisebenzi phakathi kwamasebe aphantsi kolawulo olunye, ii-asethi namatyala kufuneka amkelwe (ngumamkeli) ngesixa-mali esithwelweyo yaye kufuneka singamkelwa (ngumkhupheli) kwizixa-mali zabo ezithwelweyo.

Umahluko phakathi kwesixa-mali esicamngcwayo ukuba sihlawulwe okanye samkelwe, ukuba sikho, nezixa-mali ezithwelweyo zee-asethi namatyala ekufuneka yamkelwe kumncono / (kwintsilelo) eyandisiweyo.

Umhla wokusebenza komgangatho kwiminyaka eqala phambi okanye emva kowoku-01 kuTshazimpuzi 2018.

Indlu yowiso-mthetho ilindele ukwamkela umgangatho okokuqala nje ukuba uqalise

ukusebenza.

Impembelelo yalo mgangatho isavavanywa okwakalokunje.

**IGRAP 106: UkuKhutshelwa kweMisebenzi Phakathi kwamaSebe angekho phantsi koLawulo olunye**

Injongo yalo mgangatho kukusekwa kwemithetho-siseko yocwangciso-zincwadi ukulungiselela umbuzi nomkhupheli kukhutshelo lwemisebenzi phakathi kwamasebe angekho phantsi kolawulo olunye.

Imisebenzi ekhutshelweyo phakathi kwamasebe angekho phantsi kolawulo olunye kukulungiselelwa ngokutsha kunye/okanye ulwabiwo ngokutsha lwemisebenzi phakathi kwamasebe athi ekugqibeleni alawulwe lisebe elinye phambi nasemva kokhutshelo lwemisebenzi.

Kwimeko apho ukhutshelo lwemisebenzi phakathi kwamasebe angekho phantsi kolawulo olunye, ii-asethi namatyala kufuneka amkelwe (ngumamkeli) ngomhla wokwamkelwa komhla wokwamkelwa kwamaxabiso alungileyo.

Umahluko phakathi kwesixa-mali esicamngcwayo ukuba sihlawulwe okanye samkelwe, ukuba sikho, nezixa-mali ezithwelweyo zee-asethi namatyala ekufuneka amkelwe kumncono/ (kwintsilelo) eyandisiweyo.

Ukulungiselela ukhutshelo lwemisebenzi phakathi kwamasebe angekho phantsi kolawulo olunye kukho imithetho-siseko ethile yolwamkelo nemilinganiselo nezinxaxhi kulwamkelo nomlinganiselo.

Umhla wokusebenza komgangatho kwiminyaka eqala phambi okanye emva kowoku-01 kuTshazimpuzi 2019.

Indlu yowiso-mthetho ilindele ukwamkela umgangatho okokuqala nje ukuba uqalise

ukusebenza.

Impembelelo yalo mgangatho isavavanywa okwakalokunje.

**IGRAP 107: Udityaniso lwamasebe**

Injongo yalo mgangatho kukusekwa kwemithetho-siseko yocwangciso-zincwadi elungiselelwe ukudityaniswa kwesebe namasebe ahlanganisiweyo kudityaniso.

Udityaniso lwamasebe kulapho kudalwa khona isebe elihlangeneyo, umfumani unako ukuchongwa yaye amasebe ahlanganisiweyo akanalo naluphi na ulawulo kwisebe elihlanganisiweyo.

Kwimeko yodityaniso lwamasebe, ii-asethi namatyala kufuneka amkelwe (lisebe elihlanganisiweyo) kwizixa-mali zalo ezithwelweyo yaye kufuneka zingamkelwa (ngamasebe ahlanganisiweyo) kwizixa-mali zawo ezithwelweyo.

Umahluko phakathi kwezixa-mali ezithwelweyo zee-asethi namatyala kufuneka wamkelwe kumncono oyintsalela/ (kwintsilelo) eyandisiweyo.

Umhla wokusebenza komgangatho kwiminyaka eqala phambi okanye emva kowoku-01 kuTshazimpuzi 2019.

Indlu yowiso-mthetho ilindele ukwamkela umgangatho okokuqala nje ukuba uqalise ukusebenza.

Akulindelekanga ukuba umgangatho uya kuba negalelo elibonakalayo kwiingxelo zemali zonyaka.

**Imali kunye nemilinganiselo iqulathe: :**

| | | |
|---|---|---|
| Kwimali esesandleni | 5 500 | 5 500 |
| Ibhanki ngoku | 11 388 761 | 11 743 196 |
| I-akhawunti yebhanki yeCandelo leNdlu yoWiso-mthetho | 1 973 442 | 1 857 513 |
| | **13 367 703** | **13 606 209** |

Imilinganiselo yemali ifakwe kumatyala abalaseleyo aphezulu kumaziko ezemali akumgangatho ophezulu. Amava omngcipheko wetyala sisixa-mali esithwelweyo sodidi ngalunye lwemali nemilinganiselo yemali.

**Indlu yowiso-mthetho yephondo ibe nee-akhawunti zebhanki ezilandelayo**

| | 31 eyoKwindla 2018 | 31 eyoKwindla 2017 | 31 eyoKwindla 2016 | 31 eyoKwindla 2018 | 31 eyoKwindla 2017 | 31 eyoKwindla 2016 |
|---|---|---|---|---|---|---|
| I-Akhawunti kwaNedbank - eyeTsheki - 145-204-5283 | 15 688 398 | 12 549 343 | 6 413 615 | 11 388 761 | 11 743 196 | 5 123 062 |
| LSS I-Akhawunti kwaNedbank - eyeTsheki -145-206-9212 | 1 973 442 | 1 857 513 | 1 781 975 | 1 973 442 | 1 857 513 | 1 781 975 |
| **Iyonke** | **17 661 840** | **14 406 856** | **8 195 590** | **13 362 203** | **13 600 709** | **6 905 037** |

**4. Uluhlu lweempahla**

| | | |
|---|---|---|
| Isitora samaqumrhu | 840 715 | 920 415 |
| Ibhowuthiki | 15 400 | 14 954 |
| | **856 115** | **935 369** |

**Uluhlu lweempahla olunikelwe njengokhuselo**
**Akukho luhlu lweempahla olunikelwe njengokhuselo.**

**5. Ezamkelweyo ezivela kwiintengiselwano ezingezozatshintshiselwano**

| | | |
|---|---|---|
| Inkcitho efunyenweyo | 62 400 | 66 349 |

**Ezamkelweyo ezivela kwiintengiselwano ezingelotshintshiselwano ezinikelwe njengokhuselo**

Akukho zifunyenweyo ezivela kwiintengiselwano ezingelotshintshiselwano ezinikelwe njengokhuselo.

**Umgangatho wezifumaneke ngetyala ezamkelweyo kwiintengiso ezingelotshintshiselwano**
Umgangatho wezifumaneke ngetyala ezamkelweyo kwiintengiso ezingelotshintshiselwano ezingekagqithelwa lixesha nezingekafikeleli ekuphelelweni yaye zingatshitshiswanga zinokuvavanywa ngokubhekiselele ekuhlelweni ngabahloli bamaziko ezemali (ukuba bayafumaneka) okanye kwingcaciso yezembali malunga namaqela akhuphisanayo asilelayo ukwenza iintlawulo.

**Ezamkelweyo ezivela kwiintengiselwano ezingelotshintshiselwano zitshitshisiwe**

* Jonga iNqaku 38

| | 2018 | 2017 Kuchaziwe kwakhona* |
|---|---|---|
| **6. Ezamkelweyo ezivela kwiintengiselwano zotshintshiselwano** | 96 774 | 248 573 |
| Inkcitho efunyenweyo | | |
| Ityala labasebenzi | 12 165 | 7 105 |
| Abanye abenze amatyala | 21 974 | 76 490 |
| Ulungiselelo olutshitshisiweyo | (4 800) | (4 800) |
| | **126 113** | **327 368** |
| **Isixa-mali sesambuku sezamkelweyo zotshintshiselwano** | 96 774 | 248 573 |
| Inkcitho efunyenweyo | | |
| Ityala labasebenzi | 12 165 | 7 105 |
| Abanye abenze amatyala | 21 974 | 76 490 |
| | **130 913** | **332 168** |
| **Utshitshiso lwezamkelweyo zotshintshiselwano** | | |
| Inkcitho efunyenweyo | - | - |
| Ityala labasebenzi | - | - |
| Abanye abenze amatyala | (4 800) | (4 800) |
| | **(4 800)** | **(4 800)** |
| **Isixa-mali esiyintsalela sezamkelweyo zotshintshiselwano** | 96 774 | 248 573 |
| Inkcitho efunyenweyo | | |
| Ityala labasebenzi | 12 165 | 7 105 |
| Abanye abenze amatyala | 17 174 | 71 690 |
| | **126 113** | **327 368** |

**Inkcitho efunyenweyo**

| | | |
|---|---|---|
| Disallowance miscellaneous | 96 774 | 118 509 |
| South African Revenue Services tax debt | - | 19 014 |
| | **96 774** | **248 573** |
| **Ityala labasebenzi** | | |
| Intlawulo yomvuzo engaphezulu | - | 3 766 |
| Ityala labasebenzi | 12 165 | 3 339 |
| | **12 165** | **7 105** |
| **Abanye abenze amatyala** | | |
| South African Revenue Services Unemployment INgxowa-mali yeInshorensi: Amalungu neetoliki | - | 43 303 |
| Abasebenzi abasele beyishiyile inkonzo namalungu | 16 998 | 18 219 |
| Ii-akhawunti zeemfono-mfono zabasebenzi abaxhasa amaqela ezopolitiko | - | 1 311 |
| Intlawulo engaphezulu kumnikezeli ngenkonzo | - | 8 681 |
| I-akhawunti yemfono-mfono yomnikezeli ngenkonzo | 176 | 176 |
| | **17 174** | **71 690** |

* Jonga iNqaku 38

| | 2018 | 2017 Kuchaziwe kwakhona* |
|---|---|---|

**Ezamkelweyo ezivela kwiintengiselwano zotshintshiselwano ezinikelwe njengokhuselo**
Akukho zamkelweyo ezivela kwintengiselwano zotshintshiselwano ezinikelwe njengokhuselo.

**Umgangatho wezifumaneke ngetyala ezamkelweyo kwiintengiso ezilutshintshiselwano**
Umgangatho wezifumaneke ngetyala ezamkelweyo kwiintengiso ezingelotshintshiselwano ezingekagqithelwa lixesha nezingekafikeleli ekuphelelweni yaye zingatshitshiswanga zinokuvavanywa ngokubhekiselele ekuhlelweni ngabahloli bamaziko ezemali (ukuba bayafumaneka) okanye kwingcaciso yezembali malunga namaqela akhuphisanayo asilelayo ukwenza iintlawulo.

**6. Ezamkelweyo ezivela kwiintengiselwano zotshintshiselwano (ziyaqhubeka)**

**Ezamkelweyo ezivela kwiintengiselwano zotshintshiselwano ezitshitshisiweyo**
Ukusuka ngowama-31 kweyoKwindla 2018, ezamkelweyo ezivela kwintengiselwano zotshintshiselwano, abanye abenze amatyala, wama-R21 974 (2017: R76 490) zitshitshisiwe yaye zinikezelwe.

Isixa-mali solungiselelo saba ngama-R 4 800 ukusuka ngowama-31 kweyoKwindla 2018 (2017: R 4 800).

**Ulungelelwaniso lwemali esisibonelelo etshitshisiweyo**

| | 2018 | 2017 |
|---|---|---|
| Umncono wokuvula | (4 800) | (8 057) |
| Amatyala angahlawulwanga acinyiwe | - | 3 257 |
| Ulungiselelo olutshitshisiweyo | - | - |
| | **(4 800)** | **(4 800)** |

**7. Iintlawulo zangaphambili**

| | 2018 | 2017 |
|---|---|---|
| Iintlawulo zangaphambili zabasebenzi | 198 485 | 175 443 |
| Iintlawulo zenkcitho zenyanga esemva kokuphela konyaka wengxelo | 155 715 | 171 521 |
| Ezinye iintlawulo zangaphambili | 457 188 | 321 308 |
| | **827 194** | **652 466** |

Iintlawulo zangaphambili zinxulumene nokuhlawula kweebhonasi zeenkonzo kubasebenzi neentlawulo kwangaphambili zokuhamba-hamba nokuhlawula izibonelelo ezithile. Intlawulo yangaphambili emva kwenyanga yokwenza ingxelo ijongene nenkcitho enxulumene nenyanga emva kokuphela wonyaka wemali.

**8. Ezamkelweyo zethuba elide ezivela kwiintengiselwano ezingelotshintshiselwano**

| | 2018 | 2017 |
|---|---|---|
| Inkcitho efunyenweyo | **15 341** | **17 741** |

Ezamkelweyo zethuba elide ezivela kwiintengiselwano ezingelotshintshiselwano zibhekiselele kwezamkelweyo ezinye eziphantsi kwenqaku 5 neziqulathe ityala elinxulumene neengozi ezenzekayo ekufuneka lifunyanwe kwiqela elichaphazelekayo. Isahlulo sethuba elide simiselwa ngokusekelwe kumalungiselelo okuhlawula kwakhona asekiweyo phakathi kwabasebenzi okanye ilungu kunye nendlu yowiso-mthetho.

**Ezamkelweyo ezivela kwiintengiselwano ezingelotshintshiselwano ezinikelwe njengokhuselo:**
Akukho zamkelweyo ezivela kwiintengiselwano ezingelotshintshiselwano ezinikelwe njengokhuselo.

**Umgangatho wezifumaneke ngetyala ezamkelweyo kwiintengiso ezilutshintshiselwano**
Umgangatho wezifumaneke ngetyala ezamkelweyo kwiintengiso ezingelotshintshiselwano ezingekagqithelwa lixesha nezingekafikeleli ekuphelelweni yaye zingatshitshiswanga zinokuvavanywa ngokubhekiselele ekuhlelweni ngabahloli bamaziko ezemali (ukuba bayafumaneka) okanye kwingcaciso yezembali malunga namaqela akhuphisanayo asilelayo ukwenza iintlawulo.

**Ezamkelweyo ezivela kwiintengiselwano ezingezontengiso zotshintshiselwano zitshitshisiwe:**

Ukusuka ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2018, ezamkelweyo ezivela kwiintengiselwano ezingelotshintshiselwano azizange zitshitshiswe (2017: R Nil).

* Jonga iNqaku 38

| | 201 8 | 2017 Restated * |
|---|---|---|
| **9. Ezamkelweyo zethuba elide ezivela kwiintengiselwano zotshintshiselwano** | | |
| Abanye abenze amatyala | 4 880 | 5 794 |
| Ulungiselelo olutshitshisiweyo | (4 880) | (5 794) |
| | - | - |
| **Isixa-mali esipheleleyo sokwamkelweyo ekutshintshiselwene ngazo** | 4 880 | 5 794 |
| Abanye abenze amatyala | | |
| **Ukutshitshiswa kwezifunyenweyo zeentengiso zotshintshiselwano** | (4 880) | (5 794) |
| Abanye abenze amatyala | | |
| **Isixa-mali esiyintsalela sokwamkelweyo kwentengiselwano yotshintshiselwano** | - | - |
| Abanye abenze amatyala | | |
| **Abanye abenze amatyala** | | |
| Amalungu/ abasebenzi abasele beyishiyile inkonzo | - | - |

**Okwamkelweyo kuvela kwiintengiselwano zotshintshiselwano ezinikelwe njengokhuselo**:
Akukho zamkelweyo ezivela kwiintengiselwano zotshintshiselwano ezinikelwe njengokhuselo.

**Umgangatho wezifumaneke ngetyala ezamkelweyo kwiintengiso ezilutshintshiselwano**
Umgangatho wezifumaneke ngetyala ezamkelweyo kwiintengiso ezingelotshintshiselwano ezingekagqithelwa lixesha nezingekafikeleli ekuphelelweni yaye zingatshitshiswanga zinokuvavanywa ngokubhekiselele ekuhlelweni ngabahloli bamaziko ezemali (ukuba bayafumaneka) okanye kwingcaciso yezembali malunga namaqela akhuphisanayo asilelayo ukwenza iintlawulo.

**Ezamkelweyo ezivela kwiintengiselwano zotshintshiselwano ezitshitshisiweyo:**
Ukusuka ngowama-31 kweyoKwindla 2018, ezamkelweyo ezivela kwiintengiselwano zotshintshiselwano zama-R 4 880 (2017: R 5 794) zitshitshisiwe yaye zinikezelwe. Isixa-mali solungelelwaniso yayingama-R 4 880 ukusuka ngowama-31 kweyoKwindla (2017: R 5 794).

| **Ulungelelwaniso lotshitshiso lwezamkelweyo ezivela kwiintengiselwano zotshintshiselwano** | | |
|---|---|---|
| Umncono wokuvula | (5 794) | (6 694) |
| Ulungiselelo olutshitshisiweyo | - | - |
| Iintlawulo ezibuyiselweyo ngenxa yezixa-mali eziqokelelweyo | 914 | 900 |
| Amatyala angahlawulwanga acinyiweyo | - | - |
| | **(4 880)** | **(5 794)** |

Ezamkelweyo zethuba elide ezivela kwiintengiselwano zotshintshiselwano zibhekiselele kwezamkelweyo ezinye eziphantsi kwenqaku 6 neziqulathe ityala labasebenzi namalungu asele

| | 2018 | 2017 Restated* |
|---|---|---|

**10. IPropati, umzi-mveliso nezixhobo**

| | 2018 | | | 2017 | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | Indleko / Uqikelelo lwexabiso | Ukuhla kwexabiso okwandileyo depreciation notshitshiso olwandileyo | Ixabiso elithwelweyo | Indleko / Uqikelelo lwexabiso | Ukuhla kwexabiso okwandileyo notshitshiso olwandileyo | Ixabiso Elithweleyo |
| Ifanitshala nezixhobo zeofisi equipment | 4 459 922 | (2 273 461) | 2 186 461 | 5 244 600 | (2 801 439) | 2 443 161 |
| Abanye oomatshini nezixhobo | 7 691 421 | (2 796 673) | 4 894 748 | 6 886 688 | (2 745 945) | 4 140 743 |
| Izixhobo zekhompyutha | 8 663 183 | (4 180 698) | 4 482 485 | 8 392 839 | (3 619 013) | 4 773 826 |
| Ii-asethi eziqeshwe ngemali - izithuthi | 2 186 961 | (560 092) | 1 626 869 | 2 186 961 | (348 914) | 1 838 047 |
| -ii-asethi eziqeshwe ngemali iiselula | 140 449 | (134 927) | 5 522 | 140 449 | (112 835) | 27 614 |
| **Zizonke** | **23 141 936** | **(9 945 851)** | **13 196 085** | **22 851 537** | **(9 628 146)** | **13 223 391** |

**Ulungelelwaniso lwepropati, umzi-mveliso nezixhobo – 2018**

| | Umncono wokuvula | Izongezelelo | Ezichithiweyo | Ii-asethi ezicinyiweyo | Ii-asethi ezihlileyo amaxabiso azo | Zizonke |
|---|---|---|---|---|---|---|
| Ifanitshala nezixhobo zeofisi | 2 443 161 | 145 844 | (3 955) | (81 798) | (316 791) | 2 186 461 |
| Abanye oomatshini nezixhobo | 4 140 743 | 1 382 888 | (529) | (69 132) | (559 222) | 4 894 748 |
| Izixhobo zekhompyutha | 4 773 826 | 898 080 | (21 789) | (53 435) | (1 114 197) | 4 482 485 |
| Ii-asethi eziqeshwe ngemali – izithuthi | 1 838 047 | - | - | - | (211 178) | 1 626 869 |
| ii-asethi eziqeshwe ngemali- iiselula | 27 614 | - | - | - | (22 092) | 5 522 |
| **Zizonke** | **13 223 391** | **2 426 812** | **(26 273)** | **(204 365)** | **(2 223 480)** | **13 196 085** |

**Ulungelelwaniso lwepropati, umzi-mveliso nezixhobo – 2017**

| | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| Ifanitshala nezixhobo zeofisi | 2 925 228 | 22 486 | (898) | (26 997) | (476 658) | 2 443 161 |
| abanye oomatshini | 4 078 278 | 592 691 | - | (9 853) | (520 373) | 4 140 743 |
| nezixhobo | 3 493 142 | 2 195 458 | (19 735) | (1 639) | (893 400) | 4 773 826 |
| Izixhobo zekhompyutha | 817 284 | 1 248 175 | (80 000) | - | (147 417) | 1 838 047 |
| Ii-asethi eziqeshwe ngemali, – izithuthi | 18 037 | 44 182 | (5 644) | - | (28 961) | 27 614 |
| Ii-asethi eziqeshwe ngemali | **11 331 974** | **4 102 992** | **(106 277)** | **(38 489)** | **(2 066 809)** | **13 223 391** |

**Umncono wokuvula Izongezelelo Ezichithiweyo**
**Ii-asethi ezicinyiweyo Ezihlileyo kumaxabiso Zizonke**

| | 2018 | 2017 Ezichaziweyo kwakhona* |
|---|---|---|
| **Umnikelo njengokhuselo** | | |
| Akukho propati, mzi-mveliso nezixhobo ezinikelwe njengokhuselo. | | |
| Ii-asethi ezixhomekeke kwingqeshiso yemali | | |
| Ii-asethi eziqeshwe ngemali - izithuthi | 1 626 869 | 1 838 047 |
| Ii-asethi eziqeshwe ngemali - iiselula | 5 522 | 27 614 |
| | **1 632 391** | **1 865 661** |

* Jonga iNqaku 38

**Inkcitho eyenziweyo ukulungisa nokulondolozwa kwepropati, umzi-mveliso nezixhobo.**

**Inkcitho eyenziweyo ukulungisa nokulondoloza ipropati, umzi-mveliso nezixhobo ezibandakanyiweyo kwiNgxelo yokuSebenza kweMali**

| | | |
|---|---|---|
| Iinkcitho jikelele – Inkonzo yemvumelwano yengqesho | 150 581 | 106 565 |

Izixhobo zekhompyutha R 30 470 (2017: R 15 513), Ifanitshala nezixhobo zeofisi R 5 010 (2017: R 20 966) kunye nezinye izixhobo
R 115 101 (2017: R 70 086).

Ukulungiswa nokulondolozwa kwepropati, umzi-mveliso nezixhobo kwenziwe ngolu hlobo lulandelayo ngokwala macandelo, ethe yakho ilolu hlobo ngokwamanqanaba, iZixhobo zekhompyutha R 15 513 (2016: R 60 769), iFanitshala nezixhobo zeofisi R 20 966 (2016: R 20 806) nezinye iimatshini kunye nezixhobot R 70 086 (2016: R 56 887).

**Ulungiselelo ngethuba lenguqu**

**IPropati, umzi-mveliso nezixhobo**

Indlu yowiso-mthetho ikugqibile ukwenza iprojekti yomlinganiselo wee-asethi ezibambekayo kwakulo nyaka-mali umiyo. Ii-asethi ezibambekayo ngoko ke ziqikelelwa ixabiso lazo ngokuhambelana neGRAP 17 yaye zithwelwe ngeendleko kuthatyathwe ukuhla kwamaxabiso okwandileyo neelahleko zotshitshiso.

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| Iinkqubo zekhompyutha | 198 922 | 2 293 528 | - | (374 033) | 2 118 417 |

**Umnikelo njengokhuselo**
**Akubangakho zi-asethi zingabambekiyo**

**ezinikelwe njengokhuselo**

**Enye ingcaciso**

Ngalo nyaka-mali umiyo ii-asethi ezingabambekiyo eziye zaphelelwa zinendleko yama-R 423 075 nocutho-tyala olwandileyo lwama-R 423 075 luye lwasuswa kwirejista yee-asethi.

**Ulungiselelo**

**ngexesha leenguqu**

**Ii-asethi**

**ezingabambekiyo**

Indlu yowiso-mthetho ikugqibile ukwenza iprojektiyomlinganiselo wee-asethi ezingabambekiyo kwakulo nyaka-mali umiyo. Ii-asethi ezingabambekiyo ngoko ke ziqikelelwa ixabiso lazo ngokuhambelana neGRAP 31 yaye zithwelwe ngeendleko kuthatyathwe ucutho-tyala okwandileyo neelahleko zotshitshiso.

* Jonga iNqaku 38

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| nezihombiso | 4 489 095 | - | - | - | 4 489 095 |

**Umnikelo njengokhuselo**

Akubangakho zi-asethi zinikelwe njengokhuselo.

**Ulungelelwaniso ngethuba leenguqu**

**Ii-asethi zemveli elilifa ezamkelwe kwizixa-mali zolungiselelo lwethutyana**
Indlu yowiso-mthetho ikugqibile ukwenza iprojektiyomlinganiselo wee-asethi zeMveli elilifa kwakulo nyaka-mali umiyo. Ii-asethi zemveli elilifa ngoko ke ziqikelelwa ixabiso lazo ngokuhambelana neGRAP 103 yaye zithwelwe ngeendleko kuthatyathwe ucutho-tyala okwandileyo neelahleko zotshitshiso.

**13. Iintlawulo ezivela kwiintengiselwano zotshintshiselwano**

| | | |
|---|---|---|
| **zotshintshiselwano** | - | 952 168 |
| Iintlawulo ezizezinye | | |
| Izongezelelo | 1 249 397 | 674 082 |
| | 1 249 397 | 1 626 249 |
| **Iintlawulo ezizezinye** | | |
| Ezamkelweyo ezingabelwanga | - | 952 168 |

**14. Iingxowa-mali ezivotelweyo emazinikezelwe**

| | | |
|---|---|---|
| **Iingxowa-mali ezivotelweyo emazinikezelwe kwiNgxowa-mali yeNgeniso:** | | |
| Ukhutshelo oluvela kwingxelo yokusebenza kwemali | 3 683 291 | 2 491 870 |
| **Intshukumo apha enyakeni** | | |
| Umncono ekuqaleni konyaka | 2 491 870 | 1 575 754 |
| Ukhutshelo oluvela kwingxelo yokusebenza kwemali | 3 683 291 | 2 491 870 |
